# UPhuhliso loQoqosho noKhenketho

IPhondo leNtshona Koloni

IsiCwangciso sokuHamba koMsebenzi soNyaka 2018/19

## INTSHAYELELO

Kulo nyaka udlulileyo sibone ukukhula okugqithisileyo kuqoqosho lwehlabathi – ubungqina bokubuya okubalulekileyo kulandela iminyaka yezinto ezinobunzima. Nangona kunjalo, ekhaya, ukungazinzi komgaqo-nkqubo, umlinganiselo kwehliselwa ndawonye nomlinganiselo wotshintsho oluguquguqukayo zither zathatha indawo kuqoqosho loMzantsi Afrika nakwintembeko yezoshishino. Ngexa iNtshona Koloni ikwazile ukuzilungiselela ezinye zezi meko, ukubona ukukhulu okudlungileyo nentembeko engcono kwezoshishino, sithe sajamelana nezethu iinzima. Enkqenkqeza phambili kwezi yimbalela emandundu

Ngowama-2017, sithe saqalisa iProjekthi yeGood Hope, iphulo lokuxela ibali leNtshona Koloni ukukhuthaza intembeko, nokutsala amanqanaba aphezulu ophando kummandla wethu.

Enye yezona easethi zethu ezinkulu kweli phondo ngabasebenzi bethu kunye neProjekthi Khulisa ejolise ekukhuliseni aba abasebenzi kwiindawo zokhenketho, ekulungiseni ezolimo neoyile kunye negesi.

Ukhenketho oluqeshe ngaphezu kwama-200 000 abantu linethuba elihle lokudala eminye imisebenzi engaphaya kodwa okwakaloku nje icandelo liyayiva intlungu yembalela. Kwangokufanayo ulungiso lwezolimo nalo luthe lachatshazelwa kukunqongophala kweenveliso zezolimo ezikrwada ngenxa yesivuno esehlileyo. Nakuba eli ilixesha elinzima kuwo omabini la mashishini, akwanethuba elihle kakhulu kushishino lokuhlola oko bakunikezayo okwangoku nokuphuhlisa iindlela ezingcono ezingezozokulwa nalo mbhodamo wangoku, kodwa ukuzilungiselela Ikamva elisebenzayo nelinoxanduva. Ndingathanda ukuqhwabela izandla loo mashishini asele ethathe amanyathelo okukhusela ikamva lawo lokusebenza.

Thina njengorhulumente wephondo sisebenze namaqabane ethu ukudala isimo apho ezokhenkethi zakuthi zigqame. INkqubo yethu yoFikelelo loMoya (Air Access Programme) iyaqhuba ukukhulisa inani lemigaqo ethe ngqo ukungena nokuphuma kwiSikhululo seNqwelomoya saseKapa. Kulo nyaka, songeze iimdlela ezingundoqo phakathi kwamaqoqosho aseAfrika abalulekileyo afana neAngola kunye neKenya. ICape Town Convention Centre ithe yavula isakhiwo sayo esandisiweyo nesikwaziyo kungokunje ukuthatha iinkomfa ezinkulu nangakumbi okanye isingathe imicimbi emininzi ngaxeshanye.

Icandelo leoyile negesi, lelinye leenkqubo zethu zeProjekthi yeKhulisa, isaqhuna nokuba lugxininixo. Nanjengoko ixabiso leoyile liphucuka, siyaqhuba nokusebenzela ukumisa iziko lokuvelisa ioyile negesi eSaldanha Bay, iprojekthi eyakuthi ikhulise amathuba kumashishini asemancinci, nokukhula kwengqesho kwishishini.

INtshona Koloni ngummandla onqatyelwe ngamanzi yaye ukutshintsha kwemozulu kunefuthe ekubeni izinto sizenza kanjani, yaye sizakuqhuba njani ukuzenza kwixa elizayo. Oku kudala isikhewu sokukhulisa uqoqosho lwethu ololuhlaza nanjengoko siqhuba nokugxininisa ekuzinziseni iimveliso ezibalulekileyo ezifana namanzi anmandla. Oku kudala isikhewu sokukhulisa uqoqosho lwethu ololuhlaza nanjengoko siqhuba nokugxininisa ekuzinziseni iimveliso ezibalulekileyo ezifana namanzi anmandla.

Nanjengoko singena kwiNguquko yoShishino lwesiNe (Fourt Industrial Revolution), ufikelelo lwamandla lubaluleke kakhulu. Ezinye iimpawu zenguquko yoshishino lwesine ziquka ukuzenzekela kunye nokuphuculwa kwedijithali. Ukuze obu buchwepheshe buphazamisekileyo ukuze bubeyinyani eNtshona Koloni, sizakudinga abasebenzi abanezakhono kunye nofikelelo kwi-intanethi yesantya esiphezulu. Kungoko uRhulemente weNtshona Koloni ethe wazibophelela ekufakeni i-intanethi yesantya esiphezulu nefikelelekayo kwiphondo. Ukuza kuthi ga ngoku sinikeze ngeehotspots ezili-178 zeehotspot zethu ezingama-384 ezicwangcisiweyo yaye sisebenzela ukukhupha iihotspot ezishiyekileyo kunyaka ozayo, yaye ukunyusa isantya sokuhamba njengenxenye yesigaba sesibini seprojekthi. Okwakaloku nje iBandwidth Barn eKhayelitsha izakuqhubeka nokudlala indima ebalulekileyo ekuxhobiseni abantu kwezemisebenzi kushishino lweICT.'

Uqeqesho noMtshintshi woMdlalo wethu onesakhono ugxile ekwandiseni abasebenzi bephondo abanesakhono ngenkqubo yokufunda umsebenzi nenika uqeqesho ngexa usemsebenzini kuzo zonke iinkalo zoqoqosho lwethu.

Kulo nyaka, sizakwenza kubelula kwezoshishino ukuthatha inkqubo yokufunda ngomsebenzi ngokunika uncedo oluthatha uqashiso lomsebenzi nokuba wenziwa njani, nangokuqhagamshelanisa iinkampani neekholeji kunye neeSETA.

Usemninzi umsebenzi okufanele wenziwe kuqoqosho lwethu, kodwa abasebenzi bethu abazinikeleyo, amaqabane kunye nenkxaso yezoshishino nabatyali, singokha uqoqosho olungcono sikunye.



**Mnu. Alan Winde**
**UMphathiswa waMathuba oQoqosho**

## USAYINO OLUSEMTHETHWENI

Kugunyaziswe ngokusemthethweni ukuba esi siCwangciso sokuSebenza soNyaka:

- Saphuhliswa ngabalawuli beSebe loPhuhliso loQoqosho noKhenketho phantsi kwesikhokelo soMphathiswa uAlana Winde
- Salungiselelwa ngokuhambelana nesiCwangciso sobuChule seSebe loPhuhliso loQoqosho kunye noKhenketho..
- Sibonakalisa ngokuchanekileyo izijoliso zendlela yokusebenza elithi iSebe loPhuhliso loQoqosho kunye noKhenketho eliyakuthi lizame ukuzifezekisa ngokufumaneka kwezixhobo eziluncedo kuhlahlo-lwabiwo-mali lowama- 2018/19.

**Mymoena Abrahams**
IGosa lezeMali eliyiNtloko

Usayino: 

**Jo-Ann Johnston**
IGosa elinoXanduva lokuCwangcisa

Usayino: 

**Solly Fourie**
Igosa loCwangciso-mali

Usayino: 

**Alan Winde**
IGunya loLawulo eliyiNtloko

Usayino: 

## CONTENTS


**PART A: STRATEGIC OVERVIEW** ....10
**ISIGABA A: ISISHWANKATHELO SESICWANGCISO SOBUCHULE** ....10
**1. UMBONO** ....10
**2. UMNQOPHISO** ....10
**3. IINQOBO** ....10
**4. UWISO-MTHETHO NEZINYE IZIGUNYAZISO** ....10
4.1 ISIGUNYAZISO SOMGAQO-SISEKO ....10
4.2 ISIGUNYAZISO SOWISO-MTHETHO (ngokokulandelelana kwealfabhethi) ....11
4.3 IZIGUNYAZISO ZOMGAQO-NKQUBO ....12
4.4 IZIGWEBO ZENKUNDLA EZIFANELEKILEYO ....13
4.5 AMAPHULO OMGAQO-NKQUBO ACWANGCISIWEYO ....13
**5. UHLALUTYO LWESIMO OLUHLAZIYIWEYO** ....16
5.1 ISIMO SOBUME SOKUPHUMELELISA INDLELA YOKUSEBENZA ....16
5.2 ISIMO SEMEKO YEZOMBUTHO ....20
5.3 INKCAZELO YENKQUBO YESICWANGCISO BUCHULE ....24
**6. ISIPHUMO SESICWANGCISO BUCHULE ESIJONGISE KWINJONGO YEZIKO** ....24
**ISISHWANKATHELO SOHLAHLO-MALI SOWAMA-2018/19 NOQIKELELO LWEMTEF** ....24

**ISIGABA B: Iinjongo zesiCwangciso sobuchule.** ....29
**7. INKQUBO 1: ULAWULO** ....30
**7.1 Injongo** ....30
**7.2 Ulwakhiwo lwenkqubo** ....30
**7.3 Inkqubo enganeno 1.2: ULawulo lwezeMali** ....30
7.3.1 Isimo soBume sokuPhumelelisa iNdlela yokuSebenza ....30
7.3.2 Iinjongo zesiCwangciso soBuchule ....31
7.3.3 Izijoliso zenjongo yesicwangciso buchule sonyaka wama-2018/19 ....33
7.3.4 Izijoliso zenjongo yesicwangciso buchule sonyaka wama-2018/19 ....33
7.3.5 Iithagethi zekota yowama-2018/19 ....34
7.3.6 Ulawulo loMngcipheko ....34
**7.4 Inkqubo enganeno 1.3: Iinkonzo zeQumrhu** ....35
**7.4.1 Iinkonzo zoNxibelelwano lweSebe** ....35
7.4.1.1 Iinjongo zesiCwangciso sobuchule ....35
7.4.1.2 Izijoliso zenjongo yesicwangciso buchule sonyaka wama-2018/19 ....36
7.4.1.3 Izijoliso zenjongo yesicwangciso buchule sonyaka wama-2018/19 ....36
7.4.1.4 Iithagethi zekota yowama-2018/19 ....36
7.4.1.5 Ulawulo loMngcipheko ....36
**7.4.2 UkuQwalaselwa nokuHlolwa koMsebenzi weSebe** ....37
7.4.2.1 Iinjongo zesiCwangciso sobuchule ....37
7.4.2.2 Izijoliso zenjongo yesicwangciso buchule sonyaka wama-2018/19 ....37
7.4.2.3 Icebo lokuPhumeza ....37
7.4.2.4 Izijoliso zenjongo yesicwangciso buchule sonyaka wama-2018/19 ....39
7.4.2.5 Iithagethi zekota yowama-2018/19 ....39
7.4.2.6 Ulawulo loMngcipheko ....40
**7.4.3 Inkqubo enganeno 5.3: ULawulo loLwazi** ....40
7.4.3.1 Iinjongo zesiCwangciso sobuchule ....40
7.4.3.2 Icebo lokuPhumeza ....40
7.4.3.3 Izijoliso zenjongo yesicwangciso buchule sonyaka wama-2018/19 ....41
7.4.3.4 Izijoliso zenjongo yesicwangciso buchule sonyaka wama-2018/19 ....41
7.4.3.5 Iithagethi zekota yowama-2018/19 ....42
7.4.3.6 Ulawulo loMngcipheko ....42

**7.5 Ukuhlanganiswa kweethagethi zendlela ekuqhutywe ngayo noHlahlo-mali kunye neMTEF ....................43**
**7.5.1 Uqikelelo lweNkcitho-mali ....................43**

**8. INKQUBO 2: IINKONZO ZOPHUHLISO LOQOQOSHO EZIHLANGANISIWEYO ....................45**
**8.1 Injongo ....................45**
**8.2 Ulwakhiwo lwenkqubo ....................45**
**8.3 Isimo soBume sokuPhumelelisa iNdlela yokuSebenza ....................45**
**8.4 Inkqubo enganeno 2.1: Uphuhliso loShishino....................50**
8.4.1 Iinjongo zesiCwangciso soBuchule....................50
8.4.2 Izijoliso zenjongo yesicwangciso buchule sonyaka wama-2018/19....................50
8.4.3 Izijoliso zenjongo yesicwangciso buchule sonyaka wama-2018/19....................50
8.4.4 Iithagethi zekota yowama-2018/19....................51
8.4.5 Ulawulo loMngcipheko ....................51
**8.5 Inkqubo enganeno 2.2: UPhuhliso loQoqosho lweNgingqi noMmandla ....................51**
8.5.1 Iinjongo zesiCwangciso sobuchule ....................51
8.5.2 Izijoliso zenjongo yesicwangciso buchule sonyaka wama-2018/19....................52
8.5.3 Izijoliso zenjongo yesicwangciso buchule sonyaka wama-2018/19 ....................52
8.5.4 Iithagethi zekota yowama-2018/19....................52
8.5.5 Ulawulo loMngcipheko ....................53
**8.6 Inkqubo enganeno 2.4: Ukuncitshiswa kweMiqobo ....................53**
8.6.1 Iinjongo zesiCwangciso sobuchule ....................53
8.6.2 Izijoliso zenjongo yesicwangciso buchule sonyaka wama-2018/19....................54
8.6.3 Izijoliso zenjongo yesicwangciso buchule sonyaka wama-2018/19....................54
8.6.4 Iithagethi zekota yowama-2018/19 ....................54
8.6.5 Ulawulo loMngcipheko ....................56
**8.7 Ukuhlanganiswa kweethagethi zendlela ekuqhutywe ngayo noHlahlo-mali kunye neMTEF ........56**
8.7.1 Uqikelelo lweNkcitho-mali ....................56
**9. INKQUBO 3: UPHUHLISO LWECANDELO NORHWEBO ....................58**
**9.1. Injongo....................58**
**9.2 Ulwakhiwo lwenkqubo ....................58**
**9.3 Inkqubo enganeno 3.1: Inkuthazo yoRhwebo noTyalo....................58**
9.3.1 Isimo soBume sokuPhumelelisa iNdlela yokuSebenza ....................58
9.3.2 Injongo yesiCwangciso soBuchule....................59
9.3.3 Izijoliso zenjongo yesicwangciso buchule sonyaka wama-2018/19....................59
9.3.4 Izijoliso zenjongo yesicwangciso buchule sonyaka wama-2018/19....................59
9.3.5 Iithagethi zekota yowama-2018/19....................60
9.3.6 Ulawulo loMngcipheko....................60
**9.4 Inkqubo enganeno 3.2: UPhuhliso lweCandelo ....................60**
9.4.1 Isimo soBume sokuPhumelelisa iNdlela yokuSebenza ....................60
9.4.2 Iinjongo zesiCwangciso sobuchule ....................61
9.4.3 Izijoliso zenjongo yesicwangciso buchule sonyaka wama-2018/19....................64
9.4.4 Izijoliso zenjongo yesicwangciso buchule sonyaka wama-2018/19....................65
9.4.5 Iithagethi zekota yowama-2018/19....................65
9.4.6 Ulawulo loMngcipheko ....................65
**9.5 Ukuhlanganiswa kweethagethi zendlela ekuqhutywe ngayo noHlahlo-mali kunye neMTEF ........66**
**9.5.1 Uqikelelo lweNkcitho-mali ....................66**
**10. INKQUBO 4: IMIMISELO YESHISHINI NOLAWULO ....................68**
**10.1 Injongo....................68**
**10.2 Ulwakhiwo lwenkqubo ....................68**
**10.3 Inkqubo enganeno: Ukhuseleko loMthengi....................68**
10.3.1 Isimo soBume sokuPhumelelisa iNdlela yokuSebenza ....................68
10.3.2 Iinjongo zesiCwangciso sobuchule ....................69
10.3.3 Izijoliso zenjongo yesicwangciso buchule sonyaka wama-2018/19 ....................69
10.3.4 Icebo lokuPhumeza....................70
10.3.5 Izijoliso zenjongo yesicwangciso buchule sonyaka wama-2018/19....................73
10.3.6 Iithagethi zekota yowama-2018/19....................74
10.3.7 Ulawulo loMngcipheko ....................75

**10.4 Ukuhlanganiswa kweethagethi zendlela ekuqhutywe ngayo noHlahlo-mali kunye neMTEF ........76**
10.4.1 Uqikelelo lweNkcitho-mali ........76
**11. INKQUBO 5: UCWANGCISO LOQOQOSHO ........78**
**11.1 Injongo........78**
**11.2 Ulwakhiwo lwenkqubo:........78**
**11.3 Inkqubo enganeno 5.1: Umgaqo-nkqubo noCwangciso ........79**
11.3.1 Isimo soBume sokuPhumelelisa iNdlela yokuSebenza........79
11.3.2 Iinjongo zesiCwangciso sobuchule ........80
11.3.3 Icebo lokuPhumeza ........80
11.3.4 Izijoliso zenjongo yesicwangciso buchule sonyaka wama-2018/19........81
11.3.5 Izijoliso zenjongo yesicwangciso buchule sonyaka wama-2018/19........81
11.3.6 Iithagethi zekota yowama-2018/19........82
11.3.7 Ulawulo loMngcipheko ........82
**11.4 Inkqubo enganeno 5.2: UPhando kunye noPhuhliso........82**
11.4.1 Isimo soBume sokuPhumelelisa iNdlela yokuSebenza ........82
11.4.2 Iinjongo zesiCwangciso sobuchule ........82
11.4.3 Icebo lokuPhumeza........83
11.4.4 Izijoliso zenjongo yesicwangciso buchule sonyaka wama-2018/19........83
11.4.5 Izijoliso zenjongo yesicwangciso buchule sonyaka wama-2018/19........83
11.4.6 Iithagethi zekota yowama-2018/19........83
11.4.7 Ulawulo loMngcipheko ........83
**11.5 Inkqubo enganeno 5.3: ULawulo loLwazi........83**
11.5.1 Isimo soBume sokuPhumelelisa iNdlela yokuSebenza ........83
11.5.2 Iinjongo zesiCwangciso sobuchule ........85
11.5.3 Icebo lokuPhumeza........85
11.5.4 Izijoliso zenjongo yesicwangciso buchule sonyaka wama-2018/19........85
11.5.5 Izijoliso zenjongo yesicwangciso buchule sonyaka wama-2018/19........85
11.5.6 Iithagethi zekota yowama-2018/19........86
11.5.7 Ulawulo loMngcipheko ........86
**11.6 Inkqubo enganeno 5.4: UQwalaselo noHlolo ........86**
**11.7 Inkqubo enganeno 5.5: Ukuvumela uHlumo lwaMaziko akhoyo kunye naMaphulo ........86**
11.7.1 Isimo soBume sokuPhumelelisa iNdlela yokuSebenza ........86
11.7.2 Iinjongo zesiCwangciso sobuchule ........87
11.7.3 Icebo lokuPhumeza........87
11.7.4 Iinjongo zesiCwangciso sobuchule sonyaka wama-2018/19........88
11.7.5 Izijoliso zenjongo yesicwangciso buchule sonyaka wama-2018/19........88
11.7.6 Iithagethi zekota yowama-2018/19........89
11.7.7 Ulawulo loMngcipheko ........89
**11.8 Inkqubo enganeno 5.6: IBroadband yoQoqosho........89**
11.8.1 Isimo soBume sokuPhumelelisa iNdlela yokuSebenza ........89
11.8.2 Iinjongo zesiCwangciso sobuchule ........90
11.8.3 Icebo lokuPhumeza........90
11.8.4 Iinjongo zesiCwangciso sobuchule sowama-2018/19 ........91
11.8.5 Izijoliso zenjongo yesicwangciso buchule sonyaka wama-2018/19........91
11.8.6 Iithagethi zekota yowama-2018/19........92
11.8.7 Ulawulo loMngcipheko ........92
**11.9 Inkqubo enganeno 5.7: UQoqosho oluluHlaza ........92**
11.9.1 Isimo soBume sokuPhumelelisa iNdlela yokuSebenza ........92
11.9.2 Iinjongo zesiCwangciso sobuchule ........93
11.9.3 Icebo lokuPhumeza ........93
11.9.4 Iinjongo zesiCwangciso sobuchule sonyaka wama- 2018/19........94
11.9.5 Izijoliso zenjongo yesicwangciso buchule sonyaka wama-2018/19........95
11.9.6 Iithagethi zekota yowama-2018/19........95
11.9.7 Ulawulo loMngcipheko........95
**11.10 Ukuhlanganiswa kweethagethi zendlela ekuqhutywe ngayo noHlahlo-mali kunye neMTEF ........96**
11.10.1 Uqikelelo lweNkcitho-mali ........96

**12. INKQUBO 6: ISEBE LOPHUHLISO LOQOQOSHO NOKHENKETHO....98**
**12.1 Injongo....98**
**12.2 Ulwakhiwo lwenkqubo....98**
**12.3 Inkqubo enganeno 6.1: UCwangciso loQoqosho....99**
12.3.1 Isimo soBume sokuPhumelelisa iNdlela yokuSebenza....99
12.3.2 Iinjongo zesiCwangciso sobuchule....100
12.3.3 Izijoliso zenjongo yesicwangciso buchule sonyaka wama-2018/19....100
12.3.4 Icebo lokuPhumeza....100
12.3.5 Izijoliso zenjongo yesicwangciso buchule sonyaka wama-2018/19....100
12.3.6 Iithagethi zekota yowama-2018/19....100
12.3.7 Ulawulo loMngcipheko....101
**12.4 Inkqubo enganeno 6.2: UHlumo loQoqosho noPhuhliso....101**
12.4.1 Isimo soBume sokuPhumelelisa iNdlela yokuSebenza....101
12.4.2 Iinjongo zesiCwangciso sobuchule....101
12.4.3 Izijoliso zenjongo yesicwangciso buchule sonyaka wama-2018/19....101
12.4.4 Icebo lokuPhumeza....102
12.4.5 Izijoliso zenjongo yesicwangciso buchule sonyaka wama-2018/19....102
12.4.6 Iithagethi zekota yowama-2018/19....103
12.4.7 Ulawulo loMngcipheko....103
**12.5 Inkqubo enganeno 6.3: Iinguqu kwiCandelo loKhenketho....103**
12.5.1 Isimo soBume sokuPhumelelisa iNdlela yokuSebenza....103
12.5.2 Iinjongo zesiCwangciso sobuchule....104
12.5.3 Icebo lokuPhumeza....104
12.5.4 Izijoliso zenjongo yesicwangciso buchule sonyaka wama-2018/19....104
12.5.5 Iithagethi zekota yowama-2018/19....105
12.5.6 Ulawulo loMngcipheko....105
**12.6 Inkqubo enganeno 6.4: INtengiso yeNdawo yoKhenketho....105**
12.6.1 Isimo soBume sokuPhumelelisa iNdlela yokuSebenza....105
12.6.2 Iinjongo zesiCwangciso sobuchule....105
12.6.3 Izijoliso zenjongo yesicwangciso buchule sonyaka wama-2018/19....106
12.6.4 Icebo lokuPhumeza....106
12.6.5 Izijoliso zenjongo yesicwangciso buchule sonyaka wama-2018/19....107
12.6.6 Iithagethi zekota zekota yowama-2018/19....107
12.6.7 Ulawulo loMngcipheko....107
**12.7 Ukuhlanganiswa kweethagethi zendlela ekuqhutywe ngayo noHlahlo-mali kunye neMTEF....108**
12.7.1 Uqikelelo lweNkcitho-mali....108
**13. INKQUBO 7: UPHUHLISO LWEZAKHONO NEZINTO EZINTSHA....109**
**13.1 Injongo....109**
**13.2 Ulwakhiwo lwenkqubo....109**
**13.3 Isimo soBume sokuPhumelelisa iNdlela yokuSebenza....109**
**13.4 Inkqubo enganeno 7.1: Izakhono neNtsebenziswano yePhondo....110**
13.4.1 Isimo soBume sokuPhumelelisa iNdlela yokuSebenza....110
13.4.2 Iinjongo zesiCwangciso sobuchule....111
13.4.3 Izijoliso zenjongo yesicwangciso buchule sonyaka wama-2018/19....112
13.4.4 Icebo lokuPhumeza....112
13.4.5 Izijoliso zenjongo yesicwangciso buchule sonyaka wama-2018/19....113
13.4.6 Iithagethi zekota yowama-2018/19....114
13.4.7 Ulawulo loMngcipheko....114
**13.5. Inkqubo enganeno 7.2: Iinkqubo zeZakhono neeProjekthi....114**
13.5.1 Isimo soBume sokuPhumelelisa iNdlela yokuSebenza....114
13.5.2 Izijoliso zenjongo yesicwangciso buchule sonyaka wama-2018/19....115
13.5.3 Izijoliso zenjongo yesicwangciso buchule sonyaka wama-2018/19....115
13.5.4 Icebo lokuPhumeza....115
13.5.5 Izijoliso zenjongo yesicwangciso buchule sonyaka wama-2018/19....117
13.5.6 Iithagethi zekota yowama-2018/19....117
13.5.7 Ulawulo loMngcipheko....118

**13.6 Inkqubo enganeno 7.3: Izibonelelo zeZakhono ....119**
13.6.1 Isimo soBume sokuPhumelelisa iNdlela yokuSebenza ....119
13.6.2 Iinjongo zesiCwangciso sobuchule ....119
13.6.3 Izijoliso zenjongo yesicwangciso buchule sonyaka wama-2018/19 ....119
13.6.4 Icebo lokuPhumeza ....119
13.6.5 Izijoliso zenjongo yesicwangciso buchule sonyaka wama-2018/19....120
13.6.6 Iithagethi zekota yowama-2018/19....120
13.6.7 Ulawulo loMngcipheko ....120
**13.7. Ukuhlanganiswa kweethagethi zendlela ekuqhutywe ngayo noHlahlo-mali kunye neMTEF ....121**
13.7.1 Uqikelelo lweNkcitho-mali ....121
**ISIGABA C: AMAKHONKCO NEZINYE IZICWANGCISO ....122**
**14. Amakhonkco ezibonelelo zexesha elide kunye nezinye izicwangciso izesemqoka ....122**
**15. Iminikelo enemiqathango....122**
**16. Amaqumrhu kaRhulumente....122**
16.1 Intengiso yoRhwebo lweNdawo yokuFikela eNtshona Koloni, i-Arhente yokuKhuthaza uRhwebo noTyalo-mali (The Western Cape Destination Marketing, Investment and Trade Promotion Agency) (WESGRO) ....122
16.2 INkampani yeLayisenisi yeIDZ yaseSaldanah Bay (SBIDZ LiCo) ....122
**17. INtsebenziswano yoLuntu nabaBucala....122**

**ISIHLOMELO D: UTSHINTSHO PHAKATHI KWESICWANGCISO SOBUCHULE SOWAMA-2015 – 2020 KUNYE NE-APP** 18/19 ....123

## ISIGABA A: ISISHWANKATHELO SESICWANGCISO BUCHULE

### 1. UMBONO

Umbono weSebe yiNtshona Koloni enoqoqosho oludlamkileyo, olunenguqu noluzinzileyo olurhangqwe kukukhula kokulingana ngokobulungisa kwezomsebenzi, nolwakhiwe ngokwendlela efaneleke kuye wonke ubani.

### 2. UMNQOPHISO

Ukuzuza inkcazelo yombono njengoko kuqatshuliwe ngasentla, iSebe loPhuhliso loQoqosho noKhenketho liza kunikeza ubunkokheli kuqoqosho lweNtshona Koloni ngokuqonda kweSebe uqoqosho, ukubanako kwalo ukuchonga amathuba qoqosho anokubakhona negalelo lalo kwizinto eziphambili zoqoqosho lukarhulumente.

ISebe lakuthi lenze njengomlungelelanisi wenguqu yoqoqosho yaye lisabele kwimiceli-mngeni namathuba oqoqosho lwabemi balo ukuze lixhase injongo karhulumente yokudala amathuba kwezoshishino kunye nokuba abemi bakhulise uqoqosho nengqesho.

Okokugqibela, lakuthi libenegalelo kunikezelo oluqikelelekayo, olunokhuphiswano, olunobulungiswa nolunoxanduva kubume bemeko yotyalo-mali, ushishino norhwebo.

### 3. IINQOBO

Ezona nqobo ezingundoqo ezikhuthazwa liSebe zezi:

| | |
|---|---|
| **Inkathalo** | Ukuba nenkathalo kwabo sibanika iinkonzo kunye nabo sisebenza nabo |
| **Ukumelana nokhuphiswano** | Ukuba nezakhono ezifanelekileyo ekwenzeni umsebenzi |
| **Uxanduva** | Sithatha uxanduva |
| **Ubulungisa** | Intembeko nokwenza okulungileyo |
| **Ukuveliswa kwezinto ezintsha** | Ubuchule bengqiqo yokuveliswa kwezinto ezintsha noncedo olufanelekileyo |
| **Ukuphendula ngokweemfuno** | Unika iinkonzo kubasebenzi nakubemi bethu |

### 4. UWISO-MTHETHO NEZINYE IZIGUNYAZISO

Umsebenzi weSebe ukumxholo wentlaninge yezenzo nemigaqo-nkqubo kazwelonke nephondo, eyona ibalulekileyo iyile ilandelayo:

#### 4.1 ISIGUNYAZISO SOMGAQO-SISEKO

***Umgaqo-siseko weRiphabhiki yoMzantsi Afrika, 1996***

Ishedyuli yesi-4 neyesi-5 yoMgaqo-siseko woMzantsi Afrika idandalazisa ukuba amagunya okhuphiswano owiso-mthetho kazwelonke nawephondo njengoko kufanelekile kuPhuhliso loQoqosho yile:

- Inkuthazo yoShishino
- Ukhenketho
- Urhwebo

Ishedyuli 4A yoMgaqo-siseko ibeka uKhenketho njengomba ovumela igunya lokhuphiswano lukazwelonke nolwephondo. Icandelo 4B loMgaqo-siseko libonisa ukhenketho lwengingqi njengommandla karhulumente wengingqi osebenzayo ukuya kuma kwindlela echaziweyo kumacandeli 155(5) nelesi-7 oMgaqo-siseko.

***Umgaqo-siseko weNtshona Koloni, 1998 (Umthetho 1 we-1998)***

UMgaqo-siseko weNtshona Koloni uchaza ukuba urhulumente weNtshona Koloni kufuneka amkele yaye aphumeze imigaqo-nkqubo ukukhuthaza ngokusebenzayo nokugcina intlalo yabantu beNtshona Koloni kuquka (phakathi kwezinye izinto) amathuba okudala imisebenzi nokukhuthaza uqoqosho olusekelwe kwintengiso (Isahluko 10, iCandelo 81).

**4.2 ISIGUNYAZISO SOWISO-MTHETHO (ngendlela yokulandelelana ngokwealfabhethi)**

***2 UMthetho oXhobisa ngeZakhono zoQoqosho oluSekelwe kuBantu abaMnyama ngobuBanzi (BBBEE) 2003 (Umthetho 53 wama-2004)***

I-BBBEE imisela ubume bowiso-mthetho ukukhuthaza uxhobiso loqoqosho lwabamnyama; ixhobisa uMphathiswa ukuba akhuphe iindlela zokuziphatha kakuhle nokupapasha umqulu wamalungelo eenguqu; imisela iBhunga leNgcebiso loXhobiso loQoqosho lwaBantu abaMnyama Black Economic Empowerment Advisory Council), yaye ilungiselela nemiba enxulumenyo.

Umthetho walungiswa nguMthetho woLungiso weBBBEE, 2013 (Umthetho 46 wama-2013), othe wazisa utshintsho oluninzi, apho oku kulandelayo kubonaka ikokona kubalulekileyo:

- Ukusungulwa kweKomishini yeBBBEE enikeza ubongamelo nendima yothethelelo.
- Inkcazelo "yezenzo zohanahaniso" kwakunye nolwaphulo-mthetho lwezenzo ezinjalo.
- Onke amalungu ombuso kufanele anike ingxelo yokuthobela imimiselo yeBBEEE kwiingxelo zayo zonyaka.
- Izilungiso kwiZenzo zeNdlela yokuQhuba kaKuhle kweBBBEE nezithe zaqalisa ukusebenza ukusuka ngowoku-01 kuMeyi 2015.

***Umthetho woShishino, 1991 (Umthetho 71 we-1991)***

Umthetho woKhuseleko loMthengi, 2008 (Umthetho 68 wama-2008). Ithi inikeze ngokungaphaya ukuba uMphathiswa wePhondo usengema njengegunya lesibheno kwiimeko apho oomasipala bekhaba izicelo zeelayisenisi zokurhweba ezithe zangeniswa ziintlobo ezithile zamashishini.

***Umthetho weNkampani iCape Town International Convention Centre, 2000 (Umthetho 8 wama-2000)***

Injongo yoMthetho kukulungiselela ubunini zabelo zePhondo kwiNkampani iCape Town Convention Centre ukwenzela inkxaso-mali enikwe le Nkampani liPhondo kwanokulungiselela iimeko ezinokwehla ezimayela noko.

***Umthetho woKhuseleko loMthengi, 2008 (Umthetho 68 wama-2008)***

ICPA ikhuthaza ubulungisa, ufikelelo kunye nokuzinza kwemarike kwiimveliso zomthengi nakwiinkonzo kwaye ngaloo njongo isungula izithethe nemigangatho kazwelonke ehambelana nokhuseleko lomthengi, ilungiselela imigangatho ephuculiweyo yolwazi lomthengi, ithintela izenzo zentengiso ezithile ezingenabulungisa nezenzo zoshishino, ikhuthaza indlela yokuziphatha enoxanduva, ikhuthaza uwiso-mthetho olungaguquguqukiyo ndawonye nesinyanzelo sobume esinxulumene nentengiselwano yomthengi kunye nezivumelwano kwaye isungula iKomishini yoMthengi kaZwelonke.

***Umthetho weNtsebenziswano, 2005 (Umthetho 14 wama-2005) [njengoko ulungisiwe nguMthetho woLungiso lweNtsebenziswano, 2013] (Umthetho 6 wama-2013)***

Umthetho umisela ukuba iSebe elinoxanduva lophuhliso loqoqosho ngaphakathi kurhulumente wephondo liqinisekise ulungulelwaniso kucwangciso, kuhlahlo-mali, unikezelo lweenkonzo kunye nokuxhaswa ukujongwa nokuhlolwa kweentsebenziswano.

***Ubulungu boMthetho weNtsebenziswano yoPhuhliso loQoqosho eNtshona Koloni, 2013 (Umthetho 12 wama-2013)***

Injongo yomthetho kukunikeza uwiso-mthetho olunceda ukulungelelanisa unxulumano phakathi koRhulumente weNtshona Koloni kwakunye neNtsebenziswano yoPhuhliso loQoqosho. Umthetho unikeza ukuba uRhulumente weNtshona Koloni abelilungu le-EDP kwaye isungula unxulumano olusesikweni (oluquka unikezelo leentlawulo ezithunyelwayo) phakathi kwamaqela amabini. Umthetho awulungelelanisi ulawulo kunye kunye neenkqubo zokusebenza zew-EDP nanjengoko ezi zilungelelaniswe ngumthetho wenkampani.

***URhulumente weNgingqi: Umthetho weZixokelelwano zikaMasipala (Umthetho 32 wama-2000)***

Umthetho inikeza imithetho-siseko engundoqo, izixhobo kunye neenkqubo ukuvumela oomasopala ukuba baqhubele phambili kwicala lokuphakanyiswa kwezentlalo noqoqosho loluntu nokuqinisekisa ufikelelo kwiinkonzo ezibalulekileyo nezifikelelekayo.

***Umthetho kaZwelonke wamaShishini amaNcinci, 1996 (Umthetho 105 we-1996) (njengoko ulungisiswe ng-uMthetho kaZwelonke wamaShishini amaNcinci, 2004 (Umthetho 29 wama-2004))***

Umthetho unikeze usungulo lweBhunga lamaShishini amaNcinci kaZwelonke kunye neArhente yokuKhuthazwa koShishini iNtsika, yaye inikeze izikhokelo zamalungu ombuso ukuze kukhuthazwe amashishini amancinci kwiRiphabliki. Ulungiso loMthetho luphelise zonke izinikezelo ngokubhekiselele kwiArhente yokuKhuthazwa koShishini iNtsika; inikeza usungulo lweArhente yoPhuhliso lwamaShishini amaNcinci (Small Enterprise Development Agency (SEDA)) kwaye yenze ulungiselelo lwendibaniselwano yeNtsika neNamac kunye nalo naliphina elinye iziko okanye iarhente.

***Umthetho woLawulo lweziMali lukaWonkewonke, 1999) (Umthetho 1 we-1999 njengoko ulungisiwe nguMthetho 29 we-1999) )***

UMthetho ulungelelanisa ulawulo lwezemali kwiSebe ukuqinisekisa ukuba zonke iingeniso, iinkcitho-mali, iiasethi kwakunye neemfanelo zilawulwa ngobuchule nangempumelelo kwaye unikeza amaxanduva namagunya kubantu abaphathiswe ulawulo lwezemali kwiSebe.

***UMthetho woKhenketho, 2014 (UMthetho 3 wama-2014)***

Lo mthetho wenza ulungiselelo lophuhliso nenkuthazo yokhenketho oluzinzileyo lwentlalo, uqoqosho kunye noncedo lobume bemeko kubemi boMzantsi Afrika. Iinjongo zawo ziquka inkuthazo yezenzo zezokhenketho ezinoxanduva ngoKhenketho loMzantsi Afrika; ukwenziwa kwentengiso yoMzantsi Afrika aph' ekhaya nakumazwe aphesheya ngezoKhenketho zoMzantsi Afrika (South African Tourism (SAT)); inkuthazo yeemveliso zezokhenketho neenkonzo ezinobulunga; inkuthazo yokukhula koqoqosho nophuhliso lwecandelo kwakunye nokusungulwa kobudlelwane obuluqilima phakathi koorhulumente abohlukeneyo ukuphuhlisa nokulawula ukhenketho. Wenza ulungiselelo olukhethekileyo loqeqesho olungaphaya nobhaliso lwabakhokeli bezokhenketho, indlela yokuziphatha kunye neenqobo zabakhekeli bokhenketho, iinkqubo zokufaka izikhalazo kunye neemeko zoluleko.

***Umthetho weMicimbi yoMthengi eNtshona Koloni (Izenzo zezoShishino ezingenaBulungisa) 2002 (Umthetho 10 wama-2002)***

Umthetho lo wenza ulungiselelo lophando, lothintelo nolawulo lwezenzo zezoshishino ezingenabulungisa yaye usungula iOfisi yoMkheseli woMthengi kunye neeNkundla zamaTyala eMicimbi yoMthengi (Office of the Consumer Protector and Consumer Affairs Tribunals).

***UkuKhuthazwa kweArhente yoMthetho yoTyalo-mali noRhwebo yeNtshona Koloni, 1996 (Umthetho 1996 (Umthetho 3 we-1996) (njengoko ulungisiwe nguMthetho woLungiso lweNkuthazo yeArhente yoMthetho yoTya-lo-mali noRhwebo lweNtshona Koloni, 2013 (Umthetho 6 wama-2013)***

Yathi yalungiswa nguMthetho woLungiso lweNkuthazo yeArhente yoMthetho yoTyalo-mali noRhwebo lweNtshona Koloni, 2013 (Umthetho 6 wama-2013), nowathi walungisa umthetho womgaqo-siseko ukuze kwandiswe injongo, amandla nokusebenza kweArhente yeNkuthazo yoTyalo-mali noRhwebo lweNtshona Koloni namandla nemisebenzi yabalawulo beBhodi yeArhente (iBhodi) kunye nomlawuli oyintloko ukuquka inkuthazo yezokhenketho.

## 4.3 IZIGUNYAZISO ZOMGAQO-NKQUBO

***IsiCwangciso soPhuhliso lukaZwelonke***

Iingqiqo zesiCwangciso soPhuhliso lukaZwelonke ezisemqoka zezi:

- Ukumanyanisa ababtu boMzantsi Afrika kwinkqubo abakuyo bonke;
- Abemi abasebenzayo kuphuhliso lwabo;
- Ukukhula koqoqosho olukhawulezayo noluqukayo;
- Ukwakha indlela yokubanako ukusebenza;
- Umbuso onako kunye;
- Nobunkokheli noxanduva kuluntu ngokubanzi.

***I-OneCape2040***

I-OneCape2040 ngumzamo wengcinga yokuvuselela utshintsho kwikamva loqoqosho eliqukayo kakhulu nelomeleleyo lommandla weNtshona Koloni. Ngumbono nesicwangciso-buchule soluntu, ngaphezu kokuba sisicwangciso sikarhulemente nangona zontathu iinkalo zikarhulumente kubalulekile ukuba zimiliselwe. Awubeki endaweni yazo naziphi na izicwangciso zomthetho esele zikhona ezifunekayo zephondo okanye zoomasipala. Kungoko ijolise ekubeni ibelinqaku ekubhekiselwa kulo nelisisikhokelo kubo bonke abanini zabelo ukuze:

- Ikhuthaze ukucinga ngokutsha nokuzimanya ngokumandla kwixa elizayo;
- Ukunika iajenda enye kwintsebenziswano yabucala, kawonkewonke neyoluntu ngokubanzi;
- Incede ilungelelanise izenzo zikarhulumente kunye nezigqibo zotyalo-mali;
- Ukujongana nophuhliso lwethu, ukuzinza, ukuquka nokhuphiswano olubalulekileyo.

***IsiCwangciso seSicwangciso buchule sePhondo***

IPSP sisicwangciso seminyaka emihlanu esibekela bucala izicwangciso buchule nezicwangciso zikaRhulumente weNtshona Koloni kwiminyaka emihlanu elandelayo. Ineenjongo zesiCwangciso buchule ezi-5, ezizezi:
Injongo yesiCwangciso sobuchule 1: Ukudala amathuba okukhula nemisebenzi

Injongo yesiCwangciso sobuchule 2: Ukuphucula iziphumo zemfundo namathuba okuphuhlisa ulutsha

Ukunyusa intlalo, ukhuseleko nokujongana nezinto ezihlasela impilo yokuhlala

Injongo yesiCwangciso sobuchule 4: Ukwakha ubume bemeko yendawo yokuhlala elungileyo, eyomeleleyo ekwaziyo ukumelana nokutshintsha kwesimo sezulu

Injongo yesiCwangciso sobuchule 5: Ukuzisa ulawulo olululo nokunikeza iinkonzo ezihlanganisiweyo ngentsebenziswano

ISebe linikwe umsebenzi wokuba likhokele iNjongo yesiCwangciso sobuchule 1: Lidale amathuba okukhula nemisebenzi, engathi ishwankathelwe kwiMiba ephambili elithoba yesiCwangciso sobuchule, ezizezi:

1. Kutyalwe ekukhuleni ekutsaleni umdla nasekugcineni izakhono ezifunwa luqoqosho lwethu.
2. Kuxhaswe oosomashishini kunye namashishini amancinci ukuba aphumelele.
3. Kwenziwe kubelula ukwenza ishishini ngokuthi kujongwane nemiqobo emi endleleni.
4. Kutyalwe imali kumaziko akumgangatho ophezulu, asebenzayo nakukhuphiswano.
5. Kulungiswe kwakhona ummandla ukunyusa utyalo-mali lwangaphakathi nolwangaphandle.
6. Iimarike ezivulekileyo zeefem zeNtshona Koloni namacandelo angundoqo afuna ukurhweba ngaphandle.
7. Ukuqinisekisa ukuzinza koqoqosho lwethu, intlalo kwakunye nobume bemeko yendawo.
8. Kuboniswe ubunkokheli obukhuthaza uqoqosho oluphuculiweyo kummandla wendawo yokuhlala (ulawulo) kuquka nenguqu.
9. Kuphuculwe uqoqosho lweendwende zethu ngokuthi kwenziwe iintengiso ngendawo zokufikela.

***Isakhelo sesiCwangciso-buchule soQoqosho oluluHlaza lweNtshona Koloni:***

Injongo yesi sakhelo kukubeka iNtshona Koloni njengephondo elineyona khabhoni isezantsi eMzantsi Afrika kwaneyona ndawo inkqenkqeza phambili kuqoqosho oluluhlaza kwizwekazi iAfrika.

***Isakhelo kuMaziko akhoyo eNtshona Koloni***

Isakhelo saMaziko akhoyo ephondo silungelelanisa ucwangciso, unikezelo kunye nolawulo lwamaziko akhoyo ngabo bonke abaninizabelo (urhulumente kazwelonke, urhulumente wephondo, urhulumente wengingqi, imibutho necandelo labucala).

## 4.4 IZIGWEBO ZENKUNDLA EZIFANELEKILEYO

Nanye.

## 4.5 AMAPHULO OMGAQO-NKQUBO ACWANGCISIWEYO

Ekugcineni ezona njongo zingundoqo ezixhaswa sisiCwangciso soPhuhliso lukaZwelonke kunye nombono weOne Cape 2040 ukwenzela uqoqosho olukhulayo, olomeleleyo noluqukayo eNtshona Koloni, iSebe lakuzama ukunikezela ngeenjongo zesicwangciso buchule esikwiNjongo yesiCwangciso buchule 1 esinombono woqoqosho oludala ubume bemeko apho kukho intlaninge yamathuba okukhula nemisebenzi. ISebe libuka indima yobunkokheli efunekayo ukufezekisa izicwangciso neenjongo zoqoqosho oluzinzileyo ukuqinisekisa ukudalwa kobume bemeko yendawo elungele ukukhula nokuquka.

ISebe lakunikela kuwo olithoba amangenelo esicwangciso-buchule akwiPSG1 ngongenelelo kwimiba ethile, liqinisekisa ukuba iinkqubo zotshintsho zisungulwe kuyo yomibini imilinganiselo yendawo noqoqosho.

Ngelixa iSebe lixhasa ukuntu lulonke kumangenelelo oqoqosho, ugxilo lwakubekwa kumashishini achongwe njengabaqhubi boqoqosho abangundoqo:

- Ushishino lweeNkonzo zeOyile neGesi
- Uqoqosho olunemveliso kuquka uLungiso lwezoLimo
- Iinkonzo eziPhucukileyo zezeMali, eziquka uShishino lokuKhuphela ngaPhandle iNkqubo yoShishino
- UQoqosho loMkhenkethi

Amashishini adweliswe ngasentla enza isisekelo apho iSebe lakuthi liqale iinkqubo ezinqamlezileyo zokuvumela ukuphuhliswa kwezakhono, uyilo nenguqu ezintle, inkuthazo yoqoqosho oluluhlaza kunye namaziko akhoyo avuselela ubumbano. Ukongeza, uxanduva olungundoqo lweSebe lokunika ubunkokheli kuqoqosho lakuvumela amakhonkco kwinkalo zombini phakathi kweenkqubo ezinqamlezileyo namashishini kushishino oluninzi ukuqinisekisa intembeko yempumelelo yenzame nemisebenzi karhulumente

Injongo yesicwangciso-buchule esingundoqo seSebe kwiminyaka emihlanu ezayo iyakuba kuku:

### Ukubonelela ngobuNkokheli bokuKhula koQoqosho

Sisibonelelo kwiSebe ukunikeza ubunkokheli obungqalileyo kuqoqosho ukuvumela bonke abaninizabelo zoqoqosho ukuba bahlangane ukwenza iNtshona Koloni inkqenkqeze phambili kuhlumo nakuzinzo loqoqosho eMzantsi Afrika. Ukuze esi sigunyaziso sikhutshwe ngendlela esebenzayo, iSebe:

- Ukuzimanya ngendlela enobuchule kwezamashishini ukuqinisekisa inkqubela-phambili kwiqabane loshishino norhulumente kuqoqosho lommandla.
- Ukunikeza uphuhliso lomgaqo-nkqubo woqoqosho onika inguqu noxanduva noyakuthi unxulumanise yaye ulungelelanise amaqhinga otshintsho lwezoqoqosho kumaqonga ezoqoqosho neeplatifomu zendawo yokuhlala.
- Ukunyusa inkuthazo yentsebenziswano kwiinzuzo zoqoqosho ezinentlaninge yemibutho yabaninizabelo zoqoqosho phakathi kwezinye, uRhulumente nezeMfundo.
- Ukukhuthaza ulungiselelo lokuphembelela amalungu amatsha ngaphakathi kurhulumente, ukuxhasa nefuthe lokukhula koqoqosho.

### Ukunciphisa indleko nokuphucula indlela elula yokwenza ushishino

Imiqobo zezona zithinteli ziphambili zokukhula koqoqosho ngempumelelo yaye ikakhulu ibangelwa yimiba emi-2 ebalulekileyo, efana nowiso-mthetho loqoqosho olungenabuhlobo kunye neenkqubo ezingasebenziyo neziyinkcitha-xesha. Yinjongo yeSebe ukujongana ngqo naba nobangela babini bale miqobo yaye iSebe:

- Lakumilisela inkqubo yoHlolo leMpembelelo yoLawulo ukumisela impembelelo yoqoqosho yowiso-mthetho olutsha nolusele lukhona kwiphondo.
- Lakuchonga, liphande yaye lilungise iingxaki zeenkqubo zolawulo lwengqesho yaseburhulumenteni.
- Lakuxhasa kwaye lithethelele uwiso-mithetho olunobuhlobo kunye nokhuphiswano nobume bemeko yendawo ingakumbi kobume bokusingqongileyo i-SMME.
- Lakuchonga, liphande yaye lizise utshintsho kwimiqobo ethintela ukuphuculwa kowiso-mthetho.

### Ukusungula nokukhuthaza ubume bezoshishino ezinenguqu ezintle nokhuphiswano.

INtshona Koloni kufuneka ibonwe njengeyona ndawo yoqoqosho ekhuthaza nezisa iinguqu ezintsha nekwadala iindlela zoqoqosho oluzinziley, oluqukayo nolukhulayo. Sele kukho uyilo oluqhakazileyo nemithetho yentlalo yabantu eylwe ngobuchule nommandla yaye yinjongo yeSebe ukuqhuba nokwandisa amangenelelo alo kwiindawo ezichulumancisayo. Izenzo ezingundoqo kule njongo yesicwangciso-buchule iya kuba:

- Kukukhuthaza ubuchule neenguqu ezintsha kuqoqosho ukuhlangabezana nemiceli-mngeni ejongene nemisebenzi engundoqo eqhubayo kunye namashishini afunxa imisebenzi, ukwaziswa korhwebo, uphando kunye nenkuthazo yorhwebo lwangaphandle.
- Kukuzimanya ngendlela esebenzayo ekwandiseni uQoqosho oluluHlaza, kulapho idala izisombululo ezigcinekayo nezihlanganisayo kwimiceli-mingeni emininzi nokuqinisekisa ukudaleka kwamathuba emisebenzi.
- Kukusungula indlela yokusebenza eyiyo yoyilo kuqoqosho ngokusungula izisombululo zoyilo ekwasungula ummandla onokhuphiswano noxananazileyo.
- Kukuphuhlisa intsebenziswano yobuqabane phakathi kwamashishini, urhulumente needyunivesithi ukuvumela olona phando lubalaseleyo lunokubakhona.

### Uphuhliso lwezakhono ezingundoqo ukumelana nokukhula kwesidingo sezakhono esifanelekileyo kuqoqosho kwaye sikwaphucula ukhuphiswano lokhuphiswano

Oku kwakufuna imfuneko yohlolo yoonobangela abaphambili besixokelelwano semiceli-mngeni ejongene namashishini xa ngaba ukuhambelana kwetalente ekhoyo kwizakhono kungafanelekanga kwaphela. Ukuze kucuthwe isikhewu phakathi kwezakhono ezidingwa luqoqosho nezo zinikwa ngamaziko ezemfundo amaninzi, iSebe lakuthi ligxile kwezi ndawo zingundoqo zilandelayo kwiminyaka emihlanu ezayo:

- Uphuhliso lwamaGcisa;
- Ukuvelisa iindlela zenguqu ezintsha ezinobuchule
- Ezemali, ukukhutshelwa ngaphandle kwezoshishino ndawonye nezakhono zoQoqoaho lweDijithali;
- Uhlolo lwarhoqo kunye nohlolo kwakhona lwezikhwe zezakhono;
- Ungenelelo lobuchule ukuphucula uqeqesho kwezenzululwazi, kwiteknoloji, kwinjineli nakwimathematika;
- kuphuhlisa izakhono zezoshishino ezijoliswe kubantu abatsha; kunye
- Ukufakwa kwabantu abatsha kwiindawo zokusebenza ukuze kujongwane nemiceli-mngeni yokufunda ngamava.

### Utyala imali kumaziko obumbano loqoqosho olungundoqo

Amaziko akhoyo asebenza ngempumelelo abalulekile ukuqinisekisa ukusebenza koqoqosho. Kusemqoka ukuba kubekho utyalo-mali oluqhubekayo kumaziko akhoyo oqoqosho lobumbano nanjengoko oku kwakuvumela umsebenzi woqoqosho nokukhula okuqhubekekayo okuxhasa iinzuzo zezoqoqosho. Ngoko ke, iSebe lakugxila:

- Ekuxhaseni nasekuphuhliseni iiprojekthi zezakhiwo ezikhoyo ezingundoqo zobumbano ezikhuthaza iinzuzo zezoqoqosho zexesha elide.
- Ulungiselelo lokufakwa kwe-Broadband eluntwini nakumashishini ingakumbi lawo afuna ukufikelela kuvimba weenkcukacha ezigciniweyo nezibalulekileyo.
- Ukuchongwa kweemfuno zamaziko akhoyo ayakuxhasa uphuhliso lwasemaphandleni.
- Ukuphuhliswa kobuchule bePhondo kwezamandla ombane nobuluncedo kukhuseleko lokuxhomekeka kumandla ombanewommandlla.

### Ukukhuthaza inkangeleko yeKapa kunye neNtshona Koloni kwihlabathi jikelele

Inkuthazo yeKapa neNtshona Koloni njengazo zombini indawo yokutyelela nendawo yotyalo-mali yeyona njongo yesicwangciso-buchule singundoqo neyakuthi iqinisekisa ukuba zombini ushishino lezokhenketho kunye namacandelo otyalo-mali olungungqo agcina iindlela zokukhula ezincomekayo. Ukuze le njongo iphumelele, iSebe:

- Lakusebenzisa ngokufanelekileyo iiasethi zeNtshona Koloni njengendlela ekhawulezayo ekhokelela kutyalo-mali lwelizwekazi nakwihlabathi jikelele.
- Lakusebenzisa nokwakhela phezu komtsalane wophawu lorhwebo lwase-Kapa njengendawo etsala abafikayo kwanendawo exakeke kakhulu yezorhwebo nokukhula kommandla.
- Lakumilisela izenzo zokukhuthaza iKapa njengendawo yeshishini lokhenketho nokuphuhlisa iimarike ezintsha zezokhenketho ukwenzela ukwanda kokukhula.
- Lakukhuthaza iSixeko seKapa kunye noMmandla njengeziko elinomtsalane ogqithisileyo weendawo zoshishino ezingundoqo [Abatyeleli, ezeMpilo, iiNkonzo zeOyile neGesi, ezeMali, nezinye iinkonzo zezoshishino].
- Lakukhuthaza ufikelelo ngqo phakathi kweKapa kunye neendawo zemarike ezingundoqo.

### Ukukhuthaza uRhwebo kunye noTyalo-mali kuHlumo lweAfrika kunye noPhuhliso

Ngelixa ummandla uneemarike ezininzi ezahlukeneyo apho urhwebo notyalo-mali lakuthi liqhutywe ukukhuthazwa kuzo, liqhinga elinobuchule ukubalula indawo ethile kugxilwe kuyo kwiMarike yaseAfrika nanjengendawo engundoqo yotyalo-mali norhwebo. IKapa libekwe ngokukhethekileyo phakathi kweMpuma neNtshona yaye ngokweempawu nobume bendawo ekuyo ndawonye neeasethu zemveliso, inethuba lokongeza kuhlumo loqoqosho kwiifem zehlabathi ezijonge ukutyala imali eAfrika.

Ngoko ke kuyimfanelo yeSebe ukuqukumbela isiCwangciso-buchule soRhwebo noTyalo-mali eAfrika nokuqinisekisa ukuba iinkqubo zikhona ezakuthi zibenegalelo ekubekeni iNtshona Koloni njengommandla worhwebo ophambili eAfrika. Oku kwakugxila ngokukodwa ekulungiseleleni urhwebo lwangaphandle lwamashishini amancinci namancinananana kurhwebo eAfrika, unkuthazo yokubanako kommandla ukuba ngumbindi worhwebo weAfrika kwaneziko eligqwesileyo lokubanoondlunkulu behlabathi kwiifem zoozwelonke abohlukeneyo abafuna ukwenza ushishino nelizwekazi iAfrika.

## 5. UHLALUTYO LWESIMO OLUHLAZIYIWEYO

### 5.1 ISIMO SOBUME SOKUPHUMELELISA INDLELA YOKUSEBENZA

Ubume bemeko yendawo yehlabathi nezwelonke linempembelelo kubume bemeko yonikezelo yiNtshona Koloni. Iimeko zembalela; utshintsho ekunyukeni nasekuhleni kwamaxabiso, umlinganiselo wokutshintshiselana ngemalu kunye nenzala; umlinganiselo wokuthotyelwa kunye notshintsho kumaxabiso eemveliso zehlabathi, ngendlela ethile ziyakuba neempembelelo kuqoqosho lommandla. Uphuhliso lwehlabathi nolukazwelonke lunefuthe kurhwebo lwethu lwangaphandle, kwindlela tyalo-mali oluqhuba ngayo, kwinani labakhenkethi abatyelelayo kunye neendleko zenkunzi yotyalo-mali. Ukuqonda ubume bemeko phantsi kwendlela isebe elisebenza ngayo kuyanceda ukuxabisa izixhobo ezahlukeneyo zomgaqo-nkqubo kunye namangenelelo alandelweyo. Ukuza kuthi ga ngoku, isishwankathelo esingephi sendlela oluqhube ngayo uqoqosho olungundoqo lwehlabathi, lukazwelonke nolwephondo lubonisiwe ukunika umxholo kwindlela ubume bemeko yonikezelo olwenziweyo olunzeke ngayo kwiSebe.

***Uqoqosho lweHlabathi Jikelele***

Uqikelelo lweInternational Monetary Fund's (IMF) World Economic Outlook (WEO) luthekelele ukuba uhlumo lwehlabathi luyakukhula ngesi-3.7% ngowama-2017 ukusuka kwisi-3.2% ngowama-2016 kunye nesi-3.9% ngowama-2018. Umbono wohlumo lwehlabathi ubonisa iimpawu zokuphucuka ikuzinzileyo kwanokunyuka korhwebo lihlabathi. Amaphuhliso angundoqo ekuxhaseni oku kwanda kukomelela kwizinyanzelo zehlabathi kunye neemarike zezemali (eziqhutywa yinkxaso uqhubayo yomgaqo-nkqubo eChina nokwanda kwezemali nokungalungelelani eUnited States). Bureau of Economic Analysis (BEA) evelisa iinkcukacha-manani zoqoqosho lwaseU.S. ziveze kuthekelelo lwazo olunochatha ukuba imveliso engacuthwanga yasekhaya ngonyaka inyuke ngomyinge we-0.7% kwikota yokuqala ngowama-2017, engamanqaku eeyipesenti ayi-0.4% ukwehla kunesi-2.1% esirekhodwe kwikota yesine yowama-2016. Macandelo angundoqo aqhuba uhlumo loqoqosho kwikota yesine yowama-2016: lelezemali neeinshurensi, urhwebo ngeevenkile kunye neenkonzo zezenzululwazi nobuchwepheshe. IBEA ikwaqwalasele ukuba li-19 lama-22 amaqela ezoshishino abenegalelo kwisi-2.1% sohlumo lweGDP lulonke kwikota yesine yowama-2016. Kwezingemali, iUS ilindeleke ukuba igcini isantya sokuqinisa, sokuxhomekeka ukuya kuma ndaweni ithile kubungakanani nobunjani beempucuko zoqoqosho ezinokubakhona. IFedOn, imarike yezemisebenzi, iBureau of Labour Statistics zibonisa ukuba itotali yengqesho engeyoyezolimo eUS inyuke ngama-211, 000 ngoApreli wama-2017. Amacandelo adale amathuba engqesho aquka: elempolo nolokubukwa kweendwendwe, elokhathalelo lwempilo noncedo lwentlalo, imisebenzi yezemali nezezimbiwa. Izinga lentswela-ngqesho lehle laya kwi-0.6 yeepesenti zamanqaku phakathi kukaMatshi neApreli ukuya kwisi-4.4% ngoApreli wama-2017. Nanjengoko izinga lentswela-ngqesho lehlile, nenani labantu abangasebenziyo lehlile ngama-854, 000 abantu kwisi-7.1 sezigidi ngoApreli. IBureau of Labour Statistics ikwabonise ukuba umyhinge wothabatho nxaxheba wezemisebenzi yabangama 62.9% yaye umyinge wenani lokungaqeshwa laba ngama-60.2% ngoApreli wama-2017.

Uthekelelo lohlumo lweIMF yeNdawo ye-Euro ngowama-2017 sisi-1.7%. Uqoqosho lwaseJamani oluthekelelwe ukuba lukhule nge-1.6% lakuthi luqhutywe yimfuno yangaphandle engamandla, uphuhliso oluluqilima kwezokwakha nokunyuka kwentembeko kwezoshishino. EFrance, abavoti bagqiba ngowesi-7th kuMeyi ukunika isigunyaziso ukonyula uMongameli Emmanuel Macron, iinkcukacha ezithe vetshe ngomkhombandlela womgaqo-nkqubo zakukhula nanjengoko ulawulo olutsha lungena eofisini yaye luzakumisela umbono wabo ngokomgaqo-nkqubo. Uthekelelo lohlumo lweIMF phambi kweziphumo zonyulo yayingumyinge wohlumo lwesi-1.4% wama-2017. Kwikota yokuqala yowama-2017, uqoqosho lukhule nge-0.8%. Uhlumo lwakomelezwa ngamakhaya anako ukuxhasa imarike entle yezemisebenzi. IUK, i-IMF zona zibonise uhlumo lwesi-2% kwiUK ngowama-2017, le yi-0.2 yamanqaku eepesenti zokunyuka ukusuka kwisi-1.8% ngowama-2016. IUK isashiyeke iyeyona ndawo inohlumo loqoqosho olukhula ngamandla eYurophu. Nangona ibithe yehla ekuqaleni emva kwevoti yeBrexit ngenxa yohlumo obelulindelwe lohlumo ebelunokubakhona kwimida yokurhweba nokufuduka, ikwakhatshwa lunciphiso oluthile lweenkonzo zezemali kwicandelo ngenxa yemida enokubakhona yolawulo lwezemali namalungu eManyano yaseYurophu (European Union (EU)). Isigqibo sokubiza uvoto olukhawulezileyo ngowesi-8 kuJuni kwenze iponti yomelela ngamandla.

Uthekelelo lohlumo lweemarike ezisakhasayo noqoqosho oluphuhliswayo sisi-4.7%. Nangona i-IMF ithe yahlola kwakhona uthekelelo lohlumo lwayo ezantsi ukwenzela i-Indiya, isasele iphezulu ngesi-7.1%. EChina uhlumo luthekelelelwa kwisi-6.6% ngowama-2017 nesi-6.6% ngowama-2018. Iinguquko ezingundoqo kula maqoqosho mabini yimpembelelo yokuncitshiswa kwemali eIndiya nokuqhuba kakuhle kwiimarike zezemali eChina okudalwe yinkxaso eqhubayo yomgaqo-nkqubo. Ukungazinzi kwezopolitiko eBrazil kusengasengela phantsi uhlumo olulindelekileyo. IRussia kulindeleke ukuba ithobe kancinci kumba wombhodawo wokuphela kwemisebenzi.

KwiSub-Saharan Afrika uhlumo loqoqosho luthelekeleleka ngokungephi kwisi-2.7% obeluthe lwanyuka ukusuka kwisi-1.4% esiqikelelwayo ngowama-2016. Uthekelelo lokwanda kuhlumo ngowama-2017 **kwisub-Saharan Afrika** kusekelwe ikakhulu kuveliso lweoyile eNigeria, inkcitho ephezulu kawonkewonke eAngola ngaphambi konyulo nokuthomalala kweemeko zembalela eMzantsi Afrika. EKenya, eIvory Coast naseSenegal, uhlumo kulindeleke ukuba luhlale lungaphezu kwesi-5% ngowama-2017.

***Uqoqosho lukaZwelonke***

Nangona uqoqosho lwehlabathi lubonise iimpawu zokuphucuka, indlela okuqhube ngayo ukukhula koqoqosho lwasekhaya kuthe kwadodobala ngowama-2016, lurekhoda i-0.3% esezantsi. Lo ibengowona mlinganiselo usezantsi wohlumo oko kwangombhodamo wokulahlekelwa yimisebenzi ngowama-2008/09. Idata yoqoqosho ekhutshwe licandelo leeNkcukacha-manani loMzantsi Afrika lubonise ukuba uqoqosho lukazwelonke lwande nge-0.3% ngowama-2016. Uqoqosho luthelelelelwa ukuba lakukhula nge-0.9% ngowama-2017 (IMF). Olu thekelelo yi-0.6 yamanqaku eepesenti ngaphezuku kwe-0.3% obeluqikelelwe ngowama-2016. IBhanki enguVimba yoMzantsi Afrika iphinde yaqwalasela uthekelelo lokukhula ukuya kwi-0.5% ngowama-2017. Uphuhliso loqoqosho olungundoqo oluxhasa uthekelelo lokukhula kukucutheka kweGDP kwikota yokuqala yowama-2017 ebeka uqoqosho kwinkqubo yokuphela kwemisebenzi (ukucutheka kabini okuyi-0.7% kwikota yokuqala yowama-2017 ne-0.3% kwikota yesine yowama-2016), ukuthotyelwa komlinganiselo wekhredithi, ukungazinzi komgaqo-siseko, ukudodobala kwentembeko yezoshishino, kunye notyalo-mali olungasi ndawo nokwenziwa kweenkxaso-mali (SARB). Esinye isikhombisi sendlela uqoqosho oluqhube ngayo esingundoqo, umyinge wonyaka wokuhla nokunyuka kwezemali ubonisa ukuba ngowama-2016/17umyinge ubungaphaya kwomda wethagethi ye-3-6%, kodwa kulindeleke ukuba unyenyele kwakhona kumlinganiselo kwikota yesibini yowama-2017. Kwiimarike zezemisebenzi, iavaregi yomyinge wentswela-ngqesho kuzwelonke isahleli phezulu kuma-26.3%, ikhula ukuya kuma-27.7% kwikota yokuqala yowama-2017 yaye ihleli ndaweninye (27.7%) kuzo zombini ikota yesibini neyesithathu yowama-2017.

Inqanaba lecandelo, amacandelo arekhode ukuncipha okungundoqo kwikota yokuqala ibelurhwebo, ezokupheka nokuhlaliswa (-5.9%), ezemveliso (-3.7%) kunye nombane, igesi namanzi (-4.8%). Okulunxunguphalo kukuncipha okuthe gqolo kuqhubeka kwicandelo leemveliso emva kokuba belithe ladodobala kwikota yesine ngowama-2016. Itheyibhile engezantsi ikhombisa indlela iGDP eqhube ngayo kwiikota ezintlanu zokugqibela:

| Icandelo | 2016Q3 | 2016Q4 | 2017Q1 | 2017Q2 | 2017Q3 |
|---|---|---|---|---|---|
| Ezolimo | -0.2 | -0.1 | 23.1 | 38.7 | 44.2 |
| Ezezimbiwa | 4.2 | -11.5 | 13.1 | 8.2 | 6.6 |
| Ezemveliso | -3.3 | -3.1 | -3.7 | 1.5 | 4.3 |
| Umbane | -2.5 | 2.4 | -4.8 | 8.8 | -5.5 |
| Ulwakhiwo | 0.7 | 0.4 | -0.8 | -0.3 | -1.1 |
| Urhwebo, ezokuPheka nokuHlaliswa | -2.0 | 2.1 | -5.9 | 0.6 | -0.4 |
| EziziMali kunye noThengiso lweZindlu | 1.7 | 1.6 | -1.2 | 2.2 | 0.6 |
| Ezothutho noNxibelelwano | 1.3 | 2.6 | -1.6 | 2.5 | 1.2 |
| Urhulumente Jikelele | 2.0 | 0.9 | -0.7 | -1.1 | -0.7 |
| Iinkonzo zoBuqu | 1.4 | 1.0 | -0.1 | 1.3 | 0.9 |
| IGDP @ Kumaxabiso eMarike | **0.4** | **-0.3** | **-0.6** | **2.8** | **2.0** |

[Umthombo: IiNkcukacha-manani eMzantsi Afrika]

Amacandelo amabini aphambili, awezimbiwa nezolimo athe akhula kwikota yokuqala yowama-2017 nge-13.1 kunye nama-23.1% ngokwahlukahlukeneyo. Ibhanki yoMzantsi Afrika enguVimba ibhentsise ukuba umyinge wokuhla nokunyuka kwezemali nyaka nonyaka uthomalele ukuya kwisi-5.3% ngoApreli wama-2017, kodwa kunjalo ikukuwa ngesi-3-6% kumyinge oyithagethi. Ibhanki iphinde yajonga kwakhona uthelekelo lwayo lokuhla nokunyuka kowama-2017 nge-0.2 yamanqaku eepesenti ukusuka kolo thekelelo lokuqala lwesi-5.9% ukuya kwisi-5.7%. Isishwankathelo sokuhla nokunyuka kwezemali kowama-2018 kuthekelelwa kwisi-5.3%. Amaphuhliso angundoqo eBhanki okuhla nokunyuka kwezemali nabonisa isishwankathelo sothekelelo lokuhla nokunyuka

kwezemali kukuhla kwamaxabiso eoyile kumazwe ngamazwe, imithetho yasekhaya yamaxabiso ombane (ngokusekelwe kwisi-4.0% samaxabiso anyukileyo ukusuka ngoJulayi 2017, ukuhla ukuya kwisi-8.0%), kubonisa utshintsho nokuthomalala kweemeko zezembalela ezinegalelo ekudodobaleni kancinci kancinci kukuhla nokunyuka kwamaxabiso okutya.

Amacandelo amabini aphambili, awezimbiwa nezolimo athe akhula kwikota yokuqala yowama-2017 nge-13.1 kunye nama-23.1% ngokwahlukahlukeneyo. Ibhanki yoMzantsi Afrika enguVimba ibhentsise ukuba umyinge wokuhla nokunyuka kwezemali nyaka nonyaka uthomalele ukuya kwisi-5.3% ngoApreli wama-2017, kodwa kunjalo ikukuwa ngesi-3-6% kumyinge oyithagethi. Ibhanki iphinde yajonga kwakhona uthelekelo lwayo lokuhla nokunyuka kowama-2017 nge-0.2 yamanqaku eepesenti ukusuka kolo thekelelo lokuqala lwesi-5.9% ukuya kwisi-5.7%. Isishwankathelo sokuhla nokunyuka kwezemali kowama-2018 kuthekelelwa kwisi-5.3%. Amaphuhliso angundoqo eBhanki okuhla nokunyuka kwezemali nabonisa isishwankathelo sothekelelo lokuhla nokunyuka kwezemali kukuhla kwamaxabiso eoyile kumazwe ngamazwe, imithetho yasekhaya yamaxabiso ombane (ngokusekelwe kwisi-4.0% samaxabiso anyukileyo ukusuka ngoJulayi 2017, ukuhla ukuya kwisi-8.0%), kubonisa utshintsho nokuthomalala kweemeko zezembalela ezinegalelo ekudodobaleni kancinci kancinci kukuhla nokunyuka kwamaxabiso okutya.

Intembeko yezoshishino sisikhombisi sezoqoqosho esingundoqo esisetyenziswa ukulinganisa umlinganiselo wethemba okanye ububi abaphathi abaphezulu beshishini abazivayo ngamathekelelo eenkampani zabo ngokuphathelene noqoqosho, upolotiko kunye nobume bemeko yentlalo okwangoku nolubonwayo ngokwekamva. Intembeko engaphantsi kwama-50 kwamanqaku eeindex ibonisa ububi ngexa ngaphezu kwama-50 zicebisa ithemba. Intembeko yezoshishino kwinqanaba likazwelonke ngaphantsi kwamanqaku angama-50 eindex, ngentembeko yecandelo lezemveliso lisiwa ngaphantsi kwama-30 amanqaku eindex. IBER ithe yaqwalasela ngokungaphaya ukuba intembeko yezoshishino kwezemveliso ithe yema ngxi ngaphantsi kwama-50 amanqaku oko kwangehafu yokuqala yowama-2011.

***Uqoqosho lwePhondo***

IPhondo leNtshona Koloni luthekelelwa ukebeni lukhule nge-0.7% ngowama-2016 (HIS Markit) neyipesenti ye-0.4 yamanqaku ngaphezu kweavareji kazwelonke ye-0.3% kwangethuba elinye. I-HIS Markit ithekelele ukuba iphondo lakukhula nge1.3% ngowama-2017 nesi-1.7% ngowama-2018. Ifuthe leemeko zembalela ziyaqhuba nokuvakala kwiphondo, ngokukodwa ngamanqanaba amanzi awehle kakhulu ngoMeyi 2017. Ukujongwa kwakhona komyinge wohlumo zizithili kubonisa ukuba owona myinge uphezulu wohlumo ngowama-2016 uthe warekhodwa kwiSixeko saseKapa (1.3%). Itheyibhile engezantsi ibonisa iavareji yonyaka yemiyinge yohlumo.

| Ukukhula konyaka (Amaxabiso ngowama-2010) iPesenti | | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | INtshona Koloni | Isixeko seKapa | UNxweme lweNtshona | ICape Winelands | IOverberg | IEden | Umbindi Karoo |
| **2012** | 2.8 | 3.0 | 1.8 | 2.3 | 2.3 | 2.9 | 2.3 |
| **2013** | 2.6 | 2.5 | 2.4 | 2.5 | 2.8 | 3.5 | 2.6 |
| **2014** | 2.1 | 1.9 | 2.0 | 2.4 | 2.6 | 2.9 | 2.5 |
| **2015** | 1.5 | 1.7 | 0.9 | 1.6 | 0.9 | 0.3 | 1.2 |
| **2016** | 1.0 | 1.3 | -0.2 | -0.1 | 0.0 | 0.6 | -0.5 |

Intembeko yeShishini leBER kwiPhondo, isikhombisi esingundoqo esilinganisa umyinge wethemba nobubi abaphathi abaphezulu abazivayo ngothekelelo lweenkampani zabo, sibonisa ukwehla kwikota yokuqala ukusuka kuma-48 amanqaku eeindex ngoDisemba 2016 ukuya kuma-44 amanqaku eeindex ngoMatshi 2017. Nangona intembeko yezoshishino iyonke kwiphondo ihlile kwikota yokuqala yowama-2017, intembeko kwicandelo lokwakha isahleli ithembisa kuma-60 amanqaku eindex.

Idata yengqesho ekhutshwe ziiNkcukacha-manani eMzantsi Afrika (StatsSA) ibonise ukuba kwinqanaba likazwelonke, itotali yemisebenzi eli-113 000 kuthe kwaphulukwana nayo kwikota yesinibi ngowama-2017, apho iPhondo leNtshona Koloni libenegalelo kwengama-4 000. Amacandelo athe alahlekelwa yimisebenzi kakhulu kwikota yesibini kwiPhondo yaba: licandelo lezoLimo, elezeMveliso, elozoThutho kunye nezindlu zabucala. Kwicandelo elingekho sesikweni (elingelolezolimo), iNtshona Koloni, icandelo kwisiseko sekota Nekota imisebenzi eli-12 000 kuthe kwaphulukwana nayo (isehla ngesi-4.4%) yaye yande nge-16.8% ngokusekelwe kunyaka nonyaka.

Ezinye izikhombisi zezemisebenzi ezingundoqo zeNtshona Koloni zibonisa ukuba:

- Umyinge wentswela-ngqesho ihle ukusuka kuma-21.5% ngowama-2017Q1 ukuya kuma-20.7% ngowama-2017Q2 phambi kokunyuka uye kuma-21.9% ngowama-2017Q3.
- Inani labantu abaqeshiweyo ephondweni lihle nge-0.1% ngokwesiseko sekota ngekota nebiyintsalela yegqesho eyehle ngama-4 000. Ngokwesiseko sonyaka nonyaka, ingqesho ikhulu ngesi-6% (137 000).
- Inani labantu abangenamisebenzi lihle ngesi-4.8% nganye ngokusekelwe kwikota Nekota nesi-2.7% kwisiseko sonyaka nonyaka.
- Umyinge wothabatho nxaxheba wehle nge-1.1 yamanqaku eepesenti kwisiseko sekota ngekota yaye yonyuka ngesi-1.3% samanqaku eepesenti kwisiseko sonyaka nonyaka.
- Umyinge wofunxo lwezemisebenzi wehle nge-0.3 yamanqaku eepesenti ngokwesiseko sekota ngekota yaye inyuke ngesi-2 samanqaku eepesenti kwisiseko sonyaka nonyaka.

INtshona Koloni lelona phondo linomyinge wentswela ngqesho eyandileyo ngaphantsi kwama-30%, kuma-24.6% [2017Q2]. IPhondo leNtshona Koloni likwarekhode owona myinge uphantsi wengqesho kwi-17.1% ngowama-2017 Q2.

***ISebe***

Ngokwalo mxholo wezoqoqosho onomceli-mngeni, isebe liyaqhuba ukulungelelanisa imisebenzi yalo nokuqhuba inani lamaphulo njengamangenelelo ukudala ubume bemeko obuzondelele izicwangciso-buchule ezingundoqo ezingasentla ukuvula amathuba emisebenzi nokunyanzelisa uhlumo loqoqosho. Isebe liyazama ukwenza lula ukuba ezoshishino zihlume nazemisebenzi ukuba zifunxwe kwimarike yezemisebenzi. Phakathi kwala maphulo: luphuhliso lwezakhono, inkxaso kuhlumo lwamaziko akhoyo obumbano kuphucula indlela elula yokwenza ushishino nokuxhasa amacandelo aphambili (uLungiso lwezoLimo noKhenketho). La maphulo amiliselwe kubume bemeko yezoqoqosho olunyiniweyo kakhulu.

Umfanekiso ocacileyo ukubona ubume obusebenzayo uboniswe ngokuthe gca luhlalutyo lweSWOT ngezantsi:

| | |
|---|---|
| **Ukomelela** | **Okukodwa kwePhondo:**<br>• Ummandla uneedyunivesithi ezine ezinegalelo kwizakhono kwiindawo ezifanelekileyo<br>• Ubume bemeko evumela ushishino ngokobume bozinzo loqoqosho nezopolitiko kunciphisa ubungozi kwishishini.<br>• Amaziko akhoyo elixesha njengezothutho ezisebenza kakuhle kunye nothungelwano lwezonxibelelwano lunikeza uzinzo.<br>• Inkqubo yokuKhuphela ngaPhandle ezoShishino (Business Process Outsourcing, ummandla unika iindleko ezinokhuphiswano ukuya kuma-60% kwiimarike ezingumthombo. Isiziba setalente enkulu yolwimi lwesiNgesi endlela yakuyithetha ingathathicala ndawonye nesiko lokufana kweNtshona Koloni neUK kunika ukomelela okukhethekileyo ekunikeni amava aphezulu kumthengi.<br>• Iphondo lizibeke njengowona mbindo wendawo yezemali enokuxhasa ukwanda kwezoshishino kummandla wonke we Sub-Saharan African.<br><br>**Okukodwa kweSebe:**<br>• ISebe lineqela elikhuthaza ukwenza lula ukuqhutywa kweshishini ngokusebenzisa amaphulo alolu hlobo anjengokunciphisa imiqobo, ukuphembelela ukuhlangabezana nowiso-mithetho olungafanelekanga, iinkqubo nemigaqo engonelisiyo.<br>• Uphuhliso lwezakhono olusebenzayo – ukuhlangabezana nokunqaba kwemisebenzi ngokuphuhliswa kwezakhoko nenjongo yako ikukumisela isigunyaziso esifanelekileyo seemfuneko zorhwebo lwezemisebenzi.<br>• Iqela lokukhuthazwa kotyalo-mali olunodlamko nenjongo yalo ikukunyusa umgangatho wephondo nokunika amashishini ommandla uncedo lwecebiso lokuthunyelwa kwezi veliso kwamanye amazw.<br>• Isicwangciso songenelelo lweziko sichaziwe ngokucacileyo ukukhuthaza ukukhula kwanempembelelo yomtsalane kwezemisebenzi.<br>• Ukugqalisa kuphuhliso nokwandiswa kwamaziko obumbano(viz. ibroadband njl.njl.) ukunyanzelisa uhlumo nokudala amathuba emisebenzi |

### 5.2 ISIMO SEMEKO YEZOMBUTHO

Isicwangciso-buchule seSebe sithe saphuhliswa kumxholo woCwangciso sesiCwangciso-buchule sePhondo yaye ngokungqinelana neenjongo ezisekwe kwiNjongo 1 yesiCwangciso-buchule sePhondo.

Isebe liphantsi kolawulo ngqo loMphathiswa waMathuba oQoqosho, lachaza ukuzinikezela kwalo

kwanokuqhubela phambili ukudlala indima yalo yobunkokheli bokuqhubela phambili imicimbi yengxoxo kaRhulumnte weNtshona Koloni yeNjongo yesiCwangciso sePhondo 1 (PSG1), njengokudala amathuba okukhula kunye nemisebenzi. IPSG1 iyakunikezelwa ngentsebenziswano kunye namasebe awo azizihlobo njengesebe lezoLimo, elezoThutho neleMisebenzi kaWonkewonke neMicimbi yoBume beMeko kunye nesiCwangciso soPhuhliso.

Isebe loPhuhliso loQoqosho noKhenketho liyakuphucula indlela yesicwangciso-buchule salo nesijolise:

- Ekukhuliseni, ekutsaleni umdla nasekugcineni izakhono ezifunwa luqoqosho lwethu;
- Ekwenzeni lula ukwenza ushishino ngokuqwalasela izinto eziyimiqobo endleleni;
- Ekutyaleni imali kumaziko akhoyo anobulunga obuphezulu, asebenzayo naika ukhuphiswano;
- Ukuphawula kwakhona ummandla ukunyusa utyalo-mali lwangaphandle;
- Ekuvuleni iimarike ezintsha nokuxhasa ezo sele zikhona kwiifem zeNtshona Koloni namacandelo angundoqo afuna ukwenza urhwebo namazwe angaphandle;
- Ekuqinisekiseni uzinzo kuqoqosho lwethu, intlalo nobume bemeko; kunye
- Ekuboniseni ubunkokheli obukhuthaza ukuphucuka kwemo yoqoqosho lommandla (ulawulo) nokwenziwa kwenguqu ezintsha ezintle

Ngokunikwa uhlobo lwesicwangciso esike sachazwa kwasekuqaleni esinqamlezileyo ngokubanzi nokunikwa isakhelo semali karhulumente nokulungiselelwa komlinganiselo othe kratya weMbuyekezo yaBasebenzi, iSebe lisebenzisa ubuchule balo ukuqinisekisa izithuba zemisebenzi ebalulekileyo zizalisiwe ukuze iSebe libekwimo engcono ukuze liphendule ngokweemfuno zoluntu ngokwesigunyaziso se-PSG1.

Ngokuphathelene nalo mba, iSebe lithe lagcwalisa ngempumeleleo izithuba zemisebenzi yaBaphathi abaPhezulu ngesicwangciso-buchule kuzo zonke iinkqubo. Ezi zithuba ziquka ukuqeshwa kooSekela Balawuli Jikelele ababini (AbaziiNtloko zamaSebe) ndawonye nabaLawuli anaziiNtloko ababini ukulawula uTshintsho loMdloalo waMandla kunye noQeqesho eMsebenzini phakathi kwiSebe. Kuthenjiwe ukuba ezi ngqesho zakuthi zizise yaye ziphucule unikezelo lwenkonzo phakathi kwisigunyaziso sesicwangciso-buchule seSebe.

Ukuze kuqinisekiswe ukuba iSebe lixhasa iimfuneko zoqingqo-maili, iKomiti yokuhlangabezana nolawulo lwebuyekezo kubasebenzi abakumaqondo angaphezulwana ithe yamiswa ukuqinisekisa ukuba izithuba zemisebenzi ebalulekileyo ngokuqinisekileyo kunikezelo ngeenkonzo, zigcwalisiwe. Njengokwakhiwa kombutho ngokwenkqubo entsokothileyo, nezinxulumeneyo, imiba eminini kufuneka iqwalaselwe xa kuthathwa isigqibo sezithuba zemisebenzi ebalulekileyo.

Ngenxa yembalela ejongene nePhondo, iSebe kuye kwafuneka libeke phambili kwakhona iimpahla zalo ukuqinisekisa ukuba lingakwazi ukuqhuba uhlumo loqoqosho.

| | |
|---|---|
| **Ubuthathaka** | **Okukodwa kwePhondo::**<br>• Ukungabikho kophawu olucacileyo lokhenketho lommandla. Isicwangciso-buchule sezokhenketho esinganiki icebiso lentengiso elifanelekileyo. Kuninzi okwenzekyo kukhenketho kodwa ukungabikho kwesicwangciso-buchule esicacileyo nesicwangiswe ngokukuko nesihlanganisa ndaweninye bonke abadlali-ndima, lunikeza isigunyaziso esicacileyo ukuzama ukuphepha iinzame zophindwaphindo nokhuphiswano.<br>• Ukhenketho luphenjelelwa ziinqwelo-moya ezingumlinganiselo kummandla nezisuka kwiindawo zeemarike zorhwebo kwihlabathi liphela – kudingeka ukwandiswa kwamaphulo ofikelelo ngomoya.<br>• Iziko lolungiso lwezolimo elijongene nemiceli-mngeni ekufikeleleni kwiimarike zorhwebo lokuthuyelwa kwezimveliso kumazwe angaphandle, ufikelelo kumandla ombane kunye namanzi, amaziko akhoyo kunye nobuchule beengqiqo, izakhono ezingafanelekanga notyalo-mali kuPhando kunye noPhuhliso.<br><br>**Okukodwa kweSebe:**<br>• Ukungabikho kophawu lokhenketho lommandla. Isicwangciso-buchule sokhenketho esingacacisi ngokufanelekileyo icebo lokuthengisa. Kuninzi okwenzekayo kukhenketho kodwa kukho ukungabikho okucacileyo nesicwangciso-buchule esilungelelaniswe kakuhle esizisa ndawonye bonke abadlali-ndima, benika isigunyaziso kuyo nganye ukuze kuphetshwe iinzame zokuphindaphinda nokhuphiswano.<br>• Ukhenketho luphenjelelwe zezophapho ezingqale kummandla ukusuka kwiimarike zamazwe ngamazwe - ezidinga ukunyusa amaphulo okufikelela ngomoya.<br>• Icandelo loKroliso lezoLimo nelijongene nemiceli-mngeni ekufikeleleni kwiimarike zamazwe angaphandle, ufikelelo kumandla namanzi, iilojistiki namaziko akhoyo kwakunye nezakhono ezingafanelekanga notyalo-mali kuPhando noPhuhliso |
| **Amathuba** | **Okukodwa kwePhondo:**<br>• Uhlumo olungamandla eAfrika linika ithuba kwisebe ukuba likhuthaze urhwebo lwamazwe angaphandle kwezi marike.<br>• Ukudodobala komnotho kunika ithuba kwisebe ukuba likhuthaze urhwebo kumazwe angaphandle nokhenketho ngamaxabiso anokhuphiswano – balula amacandelo/amacandelwana 'aneziqhamo eziphantsi'.<br>• Ukubanako okungamandla kwezolimo zommandla kunika ithuba lokukhuthaza ulungiso lwezolimo. Icandelo libonwa njengelifunxa imisebenzi nelikhuthaza uhlumo kwicandelo lezolimo nelikhuthaza uphuhliso. |
| **Izigrogriso** | **Okukodwa kwePhondo:**<br>• Umngcipheko wokuhla komyinge wekhredithi usenganefuthe kwizicwangciso zokwanda kwamaziko akhoyo angundoqo (umz. uEskom njl. njl.)<br>• ukuncipha kuhlumo loqoqosho kusengabanefuthe kwisidingo somthengi<br>• amaxabiso empahla athotyiweyo<br>• Abantu boMzantsi Afrika banamatyala asekhaya, okuthetha ukuba uninzi lwabathengi benza iintengo zabo ngekhredithi nto leyo ebenza babhenceke kukuhla nokunyuka kwiqondo lenzala. |

## 5.3 INKCAZELO YENKQUBO YESICWANGCISO SOBUCHULE SOCWANGCISO

### IsiCwangciso Sobuchule sePhondo

Ukuze sifezekise kwaye sibenengqiqo yemicimbi yengxoxo yesicwangciso sobuchule sePhondo ukulungiselela unikezelo ngeenkonzo ngokufanelekileyo, isiCwangciso soBuchule sePhondo (PSP) saqaliswa ngowama-2014. IPSP sisicwangciso seminyaka emihlanu nesinika izicwangciso zobuchule bukaRhulumente waseNtshona Koloni.
Injongo yesiCwangciso sobuchule 1: Ukudala amathuba malunga nohlumo kunye nemisebenzi.
Injongo yesiCwangciso sobuchule 2: Ukuphucula iziphumo zemfundo kwanamathuba okuphuhliswa kolutsha.
Injongo yesiCwangciso sobuchule 3: Ukwandisa ukuphila, ukhuseleko kwanokuhlangabezana nezimo ezingalunganga ekuhlaleni.
Injongo yesiCwangciso sobuchule 4: Ukwakha ubume bemeko yendawo yokuhlala obusemgangathweni, obunako ukuxhathisa kwiimeko zokusthintsha kwemozulu.
Injongo yesiCwangciso sobuchule 5: Ukuzinzisa ulawulo olufanelekileyo noluzinzileyo kwanokuziswa keenkonzo ngentsebenziswano nomanyano ngokubanzi.

### INjongo yeziCwangciso soBuchule se Phondo 1

Ukuhamba ukusuka kwisiCwangciso soBuchule sePhondo, iSebe linikwe umsebenzi wokukhokela iNjongo yesiCwangciso soBuchule 1 (PSG1): Ukudala amathuba emisebenzi ukwenzela uhlumo nemisebenzi. Ekunikezeni unikezelo lweProjekthi iKhulisa PSG1, ethetha ukuthi "ukukhula" ngesiXhosa lithe lasungulwa. Injongo yeProjekthi iKhulisa yayikukuchonga ngokuchanekileyo iindawo zoqoqosho leNtshona Koloni ezinamathuba okunyusa nokugcina uhlumo nokudala imisebenzi. Isakhiwo sesicwangciso-buchule seprojekthi sabaneqela eliphetheyo eliquka AbaPhathiswa bamaThuba oQoqosho eNtshona Koloni; ezoThutho neMisebenzi kaWonkewonke; Imiimbi yoBume beeMeko kunye nesiCwangciso soPhuhliso ndawonye noSekela Sodolophu kunye nelungu leMaycoloPhuhliso loQoqosho kwiSixeko saseKapa. Iqela elikhokelayo labanabo bonke abathathi zigqibo abangundoqo kuwo onke amasebe abamelwe kwikomiti ephetheyo.

Injongo yesiCwangciso sobuchule 1 sidwelisa iinjongo ezingundoqo. Ezi ziquka (i) Ukwenza lula ezoshishino eNtshona Koloni (ii) Ukuqinisa ukhuphiswano loqoqosho kunye iii) Nokukhuthaza ummandla wethu kwiimarike zikazwelonke nezamanye amazwe. Kwiminyaka edlulilleyo, iSebe lingenelele kwisikeyili soqoqosho ngokubanzi ngamangenenelo abephethe izithembiso zefuthe loqoqosho. Ngenxa yeenkxaso ezingengakananai, amangenelelo awakwazanga ukunikwa inkxaso-mali ukuya kuma kumda wokuba abenefuthe kuqoqosho. NgeProjekthi iKhulisa isigqibo esicingisisiweyo senziwa ukuba amangenelelo oqoqosho abekwe njengomba ophambili ngokwemeko yoncedo olungumlinganiselo, nokuqwalaselwa kokuba urhulumente uzama ukwenza ngokungaphezulu rhoqo ngezixhobo zoncedo ezimbalwa ezifumanekayo, nokuthi ixesha elininzi kukhokelele kwiziphumo ezinika ithemba lempumele. NjengeNjongo yoBuchule bePhondo 1, iProjekthi Khulisa igqalise ekwandiseni ukudaleka kwemisebenzi nokukhula kwixesha elingangeminyaka emihlanu ukuhlangabezana nomceli-mngeni wokunqongophala kwemisebenzi kummandla. Njongokuba kwenziwe uhlalutyo olunzulu kwimbali yemikhwa nothethwathethwano nabanini zabelo, kumashishini oLungiso loLimo, elezoKhenketho kunye neleOyile neGesi avele kwiProjekthi iKhulisa njengecandelo elinokudala awona mathuba omsebenzi maninzi.

### INdima yeSebe

Ekuphononongeni ngokugwebayo indima yeSebe ekuphumezeni i-PSG1, isebe livumile ukususa ugqaliso lalo kumfuziselo wongenelelo ukuya kulowo wokukhokhela ngokwezoqoqosho, apho isebe liyagqala/jolisa ekuvumeleni uhlumo lwezoqoqosho, endaweni yokungenelela kuqoqosho Oku kuyakuquka intsebenziswano/ ukusebenza kunye, uthethelelo, ukuxhasa ngezimali, kwaye liyakwaziswa ngendlela yamanqanaba ngaphezu kweminyaka emihlanu.

## 6. 10 ISIPHUMO SESICWANGCISO SOBUCHULE ESISEKELWE KWIINJONGO ZEZIKO

Ukuveza amacebo eenjongo zobuchule zeSebe, icebo leSebe eliminyaka mihlanu elisebenzisa uhlelo olusekelwe kunxulumano lokuhlolwa kweziseko zangoku kwanokwazisa ngobuchule obufunekayo. Iinjongo zobuchule kunye neziphumo zisekelwe phezu kohlelo ngokonxulumano. Uhlelo lonxulumano lulungiselela imimandla efanele ungenelelo ngengeneZiqhamo, eVumelanayo kunye namaziko oLuntu ngokubanzi.

- Amacandelo eemveliso aselubala ekwenzeni igalelo kubume bemeko enokhuphiswano yommandla. Amacandelo amathathu ezeemveliso ayakuthi axhaswe kwiminyaka emi-3 ukuya kwemi-5 yokuqala licandelo leOyile neGesi kunye neloLungiso lezoLimo. Amanye amacandelo angaphaya amathathu ayakugxininisa ukusuka kunyaka wesi-5 ukuya kowe-10. Amacandelo aquka elokuKhutshelwa kweNkqubo zoShishino ngaPhandle, eziHlaziyo neFilim.

- Iimephu zezendlela kunye nonikezelo lwamangenelelo kwiseti yesibini yamacandelo iyakuchazwa kwiminyaka emi-5 ezayo ivumele amacandelo enze njengezithomalalisi ukukhulisa uhlumo loqoqosho lulonke. Ngapha koko, zidlala indima ebaluleke kakhulu kukhuthazo lokhuphiswano kuqoqosho ngokubanzi. Kuvumela amacandelo kuquka umbane, amanzi, i-ICT, ilojistikhi kunye neenkonzo zezemali.
- Amacandelo entlalo ngamanyathelo eziseko apho uqoqosho luphumla khona. Oku kuquka imfundo kunye namacandelo anxulumene nezempilo.

Ilindawo zonikezelo lwamangenelelo kumxholo wombutho, isazobe 1 sichaza amangenelelo ecandelo avumayo kumacandelo eemveliso. Isazobe esingezantsi sikwachaza ukuphambana kwabavumeli kumacandelo ezemveliso.

**Isazobe 1: Izinto eziVumelanayo nokuFuneka kweNziwe kumaZiko ezeMveliso**




## Ukhenketho

Tourism is one of the significant job creating sectors in the province but, has not achieved its growth and job creation potential. As a tourist destination, the province demonstrates obvious advantages but, also challenges that will be addressed by the Department within the next five years which include:

- **Ukwaziswa.** INtshona Koloni iyakuphuhlisa uphawu lentengiso lokhenketho olucacileyo yaye liququzelele iinzame zorhwebo lezokhenketho kwiphondo kuKhenketho loMzantsi Afrika, kwiSixeko seKapa nakwabanye oomasipala neWesgro. ISebe lakuchonga imithombo yeemarike ezingundoqo ezinokuhluma ngokukhawuleza kakhulu.
- **Ukufikeleleka**. Ukuphuculeni ukufikeleleka kwiPhondo, kwiSebe kuyakuphembelela iinkqubo ezilula zevisa ingakumbi ukuchonga iimarike zohlumo kunye nemiba ngokuphathelene nezophapho eNtshona Koloni. b) KwiPhondo, iSebe lakujongana nemiba ephathelene nezokhenketho nemiba eyimiqobo kukhenketho ukwenza izinto lula kwiphondo.
- **Umtsalane**. Kuqatshelwe ukuba umtsalane wephondo awuphuhliswa ngokwaneleyo, ingakumbi inxenye yalo yenkcubeko kwanamagugu namafa agxininisa/ekubonakaliseni uphawu lwembali yalo eyodwa. Ngaphezu kweminyaka emihlanu ezayo, iSebe liyakuphuhlisa ukuba nomtsalane kwalo nje ngendawo yokufikela yabakhenkethi.
- **Ixesha elithile lonyaka.** Kuqatshelwe ukuba Kuqwalaselwe ukuba ishishini lokhenketho olugcinakalayo lichaze ukuchasa ngokuxhomekeka kwixesha elithile lonyaka. Ngokwenza njalo iSebe liyakukhulisa ukhenketho lwamaxesha asebusika ukungena endaweni yamaxesha okhenketho olumxinwa ngokunika ngakumbi umtyhi wophuhliso.

## Ulungiso lezoLimo

Iinkqubo yezolimo yi-GVA enkulu ikwanegalelo kwingqesho. D Ngokuthe ngqo inegalelo elingaphezulu kwe-R12 yebhiliyoni zeRanti kwanama 79 000 emisebenzi kuqoqosho lommandla. Okubaluleke ngakumbi itsalela kuyo abasebenzi abanezakhono ezikwizinga eliphantsi kwiindawo ezisemaphandleni. Abasebenzi abanezakhono

ezikwizinga eliphantsi emaphandleni ziba ziindawo ezinelona zinga liphezulu lokunqongophala kwemisebenzi. Iqela lohlalutyo liqikelela ukuba ngokwengcaciso yezinto ezisenokwenzeka kuhlumo oluphakamileyo kwilixa elizayo, i-GVA ingaxhuma ukuya kuma- R26 eebhiliyoni zeeRanti kwaye inokongeza eminye eli-100 000 emisebenzi ngokusesikweni.

mbalela egqubayo, eyona mbalela igqithisileyo ezimbalini izakubanefuthe ngokumandundu kwimveliso yorhwrbo olusekelwe kwezolimo nakulungiso lwezolimo. Iphondo lizakuthi lijongane nokudodobala kwexeshana elifutshane kwimiphemela yezolimo, kumsebenzi wolungiso lezolimo, kwingqesho nakurhwebo. Nangona kunjalo, ifuthe lembalela egqugqisayo enalo kwiSebe ngeke zingqamane neethagethi zonyakamali wama-2018/19.

Ukuphumeza ukuba nokuhluma kweziko, ezi ndawo zilandelayo, ngentsebenziswano neSebe lezoLimo lePhondo, kuyakwenziwa into kuzo ukuze kuphunyezwe iinjongo kwisithuba seminyaka emi-5.

- **Ukufikelela kwiMarike.** Izithintelo ezibonakalayo eku_keleleni kwimarike ziyafunyanwa ngamashishini asekuhlaleni. Ukuchakwa kwezinto emazenziwe phakathi kwe-DTI, DAFF, uRhulumente wePhondo namanye amaqela kazwelonke kwenza izinto nzima ekwaziseni uku_kelela kwimarike. Ukwahlulwahlulwa kwamaxanduva phakathi kweDTI, DAFFF, uRhulumente wePhondo kunye nezinye iibhodi zikazwelonke zenza iimeko zibenzima ukujongana nokufikelela kwimarike. Indlela iyakuphuhliswa kwaye ukuze kuphunyezwe iinjongo ezithile kwisithuba seminyaka emihlanu ukuze kojongwane nemiba emayela nokufikelela kwimarike ngokomeleza ukukhuthazwa nokuxhaswa kweemveliso zolimo zaseNtshona Koloni.
- **Ufikekelelo lwamandla namanzi.** UMzantsi Afrika neNtshona Koloni lilizwe nephondo elinonqongophalo lwamanzi. Ukunqaba kweziseko zamaziko afanelekileyo zamanzi kunqanda ukuphuhliswa kweziko lezolimo. Ngentsebenziswano neSebe lezolimo, iSebe liyakuqalisa indlela esetyenziswayo yokuhlangebezana nengxaki yokunqongophala kwamanzi kwiindawo ezisemaphandleni. Umbane yeyona ngxaki inkulu kazwelonke. b) Kodwa ke, iSebe liyakuhlola impendulo ezinokubakhomalunga neengxaki zamandlaombaneezifunyanwa kushishino.
- **Ubuchule bokuqiqa kunye namaziko amisiweyo ezingundoqo.** Iziko libanjezelwa ngamaziko asisiseko akwimeko engamiselekanga nasilelayo kwanakwixabiso aphezulu nokukulambatha kobuchule bengqiqo malunga namaziko amisiweyo aquka ezoololiwe, amazibuko kwaneziseko zendlela. Iindlela zobuchule bangaphakathi bukarhulumente kunye neSebe ziyakuphuhliswa ukuhlangabezana nemiba yobuchule bengqiqo yeziko. Ukongeza, iSebe liyakuhlola iindawozouphuhliso olunokwenzeka lweenkqubo ezizodwa zolimo ukuphuculwa kwamazikho akhoyo, amaziko ophuhliso lwezakhono ze-R&D kunye nezinye iinkonzo zohlulelwano.

**IOyile neGesi**

Icandelo leGesi kunye ne-Oyile eNtshona Koloni liqashe abantu abangama-35 000 ikakhulu kwizikhundla zemisebenzi yeenkonzo ze-Oyile neGesi. Kuqikelelwa ukuba iziko lisenokongeza imisebenzi engama-60 000 kwimiyaka emihlanu ezayo. Ezona zithintelo ngokwembali kuhlumo kwicandelo kukungakhululeki kwicala lobonelelo olunjengamaziko kunye nokunqongopahala kwezakhono.

Ixabiso leoyile elicinezeleleke kakhulu libenefuthe elibi kumsebenzi weoyile negesi kunxweme lweAfrika. Umthombo wemarike ephambili yommandla kwinkangeleko yolungiso lweshishini ngumsebenzi weoyile negesi kunxweme leAfrika. Ukuncipha komsebenzi weoyile negesi ekubeni nako kweenkonzo zengingqi zezelwandle ukuhlangabezana neethagethi. Nangona kunjalo, unciphiso kumsebenzi kunxweme lweAfrika, ulungiso lwenqanawa kunye nolwakhiwo olungcono kunolungiso lwamacandelwana. Kunjalo ifuthe lexabiso leoyile elibenal, iSebe alinakubanokungqinelana kweethagethi zonyaka-mali wama-2018/19.

- **Amazikho akhoyo.** Uhlumo kuShishino kuthintelwa kukungabikho ngokwaneleyo kwamaziko oshishino kwindawo efaneleileyo yokulungisa iinqanawa. Urhulumente we-Ntshona Koloni uyaqonda ukuba uphuhliso lwamaziko angundoqo oluyakuxhasa uhlumo lweziko lungaphaya kwesigunyaziso noxanduva lwalo. ISebe liyakuqwalasela izicwangciso zangoku ukwandisa ulungiso amaziko okulungisa iinqanawa eSaladanha Bay yi-TNPA ngokuphembelela ukuphucula ngakumbi amaziko aunekayo ukuxhasa ukukhula kweziko. Liyakuphinda lixhase ushishino ngokongezelelekileyo ukuphembelela enye inkxaso yamaziko aphantsi kwezigunyaziso zephondo ezinjangamaphulo eendlela namanzi afunekayo kuhlumo lweziko.
- **Izakhono. Izakhono ezifanelekileyo nezinamava okusebenza zibonakalisa ukubuyela umva kuhlumo loqoqosho.** ISebe lakuququzelela uphuhliso lwenkqubo yezakhono olufanelekileyo olukhatshwa yinkxaso yoqeqesho emsebenzini ukuqinisekisa ubukho kwabasebenzi abanamava.

**Injongo yesicwangciso-buchule seSebe**

| | |
|---|---|
| **Injongo yesiCwangciso-buchule** | Dala amathuba ohlumo nemisebenzi |
| **Ingxelo yenjongo** | Ukuququzelela ukukhawuleza kohlumo loqoqosho ngokwandisa imisebenzi nokwandisa iGVA yama-R25 ezigidigidi ngowama-2020. |
| **Ukugwetyelwa** | Imigaqo-siseko kunye nezicwangciso-buchule akhuthaza uhlumo loqoqosho olomeleleyo, oluzinzileyo, noludala amathuba emisebenzi zezona ziseko ekuphumezeni iinjongo eziphambili zoRhulumente weNtshona Koloni zokulwa nendlala nokukhuthaza amathuba emisebenzi.<br><br>Indlela yethu yokulungisa oku ngokusekelwe kwimithetho urhulumente wephondo ayenzayo ukuhlumisa uqoqodho nokukhulisa amathuba emisebenzi. Ushishino lukhulisa uqoqosho ludale amathuba emisebenzi. Oku kuthetha ukuba uhlobo lohlumo olunjalo esilufunayo, nangokugqithisileyo ngokuba ingaba amashishini aqhuba kakuhle kangakanani.<br><br>Nangona kunjalo, izinyanzeliso ezinamandla zehlabathi njengokurhweba ngokukhululekileyo, ukwasizwa kwemiqobo ngamazwe atyebileyo kwizinto esizithumela kwamanye amazwe kunye novukelwano oluthe lwenza nzima ukuqhuba ishishini, ingakumbi kumashishini amancinci nakulawo aphakathi ongamele uqoqosho lwethu. Oku kwenziwe mandundu yinto yokuba oorhulumente abanokhuphiswano olungqingqwa nathi bathe bathatha amanyathelo ukuxhasa amashishini ukulwa nezi ngxaki. |
| **Unxulumano** | Iminyaka emi-5 esisiseko: imisebenzi engama-318 000 kunye neGVA yama-R30 ezigidigidi kumacandelo eKhulisa |
| **Isiseko** | Isiseko sonyaka: imisebenzi engama-318 000 kunye neGVA yama-R30 ezigidigidi kumacandelo eKhulisa |

## Imingcipheko yesicwangciso-buchule kwiinjongo zesicwangciso-buchule seSebe

Abaphathi abaphezulu beSebe bachonge imingcipheko engundoqo yesicwangciso sobuchule sowama-2018/19 esinokuba nefuthe elibi ekuphemeleliseni iiNjongo zesiCwangciso sobuchule. Izicwangciso zokudambisa zibekelwe bucala ukuze kuncitshiswe ifuthe nemingcipheko enokwenzeka esenokubazizigrogriso kwimisebenzi. Abaphathi bale mingcipheko igcinwe kwincwadi yokubhalisa imingcipheko yeSebe. Imingcipheko ingolu hlobo:

- Isikhwasilima kwezeziMali
- Ukungabinako kwePhondo leNtshona Koloni ukuthatha ukuphendula kuphazamiseko lwedijithali (izigrogriso / amathuba)
- Ukungabinako ukufikelela kwiisistim zeIT nolwazi olunxulumeneyo kwimeko yophazamiseko olumandla okanye kwintlekele. Oku kungakhokelela kwifuthe elibi kwiinkqubo zoshishino lweDEDAT nezixhomekeke kusetyenziso lweIT.
- Ukungabinako ukunikeza iinkonzo kubunkokheli obufanelekileyo nendima evumelayo kwiindawo zonikezo ngeenkonzo ezingundoqo.
- Ukungabinako ukugcina nokukhulisa uqoqosho kunye nentlalo yoluntu ngenxa yokhuseleko nofikeleleko olungekhoyo kwezamandla
- Ukungabinako ukugcina nokukhulisa uqoqosho ngenxa yokunqongophala kwamanzi
- Ukuthathwa kwamanyathelo angafanelekanga ezokhuseleko lolwazi ngenxa yokuphunyezwa kolwazi olungenelanga kumanqanaba okhuseleko lolwazi lwePhondo, nokwanesiphumo sokungabinako ngokwaneleyo ukukhusela ulwazi olunobuzaza (njengokuba iyimfuneko yomthetho we-POPI).
- Iisistim kunye neenkqubo zombutho ezingafanelekanga nezingasebenzi kakuhle
- Ukusilela kokusebenza ngokupheleleyo "kwesistim yeM&E" kwiSebe
- Ukunqongophala kwezinto ezifanelekileyo zokunceda abasebenzi kwisigunyaziso sePSG 1.
- Ukunqongophala kwetsheyini lexabiso lophuhliso lwezakhono ezihlanganisiweyo nezigudileyo.
- Ukunqongophala koyilo neenkqubo ezinotshintsho kwakunye nemithetho-siseko ukufumana izisombululo ezitsha njengoko kufunwa luhlumo loqoqosho kubume bemeko etshintshayo.
- Utshintsho kwindlela iDEDAT esebenza ngayo ngexesha lokukhula kombhodamo wamanzi.

## ISISHWANKATHELO SOHLAHLO-MALI SONYAKA WAMA-2018/19 KUNYE NOQIKELELO LWE-MTEF

| Inkqubo enganeno | | Ephicothiweyo | | | Ulwabiwo olungundoqo | Ulwabiwo olulungelelanisiweyo | Uqikelelo oluqwalaselweyo kwakhona | Uqikelelo lwekota ephakathi | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| R'000 | | 2014/15 | 2015/16 | 2016/17 | 2017/18 | 2017/18 | 2017/18 | 2018/19 | 2019/20 | 2020/21 |
| 1. | Ulawulo | 35 529 | 40 330 | 51 656 | 61 046 | 58 302 | 58 302 | 65 221 | 65 000 | 69 057 |
| 2. | Iinkonzo zoPhuhliso loQoqosho oluHlanganisiweyo | 59 269 | 53 802 | 41 661 | 37 173 | 35 792 | 35 792 | 44 053 | 46 772 | 49 863 |
| 3. | Urhwebo noPhuhliso lweCandelo | 71 248 | 57 663 | 55 591 | 51 434 | 51 853 | 51 853 | 48 769 | 47 810 | 50 636 |
| 4. | Ummiselo weShishini noLawulo | 10 021 | 10 868 | 10 479 | 11 919 | 11 569 | 11 569 | 10 803 | 11 627 | 12 486 |
| 5. | Ucwangciso loQoqosho | 205 725 | 138 785 | 296 135 | 146 031 | 130 323 | 130 323 | 140 853 | 148 648 | 124 753 |
| 6. | Ukhenketho, ubuGcisa noLonwabo | 45 099 | 39 882 | 49 341 | 56 506 | 56 960 | 56 960 | 54 782 | 57 528 | 60 899 |
| 7. | Uphuhliso lweZakhono neZinto eziNtsha | 43 015 | 52 544 | 54 522 | 63 236 | 60 545 | 60 545 | 68 981 | 65 336 | 69 135 |
| **Itotali yeentlawulo kunye noqikelelo** | | **469 906** | **393 874** | **559 385** | **427 345** | **405 344** | **405 344** | **433 462** | **442 721** | **436 829** |
| **Uhlelo loqoqosho R'000** | | | | | | | | | | |
| **Iintlawulo zangoku** | | **193 513** | **210 110** | **218 257** | **243 185** | **221 042** | **220 985** | **243 112** | **241 010** | **254 211** |
| Imbuyekezo yabasebenzi | | 95 483 | 98 052 | 104 660 | 125 655 | 118 055 | 118 055 | 136 246 | 136 559 | 144 070 |
| Iimpahla neenkonzo | | 98 030 | 112 058 | 113 597 | 117 530 | 102 987 | 102 930 | 106 866 | 104 451 | 110 141 |
| Inzala kunye nomrhumo womhlaba | | | | | | | | | | |
| **Utshintshiselwano kunye neenkxaso** | | **272 808** | **177 948** | **337 424** | **179 613** | **177 285** | **177 314** | **185 842** | **198 429** | **179 156** |
| Amaphondo noomasipala | | 500 | | | | | 1 500 | | | |
| Iiarhente zikaRhulumente kunye neeakhawunti | | 76 827 | 86 459 | 204 453 | 123 004 | 125 634 | 125 634 | 143 333 | 153 362 | 131 623 |
| Iidyunivesithi kunye neeteknikhoni | | | | | | | | | | |
| Oorhulumente bangaphandle kunye nemibutho yamazwe ngamazwe | | | | | | | | | | |
| Amashishini karhulumente namashishini abucala | | 5 587 | 2 831 | 5 950 | 3 750 | 3 750 | 3 750 | 10 500 | 11 088 | 11 698 |
| Amaziko angenzi ngeniso | | 175 840 | 75 693 | 117 866 | 33 241 | 34 311 | 34 311 | 24 009 | 25 670 | 27 091 |
| Ezamakhaya | | 9 444 | 12 965 | 9 155 | 19 618 | 12 090 | 12 119 | 8 000 | 8 309 | 8 744 |
| **Utshintshiselwano neenkxaso kushishino** | | | | | | | | | | |
| akhawunti yoRhwebo ngeMoto kuRhulumente | | | | | | | | | | |
| **Iintlawulo zeeasethi eziphambili** | | **3 497** | **5 692** | **3 528** | **4 547** | **6 917** | **6 945** | **4 508** | **3 282** | **3 462** |
| Izakhiwo kunye nezinye izakhiwo ezikhuselweyo | | | | | | | | | | |
| Iimatshini kunye nezixhobo | | 3 450 | 5 426 | 3 516 | 4 435 | 3 955 | 3 976 | 3 536 | 2 256 | 2 380 |
| Iiasethi zamafa | | | | | | | | | | |
| Iiasethi zengcali zomkhosi | | | | | | | | | | |
| Iiasethi zezebhayoloji | | | | | | | | | | |
| Umhlaba kunye neeasethi zomhlaba ongaphantsi | | | | | | | | | | |
| Isoftiwe kunye nezinye iiasethi ezingabambekiyo | | 47 | 266 | 12 | 112 | 2 962 | 2 969 | 972 | 1 026 | 1 082 |
| **Iintlawulo zeeasethi zezemali** | | **88** | **124** | **176** | | **100** | **100** | | | |
| **Itotali yohlelo loqoqosho** | | **469 906** | **393 874** | **559 385** | **427 345** | **405 344** | **405 344** | **433 462** | **442 721** | **436 829** |

# 7. INKQUBO 1: ULAWULO

### 7.1 Injongo

Ukunikeza ubunkokheli obuluqilima, obuneenguqu ezilungileyo nokuzisa iinkonzo ezicocekileyo, ezisebenzayo, ezinobukrelekrele neenkonzo zezoshishino eziphendulayo kwiimfuno.

### 7.2 Ulwakhiwo lwenkqubo

Inkqubo iyilwe ngolu hlobo:

**Inkqubo enganeno 1.1: IOfisi yeNtloko yeSebe**

- Ukulawula nokukhokela iinkqubo zolawulo zeSebe ezinqamlezileyo ezinika ubunkokheli kwiSebe.
- Ukwenza ngempumelelo umsebenzi ongenachaphaza wesigunyaziso seSebe lilonke nomsebenzi.

**Inkqubo enganeno 1.2: ULawulo lwezeMali**

- Ukunikeza umsebenzi wolawulo lwezemali olungenachaphaza.
- Ukuqinisekisa uzalisekiso lwePFA kunye neminye imimiselo enxulumene nezemali kunye nemigaqo-nkqubo.
- Ukuqinisekisa uzalisekiso lwePFA kunye neminye imimiselo enxulumene nezemali kunye nemigaqo-nkqubo.
- Ukulungiselela ulungiso lweempahla

**Inkqubo enganeno 1.3: IiNkonzo zezoShishino**

- Ukunikeza umsebenzi wenkxaso yesicwangciso sobuchule kwiSebe
- Ukuqinisekisa ukunikezwa kweICT, inzuzo yoluntu, isiqinisekiso soshishino, iinkonzo zenkxaso zezomthetho nonxibelelwano.
- Ukunikeza iinkonzo zezonxibelelwano kwiSebe.
- Ukubeka iso nokuhlola indlela iSebe eliqhuba ngayo.
- Ukuphuhlisa nokulawula ulwazi kunye nezixokelelwano zolwazi, iirekhodi kunye nolungelelwaniso lweICT.

### 7.3 INkqubo eNganeno 1.2: ULawulo lwezeMali

#### 7.3.1 Isimo soBume sokuPhumelelisa iNdlela yokuSebenza

Njengoko kuchaziwe kwisiCwangciso soBuchule semiNyaka emiHlanu seSebe, 2015-2020, kusisigunyaziso kule Nkqubo ukunikeza umsebenzi weenkonzo zezoshishino ezikwizinga eliphezulu – kuquka uLawulo lwezeMali, ezoNxibelelwano, Lawulo loLwazi, uQwalaselo noHlolo kunye neenkonzo zesiCwangciso sobuchule soShishino kwiSebe. Lo msebenzi weenkonzo zoshishino kufanele unikezwe ngendlela exhasa imithetho-siseko njengoko ibonisiwe kwiZahluko ese-10 nese-13 zoMgaqo-siseko weRiphabhliki yoMzantsi Afrika (Umthetho 108 we-1996). Oku kunyanzela zonke iinkalo zikaRhulumente ukuba ziqinisekise ukuba imithetho-siseko yeenqobo ezisemgangathweni ophezulu ziyakhuthazwa yaye zigcinwe nokuba ukusetyenziswa kweemveliso kuyakhuthazwa. Ngokwalo mthetho, umbuso kufanele ukhuthazwe ukuba uphuhlise, uqinisekise ubukrelekrele nokuthatha uxanduva.

Ukunika isiphumo kwimithetho-siseko ekhankanywe ngasentla, uMthetho woLawulo lwezeMali zikaWonkewonke, 1999 (Umthetho 1 we-1999 (PFMA) kunye noMthetho weNkonzo zikaWonkewonke, 1994 ithe yasasazwa nenjongo zayo ikuku:

- Hlaziya iisistim zolawulo lwezemali kwicandelo likawonkewonke.
- Vumela abaphathi becandelo likawonkewonke ukuba lilawule nokubeka uxanduva kakhulu kubaphathi.
- Qinisekisa unikezo lolwazi ngexesha elifanelekileyo.
- shayela inkunkuma norhwaphilizo kusetyenziso lweeasethi zikawonkewonke.

**Injongo yokuQala yesiCwangciso soBuchule sePhondo (PSG1) – iProjekthi iKhulisa**

ISebe lixhasa zombini, iNjongo 1 yesiCwangciso soBuchule sePhondo (PSG1): *Ukudala amathuba ohlumo nemisebenzi kunye nePSG 5: Ukutyala ulawulo olulungileyo kunye nonikezelo lwenkonzo ezimanyeneyo ngentsebenziswano kunye nolungelelwaniso lwezithuba.*

Nangona kunjalo, inkqubo 1 ikwindawo yayo ekhethekileyo njengesakhiwo senkxaso, ekufuneka sizame ukuhlanganisa iinkqubo zayo kwiinjongo ezimbini ngendlela evumela inkxaso elinganayo nempumezo yazo zombini iiPSG. Ngamanye amazwi, injongo kukufezekisa unikezelo ngenkonzo ngolawulo lwezemali.

Okuhamba phambili kulawulo lwezemali olulvakalayo lixabiso lemali nobugosa bomthetho-siseko nangona bunikwe umsebenzi karhulumente ngamnye, uhleli kuLawulo lwezeMali njengomgcini wokugqibela okufuneka avumele ubume bemeko engavumeli inkcitho nexhasa usetyenziso lwemali olunobulumko nolucwabekileyo.

### 7.3.2 Iinjongo zesiCwangciso sobuchule

| | |
|---|---|
| **Injongo yesiCwangciso sobuchule** | Ukuzuza elona nqanaba liphezulu lolawulo lwezemali kunye nonikezelo lwenkonzo ngokubalasela. |
| **Inkcazo yeNjongo** | Ukuchongwa nokuphunyezwa kwamangenelo esicwangciso sobuchule ukunceda iSebe lizuze yaye ligcine inqanaba eliphezulu lolawulo lwezemali ngosetyenziso olululo, olunoqoqosho nolusebenzayo lwezinto zeSebe ukuzisa iinjongo zesicwangciso sobuchule kunye nokufumana uluvo lophicotho-zincwadi olungafanelekanga. |
| **Isiseko** | 2016/17: ULuvo loPhicotho-zincwadi olungFanelekanga |

Ulawulo lwezemali lukawonkewonke luzixhalabisa ngolawulo olusebenzayo lokuqokelelwa nokuchithwa kweenkxaso-mali ngurhulumente. Nanjengoko iimfuno zoluntu zibenkulu ngokungaphaya kwemithombo yobutyebi ekhoyo kurhulumente, yonke imithombo yobutyebi kawonkewonke kufunela isetyenziswe ngokufanelekileyo nangokusebenzayo. Ulawulo lamashishini kawonkewonke olusebenzayo lusembindini wokokha unxulumano lentembeko efanayo kwanesivumelwano ekuvunyelwene ngaso phakathi kukarhulumente nabemi, nanjengoko kungundoqo wophuhliso lwesi sicwangciso sobuchule.

Imfezeko nolawulo lwenqanaba eliphezulu lolawulo lwezemali sisicwangciso-buchule sexesha elide elixhomekeke kuthobelo, kwiindlela isiko eliqhuba ngayo, kwinkxaso yabaninizabelo kunye nakunikezo lwenkonzo. Ingumzekelo kodwa ayinyini unikezelo lolwazi lobulunga, ukusebenza kwemithombo yobutyebi ebekiweyo, ulawulo olululo lwezemali, izakhiwo ezivakalayo zowiso-mthetho kunye nokuguqulwa okukhawulezileyo kwemali zikawonkewonke ngenzuzo yabemi.

Nanjengesinye sezona zikhombisi ezixabisekileyo zolawulo oluhle lwezemali, impumezo yoluvo lophicotho-zincwadi olungafanelekanga njengenjongo uLawulo lwezeMali lunyanzela ulawulo olusebenzayo nolufanelekileyo kuzo zonke iinkqubo ezinokuba khona ezisebenzayo nezifanelekileyo.

Uphawu layo yonke imisebenzi yenkxaso esebenzayo kukuhlangabezana neenzame zaloo misebenzi yeenkxaso. Endaweni yoku, iqela labalawuli boLawulo lwezeMali liyaqonda ukuba impumezo yawona manqanaba aphezulu olawulo lwezemali anokubakhona kuphela xa iimfuneko ezikhankanywe ngasentla zihlangatyeziwe.

Kwimeko yeziko loluntu etshintsha rhoqo apho ilungu elinye liyimfuneko kwaye libalulekile ekuqhubeleni ekusetyenzisweni nasekufezekiseni kubantu abaninzi, isinyanzeliso sokuthobelana nolawulo lwezimali kwiziko loluntu kudala kwenziwa njengesithethe esamkelweyo nesilungelana nokuqhubela phambili uhanjiso lweenkonzo kwaye someleziwe. Endaweni yoku, nendlela esetyenziswayo yeenkqubo zonikezelo ngeenkonzo, iqela labongameli lithe lazimanyanisa ngokutyhutyhayo iinkqubo zayo, izakhiwo kunye nemigaqo esetyenziswayo nokuyakuthi kubeyinzuzo ekufezekiseni injongo yalo ecwangcisiweyo ngokubanzi.

Elinye lamaziko olawulo limiselwe yiKomiti yoLawulo yeSebe nokuxaswa nokusekwa kwiziko liqeala leziphath’amandla zoLawulo lweZimali. IKomiti igunyaziswe limbumba zolawulo yaba kukwakhiwa kweKomiti yoLawulo lweSebe yathi yaxhaswa yanokubangwa sisikhokelo soLawulo lweZimali. IKomiti inikwe igunya ngumqulu wamalungelo nothi ucacise ngemimiselo yeNgxelo ka King III kunye nezenzo zolawulo oluvakalayo oluqinisekiswa yiPFMAnemithetho eyongezelelwyo yephondo nekazwelonke.

Ngapha koko, iKomiti yoLawulo osihlalo wayo iliGosa loCwangciso-mali kwaye iquka abaphathi abakhulu, amahlakani olawulo lomngcipeko kwiSebe leNkulumbuso. Isigunyaziso sayo siquka imiba enxulumene nophicotho-zincwadi lwangaphakathi, iinkonzo zasenkundleni kunye nolwazi lobugcisa kwaye konke oku kuvumela imiba yolawulo ibekwe kwizinga eliphezulu njengemiba ecwangcisiweyo kwanokuqinisekisa ukuba iSebe lamkela ukumelana ngcono ukufezekisa ngokusayina i-PSG 5, ethi ivumele ngcono ukwenziwa komsebenzi we-PSG 1.

Njengenye yendlela ukukhetha uxabiseko lwemali, amandla okunyusa ingxowa-mali ngokwandisa intsebenziswano noshishino namanye amalungu karhulumente kulungiselelwe unyaka wama-2017/218, apho kwakubanjwe khona iingxoxo ezisisiseko kwanokuzwa kweeprojekthi ezizizo okuyakuthi kwenzeke ngonyaka-mali omtsha. Ulawulo olulandelayo lwezi akhawunti zoncedo lwengxowa-mali yabanikeli luyakwamkelwa liqela lababphathi bolawulo ngokomeleza imigaqo neenkqubo zezimali.

Okokugqibela, kodwa hayi njengesona sicwangciso ukuphumelelisa injongo yaso yecwangciso sobuchule, iqela labongameli liyakwandisa ukufaka kwalo isandla kwii-arhente zalo zofezekiso ukunceda nokuzinzisa iinkqubo zolawulo lwezimali kunye namaziko angazukuvumela kuphela uhanjiso lweenkonzo ezisebenzayo nezifanelekileyo kwimisebenzi yoxanduva lweSebe yongamelo kula maqumrhu kodwa ikwaphucula amaziko abo nawanokuthi abenenzuzo engenakunqandwa kwimbonakalo yotyalo-mali lwayo.

**Iziphumo**

Iziphumo ezilindelekileyo zesi sicwangciso-buchule zezi:

- Imfuduko ukusuka kwindlela eqhutywa ngumthetho ukuya kwindlela yeziphumo esekelwe kwindlela ekuqhutywe ngayo ngelixa ingalahli ukuthobela okuthetha lonto sele izuziwe.
- Iindlela ezibalulekileyo zokusebenza kwiyunithi, amaxabiso afikelelekayo nokusetyenziswa ngoqoqosho kovimba bemali, ukuthembeka kolwazi.
- Ubumbano phakathi kweeyunithi (ngokungakhethi) kunye nobumbano olungamandla neeyunithi ezisemgceni – ezisebenza kunye zisebenzela injongo enye.

**Izicwangciso-buchule emazifezekiswe**

Iindawo ekugxilwe kuzo kwiMTEF 2015-2020 zakuquka:

- Ukukhuthazwa kokunikezwa kweenkonzo zenkxaso ezigqwesileyo kubaxumi.
- Ukuqinisekisa ezemali, uwiso-mthetho kunye nolwakhiwo lomgaqo-nkqubo apho iinkqubo ezifanelekileyo nezisebenzayo zinokuphunyezwa kwiSebe.
- Ukuqinisekisa ukuba iSebe linako ngokufanelekileyo ukuhlangabezana nolawulo lwezemali kunye nemigangatho nolawulo.

**Ukukhuthaza ukunikezwa kweenkonzo zenkxaso ezigqwesileyo kubaxumi**

Impumelelo nolawulo lenqanaba eliphezulu lolawulo lwemali alungekhe lubeluxanduva lweyunithi yoLawulo lwezeMali lulodwa. Ngoko ke, isicwangciso-buchule sixhomekeke kwintsebenziswano yeenkqubo ezinikezelwayo. Iiyunithi ezisemgceni kufuneka ziqinise unxulumano nabo bonke abaxumi nabadlali-ndima kubume bemeko yolawulo lombutho ukubavumela ukuba batshintshele kwiqondo eliphezulu lomngcipheko nezenzo zolawulo lwezemali.

Ukwenzela ukunika inkonzo yenkxaso ebalaseleyo kubanxusi, abalawuli boLawulo lwezeMali bazakukhangela ukuphumeza ubukrelekrele bolawulo lwezemali nokuqonda iiprojekthi neenkqubo ezimiliselwe lunikezo lweenkqubo ukuncedisa ngokusebenzayo abaphathi beeprojekthi, uphuhliso lwezikhombisi kunye nengxelo ngakwezemali ndawonye nolwazi lwendlela ekuqhutywe ngayo.

**Ukuba ngumgcini wedatha yezemali kunye nolwazi olunyanisekileyo**

UBenjamin Franklin uqwebe intetho ethi: “Ixesha yimali.” Le ntetho sele ibekho iminyaka engama-300 eyadlulayo kodwa isathetha inyaniso nangoku. Eneneni, ngenxa yokungazinzi kwezoqoqosho bonke oorhulumente abajongene nako kwihlabathi liphela, Ukuba yokuqinisekisa ixabiso elinamandla lemali angekhe ligxininiswe ngokungaphaya. Kule meko, kusemqoka ukuba uLawulo lwezeMali lubengumgcini wolwazi lwezemali oluluncedo ukwenza izigqibo zantsukuzonke ezifunekayo ukuqinisekisa ukunikezwa kweenkonzo kuwonkewonke jikelele aluguquguquki ngexabiso lemali zeemfuno ezibekelwe abasebenzi bakarhulumente.

Kule meko, ilungu loLawulo lezeMali lakunyusa iisistim zolwazi ukuqinisekisa ukungaguquguquki, ubunyaniso kwanokuchaneka kulwazi olunikwe abathathi zigqibo likwanciphisa iindleko zombuso. Kufanele kuqatshelwe ukuba ixabiso lemali ayibobutyala kubulunga kuloko igxininisa ekubeni ulawulo lwemigangatho ephezulu iyakhuthazwa.

**Ukuqinisekisa uwiso-mthetho lwezemali kunye nobume bomgaqo-nkqubo apho iinkqubo ezifanelekileyo nezisebenzayo zinokumiliselwa lisebe**

Ukuthobela izithethe nemigangatho yezemali kubaluleke kakhulu ekuphumeleleni imigangatho yolawulo lombutho kawonkewonke ngokubanzi. Kule meko, iSebe liphuhlise iNcwadana yokuFundisa ngezeMali apho yonke imiyalelo ithe yahlanganiswa yashwankathelwa. Izigxeko-ncomo zonyaka kunye namahlolo afanelekileyo oxwebhu lomgaqo-nkqubo abalulekile ukuqinisekisa ukuba incwadana yokufundisa ihlala iluxwebhu elisebenziseka kalula ekunokubhekiselwa kulo elimilisekelayo kwiSebe nelinika isakhiwo esivakalayo sowiso-mthetho lwezemali.

Isindululo neyona njongo yesimo somgaqo-nkqubo wolawulo lwezimali lwecandelo likarhulumente, nangona ikhangeleka inzima yeyokuvumela ukwenziwa ngokusebenzayo, ngokuthembeka, kusongiwa, kucacile kwaye nokuphenduleka kwemigaqo-nkqubo kwezona nkqubo eziyakuxhasa uhanjiso lweenkonzo. Isisekelo somgaqo-nkqubo wesikhokelo, iNcwadana yokuFundisa ngezeMali ijolise ekuphumeleliseni oku. Inkqubo yokusebenza kukukhupha ungenelelo lwezoqeqesho kunyaka wonke, ibe yenzelwe ngokwemiba ekhoyo yangoku ekuthi iSebe lihlangabezane nazo kwaye lifuna ukuxhobisa abasebenzi bohanjiso lweenkonzo beSebe.

**Ukuqinisekisa ukuba iSebe likwisimo esifanelekileyo sokuhlangabezana nolawulo lwalo lwezemali nemigangatho yolawulo**

Iyunithi yoLawulo lwezeMali iyakuqinisekisa ukuba uqeqesho olwakhiweyo kunye nenkqubo yokuvelisa izakhono iyafezekiswa ukuze abasebenzi babenako ukwenza umsebenzi. Iinkqubo zoqeqesho kufuneka ziqeqeshe abasebenzi ngokwemimiselo yolawulo lwezemali kunye nezakhono ezibambekayo kananjalo neendlela zokubanako kwesi sicwangciso-buchule ukuze zibeyimpumelelo.

Kwangokufanayo, abasebenzi boLawulo lwezeziMali kufuneka babe nolwazi olululo lweeprojekti zonke neenkqubo ezikwiSebe ukuze bakwazi ukunika inkxaso engcono esebenzayo. Kwakhona, ngenxa yokhuphiswano oluthe xhaxhe lobume lolawulo lwezimali apho ubuchule nezakhono ziye zinqabe iyunithi yoLawulo lwezeziMali kufuneka liqinisekise uqeqesho lwabasebenzi nkalo zonke oluyakuthi luvumele ukugcinwa kwamandla obulumko, ubuchule nokuthembeka kwamalungu abasebenzi.

Inyathelo elithe xhaxhe eliyakuthi lithathwe kukuphuhlisa abasebenzi ukuqonda nokunonophela uxanduva lwabo lentlalo kuluntu ngokubanzi. Umiliselo lwesi sicwangciso-buchule sakuthi senziwe ngendlela yokuvolontiya kwazo zombini ixesha kunye neenzame kwimibutho edinga eneemfuno.

- Ukuvolontiyela ixesha neenzame kungokha amaqela omeleleyo yaye kukhuthaze ukusebenza kunye njengamaqela
- Abasebenzi bangalibona ifuthe ngqo lomsebenzi wabo owenziweyo yaye okokugqibela
- Abasebenzi bangayibona imfuno, isizathu sokwenza umsebenzi abawenzayo yaye ngubani owufuna ngamandla.

### 7.3.3 Izijoliso zenjongo yesicwangciso sobuchule sonyaka wama-2018/19

| Isikhombisi seSiphumo | Indlela ephicothiweyo/eyinyani ekuqhutywe ngayo | | | Indlela yokuqhuba eqikelelwayo | Iithagethi zekota ephakathi | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | 2014/15 | 2015/16 | 2016/17 | 2017/18 | 2018/19 | 2019/20 | 2020/21 |
| ULuvo loPhicotho-zincwadi olufunyenwe kwiAGSA ukuhlonipha unyaka-mali ophelileyo. | ULuvo loPhicotho-zincwadi olunga-Fanele-kanga | ULuvo loPhicotho-zincwadi olunga-Fanele-kanga | ULuvo loPhicotho-zincwadi olunga-Fanele-kanga | ULuvo loPhicotho-zincwadi olunga-Fanele-kanga | ULuvo loPhicotho-zincwadi olunga-Fanele-kanga | ULuvo loPhicotho-zincwadi olunga-Fanele-kanga | ULuvo loPhicotho-zincwadi olunga-Fanele-kanga |

### 7.3.4 Izijoliso zenjongo yesicwangciso sobuchule sonyaka wama-2018/19

| | Isikhombisi senkqubo ekuqhutywe ngayo Isikhombisi sesiPhumo | Indlela ephicothiweyo/eyinyani ekuqhutywe ngayo | | | Indlela yokuqhuba eqikelel-wayo | Iithagethi zekota ephakathi | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | | 2014/15 | 2015/16 | 2016/17 | 2017/18 | 2018/19 | 2019/20 | 2020/21 |
| **Inkqubo enganeno: ULawulo lwezeMali** | | | | | | | | |
| 1.1 | Inkqubo yokwenza iintlawulo kubatyalwa kwiintsuku ezingama-30 | Intlawulo kubatyalwa kwiintsuku zokuseben-za ezinga-ma-30 | Intlawulo kubatyalwa kwiintsuku ezili-17.12 | Intlawulo kubatyalwa kwiintsuku ezili-17.26 | Intlawulo kubatyalwa kwiintsuku ezinga-ma-30 | Intlawulo kubatyalwa kwiintsuku ezinga-ma-30 | ntlawulo kubatyalwa kwiintsuku ezinga-ma-30 | Intlawulo kubatyalwa kwiintsuku ezinga-ma-30 |
| 1.2 | Ipesenti yeebhidi ezenziwe kwiintsuku ezingama-60 (Inani leebhidi ezenziwe kwiintsuku ezingama-60/itotali yenani leebhidi) | - | - | - | 70% | 70% | 80% | 80% |
| 1.3 | Inkcitho eyongezelelekileyo ngengepesenti yohlahlo-mali (Ink-citho yokwenyani/ Uhlahlo-mali olu-lungelelanisiweyo | 99.71% | 97.41% | 97.58% | 98% | 98% | 98% | 98% |
| 1.4 | Inani lwamangenelelo ezezimali asebenzayo amiliselweyo | 9 | 5 | 4 | 4 | 4 | 4 | 4 |
| 1.5 | Inani leeseshoni zencwadi yoqeqesho ngezezimali ezenziweyo | 20 | 14 | 21 | 12 | 12 | 12 | 12 |

### 7.3.5 Iithagethi zowama-2018/19

| Imveliso yesikhombisi sendlela ekuqhutye ngayo | | Ithuba lengxelo | Iithagethi zonyaka wama-2018/19 | Iitagethi zekota | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | | | | 1st | 2nd | 3rd | 4th |
| **Inkqubo enganeno: ULawulo lwezeMali** | | | | | | | |
| 1.1 | Inkqubo yokwenza iintlawulo kubatyalwa kwiintsuku ezingama-30 | Ngekota | Intlawulo kubaty-alwa kwiintsuku ezinga-ma-30 | Intlawulo kubatyalwa kwiintsuku ezingama-30 | Intlawulo kubatyalwa kwiintsuku ezingama-30 | Intlawulo kubatyalwa kwiintsuku ezingama-30 | Intlawulo kubatyalwa kwiintsuku ezingama-30 |
| 1.2 | Ipesenti yeebhidi ezenziwe kwiintsuku ezingama-60 (Inani leebhidi ezenziwe kwiintsuku ezingama-60 inani elipheleleyo leebhid | Ngonyaka | 70% | - | - | - | 70% |
| 1.3 | Inkcitho eyongezelelekileyo njengepesenti yohlahlo-mali (Inkcitho yenyani/uhlahlo-mali olulungelelanisiweyo) | Ngonyaka | 98% | - | - | - | 98% |
| 1.4 | Inani lwamangenelelo asebenzayo amiliselweyo | Ngonyaka | 4 | - | - | - | 4 |
| 1.5 | Inani leeseshoni zoqeqesho ngencwadana yezemali | Ngonyaka | 12 | - | - | - | 12 |

### 7.3.6 Ulawulo loMngcipheko

| Injongo yesiCwangciso sobuchule: Ukuphumeza nokugcina elona nqanaba liphezulu lolawulo lwezemali. | |
|---|---|
| **Inkcazo yoMngcipheko** | **Izicwangciso-buchule sokuThomalalisa uMngcipheko** |
| Ukungabinako ukuphumeza uluvo lophicotho-zincwadi olungasulungekanga ngenxa yezixhobo ezingenankcazelo ifunekayo okanye ezingasebenziyo kwiinkalo ezinomngcipheko omkhulu ezinje ngeeNtlawulo zoBonelelo, uLawulo lwezabaSebenzi nophicotho-zincwadi lweenjongo ezixelwe kwangaphambili noLawulo lweSixokelelwano seZabasebenzi ngenxa yemeko yolawulo olungasebenziyo okanye olungafanelekanga. | Ukuvunywa kweNcwadana yokuFundisa yeZimali yeSebe nothunyelo lwabasemagunyeni kwanokugcinwa rhoqo ngonyaka.<br><br>UPhicotho-zincwadi lolawulo lwangaphakathi kwiiNtlawulo zotshintshelo, iinjongo ezixelwe kwangaphambili, iinkcazelo zezimali, iimvumelwano, noLawulo lweSixokelelwano seZabasebenzi;<br><br>Uludwe lweNtengiselwano;<br><br>Iqela elinikwe umsebenzi woLawulo lwezeziMali zeeNtlawulo eziThunyelwayo kunye noLawulo lweSixokelelwano sezaBasebenzi;<br><br>Uqeqesho loLawulo lwezeziMali kwimisebenzi esemgceni ukuqinisekisa ukusebenza ngokukuko;<br><br>Uqeqesho lwabasebenzi boLawulo lwezeziMali ukuqiniekisa ukusebenza okukuko.<br><br>Iinkqubo ezisebenzayo ezisemgangathweni ezihlaziywa qho ngonyaka njengoko kufuneka;<br><br>Usungulo lweKomiti yoLawulo lweSebe ukuqinisekisa ukwakhiwa kolawulo oluvakalayo;<br><br>Isicwangciso sokweNza soMphicothi-ncwadi Jikelele ukujonga nokulawula zonke iindawo zomngcipheko ophezulu eziphicothekayo ukuqinisekisa uluvo lophicotho-zincwadi olungasulungekanga. |

## 7.4 Inkqubo enganeno 1.3: Iinkonzo zezoShishino

**Isimo soBume sokuPhumelelisa iNdlela yokuSebenza**

Ilungu leeNkonzo zezoShishino liquka uNxulumano lweeNkonzo zezoShishino, uNxibelelwano lweSebe ukuQwalasela kweNdlela iSebe eliQhube ngayo kunye noLawulo loLwazi.

### 7.4.1 Inkonzo yoNxibelelwano leSebe

Eyona njongo ingundoqo yeYunithi yoNxibelelwano kukunxibelelana ngokukuko ngemisebenzi yeSebe. Iyunithi inikeza inkonzo yenkxaso ngokusisiseko kwiSebe lonke liphela nanjengoko ixhasa iimpumezo zeziphumo zesicwangciso sobuchule seSebe. Ukuphelisa oku, iYunithi ithabatha inxaxheba kwiikomiti ezininzi zesicwangciso sobuchule ukufumana ulwazi oluthe ngqo nokuqinisekisa ukuba amaphulo onxibelelwano eSebe ayahambelana nemigaqo-nkqubo yonxibelelwano loRhulumente weNtshona Koloni.

Nangona kunjalo, kubalulekile ukuqaphela ukuba unxibelelwano olusebenzayo aluthethi nje unxibelelwano olulodwa lwabasebenzi bonxibelelwano nanjengoko amagosa eSebe edlala indima enkulu kwiinzame zonxibelelwano lweSebe.

Izicwangciso zonxibelelwano zeenkqubo namaphulo athile aphuhlisiwe atyikitywa ngabasemagunyeni abafanelekileyo. Ezi zicwangciso zonxibelelwano lweSebe zinyanzelwa ziinqobo ezisisiseko sokuvuleleka, zobukrelekrele nokuthabatha inxaxheba.

Ngapha koko, iinjongo zezi zicwangciso ku:

- Kwazisa uluntu ngemigaqo-nkqubo yeSebe, iinkonzo, iinkqubo kunye namaphulo;
- Kwenza ulwazi malunga nemisebenzi yeSebe ukuba ifikeleleke ngokubanzi;
- Kudibana nezemfundo kunye nokugunyazisa abaninizabelo ukuba bathabathe inxaxheba kwizicwangciso namaphulo eSebe;
- Kwenza abahlali babenolwazi ngamalungelo abo; kunye
- Nokunika ingxelo nokubonisa inkqubela-phambili yeSebe nokwakha ukuqonda kokuba "usebenza kanjani urhulumente"

Ukwanda kwemfuno yokuba iSebe lihambise inkonzo yonxibelelwano esebenzayo inyanzelisa iSebe ukuba libenofikelelo kwimigangatho yokwenza ebalaseleyo nokuba yingcali kwiinkonzo zonxibelelwano ukukhuthaza ukuhanjiswa kweenkonzo.

Iyunithi iyakunika ubunye ekunxibelelaneni ngamaphulo eSebe, iimpulemelo kunye nemiceli-mngeni kubanxusi bangaphakathi nabangaphandle kwakunye nabaninizabelo.

Isebe liphuhlisa iintshukumo ukukhuthaza uqoqosho oluzinzileyo, olukhulayo, olufunxa imisebenzi nolunokhuphiswano. Iyunithi iyakunika unxibelelwano olusebenzayo nolufanelekileyo ndawonye neenkonzo zentengiso kwiSebe nakubaninizabelo ngemisitho, ngencwadi ezipapashwayo, ufikelelo kulwazi olusekelwe kwiwebhu nakwezinye iindlela zemidiya.

Isicwangciso sonxibelelwano sijolise eku:

- Qinisekiseni ukuba unxibelelwano phakathi kwiSebe lulawulwa ngendlela ecacileyo, eququzelweyo nengaguquguqukiyo ukuvumela incoko esebenzayo kubemi bakarhulumente;
- Nikeni ukufana ekunxibelelaneni ngemiyalezo yeSebe, ngamaphulo, ngeempumelelo nangemiceli-mngeni;
- Nikeni iinkonzo ezisebenzayo zonxibelelwano zangaphakathi nangaphandle;
- Qinisekiseni ukuqhuba kwencoko phakathi kweSebe kunye nabaninizabelo balo.

#### 7.4.1.1 Iinjongo zesiCwangciso soBuchule

| | |
|---|---|
| **Injongo yesiCwangciso sobuchule** | Ukwazisa ngokufanelekileyo nokugunyazisa abaninizabelo beSebe ngokunika ufikelelo kunye noqhagamshelwano kwimisebenzi yeSebe ngamaphulo onxibelelwano ehambelana neemfuno ezinesicwangciso sobuchule soNxibelelwano loRhulumente weNtshona Koloni. |
| **Inkcazo eneNjongo** | Ukuphuhisa izicwangciso zonxibelelwano ezi-5 ngowama-2020 |
| **Isiseko** | isicwangciso sonxibelelwano sowama-2017/18; amaphulo ama-6 ngowama-2017/18 (uthekelelo) |

### 7.4.1.2 Izijoliso zenjongo yesicwangciso buchule sonyaka wama-2018/19

| Isikhombisi seSiphumo | Indlela ephicothiweyo/eyinyani ekuqhutywe ngayo | | | Indlela yokuqhuba eqikelel-wayo | Iithagethi zekota ephakathi | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | 2014/15 | 2015/16 | 2016/17 | 2017/18 | 2018/19 | 2019/20 | 2020/21 |
| IsiCwangciso soNxibelelwano lweSebe esibekelwe ukuqinisekisa unxibelelwano olusebenzayo | - | - | 1 | 1 | 1 | 1 | 1 |

### 7.4.1.3 Izijoliso zenjongo yesicwangciso buchule sonyaka wama-2018/19

| Isikhombisi senkqubo ekuqhutywe ngayo Isikhombisi sesiPhumo | | Indlela ephicothiweyo/eyinyani ekuqhutywe ngayo | | | Indlela yokuqhuba eqikelel-wayo | Iithagethi zekota ephakathi | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | | 2014/15 | 2015/16 | 2016/17 | 2017/18 | 2018/19 | 2019/20 | 2020/21 |
| **Unxibelelwano lweSebe** | | | | | | | | |
| 1.1 | Inani lemisitho yekhalenda yesebe ephuhlisisweyo nehlaziyiweyo | - | - | - | 1 | 1 | 1 | 1 |
| 1.2 | Inani lamaxwebhu asesikweni aguquliweyo | 29 | 29 | 14 | 20 | 10 | 10 | 10 |
| 1.3 | Inani lamaphulo onxibelelwano axhasiweyo | - | - | 21 | 7 | 8 | 8 | 8 |

### 7.4.1.4 Iithagethi zeKota yowama-2018/19

| Imveliso yesikhombisi sendlela ekuqhutye ngayo | | Ithuba lengxelo | Iithagethi zonyaka wama-2018/19 | Iithagethi zekota | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | | | | 1st | 2nd | 3rd | 4th |
| **Unxibelelwano lweSebe** | | | | | | | |
| 1.1 | Inani lemisitho yekhalenda yeSebe ephuhlisiweyo nehlaziyiweyo | Ngonyaka | 1 | - | - | - | 1 |
| 1.2 | Inani lamaxwebhu asesikweni aguquliweyo | Ngekota | 10 | 2 | 3 | 3 | 2 |
| 1.3 | Inani lamaphulo onxibelelwano axhasiweyo | Ngekota | 8 | 2 | 2 | 3 | 1 |

### 7.4.1.5 Ulawulo loMngcipheko

| Injongo yeCwangciso sobuchule: Ukwazisa nokuxhobisa amahlakani eSebe ngokunikezela ngokeleleko noqhagamshelwano kwimisebenzi yeSebe ngayo imisebenzi yonxibelelwano eyayanyaniswe nobaluleko lwesicwangciso sonxibelelwano kuRhulumente weNtshona Koloni. | |
|---|---|
| **Inkcazo yoMngcipheko** | **IziCwangciso-buchule zokuThomalalisa uMngcipheko** |
| Unxibelelwano olungekho mgangathweni ngenxa yokungabikho ngokwaneleyo kwamandla ezemisebenzi ukunikezela ngeenkonzo eziyimfuneko. | Unxibelelwano olungekho mgangathweni Ngenxa yokungabikho ngokwaneleyo kwamandla ezemisebenzi ukunikezela ngeenkonzo eziyimfuneko. Uqeqesho kunye nokuqesha ukugcwalisa izithuba zengqesho ezingenamntu. |
| Isidima seSebe singabasemngciphekweni ukuba ulwazi olungafanelekanga okanye ulwazi olungachanekanga lukhutshiwe. | Ucholacholo lwezendaba luqhutywa ngendlela enye esembindini neyingcaphephe (Igosa loNtsebenziswano nabeeNdaba kwiCandelo lobuPhathiswa) ukuqinisekisa ukungaguquguquki nolawulo olunobulunga kwiimpendulo. |

#### 7.4.2 33 UkuQwalaselwa kweNdlela iSebe eliQhuba ngayo

**Isimo soBume sokuPhumelelisa iNdlela yokuSebenza**

Ngokulungelelwaniswa nesakhiwo somgaqo-nkqubo karhulumente olawula Im&e, injongo yekota ephakathi yeYunithi kukufakwa kwiziko kwesistim yeSebe 'iM&E ', nanjengoko kuchaziwe kubume neGWM&ES (2007), njenge "sethi yezakhiwo zombutho, iinkqubo zolawulo, imigangatho, izicwangciso-buchule, izicwangciso, izikhombisi, izixokelelwano zolwazi, imizila yengxelo noxanduva lonxulumano oluvumela isebe ukuba likhulule imisebenzi yalo yeM&E ngokufanelekileyo."

Oko kwangowama-2015/16 unyino lohlahlo-mali laba nempembelelo iSebe ekwafuneka lilijolise ngqo kwakhona ubutyebi balo bezoqoqosho kwezo nkqubo zibonakala zinokubanako ukunikezela isigunyaziso sezoqoqosho.

Yaye exesheni ngowama-2017 kubekwe phambili imbalela njengesona sigrogriso soyikekayo, kuthekelelwa ukuba ugxininiso olumandla nokubuyisela ubutyebi kuyadingeka ukuba bungqaliswe kweli nyathelo liphambili kowama-2018/19 nangaphaya.

#### 7.4.2.1

#### 4.2.1 Iinjongo zesiCwangciso sobuchule

| | |
|---|---|
| **Injongo yesiCwangciso sobuchule** | UHlolo noVavanyo olujoliswe kwiziPhumo nokulinganiselwa kwezicwangciso zokuphunyezwe liSebe, iinkqubo kunye neeprojekthi zokwenza ingqiqo yokusebenza kunye nempembelelo yophuhliso loqoqosho nemigaqo-nkqubo kunye nemiba ephambili. |
| **Inkcazo eneNjongo** | Ukuhambisa iinkonzo, ukuququzelela nokugcina iziphumo zokuphendula ngokweemfuno zenkqubo ye'M&E' kwiSebe ngokugcina umgangatho we-M&E kwinqanaba 4 (M&E), kuhanjiso lweengxelo ezili-10 zoqwalaselo, iingxelo ezili-10 zovavanyo, ukugcina 'inkqubo yeM&E yeSebe' nokunika inkxaso yeenkonzo zobuchule bobugcisa ze-M&E kubaphathi benkqubo kunye neprojekthi. |
| **Isiseko** | 2014/15: ''M&E system" via MPAT: M&E Level 4 "iisistim zeM&E" ngeMPAT: Inqanaba 4 le-M&E.<br>2014/15: 20 Evaluation Reports. Iingxelo zoHlolo.<br>2014/15: 44 Monitoring Reports. Iingxelo yokuQwalaselwa. |

#### 7.4.2.2 Izijoliso zenjongo yesicwangciso buchule sonyaka wama-2018/19

| Isikhombisi seSiphumo | Indlela ephicothiweyo/eyinyani ekuqhutywe ngayo | | | Indlela yokuqhuba eqikelelwayo | Iithagethi zekota ephakathi | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | 2014/15 | 2015/16 | 2016/17 | 2017/18 | 2018/19 | 2019/20 | 2020/21 |
| Isistim esebenzayo yeM&E ukulungelelanisa imigangatho kazwelonke/ yephondo. | MPAT: Inqanaba 4 leM&E | MPAT: Inqanaba 4 leM&E | MPAT: Inqanaba 4 leM&E | MPAT: UkuQwalaselwa kweNqanaba 4 nokuHlolwa kweNqanaba 2 | MPAT: UkuQwalaselwa kweNqanaba 4 nokuHlolwa kweNqanaba 2 | MPAT: UkuQwalaselwa kweNqanaba 4 nokuHlolwa kweNqanaba 3 | MPAT: UkuQwalaselwa kweNqanaba 4 nokuHlolwa kweNqanaba 3 |

#### 7.4.2.3 IsiCwangciso sokuPhumeza:

Iikhomponenti ezilandelayo zesistim yeM&E yeSebe zakubekwa phambili kunyaka wama-2018/19:

**Ukuqwalasela nokwenza ingxelo ngendlela ekuqhutywe ngayo**

Ngonyaka wama-2018/19, iSebe lijolise ekubeni ligunyazise ukwenziwa kwesifundo seminyaka emininzi, esinzulu nesihlolayo seNkqubo yeZikolo iJava;inkqubo yesicwangciso sobuchule esimiliselwe kulwahlulo loPhuhliso lweZakhono ngenkxaso yezemali evela kuLawulo lwezaMafa ePhondo. Olu hlolo lwenzelwe ukuba lugqitywe kwizigaba ezibini, kwiminyaka yawama-2018/19 nama-2019/20 ngemveliso yexesha eladlulayo uyilo lohlolo lowama-2019/20 laceba uhlolo, ukuhlola inkqubela-phambili neziphumo zenkqubi yezakhono kwinqanaba elisesiphakathini kokugqitywa.

Ukuhlolwa okungaphaya - imisebenzi yesistin iquka:

- Uhlolo lweSebe oluvunywe njengenxenye yeCebo loHlolo lwePhondo lowama-2018/19 (ngohlolo olucetyiweyo lwashwankathelwa ngasentla);
- Ukuvunywa kweCebo loHlolo lweSebe njengeceno leminyaka emininzi elishwankathela amahlolo ekujoliswe kuwo kwithuba lowama-2018/2019 ukuya kowama-2020/21; kunye
- Nokuthobela iimveliso neenkqubo zohlolo kwiSakhelo soMgaqo-nkqubo woHlolo lukaZwelonke (2011) kunye nezikhokelo ezinxulunyaniswayo.

**Ukuqwalasela nokwenza ingxelo ngendlela ekuqhutywe ngayo**

Iingxelo zoQwalaselo

KwiSebe kusokungakwazeki ukuhlola nazo naziphi na okanye zonke iinkqubo okanye iiprojekthi. Nanjengoko, iingxelo zoqwalaselo zisisixhobo apho abalawuli besebe benoku:

- Landa umkhondo weziphumo okanye iimpembelelo zeeprojethi zethu, xa kuthelekiswa nesiphumo okanye impembelelo zale ntetho.
- Landa umkhondo wendlela imisebenzi eqhutywa kakuhle ngayo kunye neembono ezisetyenziswe kuhanjiso lweziphumo zezimvo.
- Landa umkhondo weziphumo zeprojekthi kubaxhamli;
- Lola, ukuqiniseka ngohlobo lomgangatho, nokunika iingcebiso nokuqinisekisa ukufumaneka, ukufaneleka nokunyaniseka kweenkcukacha ezigciniweyo zomsebenzi ezifumaneke ngokuphunyezwa kweeprojekthi kunye neenkqubo.
- Lungiselela iiprojekthi namaphulo abekwisimo esilungele ukuhlolwa i.e. 'ukuhlolwa'.

Ngo-2017/18, ugqaliso olukhulu lweengxelo zoqwalaselo lusenokuqwalasela oku:

- Landa umkhondo wenkqubela phambili ye-PSG1 okanye iGame Changer – iinkqubo ezihlanganisiweyo, iiprojekthi okanye ukwenziwa kwamalungiselelo angundoqo naphambili okulungiselela uvavanyo ukusuka ngowama-2018/19
- Landa umkhondo wendlela isebe eliqhube ngayo ukwazisa okanye ukuxhasa ulawulo lweenkqubo;
- Ukuhlola ukuqwalaselwa kwedatha yeeprojekthi zesicwangciso sobuchule okanye amaphulo anezincomo ekufuneka ziphuculwe;
- Ukuxhasa imfuneko yokuqwalaselwa kweengxelo ezilanda umkhondo nokuhlalutya iziphumo ezinika inkcazelo okanye inkqubela phambili engundoqo nephambili yeSebe okanye yesigqeba solawulo.

Lo msebenzi uquka iYunithi iqalisa indima yokulawula ulwazi lwesistim yolawulo lwendlela iSebe eliqhuba ngayo ukuvelisa iQPR. Amaxanduva acacayo aquka:

- Ukuqokelela kwanokuhlanganisa ndawonye inkqubo yendlela ekuqhutywe ngayo kwiQPR yeSebe;
- Ukungqinisisa umthombo wedatha ukuqinisekisa ukuba ulwazi lwengxelo ekuqhutywe ngayo yayisemthethweni;
- imveliso ngexesha elililo lweQPR kunye neengxelo zendlela ekuqhutywe ngayo zokuphela konyaka:
- Ukufaka kuxwebhu nokurekhoda indlela yolwazi lwendlela ekuqhutywe ngayo ngekota ndawonye neenkqubo:
- Qho ngonyaka kuxhaswe iSebe ekuphicotheni ulwazi olungelolwemali lwendlela ekuqhutywe ngayo.

**Ulawulo lweMPAT – uhlolo lonyaka lweenkqubo zolawulo kumaSebe**

Iyunithi yeM&E inamaxanduva amabini angundoqo anxulumene neMPAT; okukuqala, ihambelana nothabatho nxaxheba lwesebe kuhlolo yaye okwesibini, isebenzisa amanqaku azuzwe kuqwalaselo nakuhlolo lwemigangatho yendlela ekuqhutywe ngayo njengesixhobo sokulinganisa isistim yalo yeM&E.

**Uphuhliso lweSikhombisi**

Isakhiwo sikaNondyebo laZwelonke seziCwangciso zoBuchule kunye neziCwangciso zeNdlela ekuQhutywe ngayo ngoNyaka zifuna amasebe, kwiiAPP zalo ukuchonga izikhombisi zendlela ukuqhutywe ngayo kunye neethagethi nanjengoko sifuna ukuphumeza. Iinkqubo zichonga yaye zonyule ezo zikhombisi zizezona zifanelekileyo kulinganiso lweziphumo zabo neenjongo zexesha elide ekuvunyelwene ngazo ngeenkqubo zocwangciso lwezoshishino.

Zakuba izikhombisi zivunyiwe kukhetho kwiAPP, iYunithi yeM&E izakuqhuba intlaninge yamahlolo kwizikhombisi ezicetyiweyo kuquka ukulungelelanisa, SMART kunye nokujonga indlela ezivakalayo zobugcisa enyakeni. Oku kwakuyiqukumbela imveliso nopapasho lweZikhombisi zeSebe (ngokuhlanganisa iNgxelo yoBugcisa beSikhombisi) ngeenjongo zokuba urhulumente athathe uxanduva lwewebhusayithi yesebe.

### 7.4.2.4 Izijoliso zenjongo yesicwangciso buchule sonyaka wama-2018/19

| Isikhombisi senkqubo ekuqhutywe ngayo Isikhombisi sesiPhumo | | Indlela ephicothiweyo/eyinyani ekuqhutywe ngayo | | | Indlela yokuqhuba eqikelelwayo | Iithagethi zekota ephakathi | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | | 2014/15 | 2015/16 | 2016/17 | 2017/18 | 2018/19 | 2019/20 | 2020/21 |
| **UkuQwalaselwa kweNdlela iSebe eliQhuba ngayo** | | | | | | | | |
| 1.1 | Inani leengelo zoqwalaselo | 6 | 4 | 1 | 2 | 2 | 1 | - |
| 1.2 | Ukucwangcisa, ukuMilisela nokuHlola uThabatho Nxaxheba lweSebe kwiMPAT | - | 1 | Ingxelo e-1 yophuculo lweMPAT | Ikhadi lamanqaku eSebe elivunywe yiAO ngowama-30 Septemba. | Ikhadi lamanqaku eSebe elivunywe yiAO ngowama-30 Septemba. | Ikhadi lamanqaku eSebe elivunywe yiAO ngowama-30 Septemba. | - |
| 1.3 | Iingxelo zekota zendlela ekuqhutywe ngayo ezifakiweyo | - | - | 4 Ngekota Iingxelo zendlela kuqhutywe ngayo ezifakiweyo | 4 Ngekota Iingxelo zendlela ekuqhutywe ngayo ezifakiweyo | 4 Ngekota Iingxelo zendlela ekuqhutywe ngayo ezifakiweyo | 4 Ngekota Iingxelo zendlela ekuqhutywe ngayo ezifakiweyo | 4 Ngekota Iingxelo zendlela ekuqhutywe ngayo ezifakiweyo |
| 1.4 | Isebe lipapasha iiNkcazelo zeSikhombisi soBugcisa ezivunyiweyo | - | - | - | Iingxelo zeSikhombisi zoBugcisa eziHlanganisiweyo ezifakiweyo | Ezipapashwe kwiwebhusayithi ngaphambi kowama-31 Matshi 2019 | Ezipapashwe kwiwebhusayithi ngaphambi kowama-31 Matshi 2020 | Ezipapashwe kwiwebhusayithi ngaphambi kowama-31 Matshi 2021 |
| 1.5 | Inani leengxelo zohlolo | - | - | - | - | 1 | 1 | - |

### 7.4.2.5 Iithagethi zekota yowama-2018/19

| Isikhombisi senkqubo ekuqhutywe ngayo Isikhombisi sesiPhumo | | Ithuba lengxelo | Iithagethi zonyaka wama-2018/19 | Iithagethi zekota | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | | | | 1st | 2nd | 3rd | 4th |
| **UkuQwalaselwa kweNdlela iSebe eliQhuba ngayo** | | | | | | | |
| 1.1 | Inani leengxelo zoqwalaselo | Kabini ngoNyaka | 2 | - | 1 | 1 | - |
| 1.2 | Cwangcisa, milisela yaye uhlole uthabatho nxaxheba lwSebe kwiMPAT | Kabini ngoNyaka | Ngexesha lokuhanjiswa kwenkonzo kuzo zozibini izigaba zoHlolo loNyaka | ISebe lingenisa iCebo leMpuculo yeMPAT zeDEDAT ngokuhlonipha uhlolo lonyaka ophelileyo | UHlolo lweSiqu lweMPAT oluvunywe yiHOD ngowama-30 Septemba | - | ISebe lingenisa imiceli-mngeni ngexesha lesigaba sokuThomalalisa iMPAT. |
| 1.3 | Iingxelo zendlela ekuqhutywe ngayo zekota ezifakiweyo | Ngekota | 4 Ngekota Iingxelo zendlela kuqhutywe ngayo ezifakiweyo | 1 | 1 | 1 | 1 |
| 1.4 | Isebe lipapasha iiNkcazelo zeSikhombisi soBugcisa ezivunyiweyo | Ngekota | Ezipapashwe kwiwebhusayithi ngaphambi kowama-31 Matshi 2019 | - | Uyilo lokuqala lweTIR 19/20 olufakiweyo | Uyilo lwesibini lweTIR olufakiweyo | Uyilo lwesithathu lweTIR olufakiweyo |
| 1.5 | Inani leengxelo zohlolo | Ngonyaka | 1 | - | - | - | 1 |

#### 7.4.2.6 Ulawulo loMngcipheko

| Injongo yesiCwangciso sobuchule: Iziphumo ezisekelwe kuqwalaselo, uhlolo kunye nolinganiso lokuphunyezwa kwezicwangciso-buchule, iinkqubo neeprojekthi ziqhutywa ukuze kumiselwe ukusebenza nefuthe lophuhliso lwemigaqo-nkqubo nemiba ephambili yoqoqosho. | |
|---|---|
| **Inkcazo yomngcipheko** | **Buchule Zokuthomalalisa Umngcipheko** |
| Ukunqongophala kokusebenza okupheleleyo kwesistim yeM&E kwiSebe. | Ukuqwalaselwa nokuhlolwa kweProjekthi iKhulisa kwenziwa yiManCom, iSteercom, iStocktake nePSG1.<br><br>Ukuqwalaselwa nokuhlolwa kweGame Changer kweziwa yiYunithi yeNkxaso yokuHanjiswa kweeNkonzo kwiSebe leNkulumbuso.<br><br>Ukuphanda ukubakho kwenkxaso ngemali ukwenzela ukunikezwa kweenkonzo zangaphandle zohlolo.<br><br>Uphando lweOD kwinkxaso yabasebenzi yesicwangciso sobuchule nomsebenzi (luquka uM&E). |

### 7.4.3 Inkqubo enganeno 5.3: Ulawulo loLwazi

**Isimo soBume sokuPhumelelisa iNdlela yokuSebenza**

Ukuhanjiswa, ukubanako ukulawula ulwazi nekulindelekileyo kuyaqhuba ukunyuka kukhutsho lweeprojekthi zeICT ezifuna uphunyezo kwiSebe, kuquka noLawulo lwePotifoliyo yezoShishino, uLawulo loMxholo wezoShishini, iSistim yoBukrelekrele bezoShishino, uLawulo lweProjekthi yezoShishino, Ithemba leNkqubo yezoShishino, uLawulo loMxholo we-Elekthronikhi kunye noLawulo lwaMaxwebhu.

Kukho uxinzelelo olumandla kwiSebe ukuba lilungelelanise imithombo yalo yolawulo lolwazi kwinkqubela phambili yesicwangciso sobuchule nobugcisa esiziswe yiPSG 1 kunye namaphulo eICT. Ndawonye neICT namaphulo eePSG 1, iinkqubo zikumanqanaba amaninzi olawulo lotshintsho kwiinkqubo zazo neenkqubo ezichaphazela ukuba ulwazi lulawulwa njani. Njengesiphumo, kukho imfuno yemithombo eyongezelelekileyo ukomeleza ukubanako ukunika imbonakalo kwiinjongo zolawulo lolwazi.

#### 7.4.3.1 Iinjongo zesiCwangciso sobuchule

| | |
|---|---|
| **Injongo yesiCwangciso sobuchule** | Ukomeleza ulawulo lwamaziko ukuphucula ukuhanjiswa kweenkonzo. |
| **Inkcazo eneNjongo** | Ukomeleza ulawulo lwamaziko ukwenzela uphuculo lokuhanjiswa kweenkonzo ngophuhliso lomthombo wolwazi ohlanganisiweyo ukuwubamba, ukuwugcina nokunikeza ufikelelo lolawulo lokufunda ngombutho. |
| **Isiseko** | 2015/16: Inkqubo yoLawulo lokuQulathwe kushishino. |

**Iinjongo**

Ukomeleza ulawulo lweziko kunye nolawulo lolwazi ukuphucula unikezelo ngeenkonzo ngokuphuhliswa nokugcinwa komthombo wolwazi ukuzuza, ukugcina nokunika ufikelelo kulwazi lweziko.

#### 7.4.3.2 Icebo lokuPhumeza

**Iziko loBonelelo ngeZixhobo eliSebenza ngokuPheleleyo**

Iziko loBonelelo ngeZixhobo lakunika iqonga yokuqokelela, ukugcina nokusasaza idatha yoqoqosho enyanisekileyo evela kuyo yonke imithombo yedatha yoqoqosho ekhoyo kwisistim ehlanganisiweyo. Iziko loBonelelo ngeZixhobo linikeza ufikelelo olulula kwidatha equlunqiweyo kubo bonke abasebenzi. Isenzo sokusasaza idatha sakwenziwa ngendlela yekhompyutha.

**Isistim eMiliselwe ngokuPheleleyo yoLawulo loMxholo wezoShishino**

Isistim yeyokuqinisekisa ukuba ulwazi lweziko lugcinwe kwisistim yolawulo lolwazi oluhlanganisiweyo nekufikeleleka ngokulula kulo yaye lwenziwa lafumaneka kwangexesha kubasebenzisi beSebe ngokusebenzisa umthombo woyilo ofanelekileyo, ukugcinwa kunye nobugcisa bokusasaza okunegalelo ekuphumezeni isigunyaziso sesicwangciso sobuchule seSebe.

Ngokunxulumene nomsebenzi walo wesistim yoLawulo loMxholo wezoShishino, iyunithi iyakugxila ekwakheni nasekomelezeni amaqonga nezixhobo apho ulwazi lugcinwe khona ngokwedijithali, lugcinwe yaye lunxulumene nabaninizabelo ngolawulo lofikelelo ngokowiso-mthetho.

Nanjengoko iECM iyakuba nolawulo lwerekhodi olusebenzayo, zonke iimfuno zolawulo lweerekhodi kwiECM zakuthi zimiliselwe ngokungqinelana nezikhokelo zolawulo lweerekhodi zephondo.

Inkumbulo eninzi yamaziko eDEDAT ikwiiprojekthi ezizilawulayo. Ulwazi lweprojekthi lugcinwe kwiBizProjects nakwisistim yeMyContent. Le nzame ehlanganisiweyo kuzo zozibini izicelo ezinqamlezileyo ibonisa impumelelo yomanyano lobugcisa ekuveliseni iSistim yoLawulo loMxholo wezoShishino oluhlanganisiweyo.

Ugxininiso lwakubekwa ekubeni iSebe libenako ukuvumela abasebenzi basebenzise isistim ye-ECM ngokusebenzayo.

**Ukwenza Lula Amathungelwano okuFunda**

Ulawulo loLwazi lwakwenza lula inani lamathungelwano okufunda. La mathungelwano ayakuthetha ngezihloko ezahlukeneyo ezigxile kwizixhobo zolawulo lolwazi ezikhoyo okanye kwizihloko ezinomdla.

#### 7.4.3.3 96 Izijoliso zenjongo yesicwangciso buchule sonyaka wama-2018/19

| Isikhombisi seSiphumo | Indlela ephicothiweyo/eyinyani ekuqhutywe ngayo | | | Indlela yokuqhuba eqikelelwayo | Iithagethi zekota ephakathi | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | 2014/15 | 2015/16 | 2016/17 | 2017/18 | 2018/19 | 2019/20 | 2020/21 |
| Ukugcinwa kwesistim esembindini wolawulo lolwazi ukuphumeza ulawulo lwedatha ye-elekhthronikhi nenkumbulo yamaziko | - | Iisistim ezisunguli-weyo | Ukugcinwa kweSistim ye-ECM (Ebizwa iMyCon-tent) | Ukugcinwa kwe-ECM | Ukugcinwa kwe-ECM | Ukugcinwa kwe-ECM | Ukugcinwa kwe-ECM |

#### 7.4.3.4 Izijoliso zenjongo yesicwangciso buchule sonyaka wama-2018/19

| Isikhombisi senkqubo ekuqhutywe ngayo Isikhombisi sesiPhumo | | Indlela ephicothiweyo/eyinyani ekuqhutywe ngayo | | | Indlela yokuqhuba eqikelel-wayo | Iithagethi zekota ephakathi | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | | 2014/15 | 2015/16 | 2016/17 | 2017/18 | 2018/19 | 2019/20 | 2020/21 |
| **Inkqubo enganeno: ULawulo loLwazi** | | | | | | | | |
| 1.1 | Ipesenti yeerekhodi zeSebe ezigcinwe kwiECM kwelo nani leerekhodi ezithe zafunyanwa | - | Ama-86% zeerekhodi ezifu-nyenweyo zagcinwa yaye zasa-sazwa | Ama-94% omxholo ogciniweyo wasasazwa kwiinkqubo (N = 1434) | Ama-85% zomxholo ogciniweyo walawulwa (N=2000) | Ama-90% zomxholo ogciniweyo walawulwa (N=2000) | Ama-90% zomxholo ogciniweyo walawulwa (N=2000) | Ama-90% zomxholo ogciniweyo walawulwa (N=2000) |
| 1.2 | Inani lamathungelwano okufunda enziwe lula | 4 | 5 | 4 | 4 | 4 | 4 | 4 |

#### 7.4.3.5 Ithagethi zekota yowama-2018/19

| Isikhombisi senkqubo ekuqhutywe ngayo Isikhombisi sesiPhumo | | Ithuba lengxelo | Iithagethi zonyaka wama- | Iithagethi zekota | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | | | | 1st | 2nd | 3rd | 4th |
| **Inkqubo enganeno: ULawulo loLwazi** | | | | | | | |
| **Sector Specific indicators** | | | | | | | |
| 1.1 | ISistim yoLawulo loMxholo wezoShishino omiliselweyo kunye nedatha egciniweyo | Ngonyaka | Ama-90% omxholo ogciniweyo nosasaziweyo (N=2000) | - | - | - | Ama-90% omxholo ogciniweyo nolawulwayo (N=2000) |
| 1.2 | Inani lamathungelwano okuFunda enziwe lula | Ngekota | 4 | 0 | 1 | 1 | 2 |

#### 7.4.3.6 Ulawulo loMngcipheko

| Injongo yesicwangciso sobuchule: Ukomeleza ulawulo lwamaziko ukuphucula ukuhanjiswa kwenkonzo | |
|---|---|
| **Inkcazo yomngcipheko** | **IziCwangciso zoBuchule Zokuthomalalisa Umngcipheko** |
| Ukusilela kweenkqubo zolawulo lolwazi olusembindini olunyanisekileyo (ukugcinwa nokusasazwa) okukhokelela kulwazi lwengqiqo/lweziko olungagcinwanga okanye olungasetyenziselwanga inzuzo yeSebe. Oku kukhokelela ekuphulukaneni nenkumbulo yeziko. | Ukumiliselwa kweesistim kunye neenkqubo ezibeka embindini ingqiqo yoqoqosho nezenza lula ulawulo lolwazi kunye nenkumbulo yeziko. |

### 7.5 Ukuhlanganiswa kweethagethi zendlela ekuqhutywe ngayo noHlahlo-mali kunye neMTEF

### 7.5.1 Uqikelelo lweNkcitho-mali

| Inkqubo enganeno | Ephicothiweyo | | | Ulwabiwo olungundoqo | Ulwabiwo olulungelelanisiweyo | Uqikelelo oluqwalaselweyo kwakhona | Inkcitho-mali yekota ephakathi | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| R'000 | 2014/15 | 2015/16 | 2016/17 | 2017/18 | 2017/18 | 2017/18 | 2018/19 | 2019/20 | 2020/21 |
| 1. Iofisi yeHOD | 2 221 | 5 423 | 7 417 | 7 297 | 5 926 | 5 959 | 16 056 | 15 738 | 15 969 |
| 2. Ulawulo lwezeziMali | 24 714 | 24 847 | 26 714 | 32 639 | 32 323 | 32 189 | 36 419 | 37 653 | 41 472 |
| 3. Iinkonzo zezoShishino | 8 594 | 10 606 | 17 525 | 21 110 | 20 053 | 20 154 | 12 746 | 11 609 | 11 616 |
| **Itotali yeentlawulo kunye noqikelelo** | **35 529** | **40 330** | **51 656** | **61 046** | **58 302** | **58 302** | **65 221** | **65 000** | **69 057** |
| **Uhlelo loQoqosho R'000** | | | | | | | | | |
| **Iintlawulo zangoku** | **32 713** | **36 666** | **49 421** | **57 633** | **53 839** | **53 797** | **61 719** | **62 780** | **66 715** |
| Iintlawulo zangoku | 18 836 | 22 264 | 33 492 | 39 031 | 35 902 | 35 902 | 43 809 | 47 028 | 50 167 |
| Iimpahla neenkonzo | 13 877 | 14 402 | 15 929 | 18 602 | 17 937 | 17 895 | 17 910 | 15 752 | 16 548 |
| **Utshintshiselwano neenkxaso** | **41** | **16** | **35** | **2** | **27** | **56** | **2** | **2** | **2** |
| Amaphondo noomasipala | | | | | | | | | |
| Iiarhente neeakhawunti zesebe | 1 | 1 | 3 | 2 | 3 | 3 | 2 | 2 | 2 |
| Iidynivesithi neeteknikhoni | | | | | | | | | |
| Oorhulumente bamazwe angaphandle kunye nemibutho yamazwe ngamazwe | | | | | | | | | |
| Amashishino karhulumentekunye namashishini abucala | | | | | | | | | |
| Amaziko angenzi ngeniso | | | | | | | | | |
| Izindlu | 40 | 15 | 32 | | 24 | 53 | | | |
| **Utshintshiselwano neenkxaso kushishino** | | | | | | | | | |
| Iakhawunti yoRhwebo ngeMoto kuRhulumente | | | | | | | | | |
| **Iintlawulo kunye neeasethi zoshishino** | **2 755** | **3 648** | **2 125** | **3 411** | **4 385** | **4 398** | **3 500** | **2 218** | **2 340** |
| Izakhiwo kunye nezinye izakhiwo ezikhuselweyo | | | | | | | | | |
| Iimatshini kunye nezixhobo | 2 754 | 3 488 | 2 123 | 3 311 | 3 793 | 3 806 | 3 500 | 2 218 | 2 340 |
| Iiasethi zeNkcubeko | | | | | | | | | |
| Iiasethi zengcali zomkhosi | | | | | | | | | |
| Iiasethi zebhayoloji | | | | | | | | | |
| Umhlaba kunye neeasethi zomhlaba ongaphantsi | | | | | | | | | |
| Isoftiwe kunye nezinye iiasethi ezingabambekiyo | 1 | 160 | 2 | 100 | 592 | 592 | | | |
| **Iintlawulo kunye neeasethi zezemali** | **20** | | **75** | | **51** | **51** | | | |
| **Itotali yohlelo lwezoqoqosho** | **35 529** | **40 330** | **51 656** | **61 046** | **58 302** | **58 302** | **65 221** | **65 000** | **69 057** |

## 8. INKQUBO 2: IINKONZO ZOPHUHLISO LOQOQOSHO EZIHLANGANISIWEYO

### 8.1 Injongo

Ukukhuthaza nokuxhasa ubume bemeko yeshishini enako ukudala amathuba ohlumo nemisebenzi.

### 8.2 Ulwakhiwo lwenkqubo

**Inkqubo yakhiwe ngolu hlobo:**

- **Inkqubo enganeno 2.1: Uphuhliso lwezoshishino**
  Ukubanegalelo ekudaleni ubume bemeko evumela ushishino oluxhobisa amashishini amancinci kunye noosomashishini abasakhasayo ukuba aphuhliseke yaye akhule.
- **Inkqubo enganeno 2.2: Uphuhliso loQoqosho loMmandla nolweNgingqi**
  Ukunika inkxaso ekuphuculeni iinkonzo zoshishino ingingqi ejongene nazo nenegalelo ekudaleni ubume bemeko evumela ushishino kwinqanaba likamasipala.
- **Inkqubo enganeno 2.3: Ugunyaziso loQoqosho**
  Ukwenza lula inkqubo yokugunyazisa nokudala ubume bemeko evumela ushishino lweePDI.
- **Inkqubo enganeno 2.4: Ukuncitshiswa kweMiqobo**
  Ukuphucula ubume bemeko yezoshishino ngokunciphisa umthwalo wolawulo lwamashishini ngowiso-mthetho oluphuculiweyo, neenkqubo kwanonxibelelwano.
- **Inkqubo enganeno 2.5: Ulawulo: Iinkonzo zoPhuhliso loQoqosho eziHlanganisiweyo**
  Ukuqhuba ulawulo lulonke nenkxaso yolawulo kwinkqubo.

### 8.3 Isimo soBume sokuPhumelelisa iNdlela yokuSebenza

Ingxoxo esezidlangalaleni kwimigaqo-nkqubo yezoqoqosho igqalise kakhulu kwimilinganiselo yemali karhulumente (umz. inkcitho kumaziko akhoyo), ungenelelo lwezimali, iinkqubo zentlalo-ntle nezinye izixhobo ezibonakalayo nezikumgangatho ophezulu zamanyathelo karhulumente. Kananjalo, xa uqoqosho lusebenza ngokufanelekanga, ingaba kwingxenye zamaziko ethu engxoxo iyimfuneko na okanye hayi imali karhulumente, nokuba ingaba kufuneka imali yokuhlawula amatyala okanye ukuqiniswa okanye ukwenza izinto zibelula okanye ingaba iinkqubo zentlalo-ntle ziye zanda kakhulu okanye khange zibe naxabiso kakhulu. Yeyiphi eyona ithi ifumane ingqwalasela enganeno kodwa ngokulinganayo, kwaye kwezinye iimeko ibaluleka kakhulu kwimpumelelelo okanye ekuphanzeni koqoqosho kwaye zezona ntsika zigcina uqoqosho lomelele kwanokutywina okuza nazo.

Imithetho neenkqubo ethi ixele ubulula bokuba ishishini lingaqalwa kwaye livalwe njani, ukusebenzeka ekuthi urhulumente (kwiinkalo zonke) aphendule kumaphulo ophuhliso nokukhula kweziko labucala, ukusebenza kwemithetho yolawulo karhulumente, njl. njl., yonke yimizekelo yeentsika nezithi zingafane zibonakale. Ukungasebenzi kakuhle kwazo kungashukumisa inkqubela yezoqoqosho kubangele ukungasebenzi kakuhle kwezixhobo zemigaqo-nkqubo yezoqoqosho karhulumente.

Ukukhuthaza umdla weziko labucala namashishini esenza utyalo-mali, kudalwa imisebenzi kwaye kuphuculwa ingeniso kwaye kunyuswa ukhulo nokwandisa amathuba, oorhulumente kwihlabathi jikelele benze uthotho lotshintsho neenguqu ezithe xhaxhe, kuquka nokukhululeka kwamaxabiso nozinzo lweenkqubo ezinkulu zoqoqosho. Kodwa ke, oorhulumente bazibophelela kuqoqosho oluphilileyo lwelizwe labo nokufumana amathuba kwabemi balo nagqalise kakhulu nangaphezulu kwiimeko zoqoqosho olukhulu. Bakwaqwalasela nemithetho esemgangathweni, imimiselo namalungiselelo eziko abumba imisebenzi yezoqoqosho yemihlangemihla, ngenxa yokuba ezi zinefuthe ngokuthe ngqo kwisimo soshishino nakwimeko yoqoqosho. Ngoko ke, ukuphucula isimo okanye imeko yoshishino nalapho kuthe kule minyaka yakutshanje yaba ngumba obalulekileyo kwingxoxo zehlabathi liphela malunga nophuhliso lwamaziko abucala.

Eyona njongo iphambili yomgaqo-nkqubo karhulumente kukulawula isimo semimiselo ukuze kugcinwe amaxabiso alo mimiselo ekumyinge ophakathi, ngaphandle kokuthotywa kweenzuzo zemimiselo leyo. Kubalulekile ukucacisa ukuba amazwe e-OECD kunye nalawo ezoqoqosho akhethiweyo aqwalasele ubume bemimiselo njengesona sixhobo sibalulekileyo kwisicwangciso sokhuliso loqoqosho. Kuhlala kuphezulu kwimiba yeengxoxo yezoqoqosho lwezimali.

Ngokumayela noku, uRhulumente wePhondo leNtshona Koloni (WCG) uyavuma ukuba kukho imfuneko khawulezileyo sokwandisa nokukhuthaza isimo esivumelana nezoshishino eNtshona Koloni. Ukwenza kube lula ukuvula ishishini ngowona mba ungundoqo wokufezekisa isimo sezoshishino esikhuthaza utyalo-mali lwangaphakathi, kuvumele ukumiselwa kweshishini kwaye likhule, nokwandisa impucuko yokuba ngusomashishini osakhasayo. Ukwenzela kube lula ukuvula ishishin (EDB) ithe yachongwa njengebalulekileyo nevumelanayo

ingezoprojekthi kunye neenkqubo ze-PSG1 kuphela, kodwa ikwavumela nezinye iinkqubo ezifanelekileyo kwezinye ii-PSGs.

**Ukuchaza ukweNza uShishino ngokuLula**

Isimo soshishino esikhuthazayo sinamaphawu ezinto athi avalele okanye akhuthaze ukukhula nophuhliso lweshishini kwakunye nokhulo lwezoqoqosho nokutsala ezemisebenzi.

Isimo esikhuthazayo sithe ngoku saqwalaselwa ngokuphangaleleyo njengesona sixhobo apho kubenokuphunyezwa iziphumo zophuhliso olukhulu. Isimo esivumelana nesikhuthaza ukhulo olukhokelwa liziko labucala sithathwa njenge sibaluleke kakhulu. Amashishini abucala asesizikithini lwenkqubo yophuhliso. Igalelo lawo kwezi nkqubo lithi lichazwe bubume bezotyalo-mali kumashishini asekhaya nawehlabathi liphela. Ubume bezotyalo buthi bubumbe amaxabiso nemingcipheko yokwenza ushishino, kwanayo imiqobo okhuphiswano, zonke ezonto ziba nefuthe kwindima edlalwa liziko labucala kuphuhliso lokuhlala nezoqoqosho.

Ngokunxulumene nokungenakusonjululwa kokuvumelana nesimo soshishino okukumongo othi "indlela elula yokuvula ishishini" IQumrhu leBhanki yaMazwe ngaMazwe ichaza i-EDB njengesimo apho imeko yemimiselo ivumela ukuqalwa nokwenziwa koshishino kwishishini lwamakhaya. Izinto ezinika isiphumo se EDB ngokweBhanki ziquka ukuqalwa kweshishini, ukuhlangabezana neemvume zokwakha, urhwebo kudlulwa imida yonke, ubhaliso lwezakhiwo nokufumana umbane.

Kwezethu iinjongo sichaza ukuKhululeka kokwenza uShishino njengeemeko ekuthi (1) ugunyaziso sowiso-mthetho (umz., imithetho, imiqathango kunye namagunya omthetho), (2) iinkqubo, imiyalelo nezixokelwano, (3) Unxibelelwano, (4) uqhagamshelwano lukarhulumente nentsebenziswano, nokuthobela naziphi izinto ezilawulwa ngurhulumente kwaye ziyakhuthaza ukuvumela amashishini amatsha kwanalawo ekudala ekhona ukuthi akhule kwaye azuze abasebenzi.

**Icebo lesiCwangciso soBuchule sePhondo**

IsiCwangciso soBuchule sePhondo: 2014 - 2019 (PSP) sibeka umbono kaRhulumente wePhondo leNtshona Koloni nezicwangciso emazibekelwe phambili kudibene namanyathelo amawenziwe. I-PSP idwelisa iinjongo ezicwangcisiweyo ezintlanu apho iNjongo eCwangcisiweyo yokuQala: Ukudala amathuba okuKhula neMisebenzi, ihleli ncakasana kwiSebe loPhuhliso loQoqosho noKhenketho. Ithi ke ngoko, ayivaleli phandle indibaniselwano nokuzibandakanya kweSebe nezinje iinjongo ezicwangcisiweyo (PSGs) ezinje nge PSG 4: Ukuvumela Isimo sokuphila eSomeleleyo, esiGcinakalayo nesineZinga eliPhezulu, kunye neeprojekthi emazenziwe ezphambili ("uTshintsho lomDlalo") ezinje ngoPhuhliso lwezakhono noKhuseleko lwezaMandla.

**PSG1: Ukudala Amathuba oHlumo neMisebenzi**

Njengelungu le PSP, indima emandla ye PSG 1 kukudala isimo esivumela ushishino lukhule kwaye kudaleke imisebenzi. Le ndima isekelezelwe kumazinga amabini ngaphakathi kwi PSG - Okokuqala, uPhuhliso lwezoQoqosho, kwaye okwesibini, aMaziko akhoyo nokuSetyenziselwa ukuKhula komhlaba. Kuyabonwa ukuba ngenxa yala mazinga mabini - kuyakusetyenzelwa uhanjiso kumasebe onke adibene ngezoqoqosho (iSebe lezoThutho neMisebenzi yoLuntu; eZolimo; eleMicimbi yezeNdalo esiNgqongileyo noCwangciso loPhuhliso; eleziMali (uNondyebo wePhondo) kwaneli (Sebe) kusetyenziswana neziko labucala - liyakukhokelela kukhulo ngokwemisebenzi.

PSG 1 iqulathe iinjongo ezicwaqngcisiweyo ezisixhenxe apho injongo ecwangcisiweyo yo "kuphucula isimo semimiselo ekukhuthazweni ukukhululeka kokwenza ushishino" ayingoyena ndoqo iyodwa, kodwa ibalulekile ekufezekisweni kwezinye iinjongo ezicwangcisiweyo ezisixhenxe. I Umzekelo, ukukhululeka kokwenza ushishino ngokwenkangeleko yemimiselo ibalulekile ngokwale njongo "Nceda ukuqinisekisa amanzi awaneleyo kunye namandla ukulungiselela ukukhula" kunye "nokusetyenziswa komhlaba kakuhle".

**Isicwangciso soBuchule esiPhambili sePSG 1: Ukwenza uShishino Lula**


UkuKhululeka ukwenza ushishino (EDB) njengomakubekwelwe phambili okuCwangcisiweyo kwiPSG 1 kuye kwakhula kuquka hayi kuphela ukunciphisa umqobo kodwa kwanamanye amalungu (umz. Intsebenziswano karhulumente nonxulumano) ekuphumezeni isimo esivumelana nophuhliso nokhulo. Esi sigqibo senziwa yiKomiti yoLawulo yePSG 1.

Ulungiso olongezelelweyo lube kukwamkelwa kwamalungu amabini e-EDB, abizwa ngokuthi, kukwenza kuqala nokuphendula. Le yokuqala ibhekiselele kwiinguqu okanye ukuphuculwa ngenxa yezinto ezenziwe ngaphambili kwicala likarhulumente, umzekelo ukuphuculwa kwezixokelwano zezivumelwano nokukhutshwa kwezigunyaziso zemvume yokufota umboniso-bhanyabhanya kwiiveki ezimbini endaweni yeeveki zokulinda ezintandathu zangaphambili. Le ndima yokuphendula iqulathe impendulo esuka kwisicelo somntu ngamnye ecela kuvulwe

inkqubo yokukhusela inkqubo yokukhusela iphepha-mvume lokurhweba namanye amzwe, okanye ukusilela kophuhliso lwenkqubo yezolimo ngenxa yongxamiseko lolangazelelo lukarhulumente.

**ISazobe 1 esilapha ngezantsi sibonisa ubume bokubekwa kweEDB ngokwesandulela esimbaxa se PSG 1.**

*Isazobe 1: PSG1 - Utshintsho lomdlalo kunye nezikhokelo ezicwangcisiweyo.*




Ilungu eliphendulayo litsala imisebenzi yalo kwizicelo/kwimibuzo ezifunyenwe ngokweendlela ezahlukeneyo (umz. Umxeba weNkxaso yamaShishini nezicelo zenkulumbuso) kwaye ubandakanya imiba enobunzima nefuna ukusonjululwa yenjongo ethile, ngokusekelwe kumntu ngamnye.

ILungu eliphendulayo liya kudlana indlebe ngokwesiseko esimisiweyo nesongezelelweyo kwaye liyakuhlanganisela imicimbi yalo yengxoxo ngokusekelwe kwizimvo ezifumanekileyo ezisuka ku:

- Amaziko eKhulisa (iumz. uKhenketho, i-Oyile neGesi kwaneZolimo).
- utshintsho lomdlalo olu lolunye lwe-PSG1 (umz. uKhuseleko lwezaMandla).
- Ezinye izikhokelo ezicwangcisiweyo nezifanelekileyo kuzo zombini kwi-PSG1 (umz. uTshintsho loMhlaba) nezinye ii-PSGs (umz. Amanzi ukulungiselela ukuKhula).
- Ubume boPhuhliso lweeNdawo zePhondo ekuthi kuchongwe ezona ntsusa kunye nendlela eyipaseji yolonwabo eziphumelayo ezingundoqo njengeendawo zokukhula. (umz. uKhenketho lwase Eden/ indlela eyipaseji yolonwabo kunye nommandla osebenzayo waseGeorge/Mossel Bay).
- Nawo nawaphi na amanye amaziko apho izixokelwano kunye/okanye nemiqobo iphazamisana nophuhliso kwanokukhula. Ilungu eliphendulayo liyakuba nemingenelelo ngokwemiyalelo yotshintsho (umz. ukulungisa okanye ukususa imithetho ebhangia ukukhula), izixokelwano okanye iinkqubo zophuculo (umz. isixokelwano esibhetele sogunyaziso lwamaphepha-mvume), okanye iindlela zikarhulumente zolungelelwanso lokuhlangabezana namathuba okukhula nophuhliso.

**Inkcazo yeNgxaki**

Ukudala nokukhuthaza isimo esivumayo soshishino siqwalaselwa njengesiseko sokuxhasa uqoqosho olumelana nokukhuphiswano. Ubungakanani bemiqobo yemithetho nolawulo lwabantu abaqeshiweyo elujongene namahlakani xa bedibana norhulumente ithathwa njengowona mqobo kuphuhliso nokhulo lwezoqoqosho. Lonto ke ithi iphazamisane nawona malungu athi aquke amandla oshishino ukuthi akhuphisane kwimarike yehlabathi 46 ngenxa yamaxabiso angeyomfuneko kunye/ okanye ukulibaziseka kophuhliso lwamashishini asakhulayo kwakunye nogcinakalo nokukhula kwamashishini asele ekhona. Lento ithi ibe nefuthe elingafanelekanga kumandla wezoqoqosho ngokuthi kungabikho misebenzi ngokwaneleyo kwanokuphelisa indlala.

Imiqobo evalela urhulumente ithe yachongwa ngokuvumelanayo njengezinye zamalungu angundoqo athintela uphuhliso loshishino nokukhula. Uphando lokushishina ngokukhululekileyo luthe lwabonisa amanqaku anika umdla, nezinto eziphazamisayo, ezikuquka:

- Amazwe asakhulayo anokuphucula amazinga okukhula onyaka awo ngokudala isimo esivumelana nokubanako.

- Imiqobo ethe yavela ibeziindleko zama-79 billion eMzantsi Afrika ngo 2004. Oku kwakulingana ne-6.5% ye-GDP okanye 16,5% yentlawulo yemivuzo iyonke ngo-2003, kunye.
- Izinga laseMzantsi Afrika lithe lehla ngokungagu-quguqukiyo kwizinga lalo leNgxelo yoKwenza iShishini yoNyaka nehlanganiselwe ngu-World Bank, ukususela kuma34th ngo-2011 ukuya kuma-74th kwingxelo yakutsha nje (Ukwenza uShishino 2017).

Inkcazo ecacisa ngengxaki enokufumaneka apha ngentla ifundeka ngoluhlobo:

- Iindlela zokwenza ezingalawulwayo nezichaseneyo ngurhulumente namacandelo abucala ukuqubisana namathuba ophuhliso lwezoqoqosho nohlumo loqoqosho.
- Uwiso-mthetho nomgaqo-nkqubo ongenguwo okanye nongafunekiyo uvalela uphuhliso nokukhula.
- Iinkqubo nezixokelwano ezingasebenzi kakuhle nokuseben zisana neklayenti zithi zongeze ixabiso elingafunekiyo ekwenzeni ushishino.
- Namaqonga angekho mgangathweni ukuququzelela intsebenziswano karhulumente namashishini ngokubhekisele kwisimo semiyalelo.

Eli candelo lizakuqubisana nokumiselwa kolungiselelo lwenkalo yojoliso enxulumene nemiba ephambili yongenelelo ekufuneka ilandelwe yiNkqubo. Isazobe 2 esilapha ngezantsi sibonakalisa umfanekiso opheleleyo wemiba engundoqo yongenelelo oluyakuthi lukhokelele ekufezekiseni iinjono ezicwangcisiweyo zeNkqubo.

*ISazobe 2: Amaphulo oNgenelelo anguNdoqo kwiNkqubo yeEDB*




**Uphuculo lweZivumelwano noNxulumano lukaRhulumente noShishino**

Ngokunikwa indlela yokwenza izinto ezingalungelaniswanga nezichaseneyo ngurhulumente neziko labucala ekuhlangabezaneni uphuhliso nokhulo lwezoqoqosho, iSebe lixhasa ngokupheleleyo eyona ndlela iqinisekileyo ekudibaniseni ucwangciso nohanjiso lwamathuba ophuhliso nohlumo lwezoqoqosho.

Amaqela entsebenziswano asembindini wokuzalisekisa isigunyaziso ngokusemthethweni se WCG. Kwisimo sokwenza lula ukwenza ushishino, uthelelwano luyakube lugqalise kwimibutho karhulumente nakweyabucala,amaziko, namashishini.

Ngokuququzelela izivumelwano phakathi kukarhulumente noshishino, siyakuncedisa ekomelezeni ukuqonda nentsebenziswano kukhulo oluthile nemibandela yemisebenzi, ngokucazulula ukuba kungenziwa lula njani okokuba ushishino lusebenze nokufumana ukubandakanywa nangakumbi kwamashishini ekuhlaziyeni iintshukumo zoqoqosho nokuthatha inxhaxheba kwintengiso yorhwebo.

Iziko labucala liyakukhuthazwa lidlale indima kuthelelwano olusebenzayo ekucebiseni urhulumente malunga nezona zingenelelo ezifunekayo ukuphumeza linjongo zokukhulula imiqobo yolawulo kwaye kudaleke isimo efunekayo ukwandisa ezoqoqosho nokuvumela ukwandisa amathuba emisebenzi.

**Intshukumo yeNkqubo**

Ekulungiseni esona singenelelo singundoqo 1, inkqubo ye EDB lyaku:

- Ukuququzelela unxulumano lwarhoqo namashishini kwimiba echaphazela isimo sowiso- mthetho.
- Ukubekwa phantsi kwegunya lelizwe kwenkqubo yoLawulo loMba wokuNcitshiswa kweMiqobo kwiSebe.
- Ukuququzelela uphuculo nokwandisa rhoqo iingxoxozo dliwano-ndlebe phakathi koomasipala namashishini.

**Ukuphucula iinkonzo ezijongene nezoshishino ngokwemimiselo yeenkqubo nowiso-mthetho**

Iinkqubo zikarhulumente nowiso-mithetho olunempembelelo engafanelekanga kumaxabiso nokwenza lula ukuqhuba ishishini. Kubalulekile ukuhlangabezana neenkqubo zikarhulumente nowiso-mithetho eziyenza ibenzima ngokungafunekiyo ukuba iifemu zenze ushishino.

Njengakwinkqubo yezolimo, ukusetyenziswa komhlaba nophuhliso lokhenketho amaxesha amaninzi kubandakanyeka hayi kuphela amazinga amathathu karhulumente, kodwa amasebe amaninzi kwinqanaba likarhulumente. Umzekelo, ukuhlelwa nokwakhiwa kwendlela yabaqhubi zibhayisekile ingxabalazisa oomasipala abaninzi abanokubandakanyeka, ngaphandle kwaba masipala bachaphazelekayo, kodwa neSebe lemiCimbi yokuSingqongileyo noCwangciso loPhuhliso, kwaneSebe leZolimo. URhulumente oququzelelweyo sesona sitshixo. Kodwa, ngamaxesha amaninzi oku kuhlala kuziziphumo ezikhawulezileyo kwizicelo ezifakiweyo ezithatha ixesha elide nto leyo ibangela ukusilela kwazo - ibe lonto ikhokelela ekwandisweni kocwangciso lweenkqubo ezithi zichaphazele iiprojekthi phambi kokuba zibe ziyaqala.

Ukhenketho ludlala indima enkulu kuphuhliso loqoqosho lwengingqi, nanjengoko zingqala ngqo kubo bobabini abakhenkethi bengingqo nabamazwe ngamazwe kwiindawo zokufikela ezifana nezo zokulala nezidlo zakusasa, iirestyu, iindawo zewayini kunye namaziko eenkonzo zoshishino afana neendawo zamafutha eenqwelo. Imiceli-mngeni ngokuphathelene nendlela yokhenketho lwemvume njengesiphumo umz. Ulubaziseko kurhulumente wengingqi okanye wephondo ithe yachongwa njengezithintelo zecandelo kwiphondo lonke. Iinzuzo zamangenelelo zakuphucula ubume bemeko yezoshishino ezinako ukwandisa inkxaso yengeniso yoshishino kwicandelo.

Uphawu lonkenketho ludlala indima enkulu kuphuhliso lwezoqoqosho lwamakhaya, njengoba zombini abakhenkethi basekhaya nabamazwe angaphandle besebenzisela iindawo ezizizakhiwo ezinika ukulala nesidlo sakusasa, ukudla, izakhiwo zewayini, namaziko eenkonzo zoshishino, ezinje ngamaziko ogalela amafutha. Imicelimngeni engokhenketho nemiboniso yezivumelwano, umz. ulibaziseko loorhulumente lamakhaya nabamaphondo ithe yachongwa njengeyona ngxaki inkulu yamaziko kumaphondo onke. Inzuzo yongenelelo iyakuphucula isimo soshishino kukhona ithuba lokwanda kwenkuthazo yeziko lezoshishino.

**Intshukumo yeNkqubo**

Ekuhlangabezeni eZona ziNgenelelo 2, Inkqubo ye EDB iya:

- Ukwenza uhlalutyo lwenkcazelo malunga nowiso-mithetho kunye nemigaqo-nkqubo echaphazela okusingqongileyo, ingakumbi kumaziko eKhulisa Projekthi.
- Ukusebenzela ukwenza lula izicelo neenkqubo zokuvunyelwa ezinxulumene nesicwangciso (Ukusetyenziswa komhlaba) ukunikwa ilayisenisi nemvume kunye nomboniso wokhenketho. Ngelixa zonke iinkqubo zihlolwa, ezo ziphakathi kolawulo lwamasebe karhulumente noomasipala ziyakubekwa phambili njengoba zinamandla okuphumeza ezo zingenelelo.
- Ukuphunyezwa kwezicelo ezifakiweyo ukulungiselela isiXhobo zeNdleko yoKwenza lula ukuVula uShishino eliyakulungela omabini amangenelelo elexeshana nelokunciphisa imiqobo.
- Ukufezekisa inkqubo yeNkonzo kaMasipala kushishino (MS2B) nokuyakuthi kujolise ekuphuculeni iinkonzo zoshishino luka masipala kulo lonke iphondo ngendlela exhasa inkqubo yotshintsho efunekayo ethi ibeluncedo nempembelelo kwisimo soshishino lwamakhaya.

**Ukuphuculwa kwenkxaso yezixokelwano zoshishino**

Amashishini amancinci naphakathana adlala indima enkulu ekufunxeni imisebenzi, ekugqibhozeni kwiimarike nasekwandiseni uqoqosho jikelele ngeendlela ezinobuchule nezizisa iinguqu. Ukunzima bobume beSSME kunye nemiceli-mngeni (umz. Ufikelelo kwezezimali, ufikelelo kwiimarike kunye nenkxaso yophuhliso lwezoshishino) ejongene nazo, ukuvumela ukusetyenziswa kwemithombo ngendlela egqwesileyo, intsebenziswano nolungelelwaniso lwezicwangciso-buchule ngokucinga ngendlela enentsebenziswano nenzane yokuqinisekisa isiphumo esihle ekuxhasweni kwezixokelelwano zoshishino.

Isixokelwano senkxaso yezoshishino ibhekiselele kumalungu - abantu, imibutho, oovimba bezimali nosochwephesha - ukuba oosomashishini abasakhulayo namashishini kufuneka aphuhle kwaye akhule. Okufunekayo kwisixokelwano soqoqosho yimigaqo-nkqubo karhulumente ekhuthaza nekhusela amashishini asakhulayo. Esi sixokelwano sezoqoqosho sidlala indima ebaluleke kakhulu ekudaleni nokugcina isimo esixhasayo esivumela ushishino olusakhulayo nokukhula kwamashishini.

Isixokelwano senkxaso yezoshishino ibhekiselele kumalungu - abantu, imibutho, oovimba bezimali nosochwephesha - ukuba oosomashishini abasakhulayo namashishini kufuneka aphuhle kwaye akhule. Okufunekayo kwisixokelwano soqoqosho yimigaqo-nkqubo karhulumente ekhuthaza nekhusela amashishini asakhulayo. Esi sixokelwano sezoqoqosho sidlala indima ebaluleke kakhulu ekudaleni nokugcina isimo esixhasayo esivumela ushishino olusakhulayo nokukhula kwamashishini.

**Intshukumo yeNkqubo**

Ekuhlangabezeni kwesona singenelelo 3, inkqubo ye EDB iza:

- Ukuqhuba iinkqubo zophuhliso lomnikezeli ngeenkonzo kugqaliswe kwimiba ephambili kwiziko leKhulisa ezimalunga ne-Oyile kunye neGesi.
- Ukuququzelela ukufikeleleka kwizixokelelwano zabasenzi ezitsha nesele zikhona.
- Ukukhuthaza ukufikeleleka kuncedo lwezimali kuza kuquka:
  - Ukuququzelela ukufikelela kwimbuyekezo yenkuthazo yemali karhulumente.
  - Ukwandisa ukwazisa koovimba bofumano-mali abakhoyo; kunye
  - Nenkxaso kumashishini ngexesha lezicelo phambi nasemva kwezicelo zezimali.
- Kuveliswe ubuchule nomgaqo-nkqubo ovumela i-WCG isebenzise (iziko labucala) intengo njenge sixhobo sotshintsho loqoqosho nokhulo;
- Ukunceda ukufikelela kumashishini aqinisekisiweyo navunyelweyo ngokusemthethweni kuqeqesho lweenkqubo ze-SMME nakoosomashishini; kunye
- Kumiliselwe inkuthazo yenkqubo yongeniso kumacandelo karhulumente ajolise kufikelelo lwamathuba oqoqosho.

## 8.4 Inkqubo enganeno 2.1: UPhuhliso lwaMashishini

### 8.4.1 Iinjongo zesiCwangciso soBuchule

| | |
|---|---|
| **Injongo yesiCwangciso sobuchule** | Ukwenyusa ukugcinakala nokukhula kweeSMME. |
| **Inkcazo eneNjongo** | Ukuququzelela inkxaso ukuya kwi 500 ye SMMEs ngokufikelela ekukhuthazweni kwamashishinana nongenelelo lwenkxaso yamashishini ngo-2020. |
| **Isiseko** | 2015/2016 – 100 Amashishini awandisiweyo |

### 8.4.2 Izijoliso zenjongo yesicwangciso buchule sonyaka wama-2018/19

| Isikhombisi seSiphumo | Indlela ephicothiweyo/eyinyani ekuqhutywe ngayo | | | Indlela yokuqhuba eqikelel-wayo | Iithagethi zekota ephakathi | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | 2014/15 | 2015/16 | 2016/17 | 2017/18 | 2018/19 | 2019/20 | 2020/21 |
| **Inkqubo enganeno: UPhuhliso lwaMashishini** | | | | | | | |
| Inani lamashishini awandisiweyo | 339 | 100 | 50 | 20 | 50 | 50 | 50 |

### 8.4.3 Izijoliso zenjongo yesicwangciso buchule sonyaka wama-2018/19

| Isikhombisi senkqubo ekuqhutywe ngayo Isikhombisi sesiPhumo | | Indlela ephicothiweyo/eyinyani ekuqhutywe ngayo | | | Indlela yokuqhu-ba eq-ikelelwayo | Iithagethi zekota ephakathi | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | | 2014/15 | 2015/16 | 2016/17 | 2017/18 | 2018/19 | 2019/20 | 2020/21 |
| **Inkqubo enganeno: UPhuhliso lwaMashishini** | | | | | | | | |
| 1.1 | Inani lamashishini akhuthaziweyo namangenelelo amashishini axhasiweyo | - | 10 | 5 | 5 | 5 | 5 | 5 |

### 8.4.4 Iithagethi zekota yowama-2018/19

| Isikhombisi senkqubo ekuqhutywe ngayo Isikhombisi sesiPhumo | | Ithuba lengxelo | Iithagethi zonyaka wama-2018/19 | Iithagethi zekota | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | | | | 1st | 2nd | 3rd | 4th |
| **Inkqubo enganeno: UPhuhliso lwaMashishini** | | | | | | | |
| 1.1 | Inani lamashishini akhuthaziweyo namangenelelo amashishini axhasiweyo | Ngekota | 5 | 1 | - | 1 | 3 |

### 8.4.5 Ulawulo loMngcipheko

| Injongo yesiCwangciso soBuchule: Ukuphucula ubume bemeko yolawulo lwezoshishino ukwenzela oosomashishini abasakhasayo namashishini ukuphuhlisa nokukhulisa iNtshona Koloni | |
|---|---|
| **Inkcazo yomngcipheko** | **IziCwangciso zoBuchule Zokuthomalalisa Umngcipheko** |
| Ukungabikho kwesicwangciso esiyondelelanayo phakathi kwamasebe karhulumente nemibutho yenkxaso yeshishini nethi ithintele inkqubo esebenzayo ukuphuhlisa iiSMEs. | Ukuququzelela isicwangciso esidityanisiweyo nobuchule bokusebenza nemibutho kunye neziko labucala.<br><br>Ukuchonga nentsebenziswano nemibutho emisiweyo noxhotysiso lokuhanjiswa kweenkonzo kwii-SMMEs.<br><br>Kwenziwe umkhankaso opheleleyo wokwazisa ngezosasazo kusetyenziswa iindlela ezahlukileyo kubandakanywe wonke amahlakani achongiweyo.<br><br>Kuqiniswe ubudlelwane neeDFI (umz. IDC) ukuze kwandiswe ukungeniswa kweempahla zemali. |
| Ukunqongophala kothabatho nxaxheba ngabadlali-ndima beSMME abafanelekileyo, uthabatho nxaxheba olungafanelekanga lwamashishini kunye nokuzibophelela kwamaqabane ecandelo labucala ekumiliseleni iinkqubo zeSMME, ezijongela phantsi ukubanako ukuphucula nokwenza lula ushishino nokudala nogcino lokuvumela ubume bemeko yokwenza ushishino. | Ukuqinisekisa ukuzifaka nokubophelela ngokudibana nabaninizabelo abafanelekileyo kunye namaqabane ngexesha elililo nelingaguquguqukiyo.<br><br>Ukuqinisekisa unxibelelwano lwarhoqo nabaninizabelo namaqabane afanelekileyo ukubagcina benolwazi ngamaphuhliso, nokugcina ukwaziwa kunye nobukhona kwanokuzibophelela.<br><br>Usetyenziso olusebenzayo lwawo onke amaqonga (akarhulumente nawabucala) ukuqinisekisa ukuba amaqabane ahlala enolwazi.<br><br>Abaxhamli ekujoliswe kubo ukuba bacelwe baqinisekise uthabatho nxaxheba lwabo. |

## 8.5 Inkqubo enganeno 2.2: UPhuhliso loQoqosho loMmandla nolweNgingqi

### 8.5.1 Iinjongo zesiCwangciso sobuchule

| | |
|---|---|
| **Injongo yesiCwangciso sobuchule** | Ukuphucula izimo zoshishino kwingingqi ngokuphucula iinkonzo zoshishino eziyakuthi zibe negalelo ekongeni iindleko okanye inzuzo (kurhulumente namashishini) ngeR1 bn ngo-2019 kuqoqosho lommandla. |
| **Inkcazo eneNjongo** | Ukuququzelela ukuphuculwa kweenkonzo zoshishino ezingama-50 kurhulumente wamakhaya ngokwemigaqo yeenkqubo, uwiso-mtihetho kunye/okanye uncedo ngowama-2020. |
| **Isiseko** | Iinkonzo urhulumente wengingqi ajongene nazo [isiseko sisungulwe ngowama-2016/17] |

### 8.5.2 Injongo yeSicwangciso buchule zeethagethi zonyaka wama-2018/19

| Isikhombisi seSiphumo | Indlela ephicothiweyo/eyinyani ekuqhutywe ngayo | | | Indlela yokuqhuba eqikelelwayo | Iithagethi zekota ephakathi | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | 2014/15 | 2015/16 | 2016/17 | 2017/18 | 2018/19 | 2019/20 | 2020/21 |
| **Inkqubo enganeno: UPhuhliso loQoqosho loMmandla nolweNgingqi** | | | | | | | |
| Inani leenkonzo zoshishino ezijongene nomasipala eziphuculiwe (ngokwemimiselo | - | - | - | 4 | 6 | 8 | 16 |

### 8.5.3 Izijoliso zenjongo yesicwangciso buchule sonyaka wama-2018/19

| Isikhombisi senkqubo ekuqhutywe ngayo Isikhombisi sesiPhumo | | Indlela ephicothiweyo/eyinyani ekuqhutywe ngayo | | | Indlela yokuqhuba eqikelelwayo | Iithagethi zekota ephakathi | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | | 2014/15 | 2015/16 | 2016/17 | 2017/18 | 2018/19 | 2019/20 | 2020/21 |
| **Inkqubo enganeno: UPhuhliso loQoqosho loMmandla nolweNgingqi** | | | | | | | | |
| 1.1 | Inani leenkqubo ezithilezezoshishino zorhulumente wengingqi kunye/okanye uphuculo lowiso-mthetho oluphuhlisiweyo nolucetyiweyo | - | - | 79 | 52 | 55 | 60 | 65 |

### 8.5.4 Iithagethi zekota yowama-2018/19

| Isikhombisi senkqubo ekuqhutywe ngayo Isikhombisi sesiPhumo | | Ithuba lengxelo | Iithagethi zonyaka wama-2018/19 | Iithagethi zekota | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | | | | 1st | 2nd | 3rd | 4th |
| **Inkqubo enganeno: UPhuhliso loQoqosho loMmandla nolweNgingqi** | | | | | | | |
| 1.1 | Inani leenkqubo ezithile zezoshishino zorhulumente wengingqi kunye/okanye uphuculo lowiso-mthetho oluphuhlisiweyo nolucetyiweyo | Ngonyaka | 55 | - | - | - | 55 |

### 8.5.5 Ulawulo loMngcipheko

| Injongo yesiCwangciso soBuchule: Ukuphucula isimo soshishino kwiindawo ezingekho kwiindawo zomasipala ombaxa ngolungelelwaniso olusebenzayo lwe-LED exhasa ukukhula koqoqosho lommandla | |
|---|---|
| **Inkcazo yomngcipheko** | **IziCwangciso zoBuchule Zokuthomalalisa Umngcipheko** |
| Ukusilela kothatho-nxaxheba ngabona bantu bekufanele badlale indima okanye ukungabikho thatho nxaxheba nokuzimisela koomasipala namaziko abucala nabentsebenziswano anokuchongelwa iinkonzo zoshishino ukuphucula, ukuthathela phantsi ukubanako ukuphuculwa kokwenziwa lula koshishino nokudala ukugcina isimo esivumelana noqoqosho. | Ukuqinisekiswa kokuvunyelwa nokuzimisela ngokunxulumana namaqela abalulekileyo namaqabane, maxesha onke kwaye ngokungaguquguqukiyo.<br><br>Abaxhamli ekugxilwe kubo bazakucelwa baqinisekise uthabatho nxaxheba. Bafumane ukuzibophelela okusesikweni kuthabatho nxaxheba ngabakhokeli bamasebe ekujoliswe kubo, amashishini kunye noomasipala.<br><br>Ukuqinisekisa unxulumano rhoqo namaqela afanelekileyo abandakanyekayo namaqabane ukubagcina benolwazi lwezinto ezenzekayo. Ukuqinisekisa ukugcina ukuqonda nogunyaziso lokuzinikezela, kugcinwe izaziso kwaye kugxinisiswe ukuvunyelwa nokuzimisela.<br><br>Ukuqinisekisa unxulumano rhoqo namaqela afanelekileyo abandakanyekayo namaqabane ukubagcina benolwazi lwezinto ezenzekayo.<br><br>Isaziso esenziwe ngexesha elimiselwe ukuphumeza umsebenzi.<br><br>Ukufumana ulwazi oloneleyo kangangoko unako ngaphambi kwexesha lokuya kwiindibano zocweyo.<br><br>Ukuqinisekisa ukuba ngamahlakani afanelekileyo athatha inxaheba kwiindibani zocweyo, ukuzinisekisa ukuba ukusebenza ngokuzinikela kwamahlakani anoxanduva lokusyina izigqibo bazinikezele. |

## 8.6 Inkqubo enganeno 2.4: Ukuncitshiswa kweMiqobo

### 8.6.1 Iinjongo zesiCwangciso sobuchule

| | |
|---|---|
| **Injongo yesiCwangciso sobuchule** | Kuphuculwe isimo soshishino kwiingingqi ngokuphucula iinkonzo zoshishino lwephondo/kunye okanye likazwelonke nayakuthi abenegalelo ekongeni ixabiso okanye inzuzo kurhulumente nakumashishini) nge-R1 bn kuqoqosho lwephondo ngowama-2019. |
| **Inkcazo eneNjongo** | Kuququzelelwe ukuphuculwa kweenkonzo zoshishino ezingama-26 ubuncinane kunye/ okanye kurhulumente wephondo/ kazwelonke ngokwemigaqo yeenkqubo ezisetyenziswayo, uwiso-mithetho kunye/okanye nokuba nokwenzeka ngo-2020. |
| **Isiseko** | R587 million (Isiseko sasungulwa ngowama-2016/17) |

### 8.6.2 Injongo yesiCwangciso soBuchule seethagethi zowama-2018/19

| Isikhombisi seSiphumo | | Indlela ephicothiweyo/eyinyani ekuqhutywe ngayo | | | Indlela yokuqhuba eqikelelwayo | Iithagethi zekota ephakathi | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | | 2014/15 | 2015/16 | 2016/17 | 2017/18 | 2018/19 | 2019/20 | 2020/21 |
| **Inkqubo enganeno: Ukuncitshiswa kweMiqobo** | | | | | | | | |
| 1.1 | Ixabisolemali yokonga kunye neenzuzo kurhulumente namashishini ekhokelela kumaphulo okuncitshiswa kwemiqobo | - | - | R587m | R200m | R300m | R500m | - |
| 1.2 | Izinga lokuvalwa kwamatyala okuphandwa | - | - | - | - | 85% | 85% | 85% |

### 8.6.3 Izijoliso zenjongo yesicwangciso buchule sonyaka wama-2018/19

| Isikhombisi senkqubo ekuqhutywe ngayo Isikhombisi sesiPhumo | | Indlela ephicothiweyo/eyinyani ekuqhutywe ngayo | | | Indlela yokuqhuba eqikelelwayo | Iithagethi zekota ephakathi | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | | 2014/15 | 2015/16 | 2016/17 | 2017/18 | 2018/19 | 2019/20 | 2020/21 |
| **Inkqubo enganeno: Ukuncitshiswa kweMiqobo** | | | | | | | | |
| 1.1 | Inani lamaphulo okuncitshiswa kwemiqobo axhasiweyo | - | - | - | - | 15 | 20 | 20 |

### 8.6.4 Iithagethi zekota yowama-2018/19

| Isikhombisi senkqubo ekuqhutywe ngayo Isikhombisi sesiPhumo | | Ithuba lengxelo | Iithagethi zonyaka wama-2018/19 | Iithagethi zekota | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | | | | 1st | 2nd | 3rd | 4th |
| **Inkqubo enganeno: Ukuncitshiswa kweMiqobo** | | | | | | | |
| 1.1 | Inani lamaphulo okuncitshiswa kwemiqobo | Ngekota | 15 | 5 | 5 | 3 | 2 |

#### 8.6.5 Ulawulo loMngcipheko

| Injongo yesicwangciso sobuchule: Ukuphucula isimo sobume solawulo lokonyusa ukwenza lula ukwenza ushishino eNtshona Koloni | |
|---|---|
| **Inkcazo yomngcipheko** | **IziCwangciso zoBuchule Zokuthomalalisa Umngcipheko** |
| Ukungabi nakuxhaswa noku okanye ukungathathi nxaxheba kwamasebe karhulumente kazwelonke (nee-arhente zawo, izinto ezikhoyo zika rhulumente nabalawuli) kunye/okanye oomasipala ngenxa yoluvo lokuba akukho sigunyaziso sokuba mabangenelele kwaye akukho mthetho | Ukuqinisekisa ukufumana inkxaso nokuzimisela ngokuba noqhagamshelwano maxa onke neenkokheli zamasebe noomasipala.<br><br>Kufunyanwe ukuzibophelela okubhaliweyo ekuthatheni inkxaxheba ziinkokheli zalomasebe ekujoliswe kuwo kunye noomasipala, okanye ngokunxulumene ne EDB, nesivumelwano seKhabhinethi.<br><br>Kubekho unxibelelwano rhoqo namasebe kunye noomasipala ukubagcina besazi ngezinto ezenzekayo zophuhliso kwaye kugxininiswe imfuneko yokuba bathathe inkxaxheba.<br><br>Kunikwe izaziso maxa onke ngezinto ekujoliswe ukuba zenziwe neenguqu ezinokubakhona. |
| Ukulibaziseka ekuqesheni abanikezeli zinkonzo nokuquka ukugqityezelwa kweeprojekthi ngethuba. | Kuqhutywe nenkqubo yentengo kwangethuba.<br><br>Ukulungiselela iintsingiselo ezivakalayo ngobonelelo lweenkonzo.<br><br>Kubekho rhoqo iingxoxo necandelo le SCM ukuqinisekisa uhanjiso olukhululekileyo kwiinjongo ezibalulekileyo. |
| Ukusilela kokuzinikezela kwamasebe karhulumente, amaqumrhu okanye ii-arhente ukuba zithathe inyathelo ekuphumezeni izicwangciso zokuphucula iinkonzo zamashishini nokuthathela phantsi ukubanako ukuphucula ukuba lula kokwenza ushishino, ukudala nokugcina isimo qoqosho esivumelanayo ngabona bantu bekufanele badlale indima okanye ukungabikho thatho nxaxheba nokuzimisela koomasipala namaziko abucala nabentsebenziswano anokuchongelwa iinkonzo zoshishino ukuphucula, ukuthathela phantsi ukubanako ukuphuculwa kokwenziwa lula koshishino nokudala ukugcina isimo esivumelana noqoqosho. | Ukuqinisekisa ukufumana inkxaso nokuzimisela ngokuba noqhagamshelwano maxa onke neenkokheli zamasebe noomasipala ekujoliswe kubo.<br><br>Ukuqinisekisa ukufumana inkxaso nokuzimisela ngokuba noqhagamshelwano maxa onke neenkokheli zamasebe noomasipala.<br><br>Ukuzuza ulwazi oluninzi kangangoko ngaphambi kokuya kwiindibano zocweyo;<br><br>Ukuqinisekisa ukuba ngamahlakani afanelekileyo athatha inxaxheba kwiindibano zocweyo, ukuqinisekisa ukuba amahlakani anoxanduva lokusayina izigibo ezithathiweyo.<br><br>Ukuqinisekisa ukuba izigqibo ezingundoqo zisayiniwe phambi kokuqalisa koyilo lwe- To-Be |

## 8.7 Ukuhlanganiswa kweethagethi zendlela ekuqhutywe ngayo noHlahlo-mali kunye neMTEF

### 8.7.1 Uqikelelo lweNkcitho-mali

| Inkqubo enganeno | Ephicothiweyo | | | Ulwabiwo olungundoqo | Ulwabiwo olulungelelanisiweyo | Uqikelelo oluqwalaselweyo kwakhona | Iithagethi zekota ephakathi | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| **R'000** | **2014/15** | **2015/16** | **2016/17** | **2017/18** | **2017/18** | **2017/18** | **2018/19** | **2019/20** | **2020/21** |
| 1. UPhuhliso laMashishini | 38 200 | 32 728 | 23 496 | 19 249 | 18 670 | 20 761 | 25 413 | 27 193 | 28 927 |
| 2. Uphuhliso loQoqosho lweMimandla nolweNgingqi | 8 138 | 5 583 | 6 415 | 8 024 | 7 357 | 6 868 | 8 234 | 8 780 | 9 345 |
| 3. UGunyaziso lwezoQoosho | 4 032 | 1 019 | | | | | | | |
| 4. Imiqobo | 8 899 | 14 472 | 11 750 | 9 900 | 9 765 | 8 163 | 10 406 | 10 799 | 11 591 |
| **Itotali yeentlawulo** | **59 269** | **53 802** | **41 661** | **37 173** | **35 792** | **35 792** | **44 053** | **46 772** | **49 863** |
| **Uhlelo lwezoqoqosho R'000** | | | | | | | | | |
| **Iintlawulo zangoku** | **32 415** | **39 701** | **29 016** | **31 567** | **29 984** | **29 984** | **31 083** | **33 076** | **35 414** |
| Imbuyekezo yabasebenzi | 19 153 | 16 793 | 16 184 | 19 324 | 18 010 | 18 010 | 20 419 | 21 814 | 23 533 |
| Iimpahla neenkonzo | 13 262 | 22 908 | 12 832 | 12 243 | 11 974 | 11 974 | 10 664 | 11 262 | 11 881 |
| Inzala kunye nerhafu yomhlaba | | | | | | | | | |
| **Utshintshiselwano kunye neenkxaso** | **26 621** | **13 232** | **12 375** | **5 376** | **4 850** | **4 850** | **12 500** | **13 200** | **13 926** |
| Amaphondo noomasipala | | | | | | | | | |
| Iiarhente neeakhawunti zeSebe | 2 000 | 1 900 | 2 900 | 951 | | | | | |
| Iidyunivesithi kunye neeteknikhoni | | | | | | | | | |
| Oorhulumente bangaphandle nemibutho yamazwe ngamazwe | | | | | | | | | |
| Iinkampani zikarhulumente kunye namashishini abucala | 5 577 | 2 831 | 5 950 | 3 750 | 3 750 | 3 750 | 7 500 | 7 920 | 8 356 |
| Amaziko angenzi ngeniso | 16 276 | 6 448 | 1 500 | | | | 5 000 | 5 280 | 5 570 |
| Ezezindlu | 618 | 2 053 | 2 025 | 675 | 1 100 | 1 100 | | | |
| **Utshintshiselwano kunye neenkxaso zenkunzi** | | | | | | | | | |
| IAkhawu kaRhulumente yoRhwebo ngeeMoto | | | | | | | | | |
| **Iintlawulo zeeasethi zoshishino** | **220** | **869** | **256** | **230** | **943** | **943** | **470** | **496** | **523** |
| Izakhiwo kunye nezinye izakhiwo ezikhuselweyo | | | | | | | | | |
| Iimatshini nezixhobo | 215 | 802 | 255 | 225 | 73 | 73 | | | |
| Iiasethi zezamafa | | | | | | | | | |
| Iiasethi zeengcali zezomkhosi | | | | | | | | | |
| Iiasethi zebhayoloji | | | | | | | | | |
| Iiasethi zomhlaba nezomhlaba ongaphantsi | | | | | | | | | |
| Isoftiwe nezinye iiasethi ezingabambekiyo | 5 | 67 | 1 | 5 | 870 | 870 | 470 | 496 | 523 |
| **Iintlawulo zeeasethi zezemali** | **13** | | **14** | | **15** | **15** | | | |
| **Itotalo yohlelo lwezoqoqosho** | **59 269** | **53 802** | **41 661** | **37 173** | **35 792** | **35 792** | **44 053** | **46 772** | **49 863** |

# 9. INKQUBO 3: URHWEBO NOPHUHLISO LWECANDELO

### 9.1. Injongo

Ukukhuthaza ukukhula koqoqosho ngokuphuhliswa koshishino, utyalo-mali kunye norhwebo.

### 9.2 Ulwakhiwo lwenkqubo

Inkqubo yakhiwe ngolu hlobo:

- **Inkqubo enganeno 3.1: Inkuthazo yoRhwebo noTyalo-mali**
  Ukunikeza imithombo kwinkuthazo yamashishini karhulumente kukhenketho, kurhwebo notyalo-mali ukuvumela ukuthobela isigunyaziso, njengoko kucacisiwe kuMthetho weArhente yoTyalo-mali neNkuthazo yoRhwebo eNtshona Koloni, 1996 (Umthetho 3 we-1996) njengoko ulungisiwe.
- **Inkqubo enganeno 3.2: UPhuhliso lweCandelo**
  Ukuphumeza amaphulo angundoqo kumacandelo eKhulisa ekujoliswe kuwo nokunika inkxaso kumacandelo aphambili ukuze kukhuthazwe uhlumo nokudaleka kwemisebenzi kuqoqosho lweNtshona Koloni.

### 9.3 Inkqubo enganeno 3.1: Inkuthazo yoRhwebo noTyalo-mali

#### 9.3.1 Isimo soBume sokuPhumelelisa iNdlela yokuSebenza

IsiGunyaziso soWiso-mthetho

Amandla esicwangciso sobuchule se-Wesgro (iqumrhu loluntu loludwe 3), njengoko kubonelelwe kuMthetho we-Arhente yoKhuthazo loRhwebo noTyalo-mali ka-1996 (Umthetho 3 ka1996) (njengokuba ulungisiwe) kuquka:

- Ukuxhobisa ukhenketho noncedo lwemarike yotyalo-mali kunye nobugcisa namacebiso akhethekileyo, ulwazi nezikhokelo kulo naliphina ishishini, inkampani okanye umbutho weqela alabantu, othe wafaka isicelo kwi-Arhente okanye ancedise i-ARhente ukuze iphumeze iinjongo zayo.
- Ukusebenza njenge Arhente ekhuthaza ukhenketho, urhwebo notyalo-mali emele iPhondo nokuququzelela
- ulungelelwaniso lwemisebenzi yentengisoyendawoyoku_kela eNtshona Koloni.
- kwakha, ukuphumeza ubuchule bezokhenketho kwiphondo, isicwangciso-buchule sorhwebo, noshishino
- kwanokufezekisa nayiphina iprojekthi ebonakalisa ingqiqo yokukhula koqoqosho lweNtshona Koloni.

**Isigunyaziso sesicwangciso sobuchule:**

Umyalelo wobuchule kaRhulumente weNtshona Koloni ubonelela okokuba i-Wesgro:

- Ukukhuthaza urhwebo namathuba otyalo-mali kwiNtshona Koloni kwaye uphawule urhwebo neeprojekthi zotyalo-mali eziqonde kummandla.
- Ukuqinisekisa ukuba kugqaliswa kumaziko amathathu anemveliso achongwe yiProjekthi Khulisa nengawona aphambili ekwandiseni ukhulo nokudalwa kwamathuba emisebenzi kummandla ngo-2020.

Njengempendulo kuProjekthi Khulisa, i-Wesgro iyakuba noxanduva lokuphumeza ngqo la maphulo angawona alandelayo kunyaka mali ka 2017/18:

**Projekthi iGood Hope**

IProjekthi iGood Hope licebo lonxinelelwano elinenjongo ezingundoqo zokushukumisa ukuzithemba kuqoqosho lwaseKapa naseNtshona Koloni. Isigaba sokuqala seprojekthi siqale ngowama-2017/18 yaye sibandakanya uphononongo lophando lweembono zabatyali-mali kwintlaninge yeemarike ezingundoqo kwihlabathi. Kwisiseko sophando, umyalezo ophambili owayanyaniswe neendayo ekugxilwe kuzo zesicwangciso sobuchule ezinegalelo kwintembeko kuqoqosho zakuyilwa. Isigaba sesibini sakuquka ukumiliselwa kwentshukumo ukuqinisekisa ukuba lo myalezo uzuza ubuninzi obubudingayo ukushenxisa ingcamango yaye incede ukunyusa ithemba kummandla. Oku kungenziwa ngentengiso yamazwe ngamazwe okanye yengingqi.

**lOyile neGesi**

**Ukwandisa ulwahlulelwano lweHala yaseNtshona Koloni namazwe ehlabathi liphela <1% ukuya kwi-2% ngowama-2025:**

- URhwebo nonyuso lotyalo-mali kwezona marike zentengo.
- Icebo lemarike ezibambeneyo zeoyile negesi.

**Ukroziso kwezoLimo**

**Ukwandisa ulwahlulelwano lweHala yaseNtshona Koloni namazwe ehlabathi liphela <1% ukuya kwi-2% ngowama-2025:**

- IsiCwangciso sokuThunyelwa kweHalal kwamanye amazwe angaphandle: Ukukhuthaza urhwebo lwentengiso yeziveliso zeHalal kwiimarike ezingundodo

**Kuphindaphindwe ixabiso lewayini nothunyelo lwebranti eChina naseAngola ngo-2025 (njengokugqitywe kwinkqubo kaKhulisa):**

- Kwakhiwe kwaye kuphunyezwe umkhankaso wokukhuthaza iwayini yase SA kunye nebranti yaseChina.
- Kwakhiwe kwaye kuphunyezwe umkhankaso wokukhuthaza iwayini yase SA kunye nebranti yaseAngola.

### 9.3.2 Injongo yesiCwangciso soBuchule

| | |
|---|---|
| **Injongo yesiCwangciso sobuchule** | Ukubonelela ngoncedo kukhenketho, uRhwebo nokukhuthaza iqumrhu loluntu lotyalo-mali ukuvumela uhanjiso lwesigunyaziso esicwangisiweyo somthetho ukufezekisa utyalo-mali kunye norhwebo. |
| **Inkcazo eneNjongo** | Ukubonelela ngobunkokheli obucwangcisiweyo nezinto eziluncedo, ngokwanelelyo eziyakuvumela iqumrhu likarhulumente luzichonge kwaye ziququzelele phakathi kwe R4.3 bn kunye ne 9.3bn kutyalo-mali kwakunye naphakathi kwama-2970 nama-6 240 yemisebenzi eNtshona Koloni ngowama- 31 Matshi 2020 |
| **Isiseko** | 2016/2017: R2 127bn yotyalo-mali olwenziweyo kunye nama-696 yemisebenzi eququzelelweyo eNtshona Koloni. |

### 9.3.3 Injongo yesiCwangciso soBuchule seethagethi zowama-2018/19

| Injongo yesiCwangciso soBuchule (Isikhombisi sesiPhumo) | Indlela ephicothiweyo/eyinyani ekuqhutywe ngayo | | | Indlela yokuqhuba eqikelelwayo | Iithagethi zekota ephakathi | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | 2014/15 | 2015/16 | 2016/17 | 2017/18 | 2018/19 | 2019/20 | 2020/21 |
| **Inkqubo enganeno: Inkuthazo yoRhwebo noTyalo-mali** | | | | | | | |
| Ixabiso leRandi yotyalo-mali lwembophelelo ePhondweni | R986.7m | R2.045.8bn | R2 127 932 000 | R1.050bn - R1.8bn | R1.1bn - R2.1bn | R1.15bn - R2.3bn | R1.15bn - R2.050bn |
| Inani lemisebenzi eququzelelweyo kutyalo mali lwembophelelo ePhondweni | 1442 | 681 | 696 | 600 -1250 | 620 - 1300 | 640 - 1370 | 640 - 1370 |
| Ixabiso lezivumelwano zoshishino ezisayiniweyo (uRhwebo) | - | - | R9 054 638 854 | R100m - R200m | R200m - R500m | R206m - R525m | R106m - R220m |

### 9.3.4 Izijoliso zenjongo yesicwangciso buchule sonyaka wama-2018/19

| Isikhombisi senkqubo ekuqhutywe ngayo Isikhombisi sesiPhumo | | Indlela ephicothiweyo/eyinyani ekuqhutywe ngayo | | | Indlela yokuqhuba eqikelelwayo | Iithagethi zekota ephakathi | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | | 2014/15 | 2015/16 | 2016/17 | 2017/18 | 2018/19 | 2019/20 | 2020/21 |
| **Inkqubo enganeno: Inkuthazo yoRhwebo noTyalo-mali** | | | | | | | | |
| 1.1 | Inani leeprojekthi zotyalo mali ezaziwayo | 7 | 10 | 12 | 13 | 14 | 16 | 16 |
| 1.2 | Inani lezivumelwano zoshishino ezisayiniweyo (kuquka abanikeli ngoncedo-mali kunye nababeli) | - | - | 41 | 20 | 25 | 30 | 30 |

### 9.3.5 Iithagetho zekota yowama-2018/19

| Isikhombisi senkqubo ekuqhutywe ngayo Isikhombisi sesiPhumo | | Ithuba lengxelo | Iithagethi zonyaka wama-2018/19 | Iithagethi zekota | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | | | | 1st | 2nd | 3rd | 4th |
| **Inkqubo enganeno: Inkuthazo yoRhwebo noTyalo-mali** | | | | | | | |
| 1.1 | Inani leeprojekthi zotyalo mali ezaziwayo | Ngekota | 14 | 3 | 5 | 2 | 4 |
| 1.2 | Inani lezivumelwano zoshishino ezisayiniweyo | Ngekota | 25 | 5 | 8 | 5 | 7 |

### 9.3.6 Ulawulo loMngcipheko

| Injongo yesicwangciso sobuchule: Ukubonelela ngezixhobo eziluncedo kukhenketho, urhwebo nokukhuthaza utyalo-mali kwiqumrhu likarhulumente ukuvumela ukuphumeza isigunyaziso salo nomyalelo wesicwangciso sorhwebo nokukhuthaza utyalo-mali. | |
|---|---|
| **Inkcazo yomngcipheko** | **IziCwangciso zoBuchule Zokuthomalalisa Umngcipheko** |
| Injongo yesicwangciso sobuchule: Ukubonelela ngezixhobo eziluncedo kukhenketho, urhwebo nokukhuthaza utyalo-mali kwiqumrhu likarhulumente ukuvumela ukuphumeza isigunyaziso salo nomyalelo wesicwangciso sorhwebo nokukhuthaza utyalo-mali. | Umkhomba ndlela ocwangcisiweyo onikwe liGunya bantu loLawulo, iGosa loBalo kunye nabaPhathi abakhulu kwiSebi. Izixhobo ezifunekayo ekuvunyelwene ngazo phakathi kweBhodi, i-CEO kunye noLawulo oluphezulu lweWesgro abaseMagunyeni boLawulo, iGosa loCwangciso-mali nabaPhathi abaKhulu abafanelekileyo beSebe. |
| Ukuphanza ukuqinisekisa ngokuthembekileyo nokuhlola ukuba imali eyabelweyo isetyenziswa ngokwesivumelwano sonaniselwano, esinokukhokelela ekungahanjisweni kwemiphumela ibilindelwe neziphumo zezijoliso. | Ukuphuculwa kolungelelwaniso ngaphakathi kweSebe neWesgro ukuze kujongwe inkqubela yokubanjwa kweentlanganiso zenkqubela phambili zekota kunye neengxelo (kuquka ii-akhawunti zolawulo). Ukunikwa kwengxelo yenyanga yesicwangciso sokusebenza kunye nobume bobungqina besakhelo ebekuvunyelwene ngaso. |

## 9.4 Inkqubo enganeno 3.2: Uphuhliso lweCandelo

### 9.4.1 Isimo soBume sokuPhumelelisa iNdlela yokuSebenza

IProjekthi Khulisa ichaza iindlela ezisetyenziswayo kwimiyaka emininzi, ukugqalisa kumaziko, ayakuthi andise iziphumo zoqoqosho ezichaziweyo ngowama-2020. Ikwanesigaba samaziko ongezelelweyo nandisa amathuba engqesho nawokukhula kwingqiqo yexesha le-15 leminyaka.

Amacandelo kunye neengqiqo nganye ngala:

**INgqiqo 1 - Ukuqhuba amaziko anefuthe**

Ngokohlalutyo lwenkcukacha olwendeleyo (kugqaliswe ekongezweni kwexabiso nokudalwa komsebenzi) neendibano zamahlakani ekujoliswe kuzo, iProjekthi Khulisa yachonga uKhenketho, i-Oyile neRhasi kunye nokrozo lwezoLimo njengamaziko amathathu aneziveliso nawona anamandla okukhawulezisa ukukhula nokudala umsebenzi kummandla ngowama-2020.

**Ingqiqo 2 - Kwandiswe amathuba amacandelo**

Amaziko eBPO kunye namaziko eMiboniso-bhanyabhanya achongwa jengamacandelo “andisa amathuba” kulandela ingqiqo 1 kule minyaka mi-5 ukuya kweli-10 elandelayo.

**INgqiqo 3 - Kwakhiwe amaziko ezixokelwano zendalo**

Amacandelo e-ICT nezinto ezenziweyo ziye zachongwa kule minyaka ili-10 nangaphezulu.

IProjekthi Khulisa yeyona ndlela yokwenza izinto enqamlezayo nenenani lamasebe karhulumente wephondo namanye amaqumrhu anjengo Wesgro, Saldanha IDZ, SAOGA kunye ne-WCFFI zisebenza kunye ukufikelela kwinkcazelo yenjongo. Le ndlela yokwenza inqamlezayo iyakuqinisekisa ukuba ezi ziphumo zommandla zilandelayo siyafezekiswa:

- Ukukhulisa i-GVA ukusuka kwi R1 biliyoni ukuya kwi R3 biliyoni kwaye kuququzelelwe imisebenzi engama-60 000 eyongezelelweyo ngokusesikweni kwiziko le-Oyile neGesi eNthsona Koloni ngoMatshi 2020.

- Ukukhulisa i-GVA ukusuka kwi-R12 biliyon ukuya kwi R26 biliyon kwaye kuququzelelwe imisebenzi eli-100 000 eyongezelelweyo kwiziko lokrozo lwezoLimo eNtshona Koloni.

### 9.4.2 Injongo yesiCwangciso soBuchule

**IOyile neGesi**

| | |
|---|---|
| **Injongo yesiCwangciso sobuchule** | Ukubonelela ngobunkokheli obucwangcisiweyo kwanezixhobo ezifanelekileyo ukukhulisa i-Oyile neziko leGesi. |
| **Inkcazo eneNjongo** | Ukukhulisa i-GVA ukusuka kwi R1bn ukuya kwi R3bn kwanokuququzelela ama-60 0000 yemisebenzi eyongezelelweyo ngokusesikweni kwiziko le-Oyile neGesi leNtshona Koloni. |
| **Isiseko** | Uvavanyo lwempembelelo luyakwenziwa ekupheleni konyaka-mali ka 2018/19. |

**Inkcazo yeNgxaki**

Ngaphandleni kwenzuzo yamakhaya ecacileyo, umhlaba wezibuko ofumanekayo kunye nesiseko esinzima senjineli, eMzantsi Afrika kukho ukunqongophala kwezakhiwo zamazibuko afanelekileyo kwanezinto zangasemva, ezenza isimo esilungileyo sokusebenza, ukwenza umtsalane wobunjineli bolungiso lwamathumbu enqanawa kwaneenqanawa zorhwebo ngolwandle neze-oyile kunye neenkonzo ezibalulekileyo kwanokungabikho ngokwaneleyo kwezakhono kwingingqi kunye nakwi-SME ukwandisa imisebenzi ngempumelelo kunye nokongeza ixabiso kwamashishini engingqi.

**Imiceli-mngeni**

- Izakhiwo zeeNqanawa– Ukukhula koshishino kuvalelwa kukungabikho kwezinto zokwakha ngokwaneleyo.
- Iinkonzo eziyimbumba.
- Izakhono zoMmandla – Ukunqongophala kwabasebenzi abakulungeleyo nabanamava sisizathu esibonakalisa ukusilela kushishino.

**Iinjongo zesicwangciso sobuchule sokuzimisela:**

IProjekthi Khulisa yachonga iinjongo zokuzimisela zantlanu zagxininisa kwaye zabeka phambili imisebenzi neziphumo zohanjiso lweenkonzo ngowama-2020. Le misebenzi neziphumo zayo zinegalelo zokwenyusa i-GVA nemisebenzi ekujolisiweyo kuyo kwiziko le-Oyile neGesi.

Ezi njongo zintlanu zokuzimisela zezi:

- Kwakhiwe kwamaziko afanelekileyo.
- Kuveliswe nokusebenza ngokubambisana ukuphuhlisa izakhono kuwo onke amaziko.
- Uphuhliso lwamashishini.
- Ukwenza lula ushishino.
- Ukulungelelaniswa kwentengiso.

**Amaphulo angundoqo:**

**Injongo yokuzimesela 1: Ukuphuhliswa kweziko elifanelekileyo ngokwaka izibuko kunye namaziko ezakhiwo zeenkonzo zoshishino ukusthintsha iSaldanha Bay ibeyindawo ekulungiswa kuyo amathumbu eenqanawa:**

- Uphuhliso lomhlaba wokumisa iinqanawe lwangasemva.
- Uphuhliso lomhlaba wokakha iinqanawe.
- Izinto elimisiweyo lorhwebo ngolwandle.
  - Berth 205 - Isithulelelo sokulungisa iinqanawa esisemanzini anzulu.
  - Ibhulorho engena elwandle ekumisa kuyo iinqanawa ezilungiswayo, ukwethula nokwakha isikhepe.
  - Isiseko sendawo yentengiso.
- Iinkonzo eziyimbumba.
- Ukudityaniswa ndawonye kwamahlakani acwangcisiweyo ukuqhuba phambili ngesicwangciso esilungelelanisiweyo nokufezekisa ekufuneka kwenziwe.

IKwimpendulo kukuququzelela awona maphulo njengengxenye yendlela zokusebenza zikaRhulumente weNtshona Koloni, INkqubo 3 izakuthatha uxanduva lokuququzelela lamaphulo alandelayo ngonyaka-mali wama-2017/18:

**INjongo yokuzimisela 2: Isicwangciso sobuchule sekhampeyini yokutsala iinqanawe ukuba zize kwiinkonzo.**

- Ukukhuthazwa korhwebo notyalo-mali kwezona marike zingundoq ngu-Wesgro.
- Icebo lemarike ehlanganisiweyo..
- ULawulo lwamahlakani - Kudityaniswa ndawonye amahlakani acwangcisiweyo ukuqhubela phambili isicwangciso esilungelelanisiweyo kunye nokuphunyezwa kwe-SAOGA.

**UKrozo lwezoLimo**

| | |
|---|---|
| **Injongo yesiCwangciso sobuchule** | Ukubonelela ngobunkokheli obucwangcisiweyo kwanezixhobo ezifanelekileyo ukuhambisa amaphulo aphambili ekukhuliseni iziko loKrozo lweZolimo. |
| **Inkcazo eneNjongo** | Ukukhulisa i-GVA ukusuka kwi R12bn ukuya kwi R26bn kwano kuququzelela 100 000 yemisebenzi eyongezelelweyo kwiziko lokrozo lwezoLimo eNtshona Koloni. |
| **Isiseko** | Uhlolo lwempembelelo luyakwenziwa liQela loPhando le-DEDAT's kwaye luyakugqityezelwa ekupheleni konyaka-mali wama-2017/18. |

**Inkcazo yeNgxaki**

UMzantsi Afrika yeyona ithengisa iziveliso zokroziso lolimo, ezamahlathi kunye neemveliso zaselwandle zokuloba. Uninzi lwemveliso ephambili yoMzantsi Afrika ithunyelwa kumazwe angaphandle isekwindlela yayo efreshi eYurophu naseMelika nalaphi iseyakuthi ihanjiswe ifreshi engingqini enye iphinde yalungiswa. Nangona kunjalo, kutshanje amacandelo ezolimo nawokroliso lezolimo eMzantsi Afrika zithe zajongana nemiceli-mingeni emininzi nethe yakhokelela kubavelisi bengingqi bangabinako ukuthatha ithuba  ngokupheleleyo lokuphucula iimeko zoqoqosho kwimarike zengingqi kwaneemarike zeAfrika neemarike zeMpuma.

UMzantsi Afrika ngumrhwebi weemveliso zezolimo ezilungisiweyo, ezamahlathi nezentlanzi, okubonakalisa ukuba kukho ukungoneliseki kwemfuno yeemveliso ezilungisiweyo zoMzantsi Afrika. Ukuxhasa abavelisi bengingqi ukufikelela kwiimarike zocwangciso lobuchule zakubavumela ukuba bakhulise isiphumo sabo, benze ingeniso eninzi kwimali zangaphandle, bandise ukusebenza kwabo nokudala amathuba amaninzi omsebenzi kwikhonkco lilonke, kuquka ukuxhasa amashishini. Ukumoleza imveliso yengingqi kungundoqo ekwandiseni iziphumo zokroliso lwezolimo olujolise ekuhambiseni iinkonzo kuzo zombini iimarike zenginqi nakwizwekazi liphela. This is a translation of the sentence that begins with Strengthening local.

**Imiceli-mngeni**

- URhwebo kunye nemiqobo engeyeyorhwebo - Ukungabikho kwezivumelwano zorhwebo namazwe e-BRIC eAfrika, nokugunyaziswa nezinye iimfuno kwimarike zothengiso lwangaphandle.
- Ukunqaba kunye nexabiso eliphezulu lwamandla namanzi - ezithi zibe nokubambezela ukukhula koshishino
- kwaye lichaphazele ixabiso lokukhuphisana kweshishini elisebenza ngamandla.
- Umceli-mngeni wokunqongophala kwamanzi kwenziwe mandundu yimbalela egqubayo nethe yanciphisa ngokumandla izivuno ikwacutha nobungakanani bemveliso ekhoyo emayilungiswe.
- Ukungabikho kwezinto zolwakhiwo ezizizo - kuquka oomatshini, izixhobo, izithuthi nezinto emazithengiselwe naphandle.
- Ukungabikho kolwazi loshishino nezakhono - ukunqaba kwabasebenzi abanezakhono kumazinga onke ethi kwenyuke ixabiso labasebenzi.
- Ubulunga obungebuhle kwanedatha yokroliso lwezolimo engafanelekanga ukunyusa amandla azakwazisa ukhetho lwemarike ngabavelisi.
- Ukungafaneleki kwendlela yenkxaso ngemali kwicandelo lokroliso lezolimo elibaluliweyo, ingakumbi inkxaso yesibonelelo.
- Ubume bolawulo obungenakhuphiswano.
- Ulwakhiwo loshishino olungaphelelanga - Kukho neefemu ezinkulu ezimbalwa nenani elivisayo le SMMEs zihlangabezane nemiceli-mngeni ngokufikelela kwimali, ukufikelela kwimarike, namandla okuthobela imithetho.

**Iinjongo zokuzimisela**

IProjekthi Khulisa yachonga iinjongo zokuzimisela zantathu ezithe zagqalisa kwaye zabeka phambili imisebenzi neziphumo zohanjiso ngo-2020. Lemisebenzi nemiphumela zinegalelo kwiziphumo zokwandisa i-GVA nemisebenzi ejolisiweyo kwiziko lokrozo lwezoLimo. Ezi njongo zokuzimisela zintathu zezi:

- Kubunjwe olona lwakhiwo lolawulo kwiziko le Halal.
- Kwakhiwe Imiqathango yogunyaziso lwe Halal.

- Kwakhiwe iindawo zokroziso lwe Halal.
- Kukhuthazwe iimveliso zeHalal yase SA kwezona marike zingundoqo.
- Kuqinisekiswe ukufikelela kweSMME nePDI kwitsheyini leHalal.

**Amaphulo angundoqo:**

La maphulo alandelayo zezona ziphumo kumiselo ngalunye kwezi njongo zintathu zokuzimisela:

**Kukhuliswe isabelo seNtshona Koloni semarike se Global Halal ukusuka kwi <1% ukuya kwisi-2% ngowama-2025:**

- Kubunjwe olona lwakhiwo lolawulo kwiziko le Halal.
- Kwakhiwe Imiqathango yogunyaziso lwe Halal.
- Kwakhiwe iindawo zokroziso lwe Halal.
- Kukhuthazwe iimveliso zeHalal yaseMzantsi Afrika kwezona marike zingundoqo.
- Kuqinisekiswe ukufikelela kweSMME nePDI kwitsheyini leHalal.

**Injongo yokuzimisela 2: Ukuphindaphindwa kwexabiso lewayini nebranti esiwa eChina naseAngola ngo 2025:**

- Kwakhiwe kwaye kwenziwe imikhankaso yokukhuthaza iwayini yoMzantsi Afrika nebranti yaseChina.
- UKwakhiwa nokwenziwa komkhankaso wokukhuthaza iwayini yoMzantsi Afrika nebranti yase Angola.
- Kukhuthazwe ibranti yasekhaya engapheliyo.
- Ukwakhiwa kwezona zixhobo zonkcenkceshelo ukukhulisa imveliso enokuthengiselwa ngaphandle kwixesha elizayo (umz. Brandvlei).
- Ukuququzelela iinguqu kushishino lewayini nebranti.

**Injongo yokuzimisela 3: Ukwandiswa kwamandla ommandla wenze iimpahla zeziveliso zolimo kurhwebo lwemarike zangaphakathi namazwe angaphandle**:

- Ukwakhiwa kwe-database yeemveliso ezinokuveliswa eNtshona Koloni.
- Kwakhiwe iintsalela nezixhobo zovavanyo.
- Ukwakhiwa komgodlo wembuyekezo ukuze kukhuthazwe utyalo-mali kwezoLimo.
- Ukwenza ngokutsha nokufumana okusebenzayo kwezoLimo.
- Kwakhiwe izixhobo zokubulala iintsholongwane nokudibanisa iimveliso.
- Kubunjwe izakhono eziyimfuneko ukukhulisa kwiziko lezoLimo.
- Kwandiswa ukufikeleleka kwabalimi abasakhulayo.

Ukumiliselwa kwamaphulo oKroliso leZolimo eKhulisa kuthe kwanyuswa ngokusekelwe kwiimpumelelo zoonyaka-mali abadlulileyo. Indlela yentsebenziswano phakathi kwamaSebe neeArhente ezahlukeneyo zikarhulumente zither zakhokelela kumiliselo oluyimpumelelo lwamaphulo acetyiweyo. Nangona kukho imiceli-mngeni, kwabakho inkqubela phambili kwinani elibalekayo lemiba ephambili ukuzakufika ngoku, kwaye ngokuqwalaselwa komthetho ofunekayo ekwenzeni isibongozo samahlakani abucala nawoluntu ekuxhaseni nokuhlala beqhagamshelana ngamaphulo ukuze kudaleke  isimo esivumela ukuqhuba ishishini, esibonakalisa ukuphunyezwa kwentengiso yorhwebo kwixeshana elifutshane.

**Ukuphendula kuququzelelo lwamaphulo angundoqo njengenxalenye yendlela eyodwa enqamlezileyo nesetyenzisa ngurhulumente waseNtshona Koloni, iNkqubo 3 iyakuthi ibenoxanduva ngokukodwa ekukhuthazeni la maphulo angundoqo alandelayo ngonyaka-mali wama-2017/18:**

Ukukhulisa ulwabelwano lorhwebo lweHalal yaseNtshona Koloni kwiHlabathi liphela ukusuka kwi-1% ukuya kwi-2% ngowama-2025, ngokumanyeneyo noWesgro kunye namalungu eziko afanelekileyo.

Ukuze iNtshona Koloni ibenikuzuza kuqoqosho lweHalal kwihlabathi liphela, kuchongwe inani lamaphulo abalekayo kwaye ayakuphunyezwa ngexesha lonyaka-mali wama-2017/18. La maphulo achongiweyo nayakuthi aphunyezwe ngala:

- **Ukukhuthaza ukuthengwa kweemveliso zeHalal zoMzantsi Afrika kwiimarike ezingundoqo.**
  Iinkampani ezisekelwe kukroliso lezolino eNtshona Koloni zakuxhaswa ukundwendwela iimarike eziHalal ukubonisa iimveliso kwimisitho yezorhwebo; ukuthabatha inxaxheba kwimisebenzi yokukhuthaza nakwamanye amaqonga eHalal zamazwe ngamazwe. Injongo iyonke ngale projekthi kukunyusa ukubhenceka kwezinto eziHalal zeNtshona Koloni njengephondo elikhethwe ngokwesicwangciso kwiimarike apho izinto ekurhwetywa ngazo namazwe angaphandle zakuthi zikhule. Iminqophiso yokuthenga ngaphakathi izinto eziHalal iyakubanjwa kuquka ukumema abathengi kwiimarike ezinocwangciso ukuba zindwendwele iKapa yaye ziququzelele iintlanganiso zezoshishino. Umnqophiso wokuthengisa ngaphandle nawo iyakuba kokokuqukelelela ubukrelekrele bemarike eyakwenziwa ifumaneke kwiinkampani eziseNtshona Koloni ngamaqonga eHalal engingqi nakwiindibano zocweyo. Umiliselo lwale projekthi luqale kunyaka-mali wama-2016/17 yaye ibeyimpumelelo kakhulu kukho iinkampani ezininzi ezifuna ukungena.

- **Ukukhuthaza utyalo-mali kwiindawo ezilungisa izinto eziHalal.**
  Iinzame zokukhuthaza nokubeka iNtshona Koloni njengendawo yeHalal oko isendleleni kusukela ngowama-2015/16 yaye kuninzi okwenziweyo. Amaphononongo efizibhilithi yangaphambili neyangoku kusungulo lweHalal Industrial Park (HIP) ithe yaqukunjelwa ngempumelelo, yaye umuliselo lwecebo lwefizibhilithi edlulileyo luyakuqaliswa ngowama-2018/19. Isigaba esilandelayo sakugxila ekukhangeleni umphuhlisi nabatyali-mali abanokubanako yaye oku kwakwenziwa aph'ekhaya nakumazwe ngamazwe. IOutward Investment Recruitment Missions (OIRM) iyakuqhutywa yaye abaphuhlisi abanako abachongiweyo bengingqi nabamazwe ngamazwe kunye nabatyali-mali kwakujoliswa kubo yaye bamenyelwe iyakuba kokokuqukelelela Koloni.

- **Ukusungula ulawulo olufanelekileyo lokwakhiwa kwamacandelo eHalal.**
  Iqela loLawulo lweHalal kunye neForam yaBaninizabelo zeHalal zizakhiwo ezibini zolawulo ezithe zasungulwa ukukhokela umiliselo lwawo onke amaphulo eHalal. Izakhiwo zolawulo ezikhankanywe ngasentla zihlangana qho ngekota. Iforum yabaninizabelo zeHalal kwisakhiwo inamagosa karhulumente kunye necandelo labucala yaye iQela loLawulo inamagosa kuphela avela kuwo onke amaSebe karhulumente. Ezi zakhiwo zizakuqhuba ukuhlangana qho ngekota ukukhokela izihloko ezithileezithe zasekwa.

- **Ukomeleza isiqinisekiso sobume beHalal ekhaya.**
  Nanjengoko kukho imiceli-mngeni kufikelelo lwemarike zehlabathi ezayanyaniswa nokwanda kokusebenza kwemiqobo engeyeyoshishini ziimarike, urhulumente weNtshona Koloni uyakusebenza nabaqinisekisi beHalal boMzantsi Afrika ukuba bajongane nesistim yokubabuthathaka. Uphononongo lokuhlola iinkqubo zoqinisekiso lweHalal yengingqi, ezikwiinkqubo lwabanye abaqinisekisi beHalal yaye izincomo zokutsiba naziphi izikhewu ezikhoyo kwenziwa ngowama-2018/19. Iprojekthi ngowama-2018/19 iyakugxila ekumiliseleni izincomo kwingxelo yohlalutyo lwezikhewu, yaye konke oku kwakwenziwa ngentsebenziswano nabaqinisekisi beHalal.

**Injongo yokuzimisela 2: Kuphindaphindwe ixabiso lewayini nebranti ethunyelwa eChina nase Angola ngowama-2025 (kufuneka iphunyezwe nguWesgro).**
Inani lamaphulo ezorhwebo athe achongwa ukwandisa ukubakhona kweewayini zaseMzantsi Afrika kuzo zombini iimarike – eAngola naseChina. Ukuphunyezwa kweprojekthi kuya kwenziwa ngentsebenziswano noWesgro kunye naboshishino besebe lelizwe kwezorhwebo lwe-wayini – iiWayini zaseMzantsi Afrika (WOSA), neziyakuthi zize nobungcaphephe nokubakho kwazo kumnatha wentengiso yezorhwebo ethembekileyo. Ezi projekthi zezi:

- Ukuqulunqa nokuphumeza umkhankaso wokukhuthaza iwayini yaseMzantsi Afrika eChina.
- Amaphulo ekufuneka efezekisiwe aquka umnqophiso wolu rhwebo; ukuququzelelo lokusetyenziswa komnqophiso wangaphakathi; ukuqulunqa umnatha wothungelwano lweziganeko lwezorhwebo kunye namaphepha-ndaba kwanokuchonga abathengi; kunye neminye imisebenzi yokukhuthaza inkxaso yoshishino eyakuthi iqinisekise ukwanda kokubakho kwewayini kwintengiso yorhwebo.
- Ukuqulunqa nokuphumeza umkhankaso wokukhuthaza iwayini yaseMzantsi Afrika eAngola. Amaphulo acwangcisiweyo kolu rhwebo aquka ukuququzelela umnqophiso worhwebo lwangaphandle; umnqophiso osetyenziswa ngaphakathi, ukusebenzisana namaziko amisiweyo ezorhwebo aseMzantsi Afrika kushishino ukuphucula ubuchule bengqiqo kunye namaqonga ovavanyo lwewayini; ukumemela abathengi angundoqo kolu rhwebo eNtshona Koloni; kunye nezinye izicwangciso zamaphulo enkxaso kumashishini nayakuthi andise ukwanda ekungeneni kurhwebo lwewayini yaseMzantsi Afrika.

### 9.4.3 Injongo yesiCwangciso soBuchule seethagethi zowama-2018/19

| Isikhombisi seSiphumo | Indlela ephicothiweyo/eyinyani ekuqhutywe ngayo | | | Indlela yokuqhuba eqikelelwayo | Iithagethi zekota ephakathi | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | 2014/15 | 2015/16 | 2016/17 | 2017/18 | 2018/19 | 2019/20 | 2020/21 |
| **Inkqubo enganeno: Uphuhliso lwecandelo** | | | | | | | |
| Uqikelelo lwexabiso lorhwebo notyalo-mali olwenziweyo. | - | - | - | Uphando lwecandelo leDEDAT ukusungula isiseko | R500m | R750m | - |

### 9.4.4 Izijoliso zenjongo yesicwangciso buchule sonyaka wama-2018/19

| Isikhombisi senkqubo ekuqhutywe ngayo Isikhombisi sesiPhumo | | Indlela ephicothiweyo/eyinyani ekuqhutywe ngayo | | | Indlela yokuqhu-ba eq-ikelelwayo | Iithagethi zekota ephakathi | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | | 2014/15 | 2015/16 | 2016/17 | 2017/18 | 2018/19 | 2019/20 | 2020/21 |
| **Inkqubo enganeno: Uphuhliso lwecandelo** | | | | | | | | |
| 1.1 | Inani lamaphulo eKhulisa axhasiweyo | - | - | 2 | 2 | 2 | 2 | 2 |

### 9.4.5 Iithagetho zekota yowama-2018/19

| Isikhombisi senkqubo ekuqhutywe ngayo Isikhombisi sesiPhumo | | Reporting period | Iithagethi zonyaka wama-2018/19 | Iithagethi zekota | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | | | | 1st | 2nd | 3rd | 4th |
| **Inkqubo enganeno: Uphuhliso lwecandelo** | | | | | | | |
| 1.1 | Inani lamaphulo eKhulisa axhasiweyo | Ngonyaka | 2 | - | - | - | 2 |

### 9.4.6 Ulawulo loMngcipheko

| **Injongo yesiCwangciso sobuchule: Ukubonelela ngobunkokheli besicwangciso kwanezixhobo ezifanelekileyo kumaphulo afunekayo ukukhulisa i-Oyile neRhasi kwanamaziko okrozo kwezoLimo.** | |
|---|---|
| **Inkcazo yomngcipheko** | **IziCwangciso zoBuchule Zokuthomalalisa Umngcipheko** |
| Ukuphanza ukunikezela ngobunkokheli besicwangciso nezixhobo ezifanelekileyo ezinokukhokelela kwisicwangciso esinganganxulumenanga nohanjiso lweenkonzo zemiba epha ezibekwe ephambili kuRhulumente weNtshona Koloni (WCG). | Umkhomba ndlela ocwangcisiweyo onikwe ngaBaphathi boLawulo abaseGunyeni, iGosa loBalo kunye nabaPhathi abaKhulu abafanelekileyo kwiSebe. Izixhobo ezifunekayo ekuvunyelwene ngazo phakathi kweSebe nabadlala indima ngokufanelekileyo. |

## 9.5 Ukuhlanganiswa kweethagethi zendlela ekuqhutywe ngayo noHlahlo-mali kunye neMTEF

### 9.5.1 Uqikelelo lweNkcitho-mali

| Inkqubo enganeno | Ephicothiweyo | | | Ulwabiwo olungundoqo | Ulwabiwo olulungelelanisiweyo | Uqikelelo oluqwalaselweyo kwakhonaikelelo oluqwalaselweyo kwakhona | Uqikelelo lweethagethi zekota ephakathi | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| **R'000** | **2014/15** | **2015/16** | **2016/17** | **2017/18** | **2017/18** | **2017/18** | **2018/19** | **2019/20** | **2020/21** |
| 1. Inkuthazo yoRhwebo noTyalo-mali | 19 235 | 23 000 | 28 417 | 30 420 | 34 020 | 34 020 | 36 200 | 34 320 | 36 208 |
| 2. Uphuhliso lweCandelo | 52 013 | 34 663 | 27 174 | 21 014 | 17 833 | 17 833 | 12 569 | 13 490 | 14 428 |
| 3. Amaphulo esicwangciso sobuchule | | | | | | | | | |
| **Itotali yentlawulo noqikelelo** | **71 248** | **57 663** | **55 591** | **51 434** | **51 853** | **51 853** | **48 769** | **47 810** | **50 636** |
| **Uhlelo loqoqosho R'000** | | | | | | | | | |
| **Iintlawulo zangoku** | **17 003** | **11 502** | **14 119** | **15 153** | **12 138** | **12 138** | **11 069** | **11 906** | **12 757** |
| Imbuyekezo yabasebenzi | 11 848 | 10 815 | 9 533 | 9 489 | 9 489 | 9 489 | 9 339 | 10 079 | 10 830 |
| Iimpahla neenkonzo | 5 155 | 687 | 4 586 | 5 664 | 2 649 | 2 649 | 1 730 | 1 827 | 1 927 |
| Inzala nomrhumo womhlaba | | | | | | | | | |
| **Utshintshiselwano neenkxaso** | **54 169** | **46 069** | **41 413** | **36 095** | **39 695** | **36 695** | **37 700** | **35 904** | **37 879** |
| Amaphondo noomasipala | | | | | | | | | |
| Iiarhente neeakhawunti zeSebe | 19 235 | 23 000 | 28 417 | 30 420 | 34 020 | 34 020 | 37 700 | 35 904 | 37 879 |
| Iidyunivesithi neeteknikhoni | | | | | | | | | |
| Oorhulumente bangaphandle kunye nemibutho yamazwe ngamazwe | | | | | | | | | |
| Amashishini karhulumente kunye namashishini abucala | 10 | | | | | | | | |
| Amaziko angenzi nzuzo | 33 922 | 23 000 | 12 996 | 5 675 | 5 675 | 5 675 | | | |
| Ezezindlu | 2 | 69 | | | | | | | |
| **Utshintshiselwano kunye neenkxaso zeNkunzi** | | | | | | | | | |
| IAkhawunti kaRhulumente yoRhwebo lweMoto | | | | | | | | | |
| **Intlawulo yeeasethi eziphambili** | **73** | **85** | **26** | **186** | **5** | **5** | | | |
| Izakhiwo nezinye izakhiwo ezimiselweyo | | | | | | | | | |
| Iimatshini nezixhobo | 67 | 81 | 24 | 186 | 5 | 5 | | | |
| Iiasethi zamafa | | | | | | | | | |
| Iiasethi zobuNgcali kwezoMkhosi | | | | | | | | | |
| Iiasethi zeBhayoloji | | | | | | | | | |
| Umhlaba kunye neeasethi zomhlaba ophantsi | | | | | | | | | |
| Isoftiwe nezinye iiasethi ezingabambekiyo | 6 | 4 | 2 | | | | | | |
| **Iintlawulo zeeasethi zezemali** | **3** | **7** | **33** | | **15** | **15** | | | |
| **Itotali yohlelo loqoqosho** | **71 248** | **57 663** | **55 591** | **51 534** | **51 853** | **51 853** | **48 769** | **47 810** | **50 636** |

# 10. INKQUBO 4: IMIMISELO YEZOSHISHINO KUNYE NOLAWULO

### 10.1 Injongo

Ukuqinisekisa ukulingana, nokuthatha uxanduva kwisimo soshishino eNtshona Koloni - ngokusebenzisa amaphulo ongenelelo aqhelekileyo kwimeko yorhwebo kwakunye nezingenelelo ezicacileyo eziyalelwe nguMgaqo-Siseko kunye nemigaqo-nkqubo nowiso-mthetho kazwelonke namaphondo.

### 10.2 Ulwakhiwo lwenkqubo

**Inkqubo enganeno 4.1: Ukhuseleko loMthengi**

Ukwakha, ukuphumeza nokukhuthaza imilinganiselo eqinisekisa amalungelo nomdla wabo bonke abathengi

### 10.3 Inkqubo enganeno 4.1: Ukhuseleko loMthengi

#### 10.3.1 Isimo soBume sokuPhumelelisa iNdlela yokuSebenza

Inkqubo yommiselo loShishino noLawulo lithi limisele phambili izigunyaziso zowiso-mthetho ezinyanzeliswa nguMgaqo-Siseko weRephabliki yoMzantsi Afrika, ka-1996 (uMthetho 108 wama-1996) ngokunjalo nezibonelelo zomthetho wephondo nokazwelonke. Ngokubhekiselele kuKhuseleko loMthengi, isaHlulo A seShedyuli 4 kuMgaqo-Siseko sichaza into yokuba ummandla woKhuselo loMthengi ngummandla osebenzisanayo ngaxeshanye nokhuphiswano lowiso-mthetho kazwelonke nowamaphondo. Ngako oko, amanqanaba orhulumente kazwelonke nowamaphondo anobuchule owiso-mthetho kummandla wokhuseleko lomthengi. Ngenxa yoku kuchazwe ngasentla isebe lephondo libhengeze uMthetho wemiCimbi wabaThengi eNtshona Koloni (Iindlela ezingalunganga zamashishini) ka 2002 (uMthetho 10 wama-2002). Lo Wiso-mthetho umisela i-Ofisi yoMkhuseli wabaThengi njengegunyabantu lotshutshiso lwephondo elinoxanduva lokuphanda kwaye lisombulule izenzo zoshishino ezingalunganga.

Ukusuka koku kungentla, kuyabonakala okokuba i-OCP inegunya elimandla lokuphanda isenzo esinokuba nempembelelo enefuthe elibi kubathengi bephondo. Kwinqanaba likazwelonke kananjalo sinoMthetho woKhuselo lwabaThengi, 2008 (uMthetho 68 wama-2008) owathi wazalisekiswa ngomhla woku-1 kuTshazimpunzi wama-2011. Lo mthetho wowiso gunya uthi uqononondise indima ye OCP yephondo nomyalelo kwiziko lokhuselo lomthengi. UWiso-mthetho kaZwelonke uthi kananjalo uqinisele kwezinye izenzo ezingekho mthethweni kwaye ukhuphe iindima nemisebenzi ethile ezithi ii-ofisi zamaphondo neenkundla zamatyala ephondo ziyakufuna ukuyidlala ukuze kuqinisekiswe ukufesekiswa okusebenzayo kowiso-mthetho kazwelonke. Ngokwemiqathango esebenzayo lento ithi iguqulelwe kwi OCP eyenza izikhalazo or uphando kwizikhalazo ezifakiweyo ngabathengi ngokungahambisaniyo nesehlo/Imveliso/inkonzo yeshishini. Isigunyaziso esisemthethweni esongezelelweyo yingqiqo ebalulekileyo kwimfundo yomthengi yaye sibalulekile ukwenza umthengi wesiqhelo abenolwazi ngamalungelo neembophelelo zomthengi. Kwilizwe apho ukuphathwa gadalala komthengi kwisikali esikhulu kusenzeka, oku kusisigunyaziso esibalulekileyo. Kufuneka kuqatshelwe ukuba zozibini izigunyaziso zenziwe ngokowiso-mthetho lwephondo nolukazwelonke.

Ngokweendlela ezisebenzayo zeOCP kubalulekile ukuqaphela indlela iinkonzo ezinikezwa ngayo kubemi. Okwangoku intshukumo yomsebenzi we-OCP kukufumana izikhalazo zabathengi ngokwezindlela zimbini zilandelayo:

- Iziko lotsalo Mnxeba wamahala: I-OCP ineziko lotsalo mnxeba wamahala ethi isetyenziswe kwaye ilawulwe yiarhente yangaphandle imele uRhulumente wePhondo leNtshona Koloni. Abathengi apha eNtshona Koloni bathi ke ngoku bakwazi ukufaka isikhalazo esimiselweyo besebenzisa iziko lotsalomnxeba. Umba sewushicilelwe ngokusemthethweni waye waphandwa yiOCP OCP;

- IZiko ekungenwa kulo: I-OCP kwakhona yenza "Iziko ekungenwa kulo ngabathengi" kumbindi weKapa kwaye abathengi bayakwazi ukusuka batyelele iziko elo kwaye bafake izikhalazo ngokwabo.

Ngokwemiqathango yesimo sohanjiso lweenkonzo, amaziko emimiselo kwiDEDAT asoloko ebonwa ngenye indlela njengequmrhu elingamiselwanga kakuhle kwindawo yophuhliso loqoqosho. Oku konganyelwa ukususela ekubeni ummiselo wathi wahlolwa jikele njengowawutyesehele uphuhliso nonesinyanzeliso esingafanelekanga kwisimo esifuna ukukhula koqoqosho. Ummiselo uthe kule minyaka yangoku ujongwa njengelungu elivumelanayo, ukuqinisekisa okokuba bonke abadlala indima kuqoqosho (abathengi, amashishini kunye nemida eyohlukeneyo karhulumente) ayasebenzisana ngokwesimo esikhuselekileyo nangokusemthethweni kwanentelekelelo, ngokumiselwe phezu kotshintsho nokukhula. Kukho ukwanda kwengqiqo kwinxalenye yeziko loshishino malunga nokuba ukukhula koqoqosho bekungafanelanga kuba yindleko yolingano. Okulungileyo kubathnegi kunye nokuyinkxaso yoxanduva lwemisebenzi yorhwebo kunye neziveliso kungaba yinzuzo yokhuphiswano olunokumisela okufanelekileyo kuqoqosho lwehlabathi liphela, nalapho ukhuphiswano luyakwanda kakhulu

phakathi kwabafikayo abasuka kwamanye amazwe nabasuka kweli lizwe. Utshintsho lobuchule bobugcisa bangoku, iindlela zorhwebo, imifuziselo kunye nezivumelwano zizise, kwaye ziyakuthi ziqhubele phambili ukusiza, iinzuzo ezintsha, amathuba kunye nemiceli-mngeni kwimarike yeenkonzo neempahla zabathengi eMzantsi Afrika. Ngexa yesi siphumo kwafumaniseka kukho umnqweno wokukhuthaza isimo soqoqosho esixhasa neomeleza inkcubeko anamungelo abathengi kwanokuthatha uxanduva, utshintsho lokuveliswa kwezinto ezintsha kushishino nokwandisa kwezinga lemisebenzi.

UNcwadi olutsha olubhaliweyo ngokhuseleko lwabathengi lwehlabathi liye lalathisa ukuba udumo noloyiko nokuzazisa kuwonkewonke okubi ziye zibaluleke kakhulu njengezikhokelelo ekuthobeleni - nokuxhasa lziqulunqo ezitsala nezigcina abathengi ikhula ibe yeyona nto ibekwa phambili kushishino. Udumo ke ngoku luvela njengeyonanto ibaluleke kakhulu enika ifuthe ekuthobeleni kokubini kumashishini amakhulu namancinci. Iqwalaselwe into yokuba inani lee-arhente athi alwelwe ukusetyenziswa kokwaziswa kuwonke wonke ekwaziseni uluntu, kwanokukhuthaza kananjalo ukuphuculwa kwamazinga okuthobela. Ekuxoxeni namashishini ngemiba yokuthobela nangokubonelelwa nguMthetho woKhuselo loMthengi iye yacaca ukuba uninzi lwawo (Ngakumbi i-SMME) iye yachonga ukuba ukugcina ubudlelwane obugqwesileyo nezemali ezisemgangathweni kunye noluntu lwasekuhlanleni kunokunyusa impumelelo eqhubayo yezoshishino, ngelixa ukuphulukana nodumo (umzekelo, ngenxa yengxaki yomthengi, inokonakalisa kushishino. Lonto ithi ingqine into yokuba ukuphanza ukusebenzisana nomthetho kwanamathuba okubasesichengeni seentshukumo ikwajongekile ngamashishini ukuba inamandla wokumosha udumo.

Amaqela athile olawulo nesigunyaziso kunye namahlakani ekusetyenziswana nawo baqondisisa ukuba, indumasi yeyona iza nenkqubela phambili, yayibalulekile kushishino ukuchasa ukwaziswa kokungalunganga kuwonkewonke, ingakumbi ngexesha apho ukukhula koqoqsho kuba ngumba wokubaluleka kazwelonke. Ithi ke lonto ibeke ithuba elilil o ukuze iziko lowiso-mthetho esinje ngeOCP ukuthi ixhaphaze “lomdla wokuthobela” okusingqongileyo kwaye nokuqinisekisa ukuba iinzuzo zokhuselo lomthengi ziyandiswa hayi kuphela kubathengi kodwa nakushishino.

Lonto bubungqina bokuba isimo sokhuselo lomthengi esisebenzayo siso esiye sibonelele indlela apho umthengi anokuhlangabezana nesimilo soshishino lwakhwe kodwa leyo ethi iqwalasele ukubaluleka kokukhula noqhelwaniso kwezoqoqosho. Ngalendlela i-OCP inokufumana ngokupheleleyo umtyhi wayo kuRhulumente weNtshona Koloni ukusukela oko yathi yalungisa iinkonzo zabathengi kwaye izakuhamba indlela ende ekubeni negalelo kwisiphumo sikazwelonke sokuqinisekisa ukuba “iinkonzo zoluntu ezisekelezwe kuphuhliso olulungileyo nolusebenzayo kwanokuxhotyisiweyo, okulungileyo nokuba ngummi ngokumanyeneyo” kuqalisiwe.

### 10.3.2 Iinjongo zesiCwangciso sobuchule

| | |
|---|---|
| **Injongo yesiCwangciso sobuchule** | Ukunika inkonzo yokhuseleko lomthengi esebenzayo nethembekileyo kwiphondo nethi yayanyaniswe neenjongo zemisebenzi njengoko kuchaziwe kuwiso-mthetho lokhuseleko lomthengi wephondo nozwelonke. |
| **Inkcazo eneNjongo** | Ukunika inkonzo yokhuseleko lomthengi esebenzayo nethembekileyo kwiphondo nethi yayanyaniswe neenjongo zemisebenzi njengoko kuchaziwe kuwiso-mthetho lokhuseleko lomthengi wephondo nozwelonke. |
| **Isiseko** | R10 051 162 |

### 10.3.3 Izijoliso zenjongo yesicwangciso buchule sonyaka wama-2017/18

| Isikhombisi seSiphumo | Indlela ephicothiweyo/eyinyani ekuqhutywe ngayo | | | Indlela yokuqhuba eqikelel-wayo | Iithagethi zekota ephakathi | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | 2014/15 | 2015/16 | 2016/17 | 2017/18 | 2018/19 | 2019/20 | 2020/21 |
| **Inkqubo enganeno: Ukhuseleko loMthengi** | | | | | | | |
| Inani leeNGO zesicwangciso sobuchile sabathengi kunye namanye amaqabane afanelekileyo asulungiweyo | 31 | 35 | 30 | 32 | 30 | 30 | 50 |
| Ukongiwa kwexabiso | R6.8m | R10 051 162.05 | R1.5m | R2.5m | R2m | R2m | R3m |

### 10.3.4 IsiCwangciso sokuPhumeza

**Ukubuyekeza abaThengi:**

Iiprojekthi nemisebenzi enxulumaniswe neenkonzo zeOCP zithi zibekelwe kwiinkonzo ezibandakanya abemi sukela koko inika inkonzo yokusombululo iingxabano phakathi kwabathengi nabathengisi. Ezinkonzo zichaziweyo ngentla zinokusebenza kuphela xa izixhobo zabasebenzi ezilungileyo nezikwizinga eliphezulu, iinkonzo ze ICT nongenelelo olugxile kubathengi zikhona. Yinjongo yethu leyokuba amaphulo ahlukeneyo umz. amaziko lotsalomnxeba amahala, iinkonzo ze ADR iinkonzo zokujaja zisenziwa ziinkundla zabathengi, zonke zigxile ekuqinisekiseni ukuba iinjongo njengoba zibekiwe ku PSG 1 no 5 ziyaphunyezwa. Ngokunika iinkonzo ezisebenzayo kubemi lonto ikhokelela kubo bafumane inzuzo, imbuyekezo, ukulungiswa kweemveliso ezingalunganga njl. iyunithi idlala indima yayo ekuqinisekiseni ukuba abemi beNtshona Koloni bafumana amava okuqala okuzinikela kwe WCG ekunikezelweni kweenkonzo zoqobo.

Iindlela zokuzilawula ezomeleziweyo nokunyuka kokwaziswa kwamalungelo abathengi kushishino iyakuthi yenze iimeko ezivumelayo ekunyusweni nophuhliso lwezondlela zezisombululo ezonelisa wonke ubani kwingxabano zabathengi. Amava eminyaka edlulileyo ayangqina ukuba iindlela zokusombulula iingxabano zingaphandle kweenkundla zezona ndlela zisebenzayo nezixabisa phantshi ekufumaneni ukulungiselelwa komthengi, ngakumbi kumatyala amancinci, xa iinkundla zomthetho zisoyisakala ukuzisa iziphumo ezinqwenelekayo ngenxa yenkqubo ezithatha ixesha elide, amaxabiso aphezulu, iinkqubo ezimiselweyo kunye nemiqobo ngokwasengqondweni enxulumene nokubandakanyeka kwintshukumo yenkundla. Uphuhliso lweesistim zezisombululo zeengxabano nje kuphela ukuba kunokwenzeka ngaphandle kwentsebenziswano nomdla wokusebenzisana kwezoshishino. Ngoko ke, uphuhliso lwesistim yesisombululo sengxabano kufuneka iqukwe kwingqiqo yokuphatha abathengi ngobulungisa. Ngendalo, ukuphumeza injongo ekhankanywe ngasentla kusekwakho imfuneko emandla ukuzibandakanya nokunyanzelisa unxulumano olusebenzayo namacandelo ezoshishino ingakumbi iiSMME. Olu bandakanyo alujoliswanga ekudaleni unxibelelwano namashishini kodwa igxile kakhulu ekukhuthazeni ukwazisa kwezoshishino ngendima ebalulekileyo nomsebenzi owenziwe yiOCP nokubanako ukungenelela kwiingxabano zabathengi. Olu bandakanyo luthe lwaneziqhamo nanjengoko sifumana amashishini amaninzi acebisa abathengi ukuba bazimanye nathi xa iingxabano ziqhamka yaye ezo ngxabano zisonjululwe. Kwicandelo leeSMME olu ncedo aluloncedo nanjengoko lunciphisa iindleko zokuthobela ushishino nanjengoko iinkonzo zethu ezimahala zinokusetyenziswa ukusombulula ingxaki. Iindleko zomthetho ezidlulileyo engebezithwelwe ngamashishini ngoku zisusiwe yaye iingxabano eziqhubekayo zingasonjululwa ngendlela eyiyo.

Intsebenziswano enkulu phakathi kwe-ofisi yemicimbi yabathengi ephondweni kunye noKhomishoni yabaThengi kaZwelonke ikhokelele ekuvelisweni kweengxelo ezimanyeneyo ngokwemeko yokhuselo lomthengi (kugxilwe ekusonjululweni kwezikhalazo nokuthobela nokwenza) eMzantsi-Afrika. Kwezingxelo kuyangqineka ukuba i-OCP yeNthsona Koloni yeyona exakeke kakhulu, ukuba ayiyona ofisi exakeke kakhulu yokukhusela abathengi esizweni. Lonto yenziwa kukusetyenziswa kokubini izika lotsalomnxeba kunye nesixokelwano sekhompyutha solawulo lwezikhalazo apho kufakwa kwanokulawulwa lwezikhalazo zomthengi, kwentsebenziswano nomdla ezingasetyenziswayo nakweliphi na lamaphondo. Ukungongeza, intsebenziswano ibonise ukukhula okubalulekileyo kwenani lemikhankaso kazwelonke yokwazisa eyenziweyo.

**Iindawo ezintsha ezibekwa phambili ekugxilwe kuzo:**

**Inkxaso ye SMMEs**

Kwiminyaka mali edlulileyo eyona ndima yeOCP njengoba ushishino lujongile (kuquka i-SMMEs) yayinxulumene nophando lwezikhalazo zabathengi ezazingeniswe ngokungahambisani nalomashishini. Ithi ke ibenokufuneka ukuba i-OCP izayamanise ngokwezicwangciso ezihamba phambili zeSebe ngokukodwa ngokungqamene nendima edlalwa ziSMMEs kwinkalo yokudala imisebenzi.

Ngenxa yesiphumo sogqaliso olutsha iwe OCP Iyakuba yindima yokuxhasa nokuxhobisa ii-SMMEs ngokomyalelo lwegunya lowiso-mthetho njengokwenziwe nguMthetho woKhuselo lwabaThengi. Ngexesha loonyaka mali abadlulileyo ingqinekile intoba uninzi lwezikhalazo zabathengi ezifunyenweyo yiOCP zinxulumene neemveliso/ Iinkonzo ezinikwe zii SMMEs. Isisombululo sezongxabano zingqinile ukuba nomceli-mngeni ngakumbi sukela uninzi lweeSMMEs zingazi ngezinyanzeliso ezibekwe kuzo nguMthetho woKhuselo lwabaThengi kwaye ngenxa yoko bayame kwimigaqo-nkqubo nemiqathango engasasebenziyo ngokubhekiselele kumalungelo abathengi.

Ngenxa yoko kukho ukungabi namdla kweeSMME ukuxoxa nokuhlangabezana nemiba yengxabano. Kwamkelekile kumazwe onke okokuba ukumoshakala kodumo kunokwenziwa kushishino ngenxa yeembono abathengi abanazo zokuba amalungelo wabo awakhuselwanga. Okukumoshakala kodumo kungaguqulelwa ekuphelelweni kukuzithemba kwabathengi kushishino okanye uphawu lwemveliso ekuthi oko kuguqulelwe ekuphulukeni nophendulelo kwangokunjalo nengeniso. Imiphumela enkqonkqozayo yokukumoshakala kodumo kuninzi ngenxa yokuba iyakuvalela amandla oshishino ekukhuleni kwaye kudaleke imisebenzi kwakhona oko

kuyakunciphisa ukukhula koqoqosho wommandla. Indima nokubaluleka kwemithetho esisiseko enje ngokhathalelo lomthengi, amalungelo omthengi/iimfanelo, umthetho omtsha kwanomgaqo-nkqubo wokukhusela umthengi lonto ibalulekile ukuze ushishino lugcine ukuzithemba komthengi kwaye lichume. IOCP nayo ikwabona la mangenelelo njengenxenye yegalelo leSebe ngakuphuhliso lwezakhono kwicandelo nanjengoko ukhathalelo lomthengi nezinye izakhono ezingaphambili iyimiba apho iSMME ifuna uncedo. Kuyakubakho uqhagamshelwano nezinye iiNkqubo phakathi kwiSebe ukuqinisekisa ukuba iOCP inegalelo elihle kwiinjongo zala maSebe.

Ngolo hlobo i-OCP iyakuthi izibandakanye ngokuzimisela neeSMME, amalungu amacandelo, amasebe karhulumente, oomasipala, amaqumrhu amalungu oshishino anike inkxaso kulo mbandela. Enye yeendlela ezizakulandelwa kulonyaka-mali kukusebenza noomasipala neeSMME ngaphakathi kwindawo yomasipala ombaxa ukuthetha ngemiba yokuseleko lomthengi neeSMME ezichaphazelekileyo.

**Iinkonzo zoMthengi zezeMfundo:**

Imfundo nemisebenzi yolwazi ethe yenziwa kwiminyaka edlulileyo ibonisile ukuba umsebenzi weOCP kule ngqingqi uzisa iziphumo ezihle kwaye ufumana umdla omkhulu ngabathengi nosomashishini. Imfundiso |yabathengi yinkqubo yexesha elide neqhubekekayo, nangakumbi kwilizwe apho ezorhwebo zisakhulayo, ziziqhelanisa nokusebenza kwesixokelwano sorhwebo ngokukhululekileyo. Kwamkelekile ukuba abathengi bangabikho semdleni wokuba kwimpixano nesishini. Oku kufanelekile kakhulu kumacandelo abuthathaka kwindawo yethu. Esinye sezizathu soku kwahluka kukuva ukuba ishishini linobutyebi obungaphaya ukukhusela impixano yaye engasindawo. Okufunekayo apha kukutshintshwa kwengqondo phakathi kwabathengi nanjengoko sinentlaninge yamaqhezu owiso-mthetho lokhuseleko lwabathengi obeluyilelwe yaye lamiliselelwa ukukhusela amalungu oluntu. Koku ukukhankanywa koMthetho weKhredithi kaZwelonke noMthetho woKhuselo loMthengi kungenziwa. Umceli-mngeni kukuba abemi abanalwazi ngamalungelo abo njengoko ekhuselwe ngumthetho yaye babangamaxhoba kwizenzo zolwaphulo mthetho. Imfuneko ngoko ke kukujongana nokunqongophala kolwazi nokuzimanya kakhulu nabemi ingakumbi abemi ababuthathaka abanifikelelo olunyiniweyo kwizinto abanye abemi abanazo. Ngaxeshanye kukho imfuno yokwandisa umsebenzi wolwazi nemfundo ukuhlaziya iindawo nokusebenzisa iindlela zonxibelelwano. Ngokunxulumene notshintsho kwisimo semarike nokwanda kokusasazeka kwezicelo zeendlela ezintsha zonxibelelwano ngamashishini, kukhangeleka kuyimfuneko ukomeleza imisebenzi yeOCP ejoliswe ekufundiseni abathengi ngokuphathelene nemigibe nemingcipheko abajongene nayo. Ifuthe lobugcisa obutsha kwinkqubo yotshintshiselwano phakathi komthengi neshishini nalo luyalela ukuba izicwangciso-buchule ziphuhliswe yaye zimiliselwe ukuze kugcinwe umzila ngale ndlela intsha yobangumthengi.

Kwiminyaka ezayo i-OCP icinga ukuqhubekeka isekeleze umgaqonkqubo wokukhusela abathengi kulwazi oluthi lufunyanwe rhoqo, lithembekile malunga noMzantsi Afrika kwaye ingakumbi abathengi beNtshona Koloni. Ukuxhasa umgaqo-nkqubo wokuthenga ngeenkcukacha malunga ngezinga elithile leengxaki abajongene nazo abathengi kwimarike, imiqoqbo ethintela abathengi bangaziqhelanisi ngokupheleleyo kurhwebo lwalemihla kwaye namalunga nezinga langoku lolwazi nokwaziswa kwabathengi iyakuvumela i-Ofisi ifezekise izisombululo eziyondelelanayo ezijolise ekunciphiseni okanye kwehle utshintsho kwimarike olungakholisi abathengi.

**Imisebenzi yemfundo yomthengi yeOCP**

Kule minyaka izayo, i-OCP izakuqhubeka isenza imisebenzi ngemfundo nolwazi kugxilwe ekufundiseni amaqela abathengi ohlukeneyo. Inkqubo yemfundo iyakuquka imiba esisiseko, ulwazi oluthi luququzelele ukusebenza korhwebo, lufuna ubuchule bemihla yonke yokulungisa ilungelo lokukhetha lwabathengi.

Imikhankaso ye OCP iyakuthi yenziwe ngokusebenzisana neKhomishoni yabaThengi kaZwelonke (NCC) amagunya abantu olawulo ohlukeneyo kunye namacebo kaOmbudsman anokuba ayalawulwa okanye iyakwenziwa ngokoMthetho woKhuseleko loMthengi, 2008. Kubalulekile ukuba ngeli xesha unyino lwezoqoqosho silukhulise yaye silulawule ngokupheleleyo ngokuba namaqabane amaninzi esinawo namanye amaziko olawulo. Isimo sobume solawulo lwentsebenziswano yokhuseleko lomthengi olusebenzayo bakuzuzisa abaninizabelo abaninzi yaye ibavumele bahlangabezane neenjongo nangonga kukho izinto ezimbalwa zokunceda. Ukuphuhliswa kobuqabane nentsebenziswano ngoko ke kubayingqwalaselo esemqoka ngeli xesha.

Imikhankaso yemfundiso nolwazi ziyakwenziwa kumaqela abathengi ahlukeneyo: uLuthsa, abadala, abantu abadala kunye necandelo loshishino. Kwixesha eliphakathi, i-OCP izakwakha umkhankaso uzakuhlala kujoliswe kwiSMMEs. Lonto yenzeka kusukela kukho imfuneko yokuxhasa i-SMMEs kumba wamalungelo abathengi neemfanelo zabo ngokowiso-mthetho onguwo. Oku kungenxa yemfuno ethe yachongwa ukuze kuxhaswe iSMMEs kwimiba yamalungelo abathengi neembophelelo ngokwemimiselo yowiso-mthetho olufanelekileyo.

**Ukuqhubela phambili ngokugqalisa kwimiba ephambili: Imfundo ngolwazi lweziMali**

Imfundo ngezemali okanye ukusilela buthe baqwalaselwa njengeyona ngxaki inkulu emakhayeni nakuluntu. Oku akubangelwanga nje ngamanqanaba asezantsi ofikelelo jikelele, nemigangatho ephantsi yemfuno esesikweni kodwa kukwabangelwe kukunqongophala kofikelelo kulwazi. Le yimeko ekuyiyo eMzantsi Afrika, apho isistim yemfundo esesikweni ithe yasilela ukuphumeza amanqanaba okufunda. Nangona kunjalo, ayiloluntu nje olunemivuzo ephantsi olubonisa amanqanaba aphantsi emfundo yezemali eMzantsi Afrika. Nanjengoko kuchaziwe kumaphononongo ophando amaninzi enziweyo yiBhodi yeeNkonzo zezeMali ukunqongophala kwemfundo yezezimali kusahleli kungoyena mceli-mngeni ungundoqo eMzantsi Afrika nentlaninge yabamangali kumaphononongo abonisa amanqanaba aphezulu 'okudideka' kwimiba esisiseko yemfundo yezemali. Naphakathi koko umntu angakuthatha njengomthengi ophucukileyo ipesenti ephezulu yeentatheli ibonise inqanaba lokudideka kwimiba yezemali. Nangona kunjalo, abanemivuzo ephantsi kunye nabadla umhlalaphantsi bahleli ingabo ababuthathaka kakhulu kwisicwangciso esingaphucukanga nemikhwa yokudla amandla, nanjengoko kuhlala kunzima (ukuba kungenakwenzeka) kubo ukuba baphinde babuye babekwisimo esilungileyo amva kweengxaki zemali ebebenazo. UMzantsi Afrika waziwa kakhulu njenelizwe elinemiyinge yokonga ephantsi kakhulu emakhaya. Izenzo zokonga kobuqu zehle ngesi-8% kwimivuzo yobuqu ngowama-1970 ukuya kwisi-2% ekuqaleni kwe-1990, ngexa amatyala anyuka kwabo babuthathaka kakhulu nakwabo bamaqela emivuzo efumileyo. Utshintsho olungamandla kwendlela yokuziphatha ngoko ke luyafuneka kude nengqondo yomthengi egcwele ikhredithi kodwa kubulumko bezemali. Imfuneko yokonga ibaluleke kakhulu namhlanje ngaphezu kwangaphambili ingakumbi xa ujonga isimo sezoqoqosho nemiceli-mngeni emininzi abemi abajongene nayo.

Izinga eliphantsi lemfundo ngezemali eMzantsi Afrika lithe laqwalaselwa yimibutho emininzi ejongene noluntu, ishishini lezezimali, urhulumente kunye nemibutho emininzi ithe yalontsha iiprojekthi zemfundo ngezezimali. Imfundo ngezezimali ikwafakwa phakathi kwikharityhula ephuhliswe liSebe lezeMfundo neleMisebenzi. Ngapha koko, icandelo lezezimali lithe lenza isibophelelo esinamandla ukuphucula imfundo yomthengi ngezezimali kwiTshatha yeCandelo lezeziMali ngowama-2003 ngokuzibophelela kwi-0.2% yeengeniso zayo zokusebenza emva kwerhafu yonyaka ukuya kwiiprojekthi zezemfundo ngezimali.

Ngenxa oku kungasentla, iOfisi yoMkhuseli woMthengi igqibe ekubeni ibekwiphulo leprojekthi yokwazisa imfundo ngezezimali ngokuqhuba mangenelelo nawona malungu aethethe kuluntu lwethu. Eli qela kujoliswe kulo lakuquka abemi abaqhelekileyo kwinqanaba le-1-6 leLSM. Ikwajolise ekubeni amangenelelo aboniswe kwisizukulwana esilandelayo sabathengi okuthetha ulutsha lwethu. Uninzi lolutsha lwanamhlanje sele lungabathengi yaye umyalezo wemfundo ngezezimali, uhlahlo-mali, ukongo, ulawulo lwamatyala njl. njl. Kufuneka kunxityelelwane ngalo kubo ngendlela elula neqondakalayo. Ithiyetha yezoshishino ibonwa njengesixhobo soku. Unyaka wama-2018/19 ngoko ke uyakubona iOCP iqalisa ikhampeyini kunxantathu wabathengi kodwa ijolise kubantu abathile njengabangathathi ntweni.

Kuqwalaselwe ngobulumko okokuba imfundiso ngezimali kuye kwangumba oncomekayo nobalulekileyo ekuphatheni urhwebo kunye nomiselo wobulumko, nokuphucula isimo sezimali zomntu(aba) nokuthe kwaba ngumgaqo-nkqubo wexesha elide nophambili kumazwe amaninzi. UNoNdyebo kaZwelonke wachonga ukufundiswa ngolwazi lwemali njengenye yezisombululo ekukhuseleni abathengi kwiinkonzo zemali. Abathengi baseMzantsi Afrika beenkonzo zemali banoovimba abaqingqiweyo nezakhono ekuqondeni ubunzima becandelo lemali. Imiba yabathengi enyanzelisayo enjengokungakwazi ukuvavanya okulungileyo kwimveliso yezimali ngokwayamene neemeko zomntu ngamnye, ukuboleka imali, amazinga aphakamileyo etyala labathengi, amazinga asezantsi okonga imali, ukwanda kwamaqhinga ePhiramidi nezigrogriso zemali, iinkonzo zemveliso eziphezulu, lintlawulo zezohlwayo ukungabikho kolwazi lwamaxabiso afikelelekayo; kunye nokuqingqeka kolwazi ngezinto ezikhoyo kuthe kongeza ukufuneka ngokukhawuleza imfundiso ngolwazi lwemali.

Ukubandakanyeka koNoNdyebo kaZwelonke ngokudalwa kweKomiti yeMfundiso ngeMali apho iNtshona Koloni ilulungu elikhona kubonisa ukuqiniseka kwenkqubo efundisa ngemali. Amanye amaphondo anje ngeKZN athathile amanyathelo ngokufanayo ukubeka phambili imfundiso ngemali. Uluntu oluphila impilo efanelekileyo nangokwezimali lowo ngundoqo kuphuhliso. Ukwenza izinto ngokutsha nokuvelisa iimpahla nenkonzo kuyakuphanza ukuba abathengi abakwazi kufikelela emalini ngenxa yokudwelisa ngokungalunganga/lingxelo zamatyala ezimbi. Ngokungakwazi ukufikelela emalini kumaZiko eMali, oko kunciphisa inani labathengi abanokugcina imveliso neenkonzo zecandelo. Lonto iyakuchaphazela ukufezekiswa kwezinye zezikhankanyo kuPSG 1.

Kungoku nje kukho abathengi abangaphezu kwama-600 000 abenze izicelo zokukhanselishwa ngamatyala ukususela ekwenzeni koMthetho ojongene namaTyala kaZwelonke oqale ngoJuni 2007. Makuqwalaselwe ukuba abathengi abafuna ukukhanselishwa ngamatyala bayasuswa emarikeni njengokucacisiweyo ngumthetho. Lonto ithoba izinga labo bathabatha inxaxheba kuqoqosho njengoba bengenakwazi ukufumana imali mboleko. Kunokuxoxwa kuthiwe abo basusiweyo ekufumaneni imali mboleko bebenokuba ngabona bathengi boshishino eNtshona Koloni. Lonto ithi ithobe ukufunwa kweemveliso ebezinokuvunwa ngababathengi abaphantsi kohlolwa lwamatyala.

Kubalulekile ukuba urhulumente abonelele ngemfundiso kwezezimali kubathengi njengoba oku kuyakunciphisa inani labathengi abakwingxaki zemali. Ukuncitshiswa kwenani labathengi abasematyaleni kuyakulungisa ukufunwa nokubonelelwa kwimarike ekunokuthi kuncede ukukhuthaza uqoqosho.

Iinkqubo ezicetyisiweyo zezemfundo ngoko ke zakunceda ukwazisa abathengi jikelele ngeemveliso ezahlukeneyo zezemali kwimarike kwaneemeko ezinzima zokhetho lwabo.

### 10.3.5 Izijoliso zenjongo yesicwangciso buchule sonyaka wama-2018/19

| Isikhombisi senkqubo ekuqhutywe ngayo Isikhombisi sesiPhumo | | Indlela ephicothiweyo/eyinyani ekuqhutywe ngayo | | | Indlela yokuqhu-ba eq-ikelelwayo | Iithagethi zekota ephakathi | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | | 2014/15 | 2015/16 | 2016/17 | 2017/18 | 2018/19 | 2019/20 | 2020/21 |
| **Inkqubo enganeno: Ukhuseleko loMthengi** | | | | | | | | |
| 1.1 | Inani leenkqubo zezemfundo zabathengi eziqhutyiweyo | 274 | 235 | 120 | 173 | 60 | 100 | 120 |
| 1.2 | Ipesenti yezikhalazo eziphethweyo | - | - | - | - | 100% | 100% | 100% |
| 1.3 | Inani leencwadana zezemfundo zomthengi kunye/okanye imathiriyelo yolwazi olunikezwe abemi namashishini | 4 | 19 357 | 1 000 | 1 765 | 10 000 | 10 000 | 12 000 |
| 1.4 | Inani leendibano zocweyo lwemfundo yezezimali eziqhutyiweyo | 118 | 69 | 20 | 37 | 100 | 120 | 150 |
| 1.5 | Inani leemisebenzi yeeSMME eqhutyiweyo | - | 25 | 10 | 17 | 20 | 20 | 20 |

### 10.3.6 Iithagetho zekota yowama-2018/19

| Isikhombisi sendlela ekuqhutywe ngayo | | Ithuba lengxelo | Iithagethi zonyaka wama-2018/19 | Iithagethi zekota | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | | | | 1st | 2nd | 3rd | 4th |
| **Inkqubo enganeno: Ukhuseleko loMthengi** | | | | | | | |
| 1.1 | Inani leenkqubo zezemfundo zabathengi eziqhutyiweyo | Ngekota | 60 | 10 | 20 | 20 | 10 |
| 1.2 | Ipesenti yezikhalazo eziphethweyo | Ngekota | 100% | 100% | 100% | 100% | 100% |
| 1.3 | Inani leencwadana zezemfundo zomthengi kunye/ okanye imathiriyelo yolwazi olunikezwe abemi namashishini | Ngekota | 10 000 | 2 500 | 2 500 | 2 500 | 2 500 |
| 1.4 | Inani leendibano zocweyo lwemfundo yezezimali eziqhutyiweyo | Ngekota | 100 | 15 | 35 | 35 | 15 |
| 1.5 | Inani leemisebenzi yeeSMME eqhutyiweyo | Ngekota | 20 | 3 | 7 | 7 | 3 |

***Isaziso ngesalathiso sikazwelonke samatyala asonjululiweyo:***

Isalathiso esithetha kumanani amatyala afunyenweyo kwaye asonjululwa yi OCP yinxalenye kokubizwa ngokuba zizalathiso ezicacileyo secandelo ezivunyiweyo kuzwelonke. Ezi zalathiso zavunywa kwinqanaba likazwelonke ukuze kuvumeleke umfanekiso kazwelonke kukhuselo lwabathengi zizakwakhiwa. Ezona ngcaciso ngezizalathiso kwavunyelwana ngazo ngamasebe onke karhulumente nayiKhomishoni yabaThengi kaZwelonke (NCC). Ngokwemiqathango yezingcaciso kwakuvunyelwene ukuba sukela onke amatyala awayefunyenwe ayakufuna ungenelelo oluthile, imibuzo yokuqonda okanye inyathelo ngokobulungisa kuwo onke amatyala afumanekileyo – ngaphandle kobunganani bemibuzo ngawo/indeco – ayakugcinwa ebhalwe phantsi njengamatyala asonjululiseyo. Kananjalo, imicimbi ethi umzekelo igqithiselwe kwelinye ilungu/iziko, okanye lichithwe ngenxa yokungafumaneki bungqina bupheleleyo, okanye ngenxa yemiba yobulungisa ngokomthetho, ayakuthi aqukwe kuluhlu lwamatyala asonjululiweyo. Inani lamatyala afunyenweyo nasonjululiweyo kufuneka ngoko ke abonakalo ngale ndlela.

### 10.3.7 Ulawulo loMngcipheko

| Injongo yesiCwangciso soBuchuie: Ukunika inkonzo yokhuseleko lomthengi esebenzayo nethembekileyo kwiphondo nethi y ayanyaniswe kwiinjongo nemisebenzi njengoko kuchaziwe kuwiso-mithetho wokhuselo lomthengi wephondo nozwelonke. | |
|---|---|
| **Inkcazo yomngcipheko** | **IziCwangciso zoBuchule Zokuthomalalisa Umngcipheko** |
| **Iinkqubo zokufundisa umthengi:**<br>Ukungakwazi ukufezekiswa ngokusebenzayo kweenkqubo zokufundisa abathengi kwiphondo lonke ngenxa yokungabikho kwezixhobo ezaneleyo (ezoluntu, izinto ezakhiwayo nezimali) ekuthi kukhokelele ekuncipheni kokwazisa ngamalungelo abathengi kwakunye nokuphanza ukuphumeza amanqanaba emigangatho yeenkonzo. | Ukunyusa koqhogwano okucwangcisiweyo namahlakani ohlukeneyo namaqabane kwisimo sokukhusela abathengi.<br><br>Intsebenziswano namajelo osasazo iyakuqhutyekekiswa ukuqinisekisa ukuba ukuvezwa kwezehlo eziliqela, iiprojekthi neenkqubo zeOCP ziyakuthunyelwa kubafundi, abamameli nababukeli zamajelo endaba ohlukeneyo. |
| **Izikhalazo zomthengi:**<br>Ukuphanza ukusombulula amatyala afunyenweyo ngenxa yokungasebenzi kakuhle kweKhomishoni yabaThengi kaZwelonke nokungatolikwa kakuhle kwezibonelelo kuwisomthetho wephondo nozwelonke ekukhuseleni abaThengi ekuba negalelo kumalungelo abathengi ekufumaneni ukulungiswa okusebenzayo kwisikhalazo eisthi zivalele uhanjiso lweenkonzo yiofisi yephondo. | Ukwakhiwa kweKomiti ezimeleyo yeeNgcebiso kuMthetho wezoKhuselo lwabaThengi yiKhomishina kaZwelonke.<br><br>Iingxoxo zolawulo lawamatyala eKota phakathi kwamaphondo.<br><br>Ukunika ingxelo rhoqo kwiKhomishoni yabaThengi kaZwelonke kwimicimbi enxulumene nokusebenza.<br><br>Ukuqulunqa amaphepha okuzipozishina kweSebe kwizihlomelo zowiso-mthetho ezinxulumene nokubonelelwa okungahambi kakuhle nokufezekiswa koMthetho wokuKhusela abaThengi.<br><br>IPhepha lokuzipozishina lizakunyuselwa kuMphathiswa kaZwelonke (DTI). |
| **Umgaqo-nkqubo nowiso-mthetheo**<br>Ukungabikho kolawulo okuthi iSebe libenalo kwisimo sowiso-mithetho ngenxa yomyalelo womgaqo-Siseko (ULawulo lweZobulungisa ngaXesha-nye) ekukhokelela ekufezekisweni kwemigaqo-nkqubo nowiso-mithetho olungekho semgangathweni weSebe othi ubenegalelo kwinganaba lohanjiso lweenkonzo nodumo lophawu lwemveliso. | Ukwakhiwa kweForamu yoKhuselo lwabaThengi eyenziwe ngamaphondo oli-9 kunye namaGunyabantu oLawulo.<br><br>IYunithi zenkqubo ezinikwe uxanduva lokuvavanya umgaqo-nkqubo osekeiweyo kwaye unike amabakala kuMEC.<br><br>Imiba neenkxalabo zagqithiselwa kuMongameli neForamu yoQuquzelelo kaNkulumbuso.<br><br>Ukumiselwa kweQela lokuNciphisa uMqobo kwiSebe.<br>Iqela lemiqobo esendleleni liyakubamba intlangano namajelo osasazo iyakuqhutyekekiswa ukuqinisekisa ukuba ukuvezwa kwezehlo eziliqela, iiprojekthi neenkqubo zeOCP ziyakuthunyelwa kubafundi, abamameli nababukeli zamajelo endaba ohlukeneyo. |

### 10.4 Ukuhlanganiswa kweethagethi zendlela ekuqhutywe ngayo noHlahlo-mali kunye neMTEF

### 10.4.1 Uqikelelo lweNkcitho-mali

| Inkqubo enganeno | Ephicothiweyo | | | Ul-wabiwo olun-gun-doqo | Ulwabi-wo olu-lunge-lelanisi-weyo | Uqikelelo oluqwalaselw-eyo kwakhona | Inkcitho-mali yekota ephakathi | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| R'000 | 2014/15 | 2015/16 | 2016/17 | 2017/18 | 2017/18 | 2017/18 | 2018/19 | 2019/20 | 2020/21 |
| 1. Ukhuselo loMthengi | 10 021 | 10 868 | 10 479 | 11 919 | 11 569 | 11 569 | 10 803 | 11 627 | 12 486 |
| **Itotali yeentlawulo noqikelelo** | **10 021** | **10 868** | **10 479** | **11 919** | **11 569** | **11 569** | **10 803** | **11 627** | **12 486** |
| **Uhlelo loqoqosho R'000** | | | | | | | | | |
| **Iintlawulo zangoku** | **9 966** | **10 765** | **10 361** | **11 834** | **11 557** | **11 557** | **10 798** | **11 622** | **12 481** |
| Imbuyekezo yabasebenzi | 7 590 | 8 159 | 8 033 | 8 389 | 8 119 | 8 119 | 8 573 | 9 272 | 10 001 |
| Iimpahla neenkonzo | 2 376 | 2 606 | 2 328 | 3 445 | 3 438 | 3 438 | 2 225 | 2 350 | 2 480 |
| Iimpahla neenkonzo | | | | | | | | | |
| **Utshintshiselwano neenkxaso** | | | | | **7** | **7** | | | |
| Amaphondo noomasipala | | | | | | | | | |
| Iiarhente neeakhawunti zeSebe | | | | | | | | | |
| Iidyunivesithi neeteknikhoni | | | | | | | | | |
| Oorhulumente bangaphandle kunye nemibutho yamazwe ngamazwe | | | | | | | | | |
| Amashishini karhulumente kunye namashishini abucala | | | | | | | | | |
| Amaziko angenzi ngeniso | | | | | | | | | |
| Ezezindlu | | | | | 7 | 7 | | | |
| **Utshintshiselwano kunye neenkxaso** | | | | | | | | | |
| Iakhawunti yoRhwebo ngeMoto kuRhulumente | | | | | | | | | |
| **Intlawulo yeeasethi eziphambili** | **40** | **103** | **70** | **85** | **5** | **5** | **5** | **5** | **5** |
| Izakhiwo kunye nezinye izakhiwo ezimiselweyo | | | | | | | | | |
| Iimatshini nezixhobo | 40 | 98 | 68 | 80 | 5 | | 5 | 5 | 5 |
| Iiasethi zamafa | | | | | | | | | |
| Iiasethi zeengcali zomkhosi | | | | | | | | | |
| Iiasethi zezebhayoloji | | | | | | | | | |
| Iiasethi zomhlaba nezomhlaba ongaphantsi | | | | | | | | | |
| Isoftiwe kunye neeasethi ezingabambekiyo | | 5 | 2 | 5 | | 5 | | | |
| **Iintlawulo neeasethi zezemali** | **15** | | **48** | | | | | | |
| **Itotali yohlelo lwezoqoqosho** | **10 021** | **10 868** | **10 479** | **11 919** | **11 569** | **11 569** | **10 803** | **11 627** | **12 486** |

## 11. INKQUBO 5: UCWANGCISO LOQOQOSHO

### 11.1 Injongo

IInjongo yale Nkqubo kukunika inkxaso kwiinkokheli zeSebe - uMphathiswa, iNtloko yeSebe kunye naBaphathi abaKhulu beSebe - ekuqaliseni iinkqubo zesicwangciso esinika imbono kunye neziphumo ezicwangcisiweyo jikelele kwiphondo nemigaqo-nkqubo yokuqalisa inkqubela phambili yobuchule obusetyenziswayo, ukwandiswa okanye ukusetyenziswa kwayo ukuphumeza iziphumo zeenjongo abagqalise kuzo.

### 11.2 Ulwakhiwo lwenkqubo:

Inkqubo yakhiwe ngolu hlobo:

- **Inkqubo enganeno 5.1: Umgaqo-nkqubo nocwangciso loqoqosho**
  Ukuphuhlisa imigaqo-nkqubo kunye nezicwangciso-buchule zoqoqosho.
- **Inkqubo 5.2: Uphando noPhuhliso**
  Ukuqhuba uphando lwezoqoqosho.
- **Inkqubo enganeno 5.3: ULawulo loLwazi**
  Ukuba negalelo ekudaleni ulwazi lwezoqoqosho.
- **Inkqubo enganeno 5.4: UQwalaselo noHlolo**
  Ukumisela ukusebenza nefuthe leenjongo zomgaqo-nkqubo wephondo kunye nezicwangciso-buchule.
- **Inkqubo enganeno 5.5: Ukuvumela ukuKhula kweZakhiwo namaPhulo**
  Ukuphuhlisa kunye/okanye ukukhuthaza ubume bemeko yoqoqosho evumela amangenelelo
- **Inkqubo enganeno 5.6: IBroadband yoQoqosho**
  Ukuxhasa nokukhuthaza ukusetyenziswa, ukulungela nokufikelela kwibroadband kummandla
- **Inkqubo enganeno 5.7: UQoqosho oluluHlaza**
  Ukukhuthaza uphuhliso lwamashishini aluhlaza nokuququzelela ubukho bezixhobo zoncedo nokugcinakala ukuphucula inkqubela yokhuphiswano lwezoqoqosho.

**Umxholo**

Uphawu lokukhula koqoqosho kwihlabathi liphela lubonakaliswa lutshintsho olukhawulezayo nokuveliswa kwezinto ezintsha kwanokuqhubela phambili kobuchule bobugcisa; ukuphuculwa ngokukhawuleza kweenkqubo zemveliso kunye neenkqubo zokunika iinkonzo kwanemiceli-mngeni emandundu kulondolozo lokukhula kobutyebi nezinto eziluncedo kunye neentsongelo zokutshintsha kwemozulu. Njengoko kunjalo, kwabonakaliswa iintsingiselo ezine ezinempembelelo kakhulu ekukhuleni kwihlabathi liphela, ukuzibiza amaziko oqoqosho, ibroadband, ulondolozo lobutyebi notshintsho oluphenjelelwa kukutshintsha kwemozulu kwanokuyilwa nokuveliswa kwezinto ezintsha. Ukuze uqoqosho lwaseNtshona Koloni lubenokhuphiswano, lufuna ukuba kuphendulwe ngokweemfuneko zoqoqosho lobume bendawo nokuthi kukhuthaze ukuvuleleka kwamathuba, ukunika imikhomba-ndlela nokuhlangabezana nemiceli-mngeni ekhoyo.

Ngoko ke, injongo yalenkqubo kukoyisa izithintelo ezimandundu ekukhuleni koqoqosho, ukusebenzisa amathuba oqoqosho njengenkunzi eshishinini nathi avele ngenxa yezigunyaziso zorhwebo ngokusemthethweni okanye ubuncutshe bobuchule bobugcisa nokukhuthaza utyalo-mali kwiphondo. Ukongeza ulungelelwaniso lokunika udweliso lwenkqubo yeqela nenkxaso esekelwe phezu kobungqina besicwangciso-buchule, ngako oko, iNkqubo iqulathe konke okunxulumene noncedo/iimpembelelo zokukhula koqoqosho ezixhasa ukukhula koqoqosho eNtshona Koloni. Olu nxulumelwano loncedo kunye neempembelelo zezicwangciso zokukhula koqoqosho sisixokelelwano esiphantsi kwenkqutyana eyongezelelweyo kwiNkqubo 5, ezibizwa ngokuba (1) ngaMaphulo aluNcedo kuMaziko okuKhula koQoqosho, (2) uQoqoshe loBalo lwaManani (Digital Economy) kunye (4) noQoqosho loHlaza.

Imixholo exhasa ingxoxo yezi nkqutyana ithe yavela njengenxalenye yemiba engundoqo kwiMigaqo-nkqubo kaZwelonke yaseMzantsi Afrika, kwiNjongo eCwangcisiweyo yoku-1 neye-5 yePhondo, u-OneCape 2040, isiCwangciso-buchule sowama-2014 - 2019 sikaRhulumente wePhondo leNtshona Koloni, nokufunyaniswa kwenkcazelo eyodwa kwiiGame Changers zeNjongo yokuQala eCwangcisiweyo yePhondo kunye neMiba ePhambili yeziCwangciso eziMisiweyo.

**I-OneCape 2040**

Kwimbono yeOneCape 2040 kaRhulumente wePhondo laseNtshona Koloni yomanyano nentsebenziswano yoluntu "olunezakhono zomsebenzi wobugcisa ezikwiqondo eliphezulu, oluphenjelelwa kukuveliswa kwezinto ezintsha, ubuchule boncedo lobutyebi ngokusebenzayo, uqhagamshelwano nokuvela kwamathuba okukwiqondo eliphezulu ngokubanzi", uxanduva lweNkqubo kukuphembelela "ukuveliswa kwezinto ezintsha, ubutyebi ngokusebenzayo kwanoqhagamshelwano" njengembono ebonakalayo.

**Icebo lesiCwangciso soBuchule sePhondo 2014-2019**

Injongo yesiCwangciso sobuchule 1 sinoluhlu lwenani leenjongo ezingundoqo. Oku kuquka (i) Uqoqosho lokuveliswa kweZinto eZintsha zeNdalo, (ii) ukuphuculwa kokuqalisa ukusebenzisa iBroadbrand yoqoqosho, kunye (iii) noNcedo lokuqinisekisa ukuba amanzi namamdla akhona ngokwaneleyo ukulungiselela ukukhula koqoqosho. Injongo yazo zonke iiprojekthi zale Nkqubo, ngokwamaqondo awohlukeneyo ogxininiso ngokufanelekileyo, ngokuhlangabezana nezi njongo.

**Injongo yesiCwangciso sobuchule 1: Ukudala amathuba ohlumo nemisebenzi**

Injongo yesiCwangciso sobuchule 1 sinoluhlu lwenani leenjongo ezingundoqo. Oku kuquka (i) Uqoqosho lokuveliswa kweZinto eZintsha zeNdalo, (ii) ukuphuculwa kokuqalisa ukusebenzisa iBroadbrand yoqoqosho, kunye (iii) noNcedo lokuqinisekisa ukuba amanzi namamdla akhona ngokwaneleyo ukulungiselela ukukhula koqoqosho. Injongo yazo zonke iiprojekthi zale Nkqubo, ngokwamaqondo awohlukeneyo ogxininiso ngokufanelekileyo, ngokuhlangabezana nezi njongo.

**Injongo yesiCwangciso sobuchule 4: Ukuvumela uzinzo, ukugcineka, ubulunga kunye nobume bemeko yendawo yokuhlala equkayo**

Injongo yesiCwangciso sobuchule siquka yomibini imimiselo yohlaza/nokutshintsha kwemozulu kwaneyenkxaso yamaziko akhoyo oncedo lokukhula koqoqosho nokubandakanyeka koluntu ngokubanzi. I-Game Changers ezibalelwa kwesi siCwangcisio ziyiprojekthi yoMsebenzi oBonakalayo (Live-Work-Play Project) kwisayithi yesiBhedlele saseConradie nekuthi kubekho imfuneko yegalelo nenkxaso yeNkqubo kwanoMceli-mngeni wokuPhila Ngcono (Better Living Challenge) neyathi yaqondwa kwiphulo loQoqosho loHlaza kwaye ngoku nje ilawulwa yiNkqutyana 5:4 - Uncedo lwamaphulo nakuMaziko avumelama nokuKhula koQoqosho.

**Injongo yesiCwangciso sobuchule 5: Ukumilisela ulawulo olufanelekileyo nokuhanjiswa kweenkonzo ngokumanyeneyo ngokusebenza ngobuqabane ngolwahlulelwano ngokubanzi**

Njengoko i-cross-cutter enqamlezileyo, u-Connected Cape, osisiCwangciso-nkqubo esiqulunqwe liSebe leZemfundo noQeqesho (DEDAT), sifakwe kuluhlu njengese PSG 5 Game Changers zePhondo. INkqubo yeSebe leZemfundo noQeqesho (DEDAT) inoxanduva lokuPhumeza isiCwangciso seBroadband nokufezekisa umbono neenkalo zojoliso zeBroadband yaseNtshona Koloni (WC), ngokubanzi ukukhuthaza ukufikeleleka kwi-broadband, ukusetyenziswa kwayo nezakhono zobuchule kubemi balapha kunye noosomashishini kuphuhliso loluntu kunye noqoqosho.

**Injongo 1 ePhambili enguNdoqo yesiCwangciso sobuchule sePhondo: IProjekthi iKhulisa**

Nanjengomba ongundoqo weNjongo yesiCwangciso sePhondo 1, iProjekthi Khulisa igqalise ekwandiseni ukudala amathuba emisebenzi nokukhula kwixesha elimisiweyo kwiminyaka emihlanu ukwenza intetho ngokugqiba komceli-mngeni wokungabikho kwengqesho kulo mmandla. Nanjengokuba selwenziwe uhlalutyo lweentsingiselo zembali yamandulo ngokubanzi nodliwano-ndlebe nabo bachaphazelekayo nekujoliswe kubo, amashishini orhwebo lweZolimo, uKhenketho ne-Oli kunye neGesi avela kwiProjekthi Khulisa nanjengamaziko anako ukudala amathuba engqesho. Inxalenye yeengxaki ezachongwayo kula maziko ziquka imiceli-mngeni kubume bendawo yokwenza ushishino, ukuquka amaziko akhoyo kunye neengxaki eziyimiqobo zamandla. Ngokumanyeneyo nenkxaso yeProjekthi Khulisa, iNkqubo iyakuthi ikhokele inani lamaphulo anxulumene namaziko akhoyo kunye namaphulo olamlo longenelelo nakhankanywe kwicandelo leemaphu.

**Injongo 1 yesiCwangciso sobuchule sePhondo seGame Changer: Ukhuseleko lwamandla**

Iingxaki zombane zakutsha nje zibonakalise ukuba makuqwalaselwe ukubaluleka kakhulu kokhuseleko lwamandla ombane kwiphondo nokuquka imfuneko yotshintsha-tshintshwa kwamandla nokunciphisa ukusetyenziswa kwawo kakhulu eNtshona Koloni jikelele. Ukuphendula kweSebe ngokwemfuno zoluntu nokuxhasa iinjongo zeeprojekthi zeGame Changer yaMandla zibekwe kwiNkqubo 5.

**Injongo 1 yesiCwangciso sobuchule sePhondo seGame Changer: UQeqesho lomsebenzi**

Kukho ukuqwalaselwa kokuba olona ncedo lukhulu kwiphondo ngabantu balo abaphangelayo. Izixhobo ezithi zisetyenziswe emsebenzini weNkqubo ziyakuthi zifune uncedo lokuzinziswa apho kunokwenzeka ukunika inkxaso ingqiqo yeGame Changers zoQeqesho lomsebenzi.

## 11.3 INkqubo enganeno 5.1: Umgaqo-nkqubo woqoqosho noCwangciso

### 11.3.1 Isimo soBume sokuPhumelelisa iNdlela yokuSebenza

Ubume besicwangciso nomgaqo-nkqubo karhulumente zaphawulwa kwaza kwenziwa nesaziso sokwamkelwa kwazo ngokusayinwa kwesiCwangciso soPhuhliso sikaZwelonke sisiGqeba soMbuso (NDP). I-NDP ixhaswa

ngurhulumente wephondo kwaye inikwe Ithuba lokuba iqalise ngokwamkelwa kwe- OneCape 2040 kwiphondo jikelele. U-oneCape 2040 yinzame yenjongo yokukhuthaza inguqulelo yokubandakanyeka nokomelela kwakhona ngokukhawuleza koqoqosho kwixesha elizayo kummandla waseNtshona Koloni ngokubanzi. Ngumbono nesicwangciso-nkqubo soluntu ngokubanzi, kunokuba ibesesikarhulumente, nangona yomithathu imida karhulumente ibaluleke kakhulu ekusiphumezeni. Asithathi ndawo yazo naziphina izicwangciso zomthetho esezikhona neziyimfuneko, inokuba zifuneka kwiphondo na okanye koomasipala. Injongo yaso kukuba ngumba wesalathiso nesikhokelo sabo bonke abachaphazelekayo ukuze babenako uku:

- khuthaza ukucinga ngokutsha nokubanzima komsebenzi kwixesha elizayo;
- nika umba wengxoxo ofanayo kumaziko abucala, karhulumente kunye noluntu ngokubanzi ngokumanyeneyo;
- nceda ukumanyanisa inyathelo likarhulumente nokuthatha izigqibo zotyalo-mali;
- khuthaza utshintsho oluyimfuneko kufuneka samkele ukutshintsha (ngokukhawuleza) kwemeko yendawo esihlala kuyo nakwihlabathi liphela; kunye
- nokuhlangabezana nophuhliso lwethu, ulondolozo, kuquka uthelekiso lokubanako ukwenziwa kwemisebenzi ngendlela efanelekileyo

Ukunika ingcaciso ngeOneCape 2040, izigunyaziso zesicwangciso-nkqubo sephondo zahlulwe zaba ziiNjongo ezintlanu zesiCwangciso sobuchule bePhondo, ukuzibiza:

- Injongo yesiCwangciso sobuchule 1: Ukudala amathuba okukhula nemisebenzi
- Injongo yesiCwangciso sobuchule 2: Ukuphucula iziphumo zezemfundo namathuba ophuhliso lolutsha
- Injongo yesiCwangciso sobuchule 3: Ukwandisa ukuphila ngokwasempilweni, ukhuseleko nokujongana nemiba yentlalo
- Injongo yesiCwangciso sobuchule 4: Ukuvumela ukuzinza, ukugcineka, ubulunga kunye nobume bemeko yendawo yokuhlala equkayo
- Injongo yesiCwangciso sobuchule 5:

Eli Sebe linikwe umsebenzi njengeSebe elinkqenkqeza phambili kwiNjongo yesiCwangciso sePhondo 1: Ukudala ukuvuleleka kwamathuba okukhula nengqesho, ngethuba lixhasa i- PSG 2, PSG 4 neye-PSG 5. Okokuqala injongo yale nkqutyana kukuphuhlisa isiCwangciso-nkqubo esichaza ngokwamkelwa kwe-PSG1 sisiGqeba soMbuso, nokumanyaniswa nesicwangciso-nkqubo seSebe kweso sePSG1 eyamkelwe sisiGqeba soMbuso.

Ukwandisa iziphumo zoqoqosho kunye nezoqoqosho loluntu njengokuba kucacisiwe kwi-PSP nakwi-PSG, kuyakuthi kufuneke ukuba kwamkelwe imigaqo-nkqubo efanelekileyo, neyakuthi iyilwe yile nkqubo inganeno ngentsebenziswano nomgaqo-nkqubo weqela leSebe leNkulumbuso.

### 11.3.2 Injongo yesiCwangciso sobuchule

| Injongo yesiCwangciso sobuchule | Ukunika isicwangciso-buchule nobunkokheli bomgaqo-nkqubo ephondweni. |
|---|---|
| **Inkcazo eneNjongo** | Injongo kukuququzelela nokukhokela inkqubo yentsebenziswano yomgaqo-nkqubo woqoqosho nophuhliso lesicwangciso-buchule ngophuhliso lwezishwankathelo ezili-12 zomgaqo-nkqubo ngoMatshi 2020. |
| **Isiseko** | Isiseko ukuqala ngethuba phantsi kohlolo nguzero. |

**Iinjongo**

Ukuqalisa umgaqo-nkqubo woqoqosho osekelwe phezu kobungqina ngokumanyeneyo nokuphuhliswa kwesicwangciso-buchule, iQela lesiCwangciso kunye noMgaqo-nkqubo lixhasa uphuhliso nokukhuthazwa koqoqosho lwePhondo jikelele ngokubanzi kwaneenkqubo ezicwangcisweyo zeSebe leZemfundo noQeqesho (DEDAT).

Ngamanye amagama, kukukhuthaza izijoliso ezicwangcisiweyo ngokuhambela nomgaqo-nkqubo olapha ngentla kunye nezigunyaziso ngokusemthethweni ukuqinisekisa ukuba izijoliso neenjongo zeSebe ziguqulelwa kwimigaqo-nkqubo yeSebe, iinkqubo kunye neeprojekthi, ezimanyaniswa neNjongo yesiCwangciso sePhondo 1.

Ngapha koko, inkqubo enganeno idibanisa kwaye imanyanise yonke imigaqo-nkqubo yoqoqosho kunye nezicwangciso-buchule eziphuma kuyo yonke imida karhulumente.

### 11.3.3 Icebo lokuMilisela

Ngowama-2018/19 inkqubo enganeno izakugxila eku:

**UPhuhliso lwesiCwangciso-buchule soQoqosho**

Injongo yeProjekthi iKhulisa yayijolise ekubonakaliseni isicwangciso-buchule sophuhliso lwe-PSG 1 nesagqityezelwa saza samkelwa sisigqeba sombuso ngonyaka-mali wama-2014/15. Ngalo nyaka, iSebe lagqibezela iscwangciso sobuchule salo seminyaka emihlanu nesathi samanyaniswa ne-PSG 1 eyathi yamkelwa Sigqeba soMbuso.

Kwisicwangciso-sobuchule seminyaka emihlanu esinyanzelwa yiPSG1 yeGame Changers nesigaba sokuqala seProjekthi iKhulisa ingena kwisigaba sokugqibela sokumilisela. Ngonyaka wama-2018/19, inkqubo enganeno iyakugxila ekuxhaseni ukumiliselwa kwesicwangciso-buchule sonyaka wama-2015-2025. Ngelixa iSebe lisekwinqabana eliphantsi lotshintsho lophuhliso lwesicwangciso-buchule seminyaka emihlanu, iindawo ezintsha apho inkqubo enganeno iyakunika inkxaso kwiCandelo leNkxaso yoGobityholo, uPhuhliso loLutsha kunye nokongezeleleka kwamacandelo amatsha anokubakhona ezigaba ezibini zecandelo leProjethi iKhulisa egxile kuko.

**UPhuhliso loMgaqo-nkqubo woQoqosho**

Ukuxhasa iPSG1 kunye nee-roadmaps zeProjekthi Khulisa ehambelana nazo, isicwangciso ngokumanyeneyo kuyo yonke imida karhulumente, kwiSebe nakurhulumente wephondo ngokubanzi siyimfuneko jikelele.

Inkqubo enganeno iyakuthi ijonge kwakhona yaye yenze amagqabantshintshi anxulumene nesakhiwo solawulo loqoqosho, imigaqo-nkqubo kunye nezicwangciso-buchule. Iyakuxhasa ukuhanjiswa komgaqo-nkqubo nezishwankathelo ezingaphambili apho kufanelekileyo.

### 11.3.4 Injongo yesiCwangciso soBuchule seethagethi zowama-2018/19

| Isikhombisi seSiphumo | Indlela ephicothiweyo/eyinyani ekuqhutywe ngayo | | | Indlela yokuqhuba eqikelel-wayo | Iithagethi zekota ephakathi | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | 2014/15 | 2015/16 | 2016/17 | 2017/18 | 2018/19 | 2019/20 | 2020/21 |
| **Inkqubo enganeno: Umgaqo-nkqubo woQoqosho noCwangciso** | | | | | | | |
| Inani lezicwangciso-buchule, imigaqo-nkqubo okanye izakhiwo zolawulo ezihloliweyo kunye/okanye ezixhasiweyo | - | - | 2 | 2 | 1 | 1 | 1 |

### 11.3.5 Izijoliso zenjongo yesicwangciso buchule sonyaka wama-2018/19

| | Isikhombisi senkqubo ekuqhutywe ngayo Isikhombisi sesiPhumo | Indlela ephicothiweyo/eyinyani ekuqhutywe ngayo | | | Indlela yokuqhu-ba eq-ikelelwayo | Iithagethi zekota ephakathi | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | | 2014/15 | 2015/16 | 2016/17 | 2017/18 | 2018/19 | 2019/20 | 2020/21 |
| **Inkqubo enganeno: Umgaqo-nkqubo woQoqosho noCwangciso** | | | | | | | | |
| 1.1 | Inani lezicwangciso-buchule, imigaqo-nkqubo okanye izakhiwo zolawulo ezihloliweyo kunye/okanye ezixhasiweyo | 2 | 4 | 3 | 3 | 2 | 2 | 2 |

### 11.3.6 Iithagethi zekota yowama-2018/19

| Isikhombisi senkqubo ekuqhutywe ngayo (Isikhombisi sesiPhumo) | | Reporting period | Iithagethi zonyaka wama-2018/19 | Iithagethi zekota | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | | | | 1st | 2nd | 3rd | 4th |
| **Inkqubo enganeno: Umgaqo-nkqubo woQoqosho noCwangciso** | | | | | | | |
| 1.1 | Inani lezicwangciso-buchule, imigaqo-nkqubo okanye izakhiwo zolawulo ezihloliweyo kunye/ okanye ezixhasiweyo | Ngonyaka | 2 | - | - | - | 2 |

### 11.3.7 Ulawulo loMngcipheko

| Injongo Yesicwangciso Sobuchule: Ukunika isicwangciso-buchule soqoqosho kunye nobunkokheli kwiphondo | |
|---|---|
| **Inkcazo yomngcipheko** | **IziCwangciso zoBuchule Zokuthomalalisa Umngcipheko** |
| Ukusilela kwentsebenziswano ngokumanyeneyo phakathi kwamasebe karhulumente nokuqulathe umgaqo-nkqubo wophuhliso osebenzayo nothi uququzelele ukukhula kwamashishini kumaziko aphambili achongiweyo. | Inkqubo iyakuzimanya ngokubanzi nangokusebenzayo nabaninizabelo. |

## 11.4 Inkqubo enganeno 5.2: UPhando noPhuhliso

### 11.4.1 Isimo soBume sokuPhumelelisa iNdlela yokuSebenza

Isigunyaziso soPhuhliso kunye noPhando kukubonelela ngenkxaso yophando loqoqosho kwiSebe ukuphuhlisa isixhobo kunye nomgaqo-nkqubo woqoqosho. Lo msebenzi usuka kwimfuneko yokwenza ubungqina obusekelwe phezu kwezigqibo ezithathiweyo kunye nemigaqo-nkqubo. Ekuphumezeni esi sigunyaziso senkqubo enganeno yoPhando noPhuhliso sakube sinika inkxaso nanjengoko iSebe lihlola kwaye lihlaziya isicwangciso-buchule seminyaka emihlanu.

Idatha nolwazi yimiba engundoqo yentsebenziswano yokuthatha isigqibo esifanelekileyo. Ukongeza, uphuhliso loqoqosho ukusuka kwelinye ixesha ukuya kwelinye uyatshintsha kwaye ubonakalise izicwangciso zokulanda umkhondo wolu tshintsho ukuba kufanelekile ukuba zigcinwe zizezifanelekileyo. Idatha enyanisekileyo ngundoqo kwisiseko aezixhobo ezisebenzayo nomgaqo-nkqubo owomeleleyo. Ukuza kufikelela ngoku, inkqubo enganeno yoPhuhliso kunye noPhando iyakuthi ifune ukunika uncedo lobuchule bengqiqo yoqoqosho neyimfuneko ukuncedisa iSebe ngolwazi oluphambili loqoqosho, ngokufikeleleka kuvimba ekugcinwa kuwo iinkcukacha kwiSebe ukuze babenako ukuthatha izigqibo ezisebenzayo nezifanelekileyo.

### 11.4.2 Injongo yesiCwangciso sobuchule

| | |
|---|---|
| **Injongo yesiCwangciso sobuchule** | Ukuqhuba nokuququzelela uphando nohlalutyo kwezoqoqosho ukuxhasa uphuhliso lomgaqo-nkqubo wobuchule boqoqosho kwisakhelo sesicwangciso sephondo. |
| **Inkcazo eneNjongo** | Ukuphuhlisa ama-50 eengxelo zophando ajolise ekulungelelaniseni uphuhliso lwamaphulo olamlo longenelo kuqoqosho kwixesha leminyaka emihlanu (ngowama-2015–2020) kusetyenziswa uvimba weenkcukacha zephondo. |
| **Isiseko** | Isiseko (2015-2020) |

**Iinjongo**

Ukuqhuba nokuququzelela uphando lwezoqoqosho lophuhliso lomgaqo-nkqubo, uphuhliso lwesicwangciso-buchule ukulungelelanisa amaphulo olamlo njengoko kuchaziwe kwiProjekthi iKhulisa. Amalungiselelo ovimba wedatha egciniweyo yoqoqosho esembindini noquka unxulumano norhwebo, onxulumene nexabiso kunye nezinye iinkcukacha zoqoqosho ezigciniweyo.

Injongo yesibini iyakunika idatha efanelekileyo ndawonye nophando lokuqala olujolise kuncedo lweenkqubo ukuphucula ukusebenza kwamaphulo olamlo longenelo kwinkxaso yoqoqosho lweSebe ngokusebenzayo.

### 11.4.3 Icebo lokuMilisela

Ngowama-2018/19 inkqubo enganeno iyakugxila:

**Iingxelo zoPhando**

Ukuxhasa ezinye iinkqubo, inkqubo enganeno iyakuphuhlisa iingxelo zophando eziyakuxhasa imisebenzi yoPhuhliso. Ngapha koko, iingxelo zophando zakuphuhliswa ngokwempendulo yeemfuno.

### 11.4.4 Injongo yesiCwangciso soBuchule seethagethi zowama-2018/19

| Isikhombisi seSiphumo | Indlela ephicothiweyo/eyinyani ekuqhutywe ngayo | | | Indlela yokuqhuba eqikelelwayo | Iithagethi zekota | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | 2014/15 | 2015/16 | 2016/17 | 2017/18 | 2018/19 | 2019/20 | 2020/21 |
| **Inkqubo enganeno: Uphando noPhuhliso** | | | | | | | |
| Ukuvelisa iajenda yophando loqoqosho | - | - | 1 | Iajenda yophando emiliselweyo: 1 | Iajenda yophando emiliselweyo: 1 | Iajenda yophando emiliselweyo: 1 | Iajenda yophando emiliselweyo: 1 |

### 11.4.5 Izijoliso zenjongo yesicwangciso buchule sonyaka wama-2018/19

| Isikhombisi senkqubo ekuqhutywe ngayo (Isikhombisi sesiPhumo) | | Indlela ephicothiweyo/eyinyani ekuqhutywe ngayo | | | Indlela yokuqhuba eqikelelwayo | Iithagethi zekota ephakathi | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | | 2014/15 | 2015/16 | 2016/17 | 2017/18 | 2018/19 | 2019/20 | 2020/21 |
| **Inkqubo enganeno: Uphando noPhuhliso** | | | | | | | | |
| 1.1 | Inani leengxelo zoQoqosho eziphuhlisiweyo | 10 | 12 | 16 | 10 | 10 | 10 | 10 |

### 11.4.6 Iithagetho zekota yowama-2018/19

| Isikhombisi senkqubo ekuqhutywe ngayo | | Ithuba lengxelo | Iithagethi zonyaka wama-2018/19 | Iithagethi zekota | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | | | | 1st | 2nd | 3rd | 4th |
| **Inkqubo enganeno: Uphando noPhuhliso** | | | | | | | |
| 1.1 | Inani leengxelo zoQoqosho eziphuhlisiweyo. | Ngekota | 10 | 1 | 2 | 4 | 3 |

### 11.4.7 Ulawulo loMngcipheko

| Injongo Yesicwangciso Sobuchule: Ukuqhuba nokuququzelela uphando loqoqosho ukuxhasa umgaqo-nkqubo nophuhliso lwesicwangciso-buchule kwisakhiwo esichazwe kwiProjekthi iKhulisa. | |
|---|---|
| **Inkcazo yomngcipheko** | **IziCwangciso zoBuchule Zokuthomalalisa Umngcipheko** |
| Ngenxa yokusilela kwabaniki zinkonzo bangaphandle, uphuhliso lweengxelo zophando oluxhomekeke ekuqokeleleni idatha yokuqala inefuthe kubulunga bohanjiso lweengxelo zophando. | Inkqubo ngokubanzi nangokusebenzayo iyakusebenzisa imirhumo yoqoqosho. |

## 11.5 Inkqubo enganeno 5.3: ULawulo loLwazi

### 11.5.1 Isimo soBume sokuPhumelelisa iNdlela yokuSebenza

**UkuPhuhliswa kobuQabane boQoqosho eNtshona Koloni (Western Cape Economic Development Partnership) (WCEDP)**

I-WCEDP yamiselwa kwaza kwenziwa impembelelo yayo ngowama-2012, ukulungelelanisa nokukhokela kwanokuqhubela phambili ukukhula koqoqosho, uphuhliso kunye nokuqukwa kwayo kuluhlu lwemicimbi yengxoxo kwiPhondo laseNtshona Koloni. Ikwabonelela ngendlela entsha yentsebenziswano ukuyila kwakhona uqoqosho lommandla nohanjiso lweenkonzo zeziphumo ezohlukeneyo. I-WCEDP iyakuthi ikhokele, ilungelelanise

kwaye iqhubele phambili inkqubo yonikezelo ngeenkonzo zoqoqosho eNtshona Koloni ukuphucula umgangatho womanyano lokukhula ngokuhlangeneyo. UMthetho wokuba liLungu loLwahlulelwano loPhuhliso loQoqosho lwaseNtshona Koloni waphunyezwa sisiGqeba soMbuso kweyomNga wama-2013.

Ngokungaphandle kuRhulumente waseNtshona Koloni (WCG), umsebenzi weWCEDP kufumaniseke ukuba uyimfuneko kakhulu kumasipala, kumashishini, kwezemfundo ephakamileyo nakwabohlulelwano nabachapazelekayo kwindawo zoluntu ngokubanzi. Umzekelo, phakathi kwabo yaba ngabachaphazelekayo ngokwahlukileyo abathi babonana ne-WCEDP ukufumana ithuba lenkxaso yolwahulelwano nentsebenziswano kunye nengcebiso, ezinjengeQela laBemi abaNenkxalabo beDolophu yaseKapa(nakwabo bachapazelekayo) (malunga nemiba yomhlaba okwindawo esezidolophini), uMbutho oZimeleyo woManyano lwaBathand'aBantu lwaseMzantsi Afrika(Independent Philanthropy Association of South Africa (IPASA), iZiko leHlabathi lakwa Mckinsey, iMbumba yabaRhwebi abasaKhasayo baseNtshona Koloni, iForamu yoLawulo lwabaMnyama, iNkampani yeZikhululo zeeNqwelo-moya eMzantsi Afrika (ACSA) kunye neBhodi yoPhuhliso lwaMashishini oKwakha(CIDB).

I-WCEDP yandisa ukubanako kwayo ukufezekisa umbutho oyinzuzo kuluntu, noxahsa abadlala indima ngeendlela ezohlukeneyo kwinkqubo yoqoqosho lommandla kumacala omabini kwanelobonelelo, kunelo lokwenziwa kwemisebenzi njengonikezelo ngenkonzo yesithethe kurhulumente.

Kwiinkqubo zikaRhulumente waseNtshona Koloni, iWCG, WCEDP kunye neeprojekthi zohlukene ngokwezizathu ezibalekayo zemiba yophuhliso ngokunqamelezileyo ngokwesicelo sabaphathi benkqubo namasebe awohlukeneyo neZijoliso eziCwangcisiweyo zePhondo (PSGs), amasebe kunye nabaphathi abakhulu. Imisebenzi kunye neeprojekthi ze-WCEDP zizimisele ekugqaliseleni ngokungaphezulu nakujoliso lwazo, nasekugxininiseni ngakumbi kwiziphumo, kuquka nendima yentsebenziswano nolwahlulelwano kwisixolelwano sonikezelo ngeenkonzo.

Ugqaliselo lwe-WCEDP kuzo zombini iziphumo zohlulelwano ngokwenene, olunjengokunceda abanye bentsebenziswano ukuvumelana malunga noluhlu leemicimbi yengxoxo ngokufanayo kwanokwahlula iinkqubo kunye nemigamgatho ukunceda ekuthatheni inyathelo nonikezelo ngeenkonzo ngokuhlangeneyo, kwaneziphumo zokwenene, ezinjengotshintsho kwiinkcubeko zeziko, ubudlelwane nokwakha intembeko utshintsho kwindlela yokuziphatha nokuncedisana kwiNgqiqo ngokuhlangeneyo.

Kuqatshelwe ngokubanzi ukuba urhulumente akanakuzisa iinkonzo ngokufanelekileyo eyedwa – nanjengoko islogani sisithi "Sisonke Singenza Ngcono". Kuninzi okungazuzwa ukuba Amandla, izixhobo ndawonye nezigunyaziso zezinye iinkalo zikarhulumente neearhente ezinxulumeneyo, kananjalo nabadlalindima abangengabo abakarhulumente, bavumelekile ukunceda iWCG ukuphumeza isigunyaziso somgaqo-siseko. Oku kunyanzelisa ukuba indlela yeWCGs 'yoLuntu Lonke' ukuba yenze umgaqo-nkqubo yaye iwumilise. Ngenxa yokwanda kwezithintelo zenkxaso-mali kwicandelo likarhulumente, iinkqubo zikarhulumente zakufuneka ukuvumela izixhobo nezigunyaziso ngaphandle kolawulo ukuze kuhanjiswe iCebo lwsiCwangciso soBuchule sePhondo.

Ngenxa yoku, ukwanda kwindlela yokuziphatha ngokobuqabane nokwenziwa kwamaqabane yenziwe yayimfuneko kuwo onke amasebe, kwimida yezomthetho neenkalo zikarhulumente kwakunye namacandelo angaphandle kuthetha icandelo labucala, uluntu, iakhademiya ukuze kuphunyezwe iinjongo zophuhliso loqoqosho.

Ngapha koko, isikali nobunzima bemicelimngeni ekujongwene nayo ingaphaya kwalo naliphi icandelo elinye okanye iinkalo zikarhulumente. Ubunzima beeprojekthi ezinqamlezileyo zifuna abaphathi becandelo likarhulumente baxhomekeke kakhulu kwizakhono nemisebenzi elungisiweyo, eququzelelwayo, exoxwayo, engenelelwayo nesebenzisanayo kuyo yonke imida. Ubuqabane obumanyeneyo kunye nesistim yobuqabane iyadingeka ukuququzelela nokuxhasa ezi nkqubo zecandelo likarhulumente.

IWCEDP ixhasa uphuhliso lwale sistim ngokunikeza **amaphulo esisombululo sobuqabane enziweyo**, omabini enziwe ngokusekelwe kwimiba nangokusekelwe kwindawo, ukuxhasa umiliselo lweenjongo zecandelo likarhulumente kwisistim yophuhliso loqoqosho lwengingqi nolommandla.

La maphulo angathatha ifom yayo nayiphi imisebenzi ngaphandle kokunyinwa kolo luhlu lingazentsi:

- Ukuchonga iintlobo zobuqabane ezifunekayo, umz. Ukuchonga okunqamlezileyo, okwangaphakathi kurhulumente, umda onqamlezileyo, okanye icandelo elinqamlezileyo;
- Ukuququzelela Amahlolo okuLungela ukuba noBuqabane okuquka ukungonga nohlolo lwabo banokuba ngamaqabane;
- Ukuququzelela Amahlolo eFuthe loBuqabane elihlola amalungiselelo obuqabane asele ekhona ukwenzela ukusebenza kakuhle kwemisebenzi yobuqabane;
- Ukuyila kunye iindlela zobuqabane ezilungileyo umz. Inkxaso eqhubayo kwiphulo, ulawulo nohlolo ngexesha; kunye
- Ukunceda intsingiselo eyintloko yezenzo zobuqabane njengenxenye yoLawulo oluManyeneyo kwicebo lesicwangciso sobuchule nakwiinkqubo zohlahlo-mali zeWCG.

### 11.5.2 Injongo yesiCwangciso soBuchule

| | |
|---|---|
| **Injongo yesiCwangciso sobuchule** | Ukomeleza ukuqonda nokwenza ubuqabane bokuhanjiswa kwenkonzo ifuthe kunye nocwangciso olumanyeneyo kubaninizabelo becandelo likarhulumente. |
| **Inkcazo eneNjongo** | Ukukina amaphulo esisombululo sobuqabane alingisiweyo kuwo omabini enziwe ngokusekelwe kwimiba nangokusekelwe kwindawo, ukuxhasa umiliselo lweenjongo zecandelo likarhulumente kwisistim yophuhliso loqoqosho lwengingqi nolommandla. |
| **Isiseko** | 2016/16: amaphulo esisombululo sobuqabane anikeziweyo (okuthetha iiPIA kunye nezicwangciso/iiprojekthi ezisebenza ndawonye phakathi koPhuhliso loBuqabane boQoqosho eNtshona Koloni namaqabane akhe). |

Undoqo kwisicwangciso soqoqosho kukukhuthaza uphuhliso loqoqosho ngokumanyeneyo ngolwabelwano olusebenzayo kunye nabadlala indima kuqoqosho lommandla. IWCEDP iyakuthi isetyenziswe Njengenqwelo yokunikeza amaphulo ezisombululo zobuqabane ukufezekisa oku.

### 11.5.3 Icebo lokuMilisela

IWCEDP sisigunyaziso sokuniba amaphulo esisombululo sobuqabane nokuba kukukugxila kwiindawo ezisisiseko semiceli mngeni yobuqabane, okanye ezo zikumbindi womba othile.

Kwezi ndidi zimbini, izinto ezihanjiswa yiWCEDP ohlulwe ukuze alungele iinkqubo ezithetha ngemiceli-mngeni yobuqabane. Inkqubo nganye kwezi nkqubo iqhutywa sisigunyaziso esityikityiweyo esithile esisuka kwigunya lecandelo likarhulumente elinoxanduva lokuzisa inkonzo kuloo ndawo okanye ngokuhlonipha umba, ngokusabela kumaphulo aphambili avela kwiCebo lesiCwangciso sobuchule sePhondo.

Ukongeza, iWCEDP iqalise ukusebenzisa izixhobo ezizodwa zoxilongo, ukuzibiza, uHlolo lweNtumekelelo YoLwahlulelwano (PRA), nesetyenziswa kuvavanyo loluhlu lweeprojekthi kunye namaphulo anokuthi afune ukusetyenziswa kobuchule bolwahlulelwano; kunye noHlolo lweMpembelelo yoLwahlulelwano (PIA), nasetyenziswa ekwenzeni uhlolo lwempembelelo yokumiselwa kwamaqela entsebenziswano, kwaye avavanywe ngolu hlobo lulandelayo.

### 11.5.4 Injongo yesiCwangciso soBuchule seethagethi zonyaka wama-2018/19

| Isikhombisi seSiphumo | Indlela ephicothiweyo/eyinyani ekuqhutywe ngayo | | | Indlela yokuqhuba eqikelelwayo | Iithagethi zekota ephakathi | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | 2014/15 | 2015/16 | 2016/17 | 2017/18 | 2018/19 | 2019/20 | 2020/21 |
| **Inkqubo enganeno: ULawulo loLwazi** | | | | | | | |
| Iingxelo kwimpucuko yepesenti yokukhula kobuqabane. | 5 | 2 | 8 | 5 | 5 | 5 | 5 |

### 11.5.5 Izijoliso zenjongo yesicwangciso buchule sonyaka wama-2018/19

| Isikhombisi senkqubo ekuqhutywe ngayo (Isikhombisi sesiPhumo) | | Indlela ephicothiweyo/eyinyani ekuqhutywe ngayo | | | Indlela yokuqhu-ba eq-ikelelwayo | Iithagethi zekota ephakathi | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | | 2014/15 | 2015/16 | 2016/17 | 2017/18 | 2018/19 | 2019/20 | 2020/21 |
| **Inkqubo enganeno: ULawulo loLwazi** | | | | | | | | |
| 1.1 | Inani lezicwangciso/ leeprojekthi ezisebenza kunye phakathi koBuqabane boPhuhliso loQoqosho lweNtshona Koloni namaqabane awo | - | 2 | 10 | 10 | 30 | 30 | 35 |

### 11.5.6 Iithagethi zekota yowama-2018/19

| Isikhombisi senkqubo ekuqhutywe ngayo | | Ithuba lengxelo | Iithagethi zonyaka wama-2018/19 | Iithagethi zekota | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | | | | 1st | 2nd | 3rd | 4th |
| **Inkqubo enganeno: ULawulo loLwazi** | | | | | | | |
| 1.1 | Inani lezicwangciso/ leeprojekthi ezisebenza kunye phakathi koBuqabane boPhuhliso loQoqosho lweNtshona Koloni namaqabane awo | Ngekota | 30 | 0 | 7 | 16 | 7 |

### 11.5.7 Ulawulo loMngcipheko

| Injongo Yesicwangciso Sobuchule: Ukukhuthaza uphuhliso loqoqosho ngentsebenziswano ngokufanelekileyo nangolohlulelwano lwabadlala indima kummandla. | |
|---|---|
| **Inkcazo yomngcipheko** | **IziCwangciso zoBuchule Zokuthomalalisa Umngcipheko** |
| Ukusilela ekukhuseleni ukuvumelana kwabachaphazekelayo ngenxa yokungabikho kuqoda ngokufanayo nangokwaneleyo, umbono noqhagamshelwano olunokuthi lube nempembelelo engafanelekanga kwisicwangciso-buchule sonikezelo ngeenkonzo. | Ukwandiswa rhoqo kwentsebenziswano phakathi kwe-WCEDP kunye naBaphathi abaKhulu beSebe. |

### 11.6 Inkqubo enganeno 5.4: UQwalaselo noHlolo

Imisebenzi yenkqubo enganeno 5.4: UQwalaselo noHlolo luyakuhlanganiswa nenkqubo enganeno 5.2: UPhando noPhuhliso.

### 11.7 Inkqubo enganeno 5.5: Ukuvumela ukuKhula kweZakhiwo namaPhulo

#### 11.7.1 Isimo soBume sokuPhumelelisa iNdlela yokuSebenza

Inkqubo enganeno ikhokela ulungiselelelo lweprojekthi kunye nokuphunyezwa kwamaphulo olamlo longenelelo lokuziqhelanisa namaziko akhoyo nokufukamisa amaphulo oqoqosho nanempembelelo enqamlezileyo kuqoqosho. Amaziko ayimfuneko kuphuhliso loqoqosho kufuneka abe ngawabathengi ukuchaza imiba yokhuphiswano lwawo kuqoqosho kwaye kufuneka ayilwe ukuhlangabezana nemiqobo okanye ukubumba uphuhliso nokukhula. Nangona kunjalo, iNkqubo inalo ulwazi lokuba ukubakho kwamaziko akuthethi ukuba iindawo zoncedo zisetyenziswa ngempumelelo. Ngoko ke, kufuneka inkxaso eyongezelelweyo ukwandisa impembelelo yamaziko kuqoqosho. Ngako oko, indima edlalwa liSebe, ayilophuhliso lwamzaiko amatsha kuphela, ikwakukuphucula ukufikeleleka kumazikho akhoyo ngendlela exhasa iinjongo zoqoqosho lwephondo. Ukongeza, iSebe liyakuthi livuselele inkxaso kunye nolungelelwaniso apho kuyimfuneko, iiprojekthi ezintsha namaphulo athe avela ngenxa yesiphumo samaphulo olamlo longenelelo lokuqala. Ukunyamekela okokuba iiprojekthi ezininzi zamaziko aziphumeleli ukufezekisa iinjongo zazo eziphambili ngenxa yenkxaso ekumgangatho ophantsi yangaphambili nasemveni kokuba kwakhiwe, iNkqutyana iyakuthi nayo ithathele kuyo xa kufanelekile.

Elinye lamaphulo elithe lafukanyiswa kwiNkqutyana laza laquka kuYilo nakwiPhulo loLamlo loNgenelelo lokuVeliswa kweZinto eZintsha. Uphando olwenziwe kwihlabathi jikelele lubonakalisa okokuba ukusetyenziswa koYilo kungavula amathuba okuveliswa kwezinto ezintsha, ukuphuculwa ngokwaneleyo, iziveliso, iinkqubo okanye iinkonzo; ngako oko, okukhokelela kuncedo lokhuphiswano. Ngokufanayo, ukuba kungakhuliswa ukuVeliswa kweZinto eZintsha, kungandisa inkcitho yeR&D yommandla, nokuqhubela phambili kolwazi loqoqosho; ukuphucula iziveliso kunye neenkonzo zabemi basekuhlaleni; inkqubela-phambili yokuba nemveliso nokwandisa uphawulo lorhwebo lommandla ukwenza umtsalane kubatyali-mali nakubakhenkethi abasuka kwamanye amazwe. Oku kuthi kamva kube nesiphumo sokwanda kwamathuba engqesho nokukhula koqoqosho.

Ngako oko, kufumaniseke kubalulekile okokuba DEDAT ihlaziye ubuchule bayo obusetyenziswayo bokuYila nokuVelisa iZinto eZintsha ukuqinisekisa ukuba amaziko eKhulisa kunye noqoqosho avula amathuba wobutyebi belizwe obunokubakho ngokubanzi. URhulumente waseNtshona Koloni (WCG) uyakuqonda ukubaluleka kokugxininisa kolu tshintsho lwembonakalo-mhlaba lungamandla kwanokumisa phambili ukuveliswa nokuyilwa kwezinto ezintsha kunokuphucula ukukhula kweziko, kodwa kwandise iinkqubo zikarhulumente ekunikezeleni ngeenkonzo, nokuthi kamva kuvuselele ukuthengwa kweziveliso ezitsha zeli lizwe kwihlabathi liphela.

### 11.7.2 Injongo yesiCwangciso soBuchule

| | |
|---|---|
| **Injongo yesiCwangciso sobuchule** | Ukukhula nokuphuhlisa uqoqosho lwephondo ngokuphuliswa kwamaphulo olamlo longenelelo lokhathalelo loluntu nenkqubela phambili kuqoqosho |
| **Inkcazo eneNjongo** | Ukukhuthaza utyalo-mali lwezigidi ezi-R4.65billion kumaphulo olamlo longenelelo lokhathalelo loluntu kunye namaphulo |
| **Isiseko** | Isiseko nguzero |

### 11.7.3 Icebo lokuMilisela

Ngowama 2018/19, amaphulo angundoqo axhasa isicwangciso sobuchule esiphambili seNkqubo eNganeno kuquka:

**Ummandla woPhuhliso lwaMashishini eSaldanha kunye nesiCwangciso saMashishini saseWest Coast.** Uphuhliso kuMmandla woPhuhliso lwaMashishini waseSaldanha lolona lungundoqo kwiziko Projekthi Khulisa le-Oli neGesi nanjengokuba luyakuthi lube luncedo ekwandiseni amaziko nakwiinkonzo zenkxaso kwindawo ye-oli negesi yaseSaldanha Bay. Abatyali-mali bokuqala bathe baqashwa yaye owama-2018/19 iyakuba ngumsebenzi wokuqala. Ngokuhlangeneyo, utyalo-mali olungaphaya kwizakhozo ezikhoyo lwakwenziwa yaye uxhaso lweenkonzo luzakusungulwa ukugqiba unikezelo lwexabiso lwengqiqo yeFree Port. I-IDZ idlala indima ebaluleke kakhulu ukukhulula ukubanako ukwenza ushishino eWest Coast naseSaldanah ikakhulu. Icebo loShishino lweNtshona Koloni likwabona utyalo-mali lokuqala lokwenyani kwizakhizo ezikhoyo ezitsha (iitheminali zeLPG, ukwanda kofikelelo ezindleleni, kunye nenkqubo yokuvula iziko okokuqala). Iqela leNkxaso yeIDP eSaldanah Bay neKomiti yoGunyaziso loBuphathiswa ngoku kukumilisela isicelo esiququzelelweyo, livumela izakhiwo ezikhoyo kunye nezinye inkonzo zentlalo.

**Ukuphuculwa kokufikeleleka kweZomoya.** ISebe lenze ubuqabane kunye neSebe lezoThutho lukaZwelonke phantsi kwesiCwangciso soThungelwano loMoya ekuqinisekiseni ukuba uphuhliso lwezophapho lwenziwe ngenkqubo esulungekileyo ngokulungelana neemfuno. Ukuphelisa oku, iDEDAT ixhase iNkampani yezoPhapho eMzantsi Afrika endleleni yayo yokulungelelanisa neprojekthi yophuhliso lwepropati yaye izakuqhuba nangonyaka-mali wama-2018/19. Ngokunxulumene noku, le Nkqubo ikwathabatha inxaxheba kumaqonga awohlukeneyo eACSA aluphuhliso lwezikhokelo kwiindawo ezisondeleyo ezingqonge iSikhululo Samazwe ngaMazwe saseKapa, ngokubandakanya iiNkqubo ezithile ezigxile kuphuhliso loqoqosho lwezakhiwo ezikhoyo.

**IPaki yobuChule boBugcisa yeZempilo yaseKapa.** Enye yee-ankile zengqesho, iNdawo yoBugcisa beZempilo yaseKapa liphulo lomanyano lweSebe kunye noBugcisa (DST) kunye neDEDAT, kunye nolawulo lweprojekthi lwenqanaba lokuqala lokuphumenyezwa kwalo nolwaluphantsi kolawulo luka Wesgro. Okuseza kulandela kwixesha elimisiweyo lwesicwngciso eminyaka emi-5, iPaki iyakubonelela ngokukhuthaza ukukhula kweziko lobugcisa lezempilo, nelathi lachongwa yiProjekthi Khulisa njenge Game Changer yexesha eliphakathi. Ngowama-2017/18 iphulo liyakuthi ligqalise kulungiselelo lweziko kunye neskhiwo; ukufunyanwa kwabaqeshwa abatsha kunye noncedo lwengxowa-mali yenkxaso; kwanophuhliso olongezelelweyo lwesixokelelwano.

**Ukwanda kweZiko iCape Town International Convention.** Ukwanda kweCTICC kuqale ngowama-2013/14 kwaye ilontshwe kunyaka-mali wama-2017/18. Le projekthi yenza umbindi wenxenye yendawo yokufikela kwezokhenketho ingakumbi kwishishi lokhenketho lwemarike enomtyhi yaye iyakutshintshela kwiNkqubo yesi-6 ngonyaka-mali wama-2018/19 ukunceda ukukhuthaza ukwamkelwa kokwanda komzila weZiko iConvention.

**Inkampani yamaZiko akhoyo esiCwangciso sobuchule soPhuhliso loQoqosho kunye neZone yoQoqosho Ekhethekileyo eAtlantis.** Inkampani yamaZiko akhoyo esiCwangciso sobuchule soPhuhliso loQoqosho kunye neZone yoQoqosho Ekhethekileyo eAtlantis. Kukho intlaninge yeeprojethi zamaziko akhoyo enza inxenye yabanye abaqhubi abavumela kodwa banokuba liqela phantsi kolwazi-nkqubo nemithetho-siseko phakathi kwinkqubo enganeno Evumela uHlumo namaZiko akhoyo. Oku kuquka iASES kunye neSEDIC, nezilawulwa ngokuhlangeneyo

yiNkqubo enganeno yoQoqosho oluluHlaza. NgeASEZ egxile kubugcisa obuluhlaza, okulindeleke kwixa elizayo iyakuba kukutsala iinkampazi zokuvelisa neenkonzo kwisikhewu sobugcisa kwiZone, isungula umsebenzi weASEZ ikwaqinisekisa ukuba inkxaso eyiyo iyanikezwa kubatyali-mali abanako kwiASEZ kuquka ukufikelela kwinkxaso-mali iASEZ yokwakhiwa kwesakhiwo esiphezulu. Iprojekthi yeASEZ yaseAtlantis yenza inxenye yeNkampani yamaZiko akhoyo oPhuhloso loQoqosho oluKhethekileyo, ushishino olusungulwe liSebe ukuba libambe iinkqubo ezininzi zamaziko akhoyo ukuba axhaswe yinkqubo enganeno lamaziko akhoyo aVumela uHlumo kwiSebe.

### 11.7.4 Iithagethi zonyaka zeeNjongo zesiCwangciso sobuchule sowama-2018/19

| Isikhombisi seSiphumo | Indlela ephicothiweyo/eyinyani ekuqhutywe ngayo | | | Indlela yokuqhuba eqikelel-wayo | Iithagethi zekota ephakathi | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | 2014/15 | 2015/16 | 2016/17 | 2017/18 | 2018/19 | 2019/20 | 2020/21 |
| **Inkqubo enganeno: Ukuvumela ukuKhula kweZakhiwo ezikhoyo kunye namaPhulo** | | | | | | | |
| Ixabiso lotyalo-mali | R1 040m | 0 | 0 | R130m | | R800m | R200m |

### 11.7.5 Izijoliso zenjongo yesicwangciso buchule sonyaka wama-2018/19

| Isikhombisi senkqubo ekuqhutywe ngayo Isikhombisi sesiPhumo | | Indlela ephicothiweyo/eyinyani ekuqhutywe ngayo | | | Indlela yokuqhu-ba eq-ikelelwayo | Iithagethi zekota ephakathi | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | | 2014/15 | 2015/16 | 2016/17 | 2017/18 | 2018/19 | 2019/20 | 2020/21 |
| **Inkqubo enganeno: Ukuvumela ukuKhula kweZakhiwo ezikhoyo kunye namaPhulo** | | | | | | | | |
| 1.1 | Inani leeprojekthi zezakhiwo ezikhoyo ezixhasiweyo | 8 | 8 | 7 | 3 | 4 | 4 | 4 |
| 1.2 | Inani leeprojekthi zoyilo neenguqu ezixhasiweyo | - | 5 | 4 | 2 | 3 | 3 | 3 |

### 11.7.6 Iithagethi zekota yowama-2018/19

| Isikhombisi senkqubo ekuqhutywe ngayo Isikhombisi sesiPhumo | | Ithuba lengxelo | Iithagethi zonyaka wama-2018/19 | Iithagethi zekota | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | | | | 1st | 2nd | 3rd | 4th |
| **Inkqubo enganeno: Ukuvumela ukuKhula kweZakhiwo ezikhoyo kunye namaPhulo** | | | | | | | |
| 1.1 | Inani leeprojekthi zezakhiwo ezikhoyo ezixhasiweyo | Ngonyaka | 4 | - | - | - | 4 |
| 1.2 | Inani leeprojekthi zoyilo nenguqu ezixhasiweyo | Ngonyaka | 3 | - | - | - | 3 |

### 11.7.7 Ulawulo loMngcipheko

| Injongo Yesicwangciso Sobuchule: Ukunika isicwangciso-buchule soqoqosho kunye nobunkokheli bomgaqo-nkqubo kwiphondo. | |
|---|---|
| **Inkcazo yomngcipheko** | **IziCwangciso zoBuchule Zokuthomalalisa Umngcipheko** |
| Ukuxhomekeka kumahlakani ekuxhaseni nokunika uncedo-mali kwiiprojekthi kusenokukhokelela (inkqubela phambili kunye nokufezekiswa) kusilelo nasekurhoxisweni kweprojekthi. | 1. Ukuthatha inxaxheba/okanye ulawulo lwamaqonga asebenzisana nenkqubo yobunkokheli.<br>2. Ukunika isikhundla kunye nenkxaso yeprojekthi kumhlakani njengabafanelekileyo ukuququzelela ukuqhubela phambili kweprojekthi.<br>3. Ulungelelwaniso lwamahlakani kunye nobudlelwane obuphucula isicwangiso somanyano kunye nentsebenziswano. |
| Iziphumo zesimo sokungabikho kwemali karhulumente ngokwaneleyo nokunesiphumo sokuncitshiswa koqingqo-mali lweeprojekthi, nokuphembelela ukubanako ukusebenza kwenkqutyana ukuphumeza iiprojekthi, ezichaphazela i-MTEF neenjongo zeminyaka emi-5 kunye neenkalo zojoliso | 1. Ukuhlolwa kweendlela ezohlukeneyo zokuphumeza iiprojekthi, kuquka nenkxaso yentsebenziswano yamahlakani angaphandle<br>2. Ukuxhotyiswa ngezakhono kunye nenkxaso yeprojekthi yabachaphazelekayo ukukhuthaza ukuvunyelwa kweeprojekthi<br>3. Ukuba kuyimfuneko, kuhlolwe iprojekthi kunye nezijoliso |

## 11.8 Inkqubo enganeno 5.7: IBroadband yoQoqosho

### 11.8.1 Isimo soBume sokuPhumelelisa iNdlela yokuSebenza

Kwakhokelwa inani elibalekayo lophando lwexesha lamandulo elisanda kudlula nolwabonakalisa unxulumelwano lwexesha elifutshane phakathi kokungeniswa kwebroadband nebangela ukukhula kwi-GDP, ingqesho, iziphumo zemfundo kwanonikezelo ngeenkonzo ngokusebenzayo, ngethuba kufakwa igalelo kwimfuneko yohlaza kuqoqosho olufanelekileyo ngokusebenzayo. Olona balo lwamanani lwesiqhelo lucatshuliweyo lelokuba iWorld Bank inxulumanisa kwipesenti nganye kwezili-10% ukuya kwi-1.38% GDP yokungeneni kwibroadband kumazwe asakhulayo.

UMbutho woZoqoqosho lwehlabathi, kwiphepha-ndaba lakutsha nje ngowama-2016 lokuhlolwa kweGlobal IT, kuzise eluntwini ingxaki yokuphazamiseka kunye nefuthe lokwanda kobugcisa bedigital kuqoqosho kwihlabathi liphela. Bangqina okokuba singenile kwinguquko 4th yoshishino, kananjalo, oorhulumente, ishishini kunye nabemi bayafuneka ukuba basamkele ukwandisa abasebenzi abasebenz ngoomatshini abazihambelayo, ukuveliswa kwezinto ezintsha zedigital kunye neqela labasebenzi ababalaseleyo kulwazi lwezakhono zokwenziwa komsebenzi.

**IsiCwangciso-Buchule seBroadband kaZwelonke, “uMzantsi Afrika Connect.”** NgoDisemba ngowama-2013 isigqeba sombuso samkela uMgaqo-nkqubo weBroadband kuZwelonke, nowaziwa ngokuba yi”SA Connect”. Kwasekuqaleni, uSA Connect ubhengeza ingqiqo-siseko yoqoqosho ukulungiselela isimo sendawo yothungelwano olomeleleyo ngefoni kweli lizwe. U-SA Connect ungqina okokuba uncedo lokuxhamla kumaziko ebroadband lusenokuba neziphumo ezincumisayo ukuba kuhlangatyezwane nemiba emine engundoqo, ukuyibiza:

- I-Broadband kufuneka ifikeleleke kuninzi lwabantu baseMzantsi Afrika;
- Ufikelelo lwebroadband kufuneka lufikeleleke ngamaxabiso aphantsi;
- Imfuneko yezakhono eziyimfuneko kufuneka ziphuhliswe ukuqinisekisa okokuba iinkonzo zebroadband zisetyenziswa ngokufanelekileyo; kunye
- Ubonelelo lwezinye izakhono ekufuneka ziphuhliswe ukuze uqoqosho kunye nokuveliswa kwezinto ezintsha zebroadband zibenako ukubalasela” (SA Connect, 2013).

**IPhulo leBroadband laseNtshona Koloni (WCBBi).** I-WCBBi, eyandulela ukwamkelwa ko-SA Connect; ibhengeza indlela engcwalisekileyo yesicwangciso-buchule sokumiselwa kwebroadband kwiphondo nokuquka zonke izindululo zomgaqo-nkqubo kazwelonke. Esi sicwangciso-nkqubo sebroadband nesikhokelwa kwasekuqaleni ngu-DEDAT siqalise iphulo elicacileyo ngokunqamlezileyo kuwo onke amasebe eNtshona Koloni nesibonakalisa ukuqondakala konxulumelwano lokuxhomekeka phakathi kolungiselelo lwamaziko othungelwano ngefoni, ukuba nentumekelelo kwamaqela ayisebenzisayo kunye nokuqulathiweyo/ukusetyenziswa okuyimfuneko nokusetyenziswa ngokunemveliso nangokufanelekileyo kwebroadband. Yonke le miba isinika Iziphumo zokusebenza koqoqosho olumanyaniswa noqoqosho lwedigital.

Umbono ngowokuba iNtshona Koloni apho wonke ummi kwidolophu nganye nakwilali nganye onofikelelo kumaziko ebroadband yesantya esiphezulu kunye neenkonzo, enezakhono eziyimfuneko ukuze abenako ukugcina la maziko akhoyo esebenza kwiimpilo zabo zemihla ngemihla.

Injongo yesicwangciso-nkqubo saseNtshona Koloni kukwakha isimo sendawo yebraodband yobumbano neqhubela phambili kulungelelwaniso nokuthathwa kwamanyathelo kwimiba emithathu yenkqubo emalunga noQhagamshelwano kuRhulumente, uQhagamshelwano lwaBemi beNdawo noQhagamshelwano loQoqosho oluneenjongo ezintathu ezingundoqo, ezi zezi, uphuhliso lweziko, ukuqinisekisa intumekelelo ukuze kube nokusetyenziswa iziko (izakhono, iindlela zokuyisebenzisa, iinkonzo njlnjl.) nokuqhubela phambili ukusetyenziswa kweziko neenkonzo.

**multi-stream** Njengenxalenye yesicwangciso-nkqubo esiphunyezwe liphondo, uRhulumente waseNtshona Koloni (WCG) wamkele ukufezekiswa **kwesicwangciso esimbhaxa.** Iphulo leBroadband yaseNtshona Koloni, libandakanya uluhlu lwemiba enemixholo yokuxhomekelelana nenjongo yayo xa iyonke ikukufezekisa iinjongo zoqhagamshelwano kwiPhondo laseNtshona Koloni kwanokufezekisa umbono, ethi iprojekthi nganye ibenokugqalisa kuwo kuyo yonke okanye kweminye yemiba enentumekelelo ukusetyenziswa kwayo kunye neziko. ISebe loPhuhliso loQoqosho noKhenketho lunoxanduva lukaStream 2, ngesigunyaziso sokuqinisekisa ukuba uQoqosho/iinjongo zeValue Adde Stream (VAS) zeWCG ziqwalaselwe. Lulawulwa yiDEDAT kunye nenkqubo enganeno ethile: IBroadband yoqoqosho lwedijithali lwakhiwe ngokweenkqubo ezigxile kubemi nakumashishini.

Ngonyaka-mali wama-2018/19, iWCD yazise izakhiwo ezibini ezixhasa ukugxila kwiminyaka emihlanu ezayo kwiPhulo leBroadband yeWC, njengesiCwangciso sikaRhulumente seDijithali esiqhutywa yiCel kunye neSakhiwo sokuMilisela aMathuba eDijithali ekhokelwa yiDEDAT. ISakhiwo sokuMilisela amaThuba eDijithali yimpendulo kwisantya esikhawulezayo sokuphazamiseka kwedijithali nenguquko yesi-4 yeshishini. Injongo yayo kukuxhasa uqoqosho nanjengoko iveza amathuba nemiceli-mngeni eziswe luqoqosho lwedijithali oluphaphileyo kuluntu.

Ngokunxuseneyo, iSebe leNkulumbuso liqhuba isiCwangciso-buchule sikaRhulumente seDijithali yaye lithatha uxanduva olupheleleyo lokuqhuba unikezelo lofikelelo nezakhiwo kubemi nokuvumela inkuthazo yeenkqubo zephondo kwesi sikhewu>.

### 11.8.2 Injongo yesiCwangciso sobuchule

| | |
|---|---|
| **Injongo yesiCwangciso sobuchule** | Uphuhliso nokukhula koqoqosho lwephondo ngenkxaso yokusetyenziswa kwebroadband, nokuba nentumekelelo kweziko kumashishini nakubemi bendawo ukukhuthaza ukusetyenziswa kwayo ukuze kuvuseleleke ukuba nokumelana nokhuphiswano. |
| **Inkcazo eneNjongo** | Ukuxhasa ukusetyenziswa, intumekelelo nokufikeleleka kwibroadband ukwandisa ukusetyenziswa kwebroadband nge-65% eNtshona Koloni |
| **Isiseko** | Ukusetyenziswa kwebroadband eNtshona Koloni = 57%. |

### 11.8.3 Icebo lokuMilisela

Ngonyaka-mali wama-2017/18, ugxilo lweBroadband yoqoqosho kwinkqubo enganeno ishenxele kude kunikezelo lweeWi-Fi-hotspots kubemi. Ukuba ngomnye wamangenelelo asi-8 angundoqo alawulwa yiNkqubo, iprojekthi yeWi-Fi-Hotspots yathunyelwa kwiZiko leNguqu ngokungqinelana neModeli yeBroadband eHlanganisiweyo ethi inike inkuthazo kwizakhono zeWCG ezisekiweyo. Iprojekthi entsha yeWCG yeWi-Fi yoluntu iyakuba nenani leehotspot ezandisiweyo nezinika uninzi lwabemi amashishini nofikelelo olusimahla kwi-intanethi.

Ngoqukumbelo lophando lalo kwifuthe elilindelweyo lokuphazamiseka kwedijithali kumacandelo angundoqo eNtshona Koloni, iSebe lilungise lakhawulezisa ugxilo lwenkqubo ekukhuthazeni ukulunga kwedijithali nokwenza ushishino nabasebenzi bethu ngeSakhiwo sokuMilisela amaThuba eDijithali. Ngowama-2018/19 iNkqubo eNganeno iyakuxhasa yaye imilisele iiprojekthi ezingundoqo ezilandelayo ezizezi:

**IPhulo leZixhobo zoShishino lweDijithali** lijolise ekwandiseni ukuqonda ngeenzuzo zobugcisa neintanethi ukuphucula ukhuphiswano ngedijithali ehlanganiswe nobugcisa. Ngowama-2018/19, ugxilo iyakuba kukuhlanganisa okungaphaya kwesistim kwinkxaso yeSMME, ukufaka izixhobo ezininzi zedijithali nokuxhasa ngemali icandelo labucala ukukhuthaza inkonzo enikeza nephuhlisa iindawo zenkxaso nemibutho engamaqabane.

**IBrandwidth Barn yaseKhayelitsha** iyakufumana inkxaso kwiSebe nanjengoko iphulo leIT laseKapa liqhubeka ukulawula iinkqubo zalo kwiindawo zalo zoluntu eKhayelitsha likwanenjongo zokubumba Ikamva langoku nelesizukulwana soosomashishini abancinci beICT. Ukugxila okungundoqo iyakuba kukuxhasa iBarn kwiinzame zokuphucula unikezo lwenkonzo nokufaneleka.

**Ukubekwa nokuKhuthazwa kwiHlabathi.** Iindawo ezintsha zowama-2018/19 ziquka **ukubekwa kwihlabathi** kweNtshona Koloni njengeyona ndawo ikhokelayo kwidijithali yehlabathi. Ugxininiso iyakuba kukusungula ukubekwa okusisiseko, ukugqibezela ingcebiso ekhethekileyo yedijithali nokuququzelela iinzame kwiimarike ekujoliswe kuzo zangaphakathi nezangaphandle.

Uphuhliso olukhethekileyo/iindawo zee ‘dash hubs’ zakubona usungulo kunye/okanye inkxaso **yeEdTech Hub** enika inkxaso koosomashishini abaziinkcutshe kula macandelo. Icandelo lemfundo linika ingcebiso ekhethekileyo kumxholo weNtshona Koloni nanjengoko liqhuba inguqu, liphuhlisa izisombululo zedijithali yengingqi nokukhuthaza ukugqwesa kwisoftiwe nasekuphuhliseni idijithali. Uququzelelo kwiiekhosistim ezinqamlezileyo zakukhuthaza ubuqabane kunye nokuhlanganisa iekhosistim. I-EdTech yenza elona lungu libaluleke kakhulu ekuxhaseni imfundo kunye neajenda yophuhliso lwezakhono yaye ixhasa injongo ye-E-learning Game Changer.

**IZakhono zeDijithali.** Kugxilo lwabemi abanxulunyanisiweyo, ugxininiso lweNkqubo lubekuzo zombini ngokwesithethe izakhono nofikelelo. Ngeprojekthi enye ‘yofikelelo’ engundoqo (njenge Wi-Fi-Hotspot) ethe yashenxela kwiCel yeSebe leNkulumbuso, iSebe lakuthi libeke phambili iZakhono zeDijithali. Oku kufanelekile nanjengoko izakhono zedijithali zakubayimfuno yama-90% yayo yonke imisebenzi kwixa elizayo. Amaphulo e Community Access Nodes (I-CAN) njengesixhobo sokwandisa izakhono zedijithali nokuzenza kushiyeka kuligxininiso lwenkqubo yeSebe. Ngowama-2018/19 imedeli yeI-CAN Learn evumela inan lamaziko eI-CAN anelayisenisi namathala eencwadi njengondoqo wesiqalo sokunikeza i-intanethi nofikelelo lwezixhobo zekhompyutha kubemi ukuba bafikelele kuqeqesho lwezakhono zedijithali. Injongo ngale nkqubo kukwandisa izakhono zedijithali kubemi ukuze kuphuculwe umsebenzi wabo kunye namathuba oshishino. Ukongeza koku, i-I-CAN yase-Elsies River nethe yasuka kubungqina bengqiqo iyakuqhuba isetyenziswa njengemodeli egqwesileyo kuphuhliso lwezakhono zedijithali yaye iyakwandisa inkonzo enikwayo kuquka nenkxaso esisiseko soosomashishini abatsha phakathi kwabanye.

**I-I-CAN Play** eqhagamshelaniswe neAlcohol Harms Reduction Game Changer inikeza umdlalo wedijithali nanjengoko zombini izezokuzisa indlela engenye kubemi kwanokukhuthaza ukubolekwa kwedijithali nokubanako kwezakhiwo ukuba dijithali kwiindawo ezingathathi ntweni. Ngexesha lowama-2017, amaziko amabini ayakube evuliwe eKhayelitsha naseGugulethu – Langa (Gunya). Ngowama-2018/19 la maziko ayakube esebenza yaye ukusungulwa kophuhliso kweeligi zezemidalo kuqoqoqsho oludlulileyo aluyi kuqukwa kuluntu.

### 11.8.4 Iithagethi zonyaka zeeNjongo zesiCwangciso sobuchule sowama-2018/19

| Isikhombisi seSiphumo | Indlela ephicothiweyo/eyinyani ekuqhutywe ngayo | | | Indlela yokuqhuba eqikelelwayo | Iithagethi zekota ephakathi | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | 2014/15 | 2015/16 | 2016/17 | 2017/18 | 2018/19 | 2019/20 | 2020/21 |
| **Inkqubo eNganeno: IBroadband yoQoqosho** | | | | | | | |
| Ixabiso lotyalo-mali | | | R3 697m | - | - | | R390m |

### 11.8.5 Programme Izijoliso zenjongo yesicwangciso buchule sonyaka wama-2018/19

| Isikhombisi senkqubo ekuqhutywe ngayo Isikhombisi sesiPhumo | | Indlela ephicothiweyo/eyinyani ekuqhutywe ngayo | | | Indlela yokuqhuba eqikelelwayo | Iithagethi zekota ephakathi | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | | 2014/15 | 2015/16 | 2016/17 | 2017/18 | 2018/19 | 2019/20 | 2020/21 |
| **Inkqubo eNganeno: IBroadband yoQoqosho** | | | | | | | | |
| 1.1 | Inani leeprojekthi zebroadband ezixhasiweyo | - | 14 | 9 | 7 | 7 | 8 | 9 |

### 11.8.6 Iithagethi zekota yowama-2018/19

| Isikhombisi senkqubo ekuqhutywe ngayo Isikhombisi sesiPhumo | | Ithuba lengxelo | Iithagethi zonyaka wama-2018/19 | Iithagethi zekota | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | | | | 1st | 2nd | 3rd | 4th |
| **Inkqubo eNganeno: IBroadband yoQoqosho** | | | | | | | |
| 1.1 | Inani leeprojekthi zebroadband ezixhasiweyo | Ngonyaka | 7 | - | - | - | 7 |

### 11.8.7 Ulawulo loMngcipheko

| **Injongo Yesicwangciso Sobuchule: Ukunika isicwangciso-buchule kunye nobunkokheli bomgaqo-nkqubo kwoPhondo.** | |
|---|---|
| **Inkcazo yomngcipheko** | **IziCwangciso zoBuchule Zokuthomalalisa Umngcipheko** |
| Ukuxhomekeka kweeprojekthi zeBroadband Stream 2 kunikezelo ngeenkonzo zezinye iiprojekthi zeWCG nakwamanye amasebe, nalapho xa kuthe kwakho ukusilela okanye ukumiswa kwayo, kunganesiphumo sokungabinakwandiswa kokusetyenziswa kwebroadband kuqoqosho. | 1. IUthabatho nxaxheba kwiKomiti ePhetheyo yeICT ngokunqamlezileyo nokukhuthaza ulungelelwaniso phakathi kweBroadband ka-WCG kunye neeprojekthi zamasebe.<br>2. Ukusungulwa kweStream 1 ngokusesikweni kunye neStream 2 semodeli phakathi kweCel neDEDAT<br>3. Amaqela olawulo lweprojekthi enqamlezileyo azakuchonga inkqubela-phambili yaye anike inkxaso kubaninizabelo apho iprojekthi ixhomekeke khona. |
| Inkqubo yokusetyenziswa rhoqo kwedigital ifuna kusetyenziswe iindlela eziphinda phindeneyo ezikhoyo ngethuba kukhangela imithombo yenkqubo entsha. Oku kubonakala njengenkqubo elixabiso eliphezulu, nenokunqanda ukwamkelwa ngamasebe karhulumente kunye namshishini. | 1. Iiprojekthi ezihlanganisiweyo zivumelana nokwahlulelana ngeendleko kumlinganiselo woqoqosho kunye nolwabelwano ngemfundiso.<br>2. Amathuba oxhathiso lweqela lemisebenzi yeBroadband yoQoqosho, nenqamlezileyo yebhunga likaRhulumente weNtshona Koloni nenenkxalabo yokunyusa ixabiso lebroadband kubemi nakumashishini eNtshona Koloni. |
| Isiphumo sesimo sokungabikho kwemali karhulumente ngokwaneleyo nokunesiphumo sokuncitshiswa koqingqo-mali lweeprojekthi, nokuphembelela ukubanako ukusebenza kwenkqutyana ukuphumeza iiprojekthi, ezichaphazela i-MTEF neenjongo zeminyaka emi-5 kunye neenkalo zojoliso. | 1. Ukuholwa kweendlela ezohlukeneyo zokufezekisa iiprojekthi, kuquka inkxaso engamandla yentsebenziswano yamahlakani angaphandle<br>2. Ukunika iingcebiso kubakhokeli ngempembelelo yokuncitshiswa koqingqo-mali lwemisebenzi yeprojekthi kunye neenkalo zojoliso jikelele ukuvumelana nokubaluleka koqingqo-mali obeluchaziwe kwangaphambili.<br>3. Ukulandelisa ngeenkalo zeenkqubo ezinganeno kunye nokuhlolwa kweprojekthi xa kufanelekile.<br>4. Ukuzama ubuqabane obusebenzayo bukarhulumente nobabucala nentsebenziswano ukukhuthaza umxholo wenkqubo, ifuthe nokuhanjiswa kwenkonzo. |

## 11.9 Inkqubo enganeno: Uqoqosho oluluHlaza

### 11.9.1 Isimo soBume sokuPhumelelisa iNdlela yokuSebenza

Ngowama-2013, phantsi kwenkxaso yeSebe leNkulumbuso, kwaqaliswa iSakhelo sesiCwangciso-nkqubo soQoqosho loHlaza eNtshona Koloni saza samkelwa nguWCG. Esi Sakhelo sesiCwangciso sahlanganisa zonke. Izinto ezifunekayo ezinempembelelo neziphenjelelwa kukutshintsha kwemozulu nokuba nomlinganiselo kuncedo lobutyebi belizwe, nokubalulwa kokuvuleleka kwamathuba engqesho nawoqoqoshi ukukhulisa uqoqosho lohlaza nengqiqo yombono ocacileyo nenika umkhomba-ndlela, hayi kuWCG kuphela kodwa nakubemi bendawo, nakumashishini, hayi kwimibutho efumana ingeniso kunye namaziko emfundo ephakamileyo.

Ukukhuthaza ingqiqo yezi njongo, kwaqaliswa iSakhelo sokuPhunyezwa koQoqosho loHlaza ngowama-2015/16, nesinika imithetho-siseko nohluzo lokukhuthaza ukhetho lweeprojekthi neenkqubo eziyakuthi zibe zezona zinempembelelo kakhulu kumlinganiselo woncedo-mali olufumaneka kuWCG. Injongo yokuPhunyezwa kweSakhelo kususetyenziswa kwesixhobo sengqiqo yombono kaWCG wokuvuselela ukukhula koqoqosho olusebenzisa izinto ezimbalwa zoncedo lobutyebi, ezinempembelelo enganeno kuleyo ivelisa iingxaki zokusingqongileyo, kwaye iqukiwe kwimiqathanga yokudala ukuvuleleka kwamathuba enqgesho nokuxhamla koluntu kuqoqosho ngokubanzi.

Ngokukhuthaza nokuvuselela uqoqosho lohlaza eNtshona Koloni, injongo kukwandisa utyalo-mali ngamashishini ohlaza, nokuthi kukhuthaze ukudaleka kwemisebenzi nokukhula. Oku kuyakuthi kuquke utshintsho olubalulekileyo kwisimo seziveliso zommandla ukwenzela ukwandisa ngokuhlangeneyo uqoqosho lohlaza kwixesha elide okanye elifutshane ngokusebenzisa amaphulo oqoqosho olusaqalayo kunye noqoqosho xa lulonke. Kubaluleke kakhulu kwiphondo. INtshona Koloni iyaqhubeka phakathi kwamanye amaphondo ukuba notshintsho kwisimo sezulu, inokwanda kweemeko zembalela kummandla osele uphantso kocinezeleko lwamanzi, ukwanda kweziganeko ezimandundu nezikhawulezileyo zesiphango, isantya esiphezulu somoya kunye namaqondo obushushu aphezulu. Ifuthe loqoqosho lokutshintsha kwesimo sezulu luqikelelwa ukuba luzakubanzulu, kuquka ifuthe lobulunga bomoya; ukusebenza kumazibuko nakwizakhiwo ezikhoyo zezothuthu; ukwehla kokubakhona kwamaxabiso emithombo yezinto zokuphila (umz. amanzi, amandla, ukutya); imveliso yezolimo kunye neshishini lolungiso kwezolimo kwanokurhweba namazwe angaphandle iimveliso zezolimo; imveliso yabasebenzi ecuthekileyo, ukwanda kweendleko ezinxulunyaniswa nokukhathalelwa kwezakhiwo ezikhoyo, icandelo leinshurensi; amashishini amancinci angekho sesikweni; ubume bemeko yeKapa yendalo kwakunye neshishini lokhenketho kunye nokuncipha kumvuzo odingekayo.

INtshona Koloni iyaqhubeka phakathi kwamanye amaphondoukubanotshintsho kwisimo sezulu, inokwanda kweemeko zembalela kummandla osele uphantso kocinezeleko lwamanzi, ukwanda kweziganeko ezimandundu nezikhawulezileyo zesiphango, isantya esiphezulu somoya kunye namaqondo obushushu aphezulu. Ifuthe loqoqosholokutshintsha kwesimo sezulu luqikelelwa ukuba luzakubanzulu:

- kuquka ifuthe lobulunga bomoya; ukusebenza kumazibuko nakwizakhiwo ezikhoyo zezothuthu;
- ukwehla kokubakhona kwamaxabiso emithombo yezinto zokuphila (umz. amanzi, amandla, ukutya);
- imveliso yezolimo kunye neshishini lolungiso kwezolimo kwanokurhweba namazwe angaphandle iimveliso zezolimo;
- imveliso yabasebenzi ecuthekileyo,
- ukwanda kweendleko ezinxulunyaniswa nokukhathalelwa kwezakhiwo ezikhoyo;
- icandelo leinshurensi;
- amashishini amancinci angekho sesikweni;
- ubume bemeko yeKapa yendalo kwakunye neshishini lokhenketho; kunye
- nokuncipha kumvuzo odingekayo.

### 11.9.2 Injongo yesiCwangciso sobuchule

| | |
|---|---|
| **Injongo yesiCwangciso sobuchule** | Ukukhuthaza amathuba oqoqosho lohlaza andisa ukumelana nokhuphiswano lommandla nokuvuselela ukukhula kweshishini kunye notyalo-mali., |
| **Inkcazo eneNjongo** | Imeko yaseNtshona Koloni njengenkqenkqeza phambili kwiNdawo yoQoqosho loHlaza kwizwekazi ngokwenza umtsalane nokufumana uncedo lwenkuthazo le-R1.35billion yotyalo-mali kuhlaza ngowama-2020 kwiphondo. |
| **Isiseko** | Ixabiso lotyalo-mali = R800 million |

### 11.9.3 Icebo lokuPhumeza

Injongo yolu ncedo kukukhuthaza ukuba namandla nokuzimela kweNtshona Koloni ngokongezelelekileyo ukuphembelela ummandla njengendawo enkqenkqeza phambili kuqoqosho lohlaza.

ISakhelo sesiCwangciso-nkqubo soQoqosho loHlaza sibonakalisa imiceli-mngeni efunyanwa liphondo kunye noluhlu lwamanyathelo angundoqo ekufuneka ethathiwe ukufezekisa umbono woQoqosho loHlaza. Ngolu holobo, uQoqosho loHlaza oluphantsi kwenkqubo 5 lubonakaliswa njengazo zombini njengoncedo nanjengeziko. Njengeluncedo, amandla walo ngokupheleleyo ayakuthi amanyaniswe anamaziko eProjekthi Khulisa, nokwathi kwakhankanya amanzi namandla njengezona zimbini ziluncedo ngokunyanzelekileyo. Ngaphandle kwalo msebenzi, uQoqosho loHlaza luyakuthi luqhubele phambili ukukhuthaza uqoqosho olufikelela kwiindawo ezininzi nalapho ishishini norhwebo ziyakuthi zisebenze ngokwaneleyo nangokufanelekileyo njengeziphembelela ukukhula koqoqosho nokudala amathuba emisebenzi, oko kukuthi, utshintsho lokuseteynziswa kwezinto eziluncedo ezinekharni enganeno nangendlela efanelekileyo.

Iiprojekthi ezizakwamkelwa ngowama-2018/19:

**Ukomelela kwamanzi.** Ukomelela kwamanzi. Isakhelo sesiCwangciso sobuchule soQoqosho oluluHlaza lizakuzuza izahlulo eziphindiweyo zokukhuthaza amathuba oqoqosho oluluhlaza nokukhuthaza ubume bemeko yethu eqhuba ngayo. Okokusebeza kwezixhobo kuxhasa iSakhelo sesiCwangciso sobuchule. Indawo ephambili egxile kakhulu kuqoqosho lwamanzi. Imbalela emandundu ndawonye nokwanda kotshintsho kwisimo sezulu kududula ukushenxa okusisiseko kulawulo lwamanzi 'okutsha okuqhelekileyo'. Impendulo yoqoqosho kumbhodamo wamanzi, nanjengoko ixhaswa yinkqubo entsha, ikabini: ukunciphisa imingcipheko kumashishini okunciphisa

ukhuseleko lwamanzi, ukuncitshiswa kobulunga bamanzi nokwanda kweendleko zamanzi lusandisa ukunikezwa okunciphileyo kweempahla neenkonzo ezinokunceda oomasipala, amashishini kunye namakhaya phakathi kwezinye ukuphucula ukugcinakala kwamanzi. IsiXhobo soKwenza iSigqibo esithe sagqitywa ngowama-2018/19 injongo yayo kukunceda ukunikwa kwamanzi okukhula koqoqosho kwindawo enqatyelwe ngamanzi. Isixhobo saphuhliswa yiNdawo yoLawulo lweBerg River, ingakumbi ummandla weSaldanah yaye ujoliso lwakunikwa ngowama-2018/19 ukuxhasa amanye amasebe ukwandisa ukusebenzisa isixhobo ngoomasipala.

**Ukhuseleko lwaMandla.** Eminye yemisebenzi esele iqalisiwe kwindawo yoKhuseleko lwaMandla neyakuthi iqhubele phambili, umzekelo iQela leSmart Grids eliyakuthi liqhubeke ngokusebenza noomasipala ukuqwalasela ukuphunyezwa koluhlu lwerhafu kunye nemithetho yokusetyenziswa kwePV kumaphahla ezindlu nokuxhotyiswa kwesizukulwana sexesha elizayo ngezakhono nozinzo. Umsebenzi weprojekthi yeRhasi yeNdalo 'Liquefied Natural Gas' iyakuthi iqhubele phambili ngowama-2017/18 ngokugqalisa ekuphuhliseni umbono wolahlulelwano nosendleleni eSaladanha ukuya eKapa, ukukhuthaza ukuyekisa ukusetyenziswa kwerhasi kurhwebo kuxhaswe ukusetyenzisiwa kwerhasi yendalo. Ngenxa yezifundo zobugcisa ezingundoqo zeprojekthi ye Liquefied Natural Gas ngowama-2017/18, 2018/19 iyakugxila ekuphuhliseni icebo lokuzisa igesi ukusuka kwindawo eyimfuno, ukukhusela iimeko zezivumelwano nabenzi, ukugunyazisa iDevelopment Bank of South Africa (DBSA) esi sifundo esixhaswa ngemali kuhanjiso lwezakhiwo kwiFID, ukuphandwa kophuhliso lweemodeli kunye nokuzimanya okwakhiwe kakuhle nabatyali-mali nabaninizabelo. Le projekthi yexesha elide inako ukuba nefuthe elihle kukhuselo lwamandla kwiphondo kodwa ivule namathuba amatsha okuvelisa kummandla. Ngaphaya komsebenzi owenziweyo yigame changer, isiCwangciso-buchule saMandla aManyeneyo eNtshona Koloni/ isiCwangciso sobuchule seSakhelo sakuphuhliswa/sigqitywe ngowama-2018/19 ukuqinisekisa ukuba umbono wamandla wexesha elide ngokuphakathi eNtshona Koloni kuvunyelwene ngawo, ucwangcisiwe yaye umiliselwe.

**Ulungelelwaniso nobuNkokheli.** Uqoqosho loHlaza ngumba onqamlezileyo nokumgangatho ophezulu nokuphunyezwa okunabela kumaqumrhu nakumasebe awohlukeneyo. Umba woLungelelwaniso nobuNkokheli kuQoqosho loHlaza ngumba onomxholo ngokunqamlezileyo noqulathe ukwandiswa kwephulo lokwandiswa kwesakhiwo seGreen brand nge-100% yephulo lolamlo longenelelo lwescwangciso soqhagamshelwani ngokubanzi nesigqalise kwigame changer yamandla, umgangatho womnatha wesixiokelelwano sothungelwano nesikhokelwa nguGreenCape, kwanolungelelwaniso konxulumelwano lwabachaphazelekayo ngaphakathi nangaphandle kwisebe. Ugxilo olungundoqo loququzelelo oluhlangeneyo lweGreenCape nomsebenzo wokuxhasa – ngeedesika zecadelo lwamandla enziwe matsha, ngokhuseleko lwamandla, ngamanzi nenkcitho – kukuqonda amathuba nezithintelo kuqoqosho oluluhlaza lwamacandelo anganeno, ukunika imarike enyanisekileyo nehlaziyiweyo nolwazi lwesisombululo, ukwakha unxulumano nokuququzelela unxibelelwano phakathi kwabaninizabelo namashishini amaninzi kwiphondo nakuzwelonke kuqoqosho oluluhlaza, ukunika inkxaso yotyalo-mali nokumela endaweni yeshishino apho kufanelekileyo. Ulwazi lokuba iGreenCape ngokuphathelene nemiqobo nokuvumela ukusetyenziswa lisebe ukuyila nokulimisela iinkqubo zalo ukukhuthaza uqoqosho oluluhlaza. Ngokubaluleke kakhulu, umsebenzi ohlanganiswe ndawonye nawo ujolise ekutsaleni utyalo-mali loqoqosho oluluhlaza kwiNtshona Koloni.

**Unxibelelwano loQoqosho oluluhlaza.** Ugxilo olungundoqo lonxibelelwano ngowama-2018/19 lukhuseleko lwamandla ekhampeyini esebenzayo. Le khampeyini ikhuthaza amashishini, amakhaya norhulumente ukuba amilisele ukubanako kwamandla nokutyala imali kwismall-scale embedded generation (SSEG), zombini ziyimpumelelo kwigame changer. Ugxilo lonxibelelwano lowama-2018/19 lakwanda ukujongana nabaqhubi nabavumeli abohlukeneyo boqoqosho oluluhlaza, ngogxilo lokuqala luyinxenye yenkqubo yenkxaso yoshishino ukunciphisa umngcipheko wombhodamo wamanzi kumashishini nokwandisa amathuba anxulumene nokusabela kumbhodamo wamanzi nokomeleza amanzi kwixesha elide.

#### 11.9.4 Iithagethi zonyaka zeziCwangciso zobuchule zowama-2018/19

| Isikhombisi seSiphumo | Indlela ephicothiweyo/eyinyani ekuqhutywe ngayo | | | Indlela yokuqhuba eqikelelwayo | Iithagethi zekota ephakathi | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | 2014/15 | 2015/16 | 2016/17 | 2017/18 | 2018/19 | 2019/20 | 2020/21 |
| **Uqoqosho oluluhlaza** | | | | | | | |
| Ixabiso lotyalo-mali | - | - | R2 802m | R550m | R550m | - | - |

### 11.9.5 Isikhombisi senkqubo ekuqhutywe ngayo neethagethi zonyaka wama-2018/19

| Isikhombisi senkqubo ekuqhutywe ngayo Isikhombisi sesiPhumo | | Indlela ephicothiweyo/eyinyani ekuqhutywe ngayo | | | Indlela yokuqhu-ba eq-ikelelwayo | Iithagethi zekota ephakathi | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | | 2014/15 | 2015/16 | 2016/17 | 2017/18 | 2018/19 | 2019/20 | 2020/21 |
| **Uqoqosho oluluhlaza** | | | | | | | | |
| 1.1 | Inani leeprojekthi zoqoqosho oluluhlaza ezixhasiweyo | - | 11 | 10 | 6 | 6 | 6 | 6 |

### 11.9.6 Iithagethi zekota yowama-2018/19

| Isikhombisi senkqubo ekuqhutywe ngayo (Isikhombisi sesiPhumo) | | Ithuba lengxelo | Iithagethi zonyaka wama-2018/19 | Iithagethi zekota | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | | | | 1st | 2nd | 3rd | 4th |
| **Uqoqosho oluluhlaza** | | | | | | | |
| 1.1 | Inani leeprojekthi zoQoqosho oluluHlaza ezixhasiweyo | Ngonyaka | 6 | - | - | - | 6 |

### 11.9.7 Ulawulo loMngcipheko

| Injongo Yesicwangciso Sobuchule: Ukunika isicwangciso-buchule soqoqosho nobunkokhelo bomgaqo-nkqubo kwiPhondo. | |
|---|---|
| **Inkcazo yomngcipheko** | **IziCwangciso zoBuchule Zokuthomalalisa Umngcipheko** |
| Ukusilela kwamanye amasebe ephondo nomasipala bommandla ukuxhasa nokuphumeza iiprojekthi zoqoqosho lohlaza nokunesiphumo sokungaphumeleli kwingqiqo yesakhelo soqoqosho lohlaza. | 1. IQela leMisebenzi yoQoqosho loHlaza kunye nolawulo lweprojekthi yamahlakani ukuqinisekisa ukusetyenziswa kwamahlakani afanelekileyo<br>2. Ukunikezelwa koncedo-mali lweeprojekthi ngokuhlangeneyo ukuqinisekisa ukuqhubela phambili kweeprojekthi.<br>3. Unxibelelwano oluhlaziyiweyo nge-110% yeportal yeweb eluHlaza ukugcina amaqabane enolwazi yaye ebandakanyeka. |
| Isiphumo sesimo sokungabikho kwemali karhulumente ngokwaneleyo nokunesiphumo sokuncitshiswa koqingqo-mali lweeprojekthi, nokuphembelela ukubanako ukusebenza kwenkqutyana ukuphumeza iiprojekthi, ezichaphazela i-MTEF neenjongo zeminyaka emi-5 kunye neenkalo zojoliso. | 1. Ukuholwa kweendlela ezohlukeneyo zokufezekisa iiprojekthi, kuquka inkxaso engamandla yentsebenziswano yamahlakani<br>2. Ukunika iingebiso kubakhokeli ngempembelelo yokuncitshiswa koqingqo-mali lwemisebenzi yeprojekthi kunye neenkalo zojoliso jikelele ukuvumelana nokubaluleka koqingqo-mali obeluchaziwe kwangaphambili<br>3. Ukulandelisa ngeenkalo zojoliso zenkqutyana kunye nokuhlolwa kweprojekthi xa kufanelekile |

## 11. 10 Ukuhlanganiswa kweethagethi zendlela ekuqhutywe ngayo noHlahlo-mali kunye neMTEF

### 11.10.1 Uqikelelo lweNkcitho-mali

| Inkqubo enganeno | Ephicothiweyo | | | Ulwabiwo olungundoqo | Ulwabiwo olulungelanisiweyo | Uqikelelo oluqwalaselweyo kwakhona | Inkcitho-mali yekota ephakathi | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| **R'000** | **2014/15** | **2015/16** | **2016/17** | **2017/18** | **2017/18** | **2017/18** | **2018/19** | **2019/20** | **2020/21** |
| 1. Umgaqo-nkqubo nocwangciso | 21 377 | 4 518 | 3 258 | 4 176 | 3 767 | 3 553 | 2 791 | 2 997 | 3 217 |
| 2. UPhando noPhuhliso | 4 840 | 6 693 | 8 882 | 6 692 | 6 930 | 7 078 | 8 211 | 8 779 | 8 642 |
| 3. ULawulo loLwazi | 11 401 | 12 010 | 9 654 | 10 136 | 10 136 | 10 136 | 10 424 | 11 325 | 11 948 |
| 4. UQwalaselo noHlolo | 3 396 | 1 776 | | 1 | | | 1 | 1 | 1 |
| 5. ULawulo | 129 340 | 65 319 | 213 383 | 64 298 | 55 798 | 55 935 | 64 105 | 73 604 | 47 568 |
| 6. Ukuvumela uhlumo namaphulo ezakhiwo ezikhoyo | 35 116 | 28 314 | 39 771 | 32 529 | 23 072 | 23 088 | 16 854 | 15 811 | 16 822 |
| 7. IBroadband yoqoqosho | 255 | 20 155 | 21 187 | 28 199 | 30 620 | 30 533 | 38 467 | 36 131 | 36 555 |
| **Itotali yentlawulo noqikelelo** | **205 725** | **138 785** | **296 135** | **146 031** | **130 323** | **130 323** | **140 853** | **148 648** | **124 753** |
| **Uhlelo loqoqosho R'000** | | | | | | | | | |
| **Iintlawulo zangoku** | **59 601** | **60 564** | **62 678** | **72 981** | **50 698** | **50 692** | **57 856** | **54 777** | **55 883** |
| Imbuyekezo kubasebenzi | 16 987 | 20 683 | 19 153 | 26 085 | 25 164 | 25 164 | 29 830 | 28 863 | 28 530 |
| Iimpahla neenkonzo | 42 614 | 39 881 | 43 525 | 46 896 | 25 534 | 25 528 | 28 026 | 25 914 | 27 353 |
| Inzala nomrhumo womhlaba | | | | | | | | | |
| **Utshintshiselwano neenkxaso** | **145 894** | **77 727** | **232 988** | **72 621** | **79 571** | **79 571** | **82 964** | **93 836** | **68 833** |
| Amaphondo noomasipala | 500 | | | | | | | | |
| Iiarhente neeakhawunti zeSebe | 31 091 | 33 258 | 133 159 | 48 955 | 50 935 | 50 935 | 63 955 | 73 446 | 47 312 |
| Iidynuvesithi neetknikhoni | | | | | | | | | |
| Oorhulumente bangaphandle nemibutho yamazwe ngamazwe | | | | | | | | | |
| Amashishini karhulumente namashishini abucala | | | | | | | | | |
| Amaziko angenzi ngeniso | 114 271 | 44 430 | 99 829 | 23 666 | 28 636 | 28 636 | 19 009 | 20 390 | 21 521 |
| Amakhaya | 32 | 39 | | | | | | | |
| **IAkhawunti kaRhulumente yoRhwebo lweMoto** | | | | | | | | | |
| IAkhawunti kaRhulumente yoRhwebo lweMoto | | | | | | | | | |
| **Iintlawulo zeeasethi eziphambili** | **211** | **377** | **469** | **429** | **54** | **60** | **33** | **35** | **37** |
| Izakhiwo nezinye izakhiwo ezimiselweyo | | | | | | | | | |
| Iimatshini nezixhobo | 179 | 353 | 467 | 427 | 54 | 58 | 31 | 33 | 35 |
| Iiasethi zamafa | | | | | | | | | |
| Iiasetho zobungcali bomkhosi | | | | | | | | | |
| Umhlaba kunye neeasethi zomhlaba ongaphantsi | | | | | | | | | |
| Inzala kunye nomrhumo womhlaba | | | | | | | | | |
| Isoftiwe nezinye iiasethi ezingabambekiyo | 32 | 24 | 2 | 2 | | 2 | 2 | 2 | 2 |
| **Iintlawulo zeeasethi zezemali** | **19** | **117** | | | | | | | |
| **Itotali yohlelo loqoqosho** | **205 725** | **138 785** | **296 135** | **146 031** | **130 323** | **130 323** | **140 853** | **148 648** | **124 753** |

## 12. INKQUBO 7: UPHUHLISO LWEZAKHONO KUNYE NEZINTO EZINTSHA

### 12.1 Injongo

Ukuququzelela ukufezekiswa kwesicwangciso sokhenketho ngokumanyeneyo esiyakukhokelela kukwandisa nokugcinwa kokukhula nokudaleka komsebenzi kushishino lokhenketho.

### 12.2 Ulwakhiwo lwenkqubo

INkqubo yakhiwe ngoku hlobo:

- **Inkqubo enganeno 6.1: UCwangciso loKhenketho**
  Ukuvelisa nokuququzelela iajenda yesicwangciso sobuchule

- **Inkqubo enganeno 6.2: UHlumo loKhenketho noPhuhliso**
  Ukuququzelela ukuhluma nophuhliso lweshishini lokhenketho.
  Ukukhuthaza ubulunga bamava omkhenkethi kwindawo aya kuyo ngokunika iinkonzo zenkxaso yokhenketho ezilungileyo.

- **INkqubo enganeno 6.3: INguqu kwiCandelo loKhenketho**
  Ukunika ubhaliso nemimiselo yezikhokelo zokhenketho.

- **Inkqubo enganeno 6.4: INtengiso yeNdawo yokuFikela yoKhenketho**
  Ukubonelela ngoncedo kukhenketho, kunye nequmrhu likarhulumente lokukhuthaza urhwebo kunye notyalomali ukuze libenako ukufezekisa isigunyaziso salo, njengokuba kuchaziwe nguMthetho ka 1996 (uMthetho3 ka-1996) njengolungisiweyo we-Arhente yoKhuthazo loRhwebo kunye noTyalo-mali eNtshona Koloni.

**Isimo soBume sokuPhumelelisa iNdlela yokuSebenza**

I-Projekthi Khulisa yachonga ukhenketho njengelinye lamaziko angundoqo nathi anike iPhondo Amandla amakhulu okufumana inzuzo ngokwezemisebenzi nokukhula.

Ngonyaka wama-2016, iNtshona Koloni yathatha uxanduva lwe-15.65% labo bonke abakhenkethi abagaleleka eMzantsi Afrika kwaye yafumana am-23.9% enkcitho-mali yaseMzantsi Afrika iyonke. INtshona Koloni yafumana ukukhula nge-18.5% ngo-2016 nalapho kwagaleleka abakhenkethi abali---1,568, 357 nokwathi kwabhalwa phantsi, xa kuthelekiswa nokufika kwabatyeleli abali-1,323,283 ngowama-2014. I-UK, iJamani neUS zabamba indawo yazonjengezona ndawo zintathu eziphambili eNtshona Koloni zentsusa zemarike, zilandelwa ngokusondeleyo yiNamibia kunye neNetherlands.

Kwangaxeshanye inkcitho yesixa-mali eNtshona Koloni yakhula ngama-21.6% ngephondo lirekhoda iR18.i billion ngowama-2016, xa kuthelekiswa neR14.9 billion yetotali echithwe ngowama-2015.

ISebe loPhuhliso Qoqosho kunye noKhenketho linesigunyaziso sowiso-mithetho esingummsiselo wokhenketho. Siphendula kuyo yonke imiba yoshishino lokhenketho, kuquka uphuhliso lokhenketho, ummiselo wokhenketho nentengiso yokukhuthaza ukhenketho. Siphendula kuyo yonke imiba yoshishino lokhenketho, kuquka uphuhliso lokhenketho, ummiselo wokhenketho nentengiso yokukhuthaza ukhenketho. Ukhenketho, uRhwebo kunye noMthetho ka-2013 woTyalo-mali unceda ekuphunyezweni kwentengiso yendawo yokufikela yokhenketho kwiqumrhu likarhulumente elingu-Wesgro.

Ukhenketho lweKhulisa Projekthi lusetyenziswa ngendlela enqamlezileyo neluncedo kuhanjiso lwamaphulo okhenkethi kuzo zonke iinkqubo zeSebe. Ukuphunyezwa kwentengiso yendawo yokhenketho yokufikela ngoku ngqo lufumaneka kuWesgro (IsiGunyaziso soWiso-mithetho). Le ndlela isetyenziswa ngokunqamlezileyo iyakuthi iqinisekise ukuba iziphumo zalommandla ulandelayo zeziko lokhenketho zifezekisiwe xa zizonke:

- Ukufumana ukwanda kwenani le-GVA yokhenketho ukusuka kwi-17 billion ukuya kuma-28 billion kwanokukhula kwamathuba emisebenzi kwezokhenketho ukuya kwi-100 000 yezithuba zengqesho ezongezelelweyo ngokusesikweni.

**Inkcazo yengxaki**

Siluqhuba njani uqhekeko lokukhula kubafiki abasuka apha ngaphakathi nabo bamazwe ngamazwe, kwiphondo lilonke nokuya kuvumela ushishino lokhenketho eNtshona Koloni kudaleke amathuba emisebenzi eyongezelelweyo nge-100 000 ngo-2019?

**Imiceli-mngeni:**

- UKwaziswa – Akukho phawu lwemveliso olucacileyo; imizamo yentengiso engalungelelaniswanga nethi ngamanye amaxesha ikhuphisane norhwebo; uphindaphindo lwenkcitho-mali kwintengiso yendawo yokufikela ngamacandelo amaninzi karhulumente; iingcinga ezingafanelekanga ezinxulumene ne-Afrika.
- Ukufikeleleka – Ukuba nzima kwezithintelo zokufumana incwadi yemvume yokungena kwelinye ilizwe; ukuthatha indlela ende ukuya kufika kwindawo osingise kuyo; ukuba nomlinganiselo weenqwelo-moya eziya ngqo apho uya khona.
- Umtsalane – Isicwangciso sokhenketho sephondo esohlukeneyo; unikezelo lwemveliso yokhenketho olungaqulunqwanga; ubunzima kubakhenkethi ukuba bajikeleze kwiindawo; iingcinga ezingafanelekanga ngokhuseleko lweendawo yokufikela.

**Izijoliso zesicwangciso sobuchule**

IProjekthi Khulisa ichonge izijoliso ezicwangcisiweyo ezithathu ezigqlise nezibeka phambili imisebenzi kunye neziphumo zohanjiso phakathi kowama-2015 nowama-2020. Le misebenzi neziphumo zinegalelo kwiziphumo ze GVA ezandisiweyo kunye nemisebenzi ethe ngqo kushishino lokhenketho. Ezi zijoliso zicwangcisiweyo zintathu zezi:

- Isijoliso sesicwangciso sobuchule 1: Kwenyuswe ukwaziswa nokuqonda kweNtshona Koloni kwezona marike zingundoqo namacandelo ukuqhuba iinguqulelo.
- Isijoliso sesicwangciso sobuchule 2: Kuphuculwe ukufikeleleka eKapa nakwimimandla.
- Isijoliso sesicwangciso 3: Kunyuswe umtsalane wommandla ngonikezelo lweemveliso ezikhuphisanayo neepasile ezinomtsalane.

**Amaphulo angundoqo:**

Oku kulandelayo kuzakucazulula ezona ziphumo zazo zontathu ezi zijoliso zicwangcisiweyo.

**Isijoliso sesicwangciso sobuchule 1:** Kunyuswe umtsalane weNtshona Koloni kwezona marike zingundoqo kunye namaziko ukuqhubela phambili ukuhlangabezana ukusuka kushishino ukuya kwindawo yolonwabo umkhenkethi afikele kuyo.

- Chaza ixabiso lesicelo sendawo leyo.
- Yakha kwaye fezekisa iNkqubo yokuHlangabezana nokuNyusa uMthunywa.
- Kuqaliswe uvimba weenkcukacha nexesha elichanekileyo loshishino ngokwekhono lokuba nengqiqo.
- Kwakhiwe ishishini ledatha yexesha eliyinyani elinobukrelekrele.
- Kwakhiwe kwaye kufezekiswe isicwangciso solungelelwaniso lwamahlakani.

**Isijoliso sesicwangciso sobuchule 2:** Kuphuculwe ukufikeleleka eKapa nakwimimandla.

- Kukhuselwe iindlela ezintathu ezintsha zohambo ngenqwelo-moya.
- Kuququzelelwe imimiselo yencwadi yokungena kwelinye ilizwe.
- Kwenziwe kwaye kuqhutyelwe phambili komkhankaso wokwaziswa kweendidi zothutho zasekuhlaleni.

**Isijoliso sesicwangciso sobuchule 3:** Kunyuswe umtsalane wommandla ngonikezelo lwemveliso ekhuphisanayo nepasile ezinomtsalane.

- Kubekwe iNtshona Koloni njengeKomkhulu loMjikelezo eBhiyisikile e-Afrika.
- Kwandiswe isithethe nenkcubeko yokhenketho ngokusetyenziswa kwendlela yorhwebo kulandelwa iNldlela
- yoKhenketho yeLifa likaMandela.
- Simeme ihlabathi lizokudibanela etafileni yethu njengendawo yokutya newayini
- Kubekwe iphondo njengendawo yoshishino lwehlabathi kunye nemibhiyozo yolonwabo.
- Kwakhiwe kwaye kufezekiswe iinkqubo zokuphuculwa kwezinga lenkonzo kunye nomkhankaso wabemi othi "ukhenketho luzuzisa mna".

### 12.3 Inkqubo enganeno 6.1: Ucwangciso loKhenketho

#### 12.3.1 Isimo soBume sokuPhumelelisa iNdlela yokuSebenza

Intsebenziswano yoKhenketho lweNtshona Koloni yindlela esetyenziswa liziko ekubambeni iingxoxo namahlakani. Yintsebenziswano ngokumanyeneyo ethi ihlanganise isicwangciso esinentsingiselo, umgaqo-nkqubo kunye neminye imiba ephambili ecwangcisiweyo. Ukubanjwa rhoqo kweengxoxo zentsebenzoswano kuqinisekisa ukuba amaqela amanyeneyo asebenza ngokuhambelanayo ukufezekisa ukusetyenziswa kwexabiso elifnelekileyo lwezinto eziluncedo ngokuhlangeneyo nokunika iqonga leengxoxo zemiba ebalulekileyo ejongene nalo iziko loshishino lokhenketho.

IsiCwangciso soKhenketho sibonelela ngolungelelwaniso ngokubanzi, ukuthatha inxaxheba nokunika ingxelo yohanjiso lokhenketho lwePhondo njengenxalenye yesiCwangciso seZiko loKhenketho sikaZwelonke. Igalelo libonelelwe kwisicwangciso noloyamano kuqinisekisiwe phakathi kweenjongo zePhondo kunye noZwelonke.

### 12.3.2 Iinjongo zesiCwangciso sobuchule

**ULawulo lweNdawo yokuFikela: UCwangciso loKhenketho**

| | |
|---|---|
| **Injongo yesiCwangciso sobuchule** | Ukulungiselelanisa isicwangciso-buchule esinye sendawo yokhenketho yokufikela kunye nendlela esetyenziswayo yohanjiso, eyakuqinisekisa ulawulo olusebenzayo lorhwebo lwendawo yokufikela ngokumanyeneyo. |
| **Inkcazo eneNjongo** | Isicwangciso-buchule esinye sendawo yokufikela yokhenketho nendlela esetyenziswayo yokuphuhlisa uhanjiso ngo-2020. |
| **Isiseko** | IsiCwangciso soMsebenzi woKhenketho kunye nokuNgeniswa kwiSigqeba soMbuso seZokhenketho lweKhulisa nowama-2015/16. |

### 12.3.3 Injongo yesiCwangciso soBuchule seethagethi zonyaka wama-2018/19

| Isikhombisi seSiphumo | Indlela ephicothiweyo/eyinyani ekuqhutywe ngayo | | | Indlela yokuqhuba eqikelelwayo | Iithagethi zekota ephakathi | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | 2014/15 | 2015/16 | 2016/17 | 2017/18 | 2018/19 | 2019/20 | 2020/21 |
| **Inkqubo enganeno: UCwangciso loKhenketho** | | | | | | | |
| Isicwangciso sobuchule sendawo enye yokhenketho yokufikela kunye nemodeli ephuhliswe ngowama-2020. | - | - | - | - | - | 1 | 1 |

### 12.3.4 IsiCwangciso sokuPhumeza

Njengempendulo ekuququzelelweni kwawona maphulo njengenxalenye yendlela enqamlezayo kaRhulumente weNtshona Koloni, lenkqutyana iyakuba noxanduva lokuququzelela ulawulo lwamahlakani. Ukongeza, kuyakuthi kugqaliswe kwisicwangciso sokhenketho, ingxoxo nentsebenziswano:

- Ekuboneleleni ngeqonga lothetha-thethwano phakathi kwamaziko karhulumente nawabucala ngobuchule nangezemali.
- Kulungiswe imiqobo yoshishino.
- Ukuchophela iNtsebenziswano yoKhenketho lweNtshona Koloni. Le yindlela esetyenziswa liziko eqhubeni iingxoxo zamahlakani kwimiba yesicwangciso nebalulekileyo ejongene noshishino lokhenketho.

### 12.3.5 Izijoliso zenjongo yesicwangciso buchule sonyaka wama-2018/19

| Isikhombisi senkqubo ekuqhutywe ngayo Isikhombisi sesiPhumo | | Indlela ephicothiweyo/eyinyani ekuqhutywe ngayo | | | Indlela yokuqhuba eqikelelwayo | Iithagethi zekota ephakathi | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | | 2014/15 | 2015/16 | 2016/17 | 2017/18 | 2018/19 | 2019/20 | 2020/21 |
| **Inkqubo enganeno: UCwangciso loKhenketho** | | | | | | | | |
| 1.1 | Inani lentsebenziswano zezicwangciso-buchule ezenziweyo | - | - | - | 1 | 1 | 1 | 1 |

### 12.3.6 Iithagethi zekota yowama-2018/19

| Isikhombisi senkqubo ekuqhutywe ngayo | | Ithuba lengxelo | Iithagethi zonyaka wama-2018/19 | Iithagethi zekota | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | | | | 1st | 2nd | 3rd | 4th |
| **Inkqubo enganeno: UCwangciso loKhenketho** | | | | | | | |
| 1.1 | Inani lentsebenziswano zezicwangciso-buchule ezenziweyo | Ngonyaka | 1 | - | - | - | 1 |

#### 12.3.7 Ulawulo loMngcipheko

| **Injongo yesiCwangciso soBuchule: Ukulungiselelanisa isicwangciso-buchule esinye sendawo yokhenketho yokufikela kunye nendlela esetyenziswayo yohanjiso, eyakuqinisekisa ulawulo olusebenzayo lorhwebo lwendawo yokufikela ngokumanyeneyo.** | |
|---|---|
| **Inkcazo yomngcipheko** | **IziCwangciso zoBuchule Zokuthomalalisa Umngcipheko** |
| Ukuphanza ukukhusela ukuvunyelwa nokuthotyelwa kwamahlakani arhulumente nawabucala ngenxa yokungabikho kokuqondana kunye neenjongo ezinokuchaphazela ngokungafanelekanga kuhanjiso lwesiCwangciso loKhenketho. | Ingxoxo zengqiqo ezibanjwa rhoqo kunye nezivumelwano ezisesikweni namahlakani nabeNtsebenziswano yoKhenketho yeNtshona Koloni, ukuqinisekisa ukufezekiswa kwezicwangciso ekuvunyelwene ngazo. |

### 12.4 Inkqubo enganeno 6.2: Uhlumo loKhenketho noPhuhliso

#### 12.4.1 Isimo soBume sokuPhumelelisa iNdlela yokuSebenza

Ukhulo loKhenketho noPhuhliso liyakuncedisa kwisiCwangciso soKhenketho lweNtshona Koloni ngokuphuhlisa nokulawula iNtshona Koloni njengendawo yokukhenketho kusenzelwa ukhuphiswano lwehlabathi oluphucukileyo. Ukuze indawo ibenokukhuphisana kwihlabathi kubalulekile ukuba imveliso enikwayo yohlukile kwaye yeyoqobelo nelilungileyo kwaye inikezele ngamava okhenketho akwinqanaba lwehlabathi nokwamava okhenketho.

Le ngingqi iyakwamkela indlela enqamlezayo neWesgro, neQela loKwenza Lula uShishino lwe DEDAT kunye neQela laMaphulo eziCwangciso ukuze kuhanjiswe ukuthathwa kwamanyathelo ekujoliswe kuwo ukuphucula ukuba nokufikelela apho kusingiswe khona kunye nomtsalane ngokunika inkxaso imityhi yeentengiso zorhwebo engundoqo, iimveliso kunyen maziko akhoyo kwindawo yokufikela.

Omnye wemiceli-mngeni echazwa yiProjekthi Khulisa zizimvo zabakhenkethi malunga nokhuseleko lwendawo yokufikela. Lo mba uyakulawula ezo zimvo zingaginyisi mathe aimalunga nokhuseleko kwindawo ekusingiswe kuyo nokudala ubume bendawo efanelekileyo nenenkathalo kubakhenkethi. Ukongeza, kuyakugqaliswa ekuphuculeni indlela yokuhamba ngokukhululekileyo kwabakhenkethi kwindawo abafike kuyo, ngokuqinisekisa ukuba akhona amaphawu afanelekileyo okubonisa indlela ngokubonakalayo.

#### 12.4.2 Iinjongo zesiCwangciso sobuchule

**ULawulo leeNdawo zokuFikela zoKhenketho: UkuHluma koKhenketho noPhuhliso**

| | |
|---|---|
| **Injongo yesiCwangciso sobuchule** | Ukunyusa umtsalane wommandla ngonikezelo wemveliso ekhuphisanayo kunye nokuphucula ukufikelela eKapa nemimandla. |
| **Inkcazo eneNjongo** | Ukuququzelela umtyhi wentengiso yokhenketho, iimveliso nenkxaso yezibonelelo ukuxhasa iindawo zokufikela. |
| **Isiseko** | 2016/17: Imityhi yeentengiso zokhenketho emi-2 exhasiweyo. |

#### 12.4.3 2016/17: Imityhi yeentengiso zokhenketho emi-2 exhasiweyo.

| Isikhombisi seSiphumo | Indlela ephicothiweyo/eyinyani ekuqhutywe ngayo | | | Indlela yokuqhuba eqikelelwayo | Iithagethi zekota ephakathi | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | 2014/15 | 2015/16 | 2016/17 | 2017/18 | 2018/19 | 2019/20 | 2020/21 |
| **Inkqubo enganeno: Uhlumo loKhenketho noPhuhliso** | | | | | | | |
| Inani lomtyhi weemarike zezokhenketho ezixhasiweyo | - | 1 | 2 | 2 | 2 | 2 | 2 |

### 12.4.4 Icebo lokuPhumeza

Njengempendulo ekuphumezeni amaphulo angundoqo oKhenketho lweKhulisa ali-13 njengenxalenye yendlela enqamlezayo esetyenziswa nguRhulumente weNtshona Koloni, le nkqutyana iyakuba noxanduva lokuququzelela impembelelo nophuhliso lwala maphulo mathandathu alandelayo kunyaka-mali-2017/18:

- Kukhuselwe indlela enye nentsha esinge eKapa kwiSikhululo seNqwelomoya saMazwe ngaMazwe.
- Kubekwe iNtshona Koloni njengeKomkhulu loMJikelezo ngeBhayisikile laseAfrika, ngokugqalisa ekukhuthshweni kwamaphawu anjengemiqondiso emiqondiso.
- Kwandiswe isithethe nenkcubeko yokhenketho ngokusetyenziswa kwendlela yorhwebo kulandelwa iNdlela yoKhenketho yeLifa likaMandela nokumiswa kwesikhumbuzo (umfanekiso oqingqiweyo) eCity Hall.
- Kwakhiwe kwaye kufezekiswe iinkqubo zokuphuculwa kwezinga lenkonzo.

Kuququzelelwe lemilinganiselo yokuthengisa ilandelayo ukunyusa umtsalane wamava omtyeleli wokhenketho kunyaka-mali wama-2017/18:

- Kulawulwe imibono emibi ngokujikeleze ukhuseleko lweendawo ngokubonelelwa kweentshukumo ezingaphambi neentshukumo eziphendula kubakhankethi abanoxinizelelo.
- Kuphuculwe intshukumo yabakhankethi kwindawo leyo, ngokuququzelela izicelo zemiboniso yendlela.
- Kunyuswe kwaye kwenziwe ukwaziswa kokhenketho ngokuphuhlisa kwabakhokheli babakhenkethi kwaye
- nokuqinisekisa ubhaliso nokuthobela imimiselo.

### 12.4.5 Isikhombisi sendlela ekuqhutywe ngayo neethagethi zonyaka wama-2018/19

| Isikhombisi senkqubo ekuqhutywe ngayo Isikhombisi sesiPhumo | | Indlela ephicothiweyo/eyinyani ekuqhutywe ngayo | | | Indlela yokuqhu-ba eq-ikelelwayo | Iithagethi zekota ephakathi | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | | 2014/15 | 2015/16 | 2016/17 | 2017/18 | 2018/19 | 2019/20 | 2020/21 |
| **Inkqubo enganeno: Uhlumo loKhenketho noPhuhliso** | | | | | | | | |
| 1.1 | Inani leemveliso zokhenketho ezixhasiweyo | 2 | 1 | 2 | 2 | 2 | 2 | 2 |
| 1.2 | Iinkonzo zeNkxaso yezoKhenketho: Inani lokhenketho olusunguliweyo/ ngabanye/ oxhasiweyo/ oncediweyo | 210 | 287 | 260 | 200 | 250 | 280 | 300 |
| 1.3 | Inani labaxhamli abathabatha inxaxheba kwinkqubo yempuculo lezinga lenkonzo | - | - | - | 150 | 200 | 250 | 300 |

### 12.4.6 Iithagethi zekota yowama-2018/19

| Isikhombisi senkqubo ekuqhutywe ngayo Isikhombisi sesiPhumo | | Ithuba lengxelo | Iithagethi zonyaka wama-2018/19 | Iithagethi zekota | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | | | | 1st | 2nd | 3rd | 4th |
| **Inkqubo enganeno: Uhlumo loKhenketho noPhuhliso** | | | | | | | |
| 1.1 | Inani leemveliso zokhenketho ezixhasiweyo | Ngonyaka | 2 | - | - | - | 2 |
| 1.2 | Iinkonzo zeNkxaso yoKhebketho: Inani lokhenketho olusunguliweyo/ abantu ngabodwa/ inkxaso/uncedo | Ngekota | 250 | 60 | 70 | 70 | 50 |
| 1.3 | Inani labaxhamli abathabatha inxaxheba kwiinkqubo zophuculo lezinga leNkonzo | Kabini ngonyaka | 200 | - | 150 | 50 | - |

### 12.4.7 Ulawulo loMngcipheko

| Injongo yesiCwangciso sobuchule: Ukunyusa umtsalane wommandla ngokunikeza imveliso yokhuphiswano nokuphucula ukufikelela kwiKapa nemimandla. | |
|---|---|
| **Inkcazo yomngcipheko** | **IziCwangciso zoBuchule Zokuthomalalisa Umngcipheko** |
| Ukusilela kokunikezelwa nokungaphuhliswa kweemveliso ezahlukeneyo eNtshona Koloni kungakhokelela ekubeni abakhenkethi bafumanise indawo engenamtsalane ungako. Ukuba nako kweNtshona Koloni ukungena kuphuphiswano njengendawo Yokhenketho yokufikela kwihlabathi ivalelwa:<br><br>• Yimimiselo ecetyiweyo yencwadi yeMvume yokungena kwelinye ilizwe.<br><br>• Isigrogriso kubakhenkethi ngokokhuseleko lwabo kwezempilo. | Ukuxhaswa komtyhi wentengiso ophambili wokhenketho kusetyenziswana neziko labucala kwanelikarhulumente ukwandisa unikezelo ngemveliso.<br><br>Kuya kuthathwa la manyathelo alandelayo okunciphisa umngcipheko:<br><br>• IYunithi Ukwenzelwa Lula kweQela loShishino ukubamba iingxoxo rhoqo neSebe likaZwelonke lemiCimbi yezeKhaya ngokubhekisele kwimimiselo yencwadi yemvume yokungena kwelinye ilizwe.<br><br>• Iindlela zamaziko ezisebenza ngaphambi nasemva ezithi zilawule imibono ngokhuseleko nokunceda ukwazisa ngokuqonda kwaye kubonelelwe impendulo ekhuthazayo kubakhenkethi abaseluxinzelelweni. |

## 12.5 Inkqubo enganeno 6.3: Inguqu yeCandelo loKhenketho

### 12.5.1 Isimo soBume sokuPhumelelisa iNdlela yokuSebenza

Iziko lokhokelo lokhenketho laseMzantsi Afrika lilawulwa ngoMthetho weZokhenketho kaZwelonke ukhenketho eMzantsi Afrika lilawulwa nguMthetho woKhenketho kaZwelonke 3 wama-2014 kunye noMmiselo ngokubhekiselele kwizikhokelo zokhenketho.vNjengoba kubekiwe kuMthetho 3 wama-2014 neMimiselo, UNobhala kaZwelonke nooNobhala bePhondo baBakhokeli boKhenketho banoxanduva.

Njengegqiza elilawulayo, kuyimfuneko ukuqinisekisa ukuba iziko lesikhokelo sokhenketho lihlala likhula rhoqo ukuhlangabezana neemfuneko zabakhenkethi abatyelela indawo yokufikela. Kubaluleke ngokulinganayo ukuxhobisa abakhokeli bokhenketho ngolwazi olufanelekileyo kunye nezakhono ukwandisa iinkonzo abazinikezelayo kwanokuchaza ngemiceli-mngeni efunyanwa liziko ngokubanzi.

Eli qela liyakuthi landise kwaye lincede ekudaleni ukuqonda ngesiveliso sokhenketho esifumanekayo ngokuphuhliswa nokumiselwa kwecandelwana lokhenketho elizinzileyo, nelihambelana nesigunyaziso sowiso-mthetho.

### 12.5.2 Iinjongo zesiCwangciso sobuchule

| | |
|---|---|
| **Injongo yesiCwangciso sobuchule** | Ukubhalisa nokumisela umthetho wezikwana lokukhokela abakhenkethi. |
| **Inkcazo eneNjongo** | Ukuqinisekisa iinkonzo zokhokelo lwabakhenkethi ngokufanelekileyo nangokusebenzayo. |
| **Isiseko** | Inkonzo yolawulo lwesikhokelo sokhenketho esisebenzayo nesifanelekileyo.<br>2015/16: 1 617 yabakhokeli bokhenketho ababhalisiweyo.<br>2015/16: 154 yabakhokeli bokhenketho ababhalisiweyo.<br>2015/16: 127 amashishini okhenketho ahloliweyo. |

### 12.5.3 ICebo lokuMilisela

Icandelwana lokukhokela ukhenketho elisisigxina nelexesha elide liqulathe abakhokeli bokhenketho ababhalisiweyo ngokusesikweni nabakwizinga eliphezulu nokhuphiswano lwabakhokeli bokhenketho. Ngokwenza amava akhumbuleke nangakumbi nangokunika iinkonzo zoqobo nexabiso lemali kubatyeleli ngexesha behleli ephondweni, abakhokeli bokhenketho base nokuba negalelo elikhulu ekubuyiseleni kwakhona abatyeleli.

UMabhalana wePhondo unoxanduva lokubhalisa kwaye ahlaziye isikhokelo sokhenketho eNtshona Koloni. Uvimba weenkcukacha wabakhokeli bokhenketho kukwafuneka, ngokoMthetho woKhenketho 3 wama-2014, bazigcine kwaye zipapashwe. Uvimba weenkcukacha zeNtshona Koloni ngokuhambelana noBhaliso loKhokelo loKhenketho luyinkqubo esetyenziswayo yokubhalisa nokwenziwa kwezikhokelo zokhenketho ezintsha. Ubhaliso lwezoKhokelo zoKhenketho kufuneka luhlaziywe kwaye lugcinwe ukulungiselela ukuncoma ubuchule bobugcisa bangoku obusetyenziswayo neemfuneko zokubopha amatyathanga kuvimba weenkcukacha zikazwelonke. Njengonxibelelwano oluthe ngqo olusuka kwi-webhusayithi kaRhulumente weNtshona Koloni kuBhaliso loKhokelo loKhenketho nokunceda abasebenzi bokhenketho nabathengi abanokuakho ukukhangela nokufumana izikhokelo zokhenketho ezibhalisiweyo.

Ukuze kunikwe ukusebenza koMthetho woKhenketho 3 wama-2014, iSebe liyakufezekisa inkqubo yokuhlola isikhokelo sokhenketho. Iinjongo zohlolo lwesikhokelo sokhenketho zezi:

- Ukunceda ukunqanda imisebenzi yokukhokela engekho semthethweni eNtshona Koloni:
- Ukwenza isaziso sokuqonda koluntu ngokubanzi nabatyeleli malunga nokusetyenziswa kwabakhokeli bokhenketho abaqeqeshiweyo.
- Ukwenza isaziso sokuqonda ngabakhokeli abangekho mthethweni kwakunye neziphumo zokukhokela ngokungekho mthethweni.
- Ukudala umfanekiso omhle weziko lokukhokela; kunye.
- Nokuba negalelo ekuqeqeshweni isigxina kwiziko lokukhokela ukhenketho.

### 12.5.4 Izijoliso zenjongo yesicwangciso buchule sonyaka wama-2018/19

| Isikhombisi senkqubo ekuqhutywe ngayo Isikhombisi sesiPhumo | | Indlela ephicothiweyo/eyinyani ekuqhutywe ngayo | | | Indlela yokuqhu-ba eq-ikelelwayo | Iithagethi zekota ephakathi | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | | 2014/15 | 2015/16 | 2016/17 | 2017/18 | 2018/19 | 2019/20 | 2020/21 |
| **nkqubo enganeno: Inguqu kwiCandelo loKhenketho (Imimiselo yoKhenketho)** | | | | | | | | |
| 1.1 | Inani lezikhokelo zokhenketho eziphuhlisiweyo | 512 | 154 | 308 | 52 | 50 | 50 | 50 |
| 1.2 | Inani labantu ngabodwa elibhalisiweyo (izikhokelo zolhenketho) | 1 666 | 1 617 | 1148 | 1 200 | 13 00 | 1 300 | 1 300 |
| 1.3 | Inani labantu ngabodwa/ amashishini anxulumene nokhenketho angonyelweyo okanye aqwalaselweyo (izikhokelo zokhenketho) | 1 044 | 127 | 124 | 100 | 130 | 130 | 130 |

#### 12.5.5 Iithagethi zekota yowama-2018/19

| Isikhombisi senkqubo ekuqhutywe ngayo Isikhombisi sesiPhumo | | Ithuba lengxelo | Iithagethi zonyaka wama-2018/19 | Iithagethi zekota | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | | | | 1st | 2nd | 3rd | 4th |
| **nkqubo enganeno: Inguqu kwiCandelo loKhenketho (Imimiselo yoKhenketho)** | | | | | | | |
| 1.1 | Inani labakhokeli babakhenkethi abavelisiweyo | Ngonyaka | 50 | - | - | - | 50 |
| 1.2 | Inani labantu ababhalisiweyo (abakhokeli babakhenkethi) | Ngekota | 1 300 | 200 | 400 | 400 | 300 |
| 1.3 | Inani labantu ngabodwa/ amashishini anxulumene nokhenketho ahloliweyo okanye aqwalaselweyo (abakhokeli babakhenkethi) | Ngekota | 130 | 20 | 30 | 50 | 30 |

#### 12.5.6 Ulawulo loMngcipheko

| Injongo yesiCwangciso sobuchule: Ukunyusa umtsalane wommandla ngokunikeza imveliso yokhuphiswano nokuphucula ukufikelela kwiKapa nemimandla. | |
|---|---|
| **Inkcazo yomngcipheko** | **IziCwangciso zoBuchule Zokuthomalalisa Umngcipheko** |
| Umngcipheko wodumo lwendawo ukuba kunikezelwe ngolwaz olungachanekanga lukhokelo olungekho mthethweni. | Ubuchule bemimiselo ngokuzimisela elungiselelwe ukuqinisekisa ngobhaliso lwabakhokeli babakhenkethi nokuqwalaselwa koshishino olukhokela abakhenkethi kunye nokuxhobisa ngezakhono abakhokeli bokhenketho abakhoyo. |

### 12.6 INkqubo eNganeno 6.4: Intengiso yeNdawo yokuFikela yoKhenketho

#### 12.6.1 Isimo soBume sokuPhumelelisa iNdlela yokuSebenza

Intengiso yoRhwebo lweNdawo yokuFikela yoKhenketho lweKhulisa eNtshona Koloni iyakuba negalelo kwisiCwangciso sophuhliso, ulawulo nokufezekiswa kwamaphulo entengiso yorhwebo lwabathengi namashishini. La maphulo ayakuthi abenegalelo ekwandiseni ukuqonda, umtsalalane nokufikelela kwindawo ekusingiswe kuyo.

Ukuphunyezwa ngendlela enqamlezileyo kwiSebe, kummandla nengingqi nakwii-ofisi zokhenketho kunye neziko labucala ukuthatha amanyathelo alungiselelwe ukuphucula ukuqonda nokufikelela kwindawo yokufikela. Eminye yemiceli-mngeni yequmrhu kukufumana inkxaso-mali engumlinganiselo ekukhuphisaneni nomyinge wehlabathi, ngokumalunga neempembelelo zentengiso yorhwebo.

**Isigunyaziso sowiso-mthetho**

Umyalelo ocwangcisiweyo kaRhulumente weNtshona Koloni ubonelela ukuba amandla esicwangciso se-Wesgro (Uludwe nkqubo 3 lwequmrhu likarhulumente), njengoba kubonelelwe kuTyalo-mali lweNtshona Koloni kunye noMthetho wokukhuthaza iArhernte, 1996 (uMthetho 3 ka1996) ngokuhlonyelweyo), kuquka:

- Ukuxhobisa ukhenketho, urhwebo kunye noncedo ngentegiso yotyalo-mali mali kwakunye nobuchule okanye
- icebiso elikhethekileyo, ulwazi nesikhokelo kulo naluphi na ushishino, inkampani okanye umntu onxulumene nayo ocelayo kwi-Arhente okanye onokunceda i-Arhente ekuphumezeni iinjongo zayo.
- Ukusebenza njenge arhente yokhenketho, urhwebo nokhuthazo lotyalo-mali kwiPhondo kunye noququzelelo lwemisebenzi kunye nolungelelwaniso lwendawo yentengiso eNtshona Koloni.
- Ukuphuhlisa, ukufezekisa nokukhuthaza ukhenketho lwephondo, urhwebo kunye nesicwangciso sentengiso kwaye kufezekiswe nayiphina iprojekthi ethi ibonise ukukhula koqoqosho eNtshona Koloni.

**Isigunyaziso sesicwangciso sobuchule:**

Isigunyaziso sesicwangciso sikaRhulumente weNtshona Koloni ubonelela ukuba i-Wesgro:

- Ukhokelo lwentengiso ngendawo yokhenketho kunye nokukhuthaza iKapa neNtshona Koloni.
- Kuqinisekiswe ukuba ezinto ezibekwe phambili zinikeziwe kumaphula achongiweyo luKhenketho lweProjekthi iKhulisa.

### 12.6.2 Iinjongo zesiCwangciso sobuchule

**Intengiso yeNdawo yokuFikela yoKhenketho**

| | |
|---|---|
| **Injongo yesiCwangciso sobuchule** | Ukunika uncedo lwezixhobo zokhenketho, ukukhuthaza urhwebo notyalo-mali Lwequmrhu likarhulumente ukuze libenako ukukhuthaza uhanjiso lowiso-mithetho urhwebo notyalo-mali. |
| **Inkcazo eneNjongo** | Uqikelelo lwexabiso loqoqosho lilonke lwamaphulo entengiso yeendawo zokhenketho axhasiweyo ngowama-31 Matshi 2020. |
| **Isiseko** | Itotali yamaphulo entengiso yeendawo zokufikela zokhenketho ezili-14 yaxhaswa ngoqikelelo loqoqoshho lwexabiso lama-R428, 3m ngonyaka-mali wama-2016/17. |

### 12.6.3 Injongo yesiCwangciso soBuchule seethagethi zonyaka wama-2018/19

| Isikhombisi seSiphumo | Indlela ephicothiweyo/eyinyani ekuqhutywe ngayo | | | Indlela yokuqhuba eqikelel-wayo | Iithagethi zekota ephakathi | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | 2014/15 | 2015/16 | 2016/17 | 2017/18 | 2018/19 | 2019/20 | 2020/21 |
| **Inkqubo enganeno: Intengiso yeNdawo yoKhenketho** | | | | | | | |
| Uqikelelo lwetotali yexabiso loqoqosho leendawo zokhenketho lamaphulo entengiso axhasiweyo | - | - | R162m | R156m | R171.6m | R188.7m | - |

### 12.6.4 Icebo lokuPhumeza

Njengempendulo kwiProject Khulisa kwaye nonxibelelwano kwindima yayo ngokwentengiso yendawo zokhenketho kunye nokukhuthaza, i-Wesgro iyakuthi ibenoxanduva yokufezekisa la maphulo angunqoqo alandelayo kunyaka-mali wama-2017/18:

- Ukwenziwa kweempembelelo zokukhuthaza ukwaziwa njengoluqalise ukhuphiswano olutsha kulo lonke urhwebo olungundoqo ngokwemijelo yamanani nesithethe.
- Izicwangciso-buchule zokukhula nentsebenziswano kwiimarike zorhwebo ezingundoqo ukunyusa amanani abatyeleli.
- Ulawulo lwamanani nokufumaneka kweenkcukacha ezigciniweyo kunye nengqiqo yezorhwebo, ezifumaneka kwidashboard.
- Ukukhulisa ushishino lokhenketho.
- Ulawulo lwabaxhamli kunye ne-CRM.
- Ukuphucula ukufikelela ngqo kwezomoya usingise eKapa ngenxa yeQela lokuFikeleleka kwezoMoya.
- Ukukhokelwa kweendibano zocweyo jikelele ngokweembono zokuzikhethela uthutho lommandla.
- Impembelelo kaCross Cape ekunikeni uncedo lokumiselwa kwendwo yokufikela njenge Trail Capital yaseAfrika.
- Ukukhuthazwa kwempembelelo yokhenketho lweNzululwazi ngokuLungisa uKutya.
- Kwandiswe isithethe nenkcubeko yokhenketho ngokusetyenziswa kwendlela yorhwebo kulandelwa umzila kaMandela.
- Ukwenziwa kwentengiso yorhwebo yeKapa Lodumo kwihlabathi liphela nokuxhasa iziganeko zengingqi nezommandla.
- Kufezekiswe iinkqubo zokuphuculwa kwezinga lenkonzo kunye nokwenziwa koMkhankaso wabemi othi “ukhenketho luzuzisa mna”ngokuhambelana nenkqubo yomgangatho wokuphucula inkonzo.
- Ukuze uniko maxabiso lwamadoda lubenokhuphiswano ngakumbi, iConvention Bereau iyakusebenzisa imali yenkxaso ukuqhuba icebiso elomeleleyo lexabiso leNtshona Koloni nokwandisa imisitho yezishishino.

### 12.6.5 Isikhombisi sendlela ekuqhutywe ngayo neethagethi zonyaka wama-2018/19

| Isikhombisi senkqubo ekuqhutywe ngayo (Isikhombisi sesiPhumo) | | Indlela ephicothiweyo/eyinyani ekuqhutywe ngayo | | | Indlela yokuqhu-ba eq-ikelelwayo | Iithagethi zekota ephakathi | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | | 2014/15 | 2015/16 | 2016/17 | 2017/18 | 2018/19 | 2019/20 | 2020/21 |
| **Inkqubo enganeno: Intengiso yeNdawo yoKhenketho** | | | | | | | | |
| 1.1 | Inani lamaphulo entengiso yeendawo zokhenketho axhasiweyo | - | - | 14 | 13 | 13 | 13 | 13 |

### 12.6.6 Isikhombisi senkqubo ekuqhutywe ngayo

| Isikhombisi senkqubo ekuqhutywe ngayo | | Ithuba lengxelo | Iithagethi zonyaka wama-2018/19 | Iithagethi zekota | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | | | | 1st | 2nd | 3rd | 4th |
| **Inkqubo enganeno: Intengiso yeNdawo yoKhenketho** | | | | | | | |
| 1.1 | Inani lamaphulo entengiso yeendawo zokhenketho axhasiweyo | Ngonyaka | 13 | - | - | - | 13 |

### 12.6.7 Ulawulo loMngcipheko

| **Injongo yesiCwangciso sobuchule: Ukubonelela ngezixhobo kukhenketho, urhwebo kunye nokukhuthaza utyalo mali kwizinto ezikhoyo zikarhulumente ukuvumela kuhanjiswe ngokowiso-mithetho kunye nomyalelo wobuchule wokukhuthaza ukhenketho.** | |
|---|---|
| **Inkcazo yomngcipheko** | **IziCwangciso zoBuchule Zokuthomalalisa Umngcipheko** |
| Ukuphanza ukubonelela ngobuchule bokukhokela nezixhobo ezifunekayo, ezinokhokelela ekungamanyanisweni kwesicwangciso nohanjiso kwizicwangciso ezibekwa phambili zeWCG. | Umkhombandlela wobuchule onikwa liGunya eliLawulayo, Igosa loBalo kunye nabaPhathi abaKhulu beSebe abafanelekileyo. Izixhobo ezifunekayo kwavunyelwana ngazo phakathi kweBhodi, CEO neGosa leGunya loLawulo le-Wesgro kunye nabaseMagunyeni boLawulo, iGosa loBalo kunye nabaPhathi abaKhulu abafanelekileyo. |
| Ukuphanza ukuqinisekisa ngokusebenzayo nokujonga ukuba imali eyabelweyo isetyenziswa ngokwesivumelwano sotshintshiswano ntlawulo, okunokukhokelela ekungahanjisweni kwezinto ebezimiselwe kwangaphambili kunye neziphumo | Ukuphuculwa kwentsebenziswano nothetha-thethwano phakathi kweSebe ne-Wesgro ukuqwalasela inkqubela-phambili ngokubanjwa kweentlanganiso ngekota nokufumaneka kweengxelo (kuquka nee-akhawunti zolawulo). Ukuhlaziya rhoqo ngenyanga kwezicwangciso zokusebenza |

### 12.7 Ukuhlanganiswa kweethagethi zendlela ekuqhutywe ngayo noHlahlo-mali kunye neMTEF

### 12.7.1 Uqikelelo lweNkcitho-mali

| Inkqubo enganeno | Ephicothiweyo | | | Ulwabiwo olungundoqo | Ulwabiwo olulungelanisiweyo | Uqikelelo oluqwalaselweyo kwakhona | Inkcitho-mali yekota ephakathi | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| R'000 | 2014/15 | 2015/16 | 2016/17 | 2017/18 | 2017/18 | 2017/18 | 2018/19 | 2019/20 | 2020/21 |
| 1. Ucwangciso lokhenketho | 4 198 | 1 410 | | 1 | 1 | 1 | 1 | 1 | 1 |
| 2. Uhlumo noPhuhliso loqoqosho | 12 341 | 9 915 | 12 017 | 13 828 | 16 282 | 16 282 | 13 104 | 13 516 | 14 467 |
| 3. Inguqu kwiCandelo loKhenketho | | | | 1 | 1 | 1 | 1 | 1 | 1 |
| 4. Imibutho yeNtengiso yeNdawo | 22 000 | 28 300 | 37 324 | 42 676 | 40 676 | 40 676 | 41 676 | 44 010 | 46 430 |
| 5. Ubugcisa noLonwabo | 6 560 | 257 | | | | | | | |
| **Itotali yeentlawulo noqikelelo** | **45 099** | **39 882** | **49 341** | **56 506** | **56 960** | **56 960** | **54 782** | **57 528** | **60 899** |
| **Uhlelo loQoqosho R'000** | | | | | | | | | |
| **Iintlawulo zangoku** | **16 361** | **11 021** | **9 173** | **13 773** | **14 759** | **14 759** | **13 106** | **13 518** | **14 469** |
| Imbuyekezo yabasebenzi | 12 706 | 9 594 | 7 261 | 8 287 | 7 278 | 7 278 | 8 164 | 8 828 | 9 520 |
| Iimpahla kunye neenkonzo | 3 655 | 1 427 | 1 912 | 5 486 | 7 481 | 7 481 | 4 942 | 4 690 | 4 949 |
| Inzala nerhafu yomhlaba | | | | | | | | | |
| **Utshintshiselwa neenkxaso** | **28 600** | **28 312** | **40 089** | **42 676** | **42 176** | **42 176** | **41 676** | **44 010** | **46 430** |
| Amaphondo noomasipala | | | | | 1 500 | 1 500 | | | |
| Iiarhente neeakhawunti zeSebe | 24 500 | 28 300 | 39 974 | 42 676 | 40 676 | 40 676 | 41 676 | 44 010 | 46 430 |
| Iidyunivesithi neeteknikhoni | | | | | | | | | |
| Oorhulumente bangaphandle nemibutho yamazwe ngamazwe | | | | | | | | | |
| Amashishini karhulumente namashishini abucala | | | | | | | | | |
| Amaziko angenzi ngeniso | 3 500 | | | | | | | | |
| Ezamakhaya | 600 | 12 | 115 | | | | | | |
| **Utshintshiselwano kunye neenkxaso kwiNkunzi** | | | | | | | | | |
| Inzala kunye nomrhumo womhlaba | | | | | | | | | |
| **IAkhawunti kaRhulumente yoRhwebo lweMoto** | **123** | **549** | **76** | **57** | **20** | **20** | | | |
| Izakhiwo nezinye izakhiwo ezimiselweyo | | | | | | | | | |
| Iimatshini nezixhobo | 123 | 547 | 75 | 57 | 20 | 20 | | | |
| Iiasethi zamafa | | | | | | | | | |
| Iiasethi zeengcali zomkhosi | | | | | | | | | |
| Iiasethi zezebhayoloji | | | | | | | | | |
| Iiasethi zomhlaba nezomhlaba ongaphantsi | | | | | | | | | |
| Isoftiwe nezinya iiasethi ezingabambekiyo | | 2 | 1 | | | | | | |
| **Iintlawulo zeeasethi eziphambili** | **15** | | **3** | | **5** | **5** | | | |
| **Itotali yohlelo loqoqosho** | **45 099** | **39 882** | **49 341** | **56 506** | **56 960** | **56 960** | **54 782** | **57 528** | **60 899** |

## ISIGABA C: UNXULUMANO NEZINYE IZICWANGCISO

### 13.1 Injongo

Ukuququzelela kokubonelelwa kwamandla omntu nongeniso olutsha lwezakhono ukuze kuhanjiswe kwizidingo zoPhuhliso lweziXhobo zoQoqosho lwezabasebenzi eNtshona Koloni.

### 13.2 Ulwakhiwo lwenkqubo

Inkqubo yokhiwe ngoku hlobo:

- **Inkqubo enganeno 7.1: Izakhono zePhondo kunye neNtsebenziswano**
  Ukukhuthaza ulawulo, intsebenziswano nobambiswano ukwandisa ufikelelo kwiinkqubo kuquka uqeqesho lomsebenzi nge21st Century okanye A21.
  Ukwenza intsebenzo-mtshini ukwenzela ulawulo lolwazi lwezakhono nedatha
- **Inkqubo enganeno 7.2: Iinkqubo zeZakhono kunye neeProjekthi**
  Ukuququzelela/ukuxhasa ulutsha olungenamisebenzi noluphantsi kwengqesho ukuba lufikelele kwimisebenzi
- **Inkqubo enganeno 7.3: Izibonelelo zeZakhono**
  Ukuququzelela ukuqeshwa ngokwezidingo zomsebenzi kwaye namathuba okufumana inkxaso-mali ukuze abantu abatsha bafumane amavaokusebenza.

### 13.3 Isimo soBume sokuPhumelelisa iNdlela yokuSebenza

INkqubo uokuPhuhliswa kweZakhono itsalela kakhulu kulwazi nakuQeqesho lomsebenzi weGame Changer oluvunyelwe nguRhulumente weNtshona Koloni ngoAgasti 2016. Inika isiseko senzame zokuphembelela uhlumo loqoqosho kummandla nokwandisa inani labantu abanezakhono abakhoyo kuqoqosho, kwingqesho kwanabo banokhuphiswano ngamandla kuqoqosho lwethu olusebenzayo.

Amava amazwe aphesheya abonise ukuba imfundo elungileyo kunye nesiseko sezakhono zizikhombisi ezikhokelayo kwintlalo nakuphakanyiso loqoqosho kuluntu. Iingxakana ezivelayo ngoko ke ziyaqatshelwa eMzantsi Afrika apho ezi ngxaka zithathwa njengezikumanqanaba aphezulu entswela ngqesho yaye esembindini kulutsha, apho ukungabikho kwengqesho kulutsha kungaphezulu nangakumbi kunalo naluphina uqoqosho oluvelayo.

IsiCwangciso soPhuhliso lukaZwelonke siyile iKomishoni yoCwangciso lukaZwelonke (2012; 98), eqaphela ukuba uMzantsi Afrika unamanani aphezulu kakhulu olutsha nokubonisa ithuba elihle lokuhluma koqoqosho xa amathuba amahle engqesho evela kodwa, kukwaveza nokungazinzi ukunokuba khona xa loo mathuba engekho.

Ngokwahlukileyo kwizizukulwana apho ulutsha luchazwa njengolunamanqanaba aphantsi ezakhono kwanokungabinamava, nekwayinto eyaziwa njengoyena nobangela uphambili wengqesho engekhoyo kulutsha; kwandile ukuba amanani amakhulu olutsha olunezifundo zezidanga bangabinako ukufumana umsebenzi.

Ukongeza, amava ngokwaphesheya kukuba xa ulutsha lushiya imeko yemfundo esesikweni, bathathwa ngamashishini “njengaba ngakulungelanga ukusebenza”.

Oku kufana twatse nesimo esiseMzantsi Afrika apho sinamazinga aphezulu kakhulu olutsha olungenamisebenzi kwanokunqongophala kwabantu abakhangela imisebenzi abanezakhono ezibalulekileyo ezifunekayo.

Ukuthatha amathuba ukuphucula ingqesho nokubanegalelo kuqoqosho nakuluntu, kubalulekile ukuxhasa iinzame eziqhubekekayo ukuphucula iinzame zamanani abaninizabelo, kuquka urhulumente wabantu bonke, ishishini, uluntu labasebenzi ukuququzelela nokucwangcisa ngcono ukuzisa amangenelelo ophuhliso lwezakhono.

Ukwazisa ulwazi-nkqubo yoQeqesho loMsebenzi iGame Changer lichonge uphuhliso okanye ubonelelo lwabantu ngobugcisa obufanelekileyo kunye nezakhono zengqesho ngokwemfuno zamashishini, njengeyona nto ibalulekileyo ivumela uhlumo kuqoqosho nasekudaleni imisebenzi. Uqeqesho lomsebenzi iGame Changer liphulo elijolise ekufundeni amava kwindawo yokusebenza neyakuthi iphucule ukubanako ukusebenza kakuhle kwabafundi abaneempepha zalo msebenzi.

Enye yeempawu zeAGC kukuba ijolise ekulungelelaniseni Amandla kunye nezixhobo zabaninizabelo ngakwiinjongo ezifanayo eziquka ukuphucula ukubanako ukuqasheka phakathi kwezinye, kwabo baqalayo ukufuna umsebenzi.

Iinzame zophuhlisho olude lwezakhono ezicetywayo zezo zijolise ekujonganeni nemiba efuna isikolo – namangenelelo enqanaba lekholeji neziyakuthi ngokuhamba kwexesha zifakwe kwisistim yezemfundo. Kuquka: ukuphucula izinga lokupasa izifundo zezibalo nezenzululazi; ukwazisa ngekharityhulam nokufundisa ngezifundo

ezinokufundelwa yaye kwezinye iindawo ngezakhono ezinqabileyo namathuba engqesho anxulumeneyo; ukutshintsha indlela yokucinga ngobugcisa kunye nezifundo nezakhono ezifuneka ngamandla; ukujongana nemiba yokubonelela ngenkxaso-mali kumathuba okufunda nokufunda okusekelwe kwindawo yokusebenza.

Uqeqesho iGame Changer kwingqiqo yayo yokuqala yeengqiqo ezintlanu igxile kumacadelo oqoqosho abaluliweyo amathathu angala: iOyile neGesi; uKhenketho noLwamkelo; uKroliso lezoLimo kunye nabavumeli abafana naMandla kunye nobuGcisa boLwazi loNxibelelwano.

Uqeqesho Imsebenzi iGame Changer igxile ekuchongeni iindawo ezibalulekileyo kumacandelo apho kukho imfuneko ephezulu kodwa, unikezo lwezakhono ezizino akukho, yaye icebisa isicwangciso-buchule sokujongana nolu nqongophalo.

I-AGC ngesishwankathelo sisicwangciso-buchule esijolise ekuthomalaliseni imingcipheko izakhono ezifunileyo ukuphumeza iithagethi zebhongo zeProjekthi iKhulisa, ayisosithintelo kuhlumo loqoqosho nakwimisebenzi.

Uthabatho ncaxheba labaqeshi ukuphumeza le njongo yokuqinisekisa ukuba uqeqesho lomsebenzi kwiindawo ezifanelekileyo zenzeka ngokukuko, abantu abatsha abalungele umsebenzi ngundoqo kwimpumelelo yoQeqesho lomsebenzi iGame Changer.

Okusembindini kweli cebo ziimfuno zomqeshi (ezikhokelwa yimfuno), nekholelwa ukuba iyakudala ibhulorho eyakuvumela abafundi bakwazi ukusuka kumaziko emfundo baye kwindawo yokusebenza njengabaqeqeshelwa umsebenzi ngamanani awandayo.

Ukugcinwa kobuqabane bentsebenziswano obuzinzileyo kunye noququzelo phakathi kwabaninizabelo (nanjengoko kudandalazisiwe kwiiForam zeNgcebiso zobuGcisa beCandelo loQoqosho kumacandelo amahlabu) kusemqoka nanjengoko oku kwakubandakanya intsebenziswano kwinani labangaphambili, kuquka ukuqondisisana nokuvumelana ngeenjongo nokwabelana ngedatha nolwazi kubulunga bekharityhulam, ubungcali kubugcisa nolungelelwaniso, amathuba okufakwa, amangenelelo okulungela umsebenzi namalungiselelo enkxaso ngemali.

Ithagethi yokunikeza kwindawo yokusebenza kwabo bafundi abagqiba ukufinda kwabo okusekelwe kwindawo yokusebenza nyaka ngamnye nabangena kwimarike yomsebenzi njengabasebenzi abanako ukusebenza.

Abanye baba bafundi bakwiinkqubo zoqeqesho lomsebenzi kodwa uninzi lwabo bakwiinkqubo zomsebenzi nezezakhono, kwiinkqubo zokufundela umsebenzi iileranership neeinternship.

Ekuqaleni kowama-2017/18 idatha ibonise ukuba i-15 647 labafundi baluhqiba uqeqesho lwabo olusekelwe kwindawo yokusebenza apho abangama-3 501 bathi bafunyaniswa bengabasebenzi abafanelekileyo kumacandelo aphambili ePhondweni.

Injongo kukwandisa ela nani liye kwi-11 037 ngoMatshi 2019 kodwa ngokugxila ekuphuculeni inani labafundi abangabasebenzi abadingekayo kumacandelo aphambili kuqoqosho lwePhondo.

Ithagethi enyukileyo yabafundi abongezelelekileyo kwindawo yokusebenza kwithuba legame changer li-11 037 labasebenzi abafanelekileyo.

Uninzi lwezi ndawo zisisiseko sabafundi zakube ziziqalile iinkqubo zazo zokufunda ngaphambi kokuba iACG iqale ngoApreli 2016 kwaye impumelelo yethagethi egqityiweyo iyakuxhomekeka kubukhulu ekuphuculeni isistim ukuvumela abafundi ukuba bagqibe ngempumelelo iinkqubo zabo. Nangona kunjalo, ukuqinisekisa ukukhula kwabafundi abasezayo kwiindawo zokusebenza ezifunekayo, iACG inogxilo olungundoqo kunye nekhampeyini ukukhuthaza nokuxhasa abaqeshi ukuba bathathe abafundi kwiinkqubo zokufunda ngomsebenzi kwindawo yomsebenzi kwithuba leACG elikhokelela kuMatshi 2019.

Ngokucacileyo, iGame Changer ijolise ekuqhubekekeni isandisa elona nani labafundi abangena kwiinkqubo zangoku zokuqeqeshwa emsebenzini kwe21st century ukuxhasa inkqubo yobuNgcali kwiZiko likaZwelonke, elikhokelwa liSebe leMfundo ePhakamileyo noQeqesho.

### 13.4 Inkqubo enganeno: Izakhono zePhondo neNtsebenziswano ngobuQabane

#### 13.4.1 Isimo soBume sokuPhumelelisa iNdlela yokuSebenza

Ulungelelaniso lomninizabelo yenye yeendima ezibaluleke kakhulu kwiNkqubo yoPhuhliso lweZakhono. Kuyimfuneko ukuququzelela intsebenziswano yobuqabane obufanelekileyo ngokuqwalasela iiprojekthi zezakhono ezingundoqo yaye kwakufuna ulawulo oluqhubekekayo nokugcinwa konxulumano. Oku kwakuququzelelwa ngeeforam esele zikhona nophuhliso lwee-e-platforms ukuze kubekho ufikelelo olumandla.

Oku kwakuthetha ukuphuhlisa, ukumilisela nokuxhasa ngemali iinkqubo ezixhasa uphuhliso lwezakhono olucetywayo. Ezikwafunekayo ziinzame zentsebenziswano ndawonye: zophuhliso lwezakhono ngabaninizabelo, amaziko aqeqeshayo; ababoneleli ngeenkonzo abanikeza uqeqesho kunye nabafundisi namashishini ukuvala umtyhi phakathi kokunika nenmfuno yezakhono yaye kwiimeko ezithile inkxaso engaphaya yophuhliso lwezakhowo esele zikhona nokukhuthaza intsebenziswano yobuqabane kuRhulumente/naBucala kwiinzame zokusebenzisa izixhobo zangoku ezisebenza ngokufanelekileyo.

Ishishini libonise ukuba lidinga abafundi "abakwizinga lobulunga" abazuza okungenani ama-50 eepesenti kwizibalo yaye bazuze iziphumo ezifanayo nakwezeNzululwazi noLwimi. Le yimfuneko esisiseko abaqeshi abanayo kubafundi ukuze bangene kwindawo yokusebenza njengabantu abazokufundela umsebenzi. Ukunyusa inani labafundi abasezingeni lobulunga obububo abanomdla kwiindawo zobugcisa, inani lezicwangciso-buchule zizakulandelwa:

Imfuneko yokuqala kukwandisa igquba labafundi lilonke ngaphezulu kwama-50% kwizibalo nto leyo ethetha ukuthi kuzakufuneka sifumane abanye abafundi kwindawo yokusebenzela yezakhono zobugcisa kunye nemisebenzi. Ilungelo eliphambili lokufumana abafundi abatsha ziikholeji ze-TVET neziphantsi kolawulo lweSebe leMfundo ePhakamileyo kunye noQeqesho (DHET) kunye nezikolo zobugcisa zamabanga aphezulu, ezenzululwazi, izibalo kunye nobuchwepheshe kwiSebe leZemfundo laseNtshona Koloni (WCED's) kuZwelonke kwanezikolo zobugcisa nezemfudno ephakamileyo ezinika uqeqesho lwezifundo zomsebenzi wobugcisa.

Imfuneko yesibini kukwandisa isiqingatha sabafundi abakweli qela nabanqwenela ukufumana izakhono zobugcisa nemisebenzi ukuze bafakwe kunye nabaqeshwa kuqesho njengomfundi/ukufundiswa ubuchule bomsebenzi othile.

IGame Changer ijolise kwiikhampasi zeeKholeji zeMfundo yoMsebenzi woBugcisa kunye noQeqesho kunye nezikolo zeSebe leZemfundo eNtshona Koloni.

Le nkqubo inganeno ijolise ekukhuthazeni ulungelelaniso, intsebenziswano yobuqabane kunye nobambiswano ukwenzela ufikelelo olwandisiweyo kwiinkqubo ngqo zomsebenzi ezixhasa izakhono zecandelo iProjekthi iKhulisa ezidingayo. Ngenxa yezakhono ezihlala zitshintsha njalo kuKhenketho, kuKroliso leZolimo, kwiOyile neGesi nakumacandelo eICT, inzame elungelelanisiweyo iyafuneka ngenkqubo enganeno nala macandelo ukuchonga lkamva kwanokwandisa ngokubanzi izakhono zangoku ezisekiweyo eziyakuqinisekisa ukuba abantu bayaqesheka.

Le nkqubo inganeno ikwayiprojekthi ekhokelela kuQeqesho lomsebenzi iGame Changer enombono wokunika "abantu abanezakhono ezifunekayo, ezibalulekileyo, ezifanelekileyo zobugcisa ukuba bahlangabezane neemfuno eziphambili zohlumo loqoqosho kwiindawo zeNtshona Koloni," ngezi njongo zesicwangciso sobuchule sephondo:

- Ukwandisa unikezo lwemfundo eyakuhlangabezana neemfuno zomqeshi ukwenzela abafundi abasezinge lobulunga ukuba banikwe isivumelwano sengqesho kwindawo yokusebenza ngokusekelwe kwiinkqubo ezifana noqeqesho emsebenzini kwindawo yokusebenza okanye ilearnership kumacandelo aphambili oqoqosho.
- Abantu abancinci badinga ukwaziswa ngemisebenzi emininzi yobugcisa nefunekayo ekhoyo kubo namathuba emfundo ayinikezayo.
- Igame changer ikwafuna ukunceda ukujongana neengcinga ezibheke ecaleni zokuba ukufundela ukuba ligcisa kuthetha umsebenzi "weeovaroli ezimdaka", okusesona sizathu sokuna urhulumente wephondo aqhube iikhampeyini ezingundoqo ezikolweni ukutshintsha le ngcinga nokuzuza isiphumo sethu sokuqala.
- Ukwandisa ichibi labafundi abafumanekayo kuqoqosho, iACG ikwagxile ezikolweni apho abafundi abafumana phakathi kwama-40% nama-49% kwizibalo bakuchongwa yaye banikwe inkxaso yezemfundo ingakumbi ekwenzeni i-eLearning njengento ephambili ukubafundisa izibalo.

### 13.4.2 Injongo yesiCwangciso sobuchule

IProjekthi iKhulisa ichonge inani lamacandelo anokukhula ngokukhawuleza nanako ukuthatha inani elikhulu labantu abangenamisebenzi. La macandelo aquka: uKhenketho, uLungiso lweNqanawa kuny noKroliso lweZolimo. Ngenani lamangenelo aquka uPhuhliso lweZakhono kuma macandelo avumelayo afana neICT kunye naMandla; kulindeleke ukuba ama-260 00 amathuba emisebenzi azakudaleka.

Ingenelelo elijolisiweyo ngokwazisa uQeqesho lomsebenzi iGame Changer ithe yashenxisa ugxilo lwayo ukuqwalasela izakhono ezifunekayo ukungena kwizakhono zobugcina nezifunekayo. Ukujongana neTVET kwakukhokelela kubasebenzi abaninzi abanezakhono ezifunekayo ukuba bangene bagqobhoze kwimarike yengqesho.

| Injongo yesiCwangciso sobuchule | Ukuzimanya nokuququzelela ukuzibophelela kwabaqeshi ekuthabatheni inxaxheba kuQeqesho lomsebenzi iGame Changer |
|---|---|
| Injongo yeNkcazo | Ukwandisa inani labaqeshi abathatha abantu abancinci kwiinkqubo zokufunda ngomsebenzi endaweni yomsebenzi kuquka uqeqesho, ilearnership neinternship kwiindawo zemisebenzi ezifunwa ngamacandelo aphambili eNtshona Kolono. |
| Isiseko | 3 795 |
| Ubulungisa | Inani labaninizabelo linegalelo kuphuhliso lwezakhono olusetywayo. Kodwa ke, iinzame azilungelelaniswanga ncamashi okukhokelela kwintlaninge yeenzame eziphela esithubeni. |
| Unxulumano | Ukulungelelanisa isicwangciso sabaninizabelo, umiliselo ingakumbi, nanjengoko kunxulumene namaCandelo, amalungu awo kunye neeKholeji zeTVET |

### 13.4.3 Injongo yesiCwangciso soBuchule seethagethi zonyaka wama-2018/19

| Isikhombisi seSiphumo | Indlela ephicothiweyo / eyinyani ekuqhutywe ngayo | | | Indlela yokuqhuba eqikelel-wayo | Iithagethi zekota ephakathi | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | 2014/15 | 2015/16 | 2016/17 | 2017/18 | 2018/19 | 2019/20 | 2020/21 |
| **Inkqubo enganeno: Izakhono zePhondo nentsebenziswano ngoBuqabane** | | | | | | | |
| Inani labaqeshi abaxhasa uQeqesho lomsebenzi iGame Changer | - | - | - | | 70 | 80 | 90 |

### 13.4.4 Icebo lokuPhumeza

Ukhuthazo lolungelelaniso, intsebenziswano ngobuqabane nobambiswano lofikelelo olwandisiweyo lwemisebenzi kwiinkqubo ezithe ngqo iyakuqinisekisa ukunikeza izakhono zokuxhasa izakhono icandelo iProjekthi iKhulisa ezidingayo ngokugxila ekuchongeni ezithambileyo, izakhono ezinxulumene nobugcisa nezifunekayo ezihambelana nemfuno yeshishini enjongo yayo ikukwandisa ukulunga nobungakanani babantu abaqeshekayo kwiPhondo.

Inkqubo enganeno izakulungelelanisa iinzame ngokuxhasa iiNkqubo zeCandelo kwiSebe nabaninizabelo abangundoqo abachongiweyo kumacandelo eProjekthi iKhulisa ukuqhuba uhlalutyo lwezakhono olubonisa isistim yezakhono ukuchonga bonke abaninizabelo abafanelekileyo, ukuphuhlisa izakhono ezicetywayo ebonisa ukutshintsha oko kwezakhono ezisekiweyo nezinga lobufutshane nobuphakathi kwezakhono ezifunekayo ixesha elide ukuxhasa amacandelo akhulayo namacandelo anqamlezileyo aphenjelelwe lolu chongo lwezakhono. Isiphumo esinqwenelekayo kukuba uhlalutyo lwezakhono lakwenza amangenelelo ezakhono agqwesileyo, abadlali-ndima kunye nenkxaso efunekayo ukunika abantu izakhono ukuze babenako ukuqasheka kumacandelo afanelekileyo.

Injongo kukuba amangenelelo ezakhono achongwe ngohlalutyo lwezakhono agxile kwizakhono ezithambileyo zobugcisa ezifunekayo ezichongwe ngabaqeshi eziyimfuneko. Ezi ndawo kugxilwe kuzo zakuvumela indlela yokungena kaninzi nokuphuma kaninzi kwizakhono zabaxhamli ezicetywayo kwiindawoezinxulumene nokungena, ezisondeleyo kunye nenqanaba lezakhono eliphezulu. Oku kukwaquka uqeqesho ngelixa usemsebenzini nokuphakamisa izakhono nokunceda ukukhuthaza imveliso yendawo yokusebenza nokubanika ithuba lokuphuhlisa inqanaba labo olkubanako ukusebenza, nokuxhasa ngokungaphaya uphuhliso lwendlela yabo yemfundo kumacandelo afanelekileyo.

Isicwangciso sokumilisela sibandakanya uchongo lwezikolo eziphambili ukuqalisa inkqubo yokufundiswa ngezemfundo ongazifundela, nokuhlola imathiriyeli yokuqonda ngezemfundo ongazifundela ekhoyo ikwaqinisekisa ugxininiso kuqeqesho lomsebenzi iGame Changer yemisebenzi ephambili. Ukhuphiswano loMzantsi Afrika lweZakhono zeHlabathi lunika abafundi isibonelelo sokungena kwicandelo lezakhono zobugcisa ezifunekayo. Ukuba nabafundi beNtshona Koloni bebhencwe kukhuphiswano lwephondo nokubanako ukuthabatha inxaxheba kuKhuphiswano lweZakhono zikaZwelonke nezaMazwe ngaMazwe kufanele kunike isibonelelo esingaphaya kubantu abancinci abangenela amaphulo oqeqesho lomsebenzi.

kuchonga abafundi ezikolweni nakwiikholeji kwiziko ngalinye likarhulumente elifumana iziphumo zeemviwo zezibalo eziphakathi kwama-40% ukuya kuma-50% nokuyakuthi kube sisiseko samaphulo ongenelelo ahanjiswayo. Iinkqubo ezimiselweyo ziyakuthi zihlole amathuba e-elearning kunye neenkqubo ze-elearning

yezibalo efumanekayo nezilungele aba bafundi nokuqalisa amaphulo ongenelelo ngokumanyeneyo phakathi kwamaziko nabaqeshi kwindawo ezithile ukuxhasa abafundi abasemngciphekweni kwindawo nganye ephambili ekukhuleni koqoqosho. Eli phulo lakuthi lilungelelaniswe namangenelelo ezibalo ne-eLearning iGame Changer nayo egxile kwizibalo.

Esi sicwangciso-buchule sinzulu esixananazileyo sobandakanyo lomqeshi esiquka isicwangciso esipheleleyo sonxibelelwano similiselwa ukutsala umqeshi ukuba athathe abafundi abase kwindawo yokusebenza. Oku kuxhaswe ngomsebenzi wenkqubo yokulungela ukusebenza nanjengoko abaqeshi abaninzi bekhalaza ukuba abo banezifundo zezidanga bafika kwindawo yokusebenza bengakulungelanga ukuba kwilizwe lomsebenzi.

Ukuqwalaselwa kwangaPhambili kokufunda okusekelwe kwimodeli yangoku egcina ubungqina obusekelwe kwikiti yezixhobo libali eliyimpumelelo kwiphondo ngoku elinokunqaba kwamagcisa amahlanu orhwebo nandisiweyo ukuquka urhwebo lezokwakha. Oku kuthe kongeza ekwandiseni inkqubo yophuhliso lokucebisa endaweni yokusebenza nethe yandisa umthamo ezindawe ni zokusebenza ukuthatha abasafundela umsebenzi.

Abaqeshi bayabandakanyeka kuphuhliso nakumiliselo loqeqesho lomsebenzi olutsha lwenkqubo ye21 st century (A21) ekhokelwa ngurhulumente kazwelonke. Inkqubo iquka usungulo lwamaziko obungcali kwimisebenzi yezinto ezinqabileyo kwiiKholeji zeTVET kwiliswe lonke. Zonntandathu iiKholeji zoMzantsi Afrika zobungcaphephe zithe zawongwa ngolu hlobo:

- IKholeji yaseKapa – Auto Mechanic & Plumbing
- IKholeji eseMazantsi – Bricklaying
- IKholeji iFalse Bay – Rigger and Mechanical Fitter
- Northlink College – IKholeji yaseNorthlink – Fitter and Tuner
- IKholeji yakuNxweme laseNtshona - Pipefitter
- IKholeji yaseBholandi – Welding

IACG iyakongeza kwinani eNtshona Koloni ziiKholeji zeTVET zenkqubo yeA21 ngezithuba ezithathu ezinokuquka Umfaki wePV, uMlungisi weeBhayisikili kunye neNkqubo yabaLawuli. Iprojekthi enenguqu ikwacwangciselwe ukwandisa uhlolo, uqatshelo okanye ngaphambi kokufunda nophuhliso lokucetyiswa ngoko ke iphakamisa iinkqubo.

**ULawulo lweDatha**

Eyona ndima ibalulekileyo idlalwa liqela leZakhono kwiPhondo lulawulo lolwazi olugciniweyo nokunika ingxelo kumaziko awohlukeneyo ngokwesigunyaziso somthetho. Naliphina iphulo elingundoqo neliyakuthi liqalise kulo nyaka-mali liqulunqe ukuqonda ngemisebenzi eyimfuneko, kwiziko nakummandla kwanokwaleka ngobonelelo lwezi zakhono kubaninezeli ngezi nkonzo jikelele. Kuthenjwa okokuba oku kuyakuthi kuphucule iingqikelelo zohlobo nexesha lezakhono eziyimfuneko nezibonelelwa luqoqosho lwaseNtshona Koloni. Oku kuhlalutya kuyakuqalisa ngentsebenziswano kunye neSebe leZemfundo ePhakamileyo kunye noQeqesho kwanamanye amahlakani kwaye kuyakunceda kwinkqubo yolungelelwaniso lwezakhono.

### 13.4.5 Isikhombisi sendlela ekuqhutywe ngayo neethagethi zonyaka wama-2018/19

| Isikhombisi senkqubo ekuqhutywe ngayo (Isikhombisi sesiPhumo) | | Indlela ephicothiweyo/eyinyani ekuqhutywe ngayo | | | Indlela yokuqhuba eqikelelwayo | Iithagethi zekota ephakathi | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | | 2014/15 | 2015/16 | 2016/17 | 2017/18 | 2018/19 | 2019/20 | 2020/21 |
| **Inkqubo enganeno: Izakhono zePhondo nentsebenziswano ngoBuqabane** | | | | | | | | |
| 1.1 | Inani lwezakhono ezishedyuliweyo ubandakanyeko abaninizabelo, iiforam nemisitho | 16 | 22 | 25 | 24 | 20 | 30 | 30 |
| 1.2 | Inani loQatshelo lokuFunda nokucetyiswa kwabagqatswa abaqeqeshiweyo. | - | - | - | - | 100 | 100 | 100 |
| 1.3 | Inani labantsu abanezakhono ezingephi abaqeqeshwelwe ukulungela iinkqubo | - | - | - | - | 300 | 300 | 300 |

### 13.4.6 Iithagethi zekota yowama-2018/19

| Isikhombisi senkqubo ekuqhutywe ngayo | | Ithuba lengxelo | Iithagethi zonyaka wama-2018/19 | Iithagethi zekota | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | | | | 1st | 2nd | 3rd | 4th |
| **Inkqubo enganeno: Izakhono zePhondo nentsebenziswano ngoBuqabane** | | | | | | | |
| 1.1 | Inani lwezakhono ezishedyuliweyo ubandakanyeko abaninizabelo, iiforam nemisitho | Ngekota | 20 | 5 | 5 | 5 | 5 |
| 1.2 | Inani loQatshelo lokuFunda nokucetyiswa kwabagqatswa abaqeqeshiweyo. | Kabini ngonyaka | 100 | 0 | 50 | 0 | 50 |
| 1.3 | Inani labantu abanezakhono ezingephi abaqeqeshwe kwinkqubo yokulungela ukusebenza | Ngekota | 300 | 75 | 75 | 75 | 75 |

### 13.4.7 Ulawulo loMngcipheko

| **Injongo yesiCwangciso sobuchule: Injongo yesicwangciso sobuchule: Ukuzimanya nokuququzelela ukuzibophelela kwabaqahi ekuthabatheni inxaxheba kuQeqesho lomsebenzi iGame Changer** | |
|---|---|
| **Inkcazo yomngcipheko** | **IziCwangciso zoBuchule Zokuthomalalisa Umngcipheko** |
| Usilelo lothatho-nxaxheba/ukufumaneka kwmahlakani nabentsebenziswano yoluntu kunganesiphumo songenelelo olungalungelelaniswanga. | Ukuqhubela phambili ngolawulo lwemibutho yezakhono evumelana nesicwangciso somanyano, ukuphumeza nokuqwalaselwa kwamaphulo ongenelelo lwezakhono.<br><br>Ukwandiswa kovimba weenkcukacha ezigciniweyo, ukwazi ulawulo kunye nokulanda umkhondo lwabanemfundo enomsila kunye nemithombo yoncedo lwengxowa-mali; kwanokuphucula iindlela zoqhagamshelwano ukufezekisa ukwenziwa kwemisebenzi nokwabelana ngeendlela zobuchule/ bokusebenza ngokufanelekileyo. |

### 13.5. Inkqubo enganeno 7.2: Iinkqubo zeZakhono kunye neeProjekthi

### 13.5.1 Isimo soBume sokuPhumelelisa iNdlela yokuSebenza

Kwamiselwa iindlela zobuchule ezisetyenzswayo ukuvula amasango "endawo yokusebenzela" kwiinkampani kuthathwa abantu abatsha be-TVET abanemfundo enomsila. Oku kuquka iinkuthazo ezinjengokufaka ibango leerhafu zoqeqesho eziqokelelwe kwiZiko leQela laBongameli beZemfundo kunye noQeqesho; Iinkuthazo zeRhafu yoLutsha; ukuphuculwa kwamanani oXhotyiso loQoqosho lwaBamnyama oLusisiseko (BBBEE). Ngaphandle koku, iinkampani ezininzi azi_keleleki kwiinkuthazo ezifanelekileyo zezakhono kwaye azinikanga bonelelo lufanelekileyo lophuhliso lwezakhono lwangaphakathi okanye ukuqesha abafundi abasafundiswa ngobuchule bomsebenzi othile. Ukuhlangabezana nale miceli-mngeni, Idedat iyakuthi ihlole iinkampani ezichongiweyo ukuze kuqondakale ngcono okokuba ingaba yeyiphina imimiselo yomthetho edala imiqobo yokuba iinkampani zingabinako uku_keleleka kuncedo lwengxowa-mali yophuhliso lwezakhono kwanokuxhasa ulutsha. Iziphumo zolu phando ziyakusetyenziswa ukuphuhlisa izicwangciso zokuthatha inyathelo lokunciphisa loo miqobo yomthetho kwanokuququzelela uku_keleleka lula kwinkuthazo yezakhono.

UQeqesho lomsebenzi iGame Changer kunye nesigunyaziso seProjekthi iKhulisa ixhasa uphuhliso lwabantu kwiindawo eziphambili zeTVET ngokwenza ufukelelo nokugqiba iikhosi ezimfutshane kunye/okanye ubungcaphephe obufunwa ngumqeshi. Iinkqubo zeethagethi ezimiliselwe ngamacandelo aphambili eACG nemisebenzi kuquka ukugxila okungundoqo kwizakhono zeICT. Inkxaso eqhubekayo kule ndawo iyakuzifikelelisa ekunikweni izakhono kolo lutsha lungenamisebenzi ludinga uqeqesho oluqinisekiswe yiICT.

KwiMancom yeOyile neGesi, ukuxhaswa kwesakhono kuthatha izinto ezininzi: amangeneleloezakhono ngokuphathelene nokukhutshwa kwedatha, ukuxhaswa ngemali nokunyusa ingxowa-mali yamangenelelo ezakhono nokubandakanyeka kwabaninizabelo ukuqhuba amangenelelo ezakhono namaCandelo afanelekileyo.

### 13.5.2 Injongo yesiCwangciso soBuchule seethagethi zonyaka wama-2018/19

| | |
|---|---|
| **Injongo yesiCwangciso sobuchule** | Ukwandisa inani labantu abanezakhono ezizizo ngokunika ukufikelela kumava ngokwasemsebenzini/ okanye amathuba oqeqesho. |
| **Injongo yeNkcazo** | Kuncitshiswe ukungaphangeli kolutsha nge 5% kwiminyaka emihlanu ezayo ngokwandisa ukufikeleleka kumathuba oqeqesho kunye nengqesho.<br><br>Izakhono ezinqabileyo kunye nezibalulekileyo eziyimfuneko kwindawo yokulungisa iinqanawa, ukroziso lweZolimo luyakusetyenziswa njengesikhokelo soshishino ukuqonda ngoqeqesho olufunekayo okanye ngamathuba okufakwa emsebenzini ukuvumelana nokufikeleleka kumathuna okufumana amava aphathekayo. |
| **Isiseko** | I-1 920 abantu abaqeqeshwe kwiinkqubo zophuhliso lwezakhono liSebe nokuphunyezwe liSebe ngenkqubela phambili yoqoqosho okanye amaziko anomtsalane kwimisebenzi. |
| **Ubulungisa** | UZwelonke namaphondo bafuna abasebenzi abaqeqeshiweyo ukuze kugcinakale ukhulo loqoqosho ngokumanyeneyo. Amashishini afuna izakhono ezithile emazifezekiswe ngongenelelo oluquka iinkqubo zezakhono, Iinkqubo zokufakwa emisebenzini ukufumana amava kwanokubaluleka kwezakhono. Kugxininiswa ekubeni kuqinisekiswa okokuba iindawo zokusebenza ziyakwazi ukubonisa ukushota kwezakhona kwaye kucetyiswe apho kushota khona kwakhona kuboniswe imiqobo evalelayo ekugcineni abantu abanezakhono ezifunekayo, kwanokwenza Iinkqubo zokulungelana nokusebenza ezijolise ekulungiseni ezizakhono zifunekayo. Izakhono ezinqabileyo nezifunekayo kuqoqosho ziyakusetyenziswa njengesibonelo kushishino ukuze kwenziwe uqeqesho oluyimfuneko okanye amathuba okufakwa emsebenzini ukuvumela ukufikelela kumava aphathekayo. Sukela kunqongophalo lwezakhono aqhutywa kukufuneka, injongo yempumelelo loluqeqesho kunye nokufakwa emisebenzini kula maziko kuyenyuka. |
| **Unxulumano** | Unxulumano oluluqilima kwisicwangciso sikazwelonke esinje nge NSDS III, imiganqo-nkqubo yoqoqosho yephondo kunye nobomi bophuhliso lwezakhono zasekhaya. |

### 13.5.3 Injongo yesiCwangciso soBuchule seethagethi zonyaka wama-2018/19

| Isikhombisi seSiphumo | Indlela ephicothiweyo/eyinyani ekuqhutywe ngayo | | | Indlela yokuqhuba eqikelel-wayo | Iithagethi zekota ephakathi | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | 2014/15 | 2015/16 | 2016/17 | 2017/18 | 2018/19 | 2019/20 | 2020/21 |
| **Inkqubo enganeno: Iinkqubo zeZakhono kunye neeProjekthi** | | | | | | | |
| Inani laMachule oBugcisa asele ekulungele | - | - | - | 30 | 30 | 50 | 50 |

### 13.5.4. ICebo lokuMilisela:

IDEDAT iyakubandakanya abaqeshi kuwo omabini amanqanaba elabalawuli nelobugcisa, ukudala naphi na apho kuyimfuneko iiforam ezifanelekileyo ezibalulekileyo ukuba ziqhube ukuziswa kwenkonzo ezifana neeKomiti zoLawulo lweProjekthi iKhulisa kunye namaBhunga eCandelo.

INtshona Koloni njengomqashi uyakuseka umzekelo apho kuyimfuneko kodwa, kulo lonke ihlabathi apho iindawo zokusebenza ezisisiseko sokufundela umsebenzi ezifana noqeqesho lomsebenzi luyimpumelelo, luqhutywa licandelo labucala.

Ukuphucula umzila kubume bokuhlala kubaluleke kakhulu kuyo yonke imimandla yeNtshona Koloni, nangona kunjalo oku kuyimfuno eqhutywayo nexhomekeke ekumetshiseni ubukezo olufanelekileyo kwimimandla eyohlukeneyo. Ubandakano olwandisiweyo nabaninizabelo abafanelekileyo ukwandisa umzila kwidolophu nakumaphandle kwakumiliselwa

Ugxilo olwandileyo lemodeli yoqeqeshelo umsebenzi leA21 ngowama-2018/19 kuyakukhokelela kuqeqesho oluhlanganisa ulwazi, ukwenza kunye neemodyuli zamava omsebenzi. Oku kukhulisa imfuno kwindlela yobandakanyo lwabaqeshi abaninzi kwiProjekthi iKhulisa kunye namacandelo oQeqesho lomsebenzi iGame Changer.

**Uqeqesho lweZakhono**

INkqubo yeZakhono zoBugcisa beICT lakuvumela ngokubanzi ukunikwa kwezakhono kulutsha olungasebenziyo abakwibanga leshumi nabo bakwinqanaba lokuthwala isidanda kwinqanaba lokungena neekhosi zobungcaphephe zeICT ezivumela indlela yabo bakwibanga leshumi nabo bathwele izidanga ukuba bafikelele kwizakhono eziyimfunekokwiindawo eziquka kodwa zinganyini uPhuhliso lweMicrosoft, iJava, uPhuhliso lweOracle Software neCisco ukwandisa ukubanako kwabo ukuqasheka kwicandelo leSoftiwe.

**INkqubo yokuFakwa eMsebenzini**

ISebe leMfundo ePhakamileyo kuZwelonke ligqalise ekuphuculeni iMimiselo yeNkqubo yeSiseko seNdawo yokuSebenzela, ngenjongo yokwenzela lula iiSETAs zibonelele ngoncedo lwengxowa-mali kwisiseko semfundiso yendawo yokusebenzela. Intshayelelo yoMthetho omtsha oMisiweyo weMinikelo ngomhla woku-1 kuTshazimpunnzi wam-2013 nokuthe kwabonakalisa ukugqalisa kukwanda kwee-SETAs kwinkqubo zesiseko sendawoyokusebenzela.

Amathuba okufakwa emsebenzini axhomekeke kwimisebenzi efanelekileyo norhwebo olukhoy. Ukufakwa emsebenzini kungathatha ukuya kuma kwiinyanga ezili-18 ukulugqiba yaye ngamanye amaxesha kuxhaswa ngemivuzwana kubafundi kwiindawo ezahlukeneyo zorhwebo. Ukufakwa emsebenzini kunikezwa ulutsha olungasebenziyo ikakhulu (kodwa ngokungabukuli), kuKroliso leZolimo, kuKhenketho nakwiOyile neGesi kulandelwa ngamacandelo ama-2 (ICT ne BPO) yeProjekthi iKhulisa.

Ushenxo olungundoqo nogxilo lokufakwa lowama-2018/19 luya lusenyuka kwimodeli yeA21, ngokusekelwe kwimedeli yesistim ephindiweyo yamaJamani.

Ukwamkelwa kwemodeli yoQeqesho lomsebenzi nge21st Century (A21 modeli) kuyakufaka i Competency Based Modular Training (CBMT) ngokusesikweni kwanokufakwa emsebenzini (njengemodeli yoMsebenzi neZakhono eyakwamkelwa ngokubanzi kwimisebenzi efunekayo kuqoqosho loMzantsi Afrika. Oku kuthe kwaqatshelwa kwinqanaba lorhulumente kazwelonke ngeSebe leMfundo ePhakamileyo noQeqesho (iDHET nesebe sele ziqalise inkqubo yophuhliso ngama-21st Century yenkqubo yoQeqesho lomsebenzi ngokusebenzisana namaqabane amazwe ngamazwe iJamani, iSwitzerland neAsreia.

Iinzuzo zendlela yeA21 ngokuhamba kwexesha zakukhokelela ekuncipheni kuxinzelelo kurhulumente ukuxhasa imfundo noqeqesho nanjengoko abo baqeqeshelwa umsebenzi befumana umvuzwana ngexa bekuqeqesho lomsebenzi, kukwakho nenqanaba lokuphucuka kubulunga bokufunda nanjengoko uqeqesho lusekelwe kwindawo yokusebenza yokwenyani ngokusekelwe kwiinkqubo zokufunda.

Isistim yemodeli ephindiweyo yeA21 ibandakanya ukufunda okwenzeka phakathi kwekholeji nendawo yokusebenza ngendlela ehlanganisiweyo. Okulandelayo zizinto zoqeqesho lomsebenzi zeA21 kwixabiso:

- Inkqubo eluqilima yengcebiso ngomsebenzi.
- Ukuvunywa kwendawo yokusebenza
- Umsebenzi ohlanganiswe nokufunda okunokufunda ngexa uwenza umsebenzi, kuquka kwindawo yokusebenza
- Ukuya kuvavanyo lorhwebo
- Isivumelwano somfundi somqesho okhokelayo ngaphambi kwendawo yokusebenza ehlanganiswe nokufunda okwenzekayo

Ukulanda umkhondo, ukuqwalasela nokuhlola ukufakwa emsebenzini kungokunje nokushiya kuzakunyuka ngowama-2018/19 ukuqinisekisa ukugcinwa kwexesha eligqityiweyo elenziwe yi-internship nokunika ingxelo kwifuthe. Ugxilo kubafundi bembali yamagcisa akwisitim, ababekwisitim iminyaka emibini nabazakugqiba ufundo lwabo lwamava. NgeNkqubo yoPhuhliso lwaMagcisa, iyunithi izakubanoxanduva lokulawula kangangama-400 abagqatswa abangamagcisa ababekwe kwiinkampani ezahlukeneyo kwimimandla eyahlukeneyo eNtshona Koloni, ukuqinisekisa ukuba abafundi bayagcinwa, banikwe izakhono ngokufanelekileyo, banikwe uqeqesho oludingekayo yaye kuqinisekiswe ukuba abafundi balulungelo uvavanyo lorhwebo.

Isicwangciso sobuchule sentsebenziswano nendlela kaRhulumente eWonke iyakomelezwa phakathi kweenkalo ezahlukeneyo zikarhulumente, nokwanda kokugxila kumasipala neeKholeji zeTVET kunikezo lobulunga bomsebenzi nokunika izakhono eziphambili.

IBPO idale amathuba omsebenzi angama-30 800 eNtshona Koloni ngowama-2016 kumacandelo okuthetha iiNkonzo zezeMali, iTelecom kunye neTelecommunication (IT).

### 13.5.5 Isikhombisi sendlela ekuqhutywe ngayo neethagethi zonyaka wama-2018/19

| Isikhombisi senkqubo ekuqhutywe ngayo (Isikhombisi sesiPhumo) | | Indlela ephicothiweyo/eyinyani ekuqhutywe ngayo | | | Indlela yokuqhu-ba eq-ikelelwayo | Iithagethi zekota ephakathi | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | | 2014/15 | 2015/16 | 2016/17 | 2017/18 | 2018/19 | 2019/20 | 2020/21 |
| **Inkqubo enganeno: Iinkqubo zeZakhono kunye neeProjekthi** | | | | | | | | |
| 1.1 | Inani labantu abanezakhono ezingephi abaqeqeshiweyo | - | 1 938 | 469 | 440 | 96 | 100 | 100 |
| 1.2 | Inani leenkampani ezithabatha inxaxheba ekufakeni emsebenzini | | | | | 1 | 10 | 10 |

- Akukho bafundi batsha bayakufakwa ngowama-2018 ukuya phambili kodwa abafundi abanikwe inkxaso yokufakwa emsebenzini kwiminyaka-mali edlulileyo okanye kumathuba angaphezu kweenyanga ezili-12 bayakugcinwa kunyaka-mali wama-2018/19.

### 13.5.6 Iithagethi zekota yowama-2018/19

| Isikhombisi senkqubo ekuqhutywe ngayo | | Ithuba lengxelo | Iithagethi zonyaka wama-2018/19 | Iithagethi zekota | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | | | | 1st | 2nd | 3rd | 4th |
| **Inkqubo enganeno: Iinkqubo zeZakhono kunye neeProjekthi** | | | | | | | |
| 1.1 | Inani labantu abanezakhono ezingephi abaqeqeshiweyo | Ngonyaka | 96 | 0 | 0 | 96 | 0 |
| 1.2 | Inani leenkampani ezithabatha inxaxheba ekufakeni emsebenzini | Kabini ngonyaka | 1 | 1 | 0 | 0 | 0 |

### 13.5.7. Ulawulo loMngcipheko

| **Injongo yesicwangciso sobuchule: Ukwandisa inani labantu bezakhono ezifanelekileyo ngokubanika ufikelelo kumava omsebenzi kunye/ikanye amathuba oqeqesho.** | |
|---|---|
| **Inkcazo yomngcipheko** | **IziCwangciso zoBuchule Zokuthomalalisa Umngcipheko** |
| Ukunqongophala kwenkxaso nokwamkela kwabaqeshi ukuthatha abangenamsebenzi ngenxa yeengcinga ezibheke ecaleni kubulunga boqeqesho nolunxulunyaniswa neendleko nokunqongophala kokulungela ukusebenza nokuba nefuthe ekuqasheni ulutsha. | IDEDAT iyakubanobuqabane ngqo nabaqeshi ngesivumelwano apho inkampani iyakusebenzisa isivumelwano sayo sokufaka abafundi.<br><br>Iinkampani ezivule iingcango zazo zakusebenzisa indlela yazo yokuqesha yaye inkqubo yazo yokukhetha ukwandisa ukuhambelanisa nokugcina abafundi.<br><br>Kubonelelwe ngamaphulo oqeqesho lwezakhono zokuqesheka;<br><br>Kuququzelewe ukubandakanyeka ikakhulu ekufunxeni imisebenzi noomasipala bengingqi ukwandisa ukuqonda kobulunga, ukufaneleka nemfuno yolutsha lwezakhono zokuphuma neeprojekthi zamava omsebenzi;<br><br>Ukomeleza isicwangciso sobuchule sokubandakanyeka kweeArhentezeCandelo loPhuhliso, iiForam seGame Changer, iManComs zeKhulisa, iiForam zoKhenketho lweHRD, iitsheyimba zeshishini, iWesgro, iCluster yeSETA kunye nothabatho nxaxheba lweForam yeCEO yeFET, neQela lokuSebenza loBugcisa obuNqamlezileyo lweZakhono;<br><br>Injongo kukuqokelela ubukrelekrele bemarike ngoku nakwixa elizayo leemfuno zomsebenzi ngombono wokuququzelela amathuba omsebenzi kwimisebenzi efanelekileyo. |
| Abafundi abaphume phakathi kwinkqubo bandisa umlinganiselo womvuzo ongaphantsi komvuzo nokuhambelana nomfundi kwinkampani enokukhokhelela kwiithagethi ukuba zingahlangatyezwa yaye abasebenzi bathuthele kwiindawo ezineenkqubo ezinamava okusebenza.<br><br>Iindawo zokusebenza ezingavunyelwanga ukuhlangabezana nobungakanani bamagcisa azakufakwa.<br><br>Ukunqongophala kwabantu abanika ingcebiso ukuhambelana nobungakanani bamagcisa afakiweyo kwinkampani nganye.<br><br>Ukunqongophala komiliselo lokugcina izicwangciso zobuchule ngezakhono zokufikelela kuvavanyo lorhwebo. | Ukuqinisekisa inkqubo yegqesho nokhetho olufanelekileyo;<br><br>Ukuqhuba amatyelelo arhoqo kwisiza;<br><br>Ukuqinisekisa inkqubo ekumele ilandelwe;<br><br>Ukusebenza neshishini (inkampani evule ingcango zayo) nabaninizabelo abafanelekileyo, abafaka isandla ekunikeni umvuzo ukwenza oku;<br><br>Ukuqhubeka kusetyenzwa namashishini ukugcina inkqubo yengcebiso nokwazisa abafundi ngophuhliso lwezifundo ukugcina abafundi ngethuba lokufakwa emsebenzini.<br><br>IBhodi yokuJongana namaGcisa kaZwelonke ndawonye neSETA zakunceda ukwehlisa imiqobo ukuphucula iindawo zokusebenza ukufaka amagcisa.<br><br>Ukuqwalasela ukufunda kwangaphambili nokunakekela nokunika uqeqesho lwengcebiso luyakwandiswa ukwandisa ukukhula kwechibi labaniki-ngcebiso kwindawo yokusebenza<br><br>Ukwandisa abaniki ngcebiso ngezakhono ezithambileyo ndawonye nezakhono zobugcisa kwindawo yokusebenza.<br><br>Ukwandisa amatyelelo esiza nokujonga incwadi yomfundi kwizakhono ezizuziweyo nokuthomalalisa imingcipheko ebonwe kwangethuba.<br><br>Ukuququzelela ufikelelo kuqeqesho lweGAP ukulungiselela ngcono uvavanyo lorhwebo.<br><br>Ukuxhasa umrhumo wovavanyo lorhwebo lwabafundi abangamagcisa |

### 13.6 Inkqubo enganeno 7.3: Izibonelelo ngeZakhono

#### 13.6.1 Isimo soBume sokuPhumelelisa iNdlela yokuSebenza

Inkqubo enganeno, ngenxa yeemfuno ezibalulekileyo zokufumana amathuba okufakwa emsebenzini, igxile ekufakweni ingakumbi ulutsha lungagcinwa ukuze luzuze amava omsebenzi. Le nkqubo iyakujonga kwakhona amathuba okusebenzisana apho kufanelekileyo, ukuceda ngofikelelo kwinkxaso ngemali yamaphulo okuphuhlisa izakhono.

#### 13.6.2 Injongo yesiCwangciso sobuchule

| | |
|---|---|
| **Injongo yesiCwangciso sobuchule** | Ukutsala nokufikelela kwizibonelelo zezakhono zamathuba okufakwa emsebenzini namaphulo ezakhono |
| **Injongo yeNkcazo** | Ukuququzelela ulungelelaniso phakathi kwabaninizabelo ukuphucula inkxaso-mali yokufikelela kwizakhono, ubambiswano nolwazi lokwabelana ngezibonelelo zezakhono. |
| **Isiseko** | Ayikasungulwa |
| **Ubulungisa** | Inani labaninizabelo linegalelo ekucetyweni kophuhliso lwezakhono. Nangona kunjalo, iinzame azilungelelaniswanga ngokupheleleyo okukhokelela kwiinzame eziphela esithubeni. |
| **Unxulumano** | Ukuququzelela ulungelelaniso ucwangciso lwabaninizabelo, umiliselo ingakumbi olunxulumene neeBhodi zamacandelo, amalungu azo kunye neeKholeji zeTVET. |

#### 13.6.3 Injongo yesiCwangciso soBuchule seethagethi zonyaka wama-2018/19

| Isikhombisi seSiphumo | Indlela ephicothiweyo/eyinyani ekuqhutywe ngayo | | | Indlela yokuqhuba eqikelelwayo | Iithagethi zekota ephakathi | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | 2014/15 | 2015/16 | 2016/17 | 2017/18 | 2018/19 | 2019/20 | 2020/21 |
| **Inkqubo enganeno: Izibonelelo zeZakhono** | | | | | | | |
| Inani lwamangenelelo ezakhono zobambiswano | 10 | 14 | 3 | 8 | 3 | 4 | 5 |

#### 13.6.4 Icebo lokuPhumeza

**Izibonelelo zeZakhono**

Iyunithi yezibonelelo zezakhono iyakujonga amathuba okulungelelanisa amathuba okuxhasa ngemali nezibonelelo zophuhliso lwezakhono ezinezicwangciso zobuchule eziphambili zeSebe loPhuhliso loQoqosho noKhenketho nezicwangciso zephondo zophuhliso lwezakhono. Le yunithi iyakuphuhlisa Amandla nobuqabane obuyakujolisa ekomelezeni amangenelelo ezakhono ajolisiweyo, iququzelele ingqesho kwiZakhono zeGame Changer ekhethiweyo nakumacandelo oqoqosho lweProjekthi iKhulisa, kananjalo nokwandisa amathuba okuba kwindawo yokusebenza.

Izakhono zikaZwelonke ezizibopheleleyo kwizivumelwano – urhulumente, amashishini aququzelelqeyo, ezomsebenzi kunye noluntu – ukwandisa kakhulu inani loqeqesho lomsebenzi, i-internship neendawo zokusebenza ngokusekelwe kumava ukwenzela abafundi beTVET.

Iyunithi yezibonelelo zezakhono iyakubanefuthe kubathabathi nxaxheba beZakhono zikaZwelonke ngokusebenzisana nabantu ngabodwa; ukuququzelela ubuqabane abunokubakhona nokuya kwiindibano zeesemina neenkomfa eziqiqizelela ukufakwa nokuxhaswa kwamathuba olutsha ukuphucula amathuba abo okufumana umsebenzi.

Izibonelelo zezakhono zakuququzelela unxulumano ukubanemfundo nendawo yokusebenza ukwenzela ukwandisa ukufakwa emsebenzini ngokuxhasa iinzuzo zomqeshi ezizezi:

- Ukwakhiwa koluhlu lwabasebenzi abanezakhono;
- Ukucuthwa kweendleko zolungiselelo lwengqesho;
- Ukuchongwa kweemfuno zoqeqesho zangaphakathi;
- Ukuchongwa nokuncedwa apho kufuneka khona; nokufikelela kwizibonelelo zezakhono

### 13.6.5 Isikhombisi sendlela ekuqhutywe ngayo neethagethi zonyaka wama-2018/19

| Isikhombisi senkqubo ekuqhutywe ngayo (Isikhombisi sesiPhumo) | Indlela ephicothiweyo/eyinyani ekuqhutywe ngayo | | | Indlela yokuqhuba eqikelelwayo | Iithagethi zekota ephakathi | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | 2014/15 | 2015/16 | 2016/17 | 2017/18 | 2018/19 | 2019/20 | 2020/21 |
| **Inkqubo enganeno: Izibonelelo zeZakhono** | | | | | | | |
| Inani lezakhono ezenziweyo nezishedyuliweyo zabaninizabelo ababandakanyekayo kwiforam nakwimisitho | - | - | - | - | 3 | 4 | 4 |

### 13.6.6 Iithagethi zekota yowama-2018/19

| Isikhombisi senkqubo ekuqhutywe ngayo | | Ithuba lengxelo | Iithagethi zonyaka wama-2018/19 | Iithagethi zekota | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | | | | 1st | 2nd | 3rd | 4th |
| **Inkqubo enganeno: Izibonelelo zeZakhono** | | | | | | | |
| 1.1 | Inani lezakhono ezenziweyo nezishedyuliweyo zabaninizabelo ababandakanyekayo kwiforam nakwimisitho | Ngekota | 3 | 1 | 1 | 1 | 0 |

### 13.6.7 Ulawulo loMngcipheko

| Injongo yesiCwangciso sobuchule: Ukutsala nokufikelela kwizibonelelo zezakhono ukwenzela amathuba emisebenzi | |
|---|---|
| **Inkcazo yomngcipheko** | **IziCwangciso zoBuchule Zokuthomalalisa Umngcipheko** |
| Ukunqongophala kobambiswano kumaphulo ezakhono ezigcinekayo namathuba okufakwa emsebenzini. | Ukukhuthaza amangenelelo ophuhliso lwezakhono ezimanyeneyo ezimanyeneyo phakathi kwezinye; iiBhodi zamaCandelo; oomasipala kunye neeTsheyimba zamaShishini. |
| Ukungabinako ukutsala iindawo ezifanelekileyo ukuba zivume ukuhlangabezana namanani ekujoliswe kuwo | Ukukhuthaza amangenelelo ophuhliso lwezakhono ezimanyeneyo phakathi kwezinye iiSETA, ooMasipala; iiSuper Large, kwanamaShishini eSMME kuquka iiTsheyimba zeShishini. Ugxilo olungundoqo iyakuba ngamacandelo eProjekthi iKhulisa afunxa imisebenzi ukungenisa abo banezakhono ezingephi norhwebo. |

### 13.7. Ukuhlanganiswa kweethagethi zendlela ekuqhutywe ngayo noHlahlo-mali kunye neMTEF

### 13.7.1 Uqikelelo lweNkcitho-mali

| Inkqubo enganeno | Ephicothiweyo | | | Ulwabiwo olungundoqo | Ulwabiwo olulungelelanisiweyo | Uqikelelo oluqwalaselweyo kwakhona | Inkcitho-mali yekota ephakathi | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| **R'000** | **2014/15** | **2015/16** | **2016/17** | **2017/18** | **2017/18** | **2017/18** | **2018/19** | **2019/20** | **2020/21** |
| 1. Izakhono zePhondo neNtsebenziswano | 5 637 | 6 655 | 10 596 | 19 217 | 18 579 | 18 571 | 36 657 | 32 258 | 34 130 |
| 2. Inkqubo zeZakhono kunye neeProjekthi | 36 090 | 45 533 | 42 085 | 41 186 | 40 191 | 40 197 | 29 997 | 30 588 | 32 341 |
| 3. Izibonelelo zeZakhono | 1 288 | 356 | 1 841 | 2 833 | 1 775 | 1 777 | 2 327 | 2 490 | 2 664 |
| **Itotali yentlawulo** | **43 015** | **52 544** | **54 522** | **63 236** | **60 545** | **60 545** | **68 981** | **65 336** | **69 135** |
| **Uhlelo loqoqosho R'000** | | | | | | | | | |
| **Iintlawulo zangoku** | **25 454** | **39 891** | **43 489** | **40 244** | **48 067** | **48 058** | **57 481** | **55 331** | **56 492** |
| Imbuyekezo yabasebenzi | 8 363 | 9 744 | 11 004 | 15 050 | 14 093 | 14 093 | 16 112 | 10 675 | 11 489 |
| Iimpahla neenkonzo | 17 091 | 30 147 | 32 485 | 25 194 | 33 974 | 33 965 | 41 369 | 42 656 | 45 003 |
| Inzala nerhafu yomhlaba | | | | | | | | | |
| **Utshintshiselwano neenkxaso** | **17 483** | **12 592** | **10 524** | **22 843** | **10 959** | **10 959** | **11 000** | **11 477** | **12 086** |
| Amaphondo noomasipala | | | | | | | | | |
| Iarhente neeakhawunti zeSebe | | | | | | | | | |
| Iidyunivesithi neeteknikhoni | | | | | | | | | |
| Oorhulumente bangaphandle nemibutho yamazwe ngamazwe | | | | | | | | | |
| Amashishini karhulumente namashishini abucala | | | | | | | 3 000 | 3 168 | 3 342 |
| Amazikho angenzi ngeniso | 7 871 | 1 815 | 3 541 | 3 900 | | | | | |
| Ezamakhaya | 8 152 | 10 777 | 6 983 | 18 943 | 10 959 | 10 959 | 8 000 | 8 309 | 8 744 |
| **Utshintshiselwano kunye neenkxaso** | | | | | | | | | |
| Iakhawunti zikaRhulumente zoRhwebo lweMoto | | | | | | | | | |
| **Iintlawulo zeeasethi eziphambili** | **72** | **61** | **506** | **149** | **1 505** | **1 514** | **500** | **528** | **557** |
| Izakhiwo kunye nezinye izakhiwo ezimiselweyo | | | | | | | | | |
| Iimatshini nezixhobo | 72 | 57 | 504 | 149 | 5 | 14 | | | |
| Iiasethi zamafa | | | | | | | | | |
| Iiasethi zeengcali zomkhosi | | | | | | | | | |
| Iiasethi zezebhayoloji | | | | | | | | | |
| Iiasethi zomhlaba nezomhlaba ongaphantsi | | | | | | | | | |
| Isoftiwe nezinya iiasethi ezingabambekiyo | 3 | 4 | 2 | | 1 500 | 1 500 | 500 | 528 | 557 |
| **Iintlawulo zeeasethi zezemali** | **3** | | **3** | | **14** | **14** | | | |
| **Itotali yohlelo lwezoqoqosho** | **43 015** | **52 544** | **54 522** | **63 236** | **60 545** | **60 545** | **68 981** | **65 336** | **69 135** |

### 14. Unxulumano namaziko akhoyo exesha elide nezicwangciso eziphambili

Azisebenzi

### 15. Izibonelelo ezinemiqathango

Azisebenzi

### 16. Amashishini kaRhulumente

#### 16.1 INkampani yeLayisenisi yeIDZ yaseSaldanah Bay (SBIDZ LiCo) (INKQUBO EFANELEKILEYO KUBAPHATHI UKUBA BAYIHLOLE)

Isigunyaziso sowiso-mithetho sikaWesgro (iqumrhu likarhulumente kuludwe lwenkqubo 3) njengokuba silungiselelwe nguMthetho ka-1996 (Umthetho 3 ka-1996) weArhente yokuKhuthaza uRhwebo noTyalo-mali eNtshona Koloni (njengokuba ulungisiwe) uquka:

- Ukunikeza ukhenketho, urhwebo noncedo lwentengiso yotyalo-mali nobungcaphephe necebo elinobuchule, ulwazi nesikhokelo kulo naliphina ishishini, inkampani okanye unxulumano lwabantu ocela kwiArhente okanye onganceda iArhente ukuzuza iinjongo zalo.
- Ukusebenza njengearhente yenkuthazo yokhenketho, yorhwebo notyalo-mali endaweni yePhondo nokuququzelela ulungelelaniso lwemisebenzi yentengiso yendawo yokufikela eNtshona Koloni.
- kuphuhlisa, ukumilisela nokukhuthaza ukhenketho lwephondo, urhwebo nesicwangciso sobuchule sentengiso nokumilisela nayiphina iprojekthi ebonisa ukuhluna kuqoqosho lweNtshona Koloni.

Ukuhlola amashishini karhulumente nokusebenza kwawo:

- Ukumelwa kweBhodi njengeLungu le-EX-Officio
- Ingxelo yendlela yokwenza enenkcukacha efunyenwe kwaWesgro rhoqo ngekota
- Imali yenkxaso etshintshiselweyo ngokusekelwe kuhlolo lweengxelo zekota
- Iintlanganiso ezibanjwa kabini ngonyaka phakathi kweSebe kunye noWesgro ukuxoxa ngendlela ekuqhutywe ngayo nokuqinisekisa ulungelelaniso.

#### 16.2 INkampani yeLayisenisi yeIDZ yaseSaldanah Bay (SBIDZ LiCo)

Isigunyaziso sowiso-mithetho se-SBIDZ LiCo's, njengokuba sinikezelwe kuMthetho oSayilwayo weNkampani yeMaphepha-mvume kwiNdawo yoPhuhliso lwaMashishini Saldanha Bay, kwi-Gazetted 7 Januwari ngowama-2016:

Ukukhuthaza, ukulawula nokuthengisa iSBIDZ; Ukusebenza njengearhente yenkuthazo yokhenketho, yorhwebo notyalo-mali endaweni yePhondo nokuququzelela ukulungelelanisa imisebenzi yentengiso yeendawo zokufikela eNtshona Koloni.

- Ukukhuthaza, ulawulo kunye norhwebo lwe-SBIDZ;
- Ukukhuthaza ukuqhuba ishishini ngokukhululekileyo kummandla we-SBIDZ; kunye
- Ukufumana nokuqeshisa ngomhlaba ngokungalindelekanga kwishishini leNkampani.

Ukuhlolwa kwamashishini karhulumente nendlela aqhuba ngayo:

- ngxelo eneenkcukacha zendlela ekuqhutywe ngayo efunyenwe kwiSBIDZ ngekota;
- Ukuxhasa utshintshiselwano olusekelwe kuhlolo lweengxelo zekota nenkqubela-phambili kwiindawo zomsebenzi ezichaziweyo;
- Ukumelwa kweSebe kwiKomiti yoLawulo lweSBIDZ LiCo (kwiintlanganiso zaqho ngeveki); kunye
- Iintlanganiso ezibanjwa kabini ngonyaka phakathi kweSebe kunye noWesgro ukuxoxa ngendlela ekuqhutywe ngayo nokuqinisekisa ulungelelaniso..
- Nakwiintlanganiso zekota phakathi kweSebe kunte neSBIDZ LiCo ukuxoxa ngendlela ekuqhutywe ngayo ukuqinisekisa ulungelelaniso.

### 17. Intsebenziswano yobuQabane bukaRhulumente nobaBucala

Azisebenzi.

## ISIHLOMELO D: UTSHINTSHO PHAKATHI KWESICWANGCISO SOBUCHULE SOWAMA-2015-2020 - KUNYE NE-APP 18/19

| | Icebo lesiCwangciso zobuchule 2015 - 2020 | APP 2018/19 | Amagqabantshintshi eNkqubo |
|---|---|---|---|
| **Inkqubo 1 Ulawulodmini** | | | |
| **Inkqubo enganeno 1.2: ULawulo lezeziMali** | | | |
| **Injongo yesiCwangciso sobuchule** | Ukuzuza nokugcina inqanaba eliphezulu lolawulo lwezezimali. | Ukuzuza ulawulo lwezezimalo oluphezulu kakhulu nokwandisa ukuhanjiswa kwenkonzo ngokugqwesileyo. | Utshintsho kwinjongo yesicwangciso sobuchule sibonise imfuno yoLawulo lwezeziMali ukubonisa ukomelela kwindima yalo ukuze kubekwe iinkqubo eziphuculiweyo zexabiao lemali elizakucutha ukuphindaphindeka kwenkcitho, kwanokwenza uhanjiso lweenkonzo lube kakuhle. |
| **Injongo yeNkcazo** | Uchongo kunye nomiliselo lwamangenelelo esicwangciso sobuchule ukunceda iSebe ligcine inqanaba eliphezulu lolawulo lwemali ngeenjongo ezisebenzayo zesicwangciso sezixhobo zeSebe kulawulo lwemali nokugcina uluvo lophicotho olungafanelekanga. | Nanye | N/A |

| | Icebo lesiCwangciso zobuchule 2015 - 2020 | APP 2018/19 | Amagqabantshintshi eNkqubo |
|---|---|---|---|
| **Inkqubo 2 Uphuhliso loQoqosho oluHlanganisiweyo** | | | |
| **Inkqubo enganeno 2.4: Imiqobo** | | | |
| **Injongo yesiCwangciso sobuchule** | Ukuphucula ubume bemeko yamashishini engingqi ngokuphucula iinkonzo ezijongene nephondo nozwelonke eziya kubanegalelo ekongeni iindleko okanye inzuzo (kurhulumente namashishini) ngesi-1bn ngowama-2019 kuqoqosho lommandla. | Ukuphucula ubume bemeko yamashishini engingqi ngokuphucula iinkonzo ezijongene nephondo nozwelonke eziya kubanegalelo ekongeni iindleko okanye inzuzo (kurhulumente namashishini) ngesi-1bn ngowama-2019 kuqoqosho lommandla. | Injongo yesicwangciso sobuchule seAPP sithe salungiswa ukuze siveze ubunyaniso bokuba umsebenzi weyunithi uphumela nkalo zonke zikarhulumente. Ireferensi "kuqoqosho lommandla" lwatshintshelwa "kuqoqosho lwephondo" ukususa nakuphi ukungazinzi ngobume bamangenelelo. |
| **Injongo yeNkcazo** | Ukuququzelela impuculo yeenko okungenani ezingama-26 ezijongene nezoshishino kurhulumente wephondo kunye/ okanye nokazwelonke ngokweenkqubo, uwiso-mthetho okanye ukulungela owama-2020. | Ukuququzelela impuculo yeenko okungenani ezingama-26 ezijongene nezoshishino kurhulumente wephondo kunye/ okanye nokazwelonke ngokweenkqubo, uwiso-mthetho okanye umgaqo-nkqubo, iinkqubo kunye/ okanye unxibelelwano ukulungela owama-2020. | Injongo yesicwangciso sobuchule sithe salungiswa ukuze siveze ubunyaniso bokuba umsebenzi weyunithi uphumela nkalo zonke zikarhulumente. |

| | Icebo lesiCwangciso zobuchule 2015 - 2020 | APP 2018/19 | Amagqabantshintshi eNkqubo |
|---|---|---|---|
| **Inkqubo 7 Ukuphuhliswa kweZakhono neNguqu** | | | |
| **Inkqubo enganeno 7.1: Izakhono zePhondo kunye neNtsebenziswano ngobuQabane** | | | |
| **Injongo yesiCwangciso sobuchule** | Ukwandisa inani leendawo ezizizo ezilungele abafundi beTVET (Ngokunikwa liZiko) | Isusiwe | Ulungelelaniso loQeqesho lomsebenzi iGame Changer. |
| **Injongo yeNkcazo** | Ama-80% abafundi abaqeqeshelwa umsebenzi bafumana isishwankathelo sohlolo olululo kwisistim yeTVET. | Isusiwe | Ulungelelaniso loQeqesho lomsebenzi iGame Changer. |
| **Injongo yesiCwangciso sobuchule** | Ukulungelanisa ngokungcono iinkqubo zoqeqesho zikarhulumente zabagqatswa bangaphakathi nabangaphandle kuzo zonke iinkqubo zesene kunye nesebe. | Ukuzimanya nokuququzelela ukuzibophelela komqeshi ukuba athabathe inxaxheba kuQeqesho lomsebenzi iGame Changer. | Ulungelelaniso loQeqesho lomsebenzi iGame Changer. |
| **Inkcazo yesiCwangciso sobuchule** | Injongo kukuphucula ulungelelwano lweenkqubo zoqeqesho zikarhulumente kwabagqatswa bangaphakathi nabangaphandle kuzo zonke iinkqubo zesebe ukwenzela isebe landise umyinge wokuthathwa kwabasafunda umsebenzi kurhulumente nakumashishini nge-10% ngoMatshi 2020. | Ukwandisa inani labaqeshi abanokuthatha abantu abancinci kwiindawo zabo zokusebenza ngenkqubo yokubafundisa umsebenzi ilearnership okanye i-internship kwiindawo ezifunekayo ngamacadelo aphambili eNtshona Koloni. | Ulungelelaniso loQeqesho lomsebenzi iGame Changer. |

| **Inkqubo enganeno 7.3: Izibonelelo zeZakhono** | | | |
|---|---|---|---|
| **Injongo yesiCwangciso sobuchule** | Ukutsala nokufikelela kwizibonelelo zezakhono ukwenzela amathuba okufakwa emsebenzini kunye namaphulo ezakhono. | Nanye | N/A |
| **Injongo yeNkcazo** | Ukwandisa inkxaso ngemali yezibonelelo ukwenzela amathuba okufakwa emsebenzini ndawonye namaphulo ezakhono awongezelelweyo ukwenzela ukudala imisebenzi ngama-R30 million kwiMTEF (I-R10 million ku-17/18 nama-R20 million ke-18/19). | Ukuququzelela ulungelwano phakathi kwabaninizabelo ukuphucula ukuxhaswa ngemali kokufikelelwa kwizakhono, kubambiswano nokwabelana ngezibonelelo zezakhono. | Ulungelelaniso loQeqesho lomsebenzi iGame Changer. |

